

Wes-Kaap Onderwysdepartement
Western Cape Education Department
ISebe leMfundo leNtshona Koloni

Jaarverslag Annual Report INgxelo yoNyaka

2009/10

©2010 Western Cape Education Department



PR Number: PR187/2009
ISBN Number: 978-0-621-38819-0

Ukuba ufuna iikopi ezongezelweyo zolu xwebhu,
nceda uqhagamshelane kunye:
NeNtloko: kwezeMfundo, Private Bag X9114,
Cape Town, 8000
Umnxeba: 021 467 2531
Ifekisi: 021 461 3694
i-e-Mail: media1@pgwc.gov.za

ISebe leMfundo leNtshona Koloni

INgxelo yoNyaka: 2009/2010

Iziqulatho		Amaphepha
INgcaciso Ngokubanzi	Isiqendu 1	1-2
INdlela ekuqhutywe ngayo	Isiqendu 2	1-121
INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi	Isiqendu 3	1-3
liNgxelo zeMali zoNyaka	Isiqendu 4	1-61
ULawulo lwaBasebenzi	Isiqendu 5	1-25

Imbulambethe

Le Ngxelo yoNyaka inik a irekhodi ebanzi yo msebenzi weSebe leMfundo leNtshona Koloni (*Western Cape Education Department (WCED)*) kunyaka-mali ka-2009/10.

Eyona nto ephambili ekujoliswe kuyo kulo nyaka ibe kukungqinelanisa ibhajethi yokuqala karhulumente nesicwangciso sentsebenz o sethu kunye neeprayorithi ezibalulekileyo zolawulo lwethu, apho sibek a amalungelo omfundi ekuqaleni kunye nokuphucula iziphumo zemfundo.

Siye sagxininisa kakhulu kwiziseko z okufunda (*foundations for learning*), ngakumbi ukuphucula amaqanaba olwazi lokufunda nokubhala kunye nolwazi lokubala kumabakala asezantsi. Ukwenza oku, kuye kwafuneka sise ezona zibonelelo zikhulu kwabo bakwiminyaka emit hatu yokuqala ukufunda, kwaye siye sazibophelela ekwenzeni uvavanyo olumiselweyo (*formal testing*) kumaBakala 3, 6 no-9 kwakunye nokunika inkxaso ngak umbi kumagumbi okufundisela, uqeqesho lootits hala neencwadi zokufunda nokufundisa ezongezelelweyo.

Ukuze sikwazi ukudala igumbi lokufundisela elizele zizinto zokufunda, siye sabela iincwadi zokufunda i-R101 yezigidi zeerandi ngaphezulu, ukongeza kwis abelo s onyaka sebhajethi yethu. I-R15 yezigidi zeerandi ez ifunyenwe k umaphulo ok uqoqosha imali nasekongeni imali kulo nyaka uphelileyo o ngokunciphisa inkcitho yokuthsafaza ngemali, enjengodidi lwabezoshishino kumatikiti eenqwelo-moya.

Sizimisele kwakhona uk uqinisekisa ukuba banin zi k angangoko abafundi be Bakala 12 abaphumelela iimviwo zabo ngo-2010 yaye ke ngoko siqalise uthotho lwamaphulo am atsha kulo nyaka, anjengokuthagetha isikolo ngasinye (sinezicwangciso ezibanzi zezikolo ezifuna inkxaso yethu), inkxaso ebanzi kakhulu kwezolawulo eyenziwa zii-ofisi zezithili zemfundo zethu, inkxaso enikwa izifundo ezithile kwizikolo ezinembali yok upasa ngam aqanaba asezantsi (*low pass rates*), ukuqaliswa kwephulo lokwazisa nokukhuthaza uluntu elithi “ *Own your future. Own your success. Study hard to pass your matric*”, iprogram yokuxhasa ukufundisa (*tutoring programme*) yezikolo ezipaselwa kakubi, ukuzincedisa kwezo ndawo zesilabhas i zinzima, iprogram yokuxhasa nok unika ingc ebiso (*mentoring programme*) iinqununu nokusiwa ezikol weni kwenc wadana ethi “ *Tips for success*” enik we umfundi ngamnye okwiBakala 12 kweli phondo.

Kodwa ke, nangona uk uphucula iziphumo zabafundi bekuyey ona nto sijolise kuyo, kukwafuneka siphucule inkqubo yemfundo iphela. Ngako oko ke, k ulo nyaka uphelileyo siye kwakhona saqwalasela ngakumbi ezinye iprayorithi ezibalulekileyo, ez injengokwazi ngak umbi ukuphendula ngezinto eziluxanduva lwakho (*greater accountability*) kwakule nkqubo y emfundo nokuqinisekisa uk uba iSebe iWCED liya lisiba bhelele mpela ekwenzeni umsebenzi walo, ekubeni nenkathalo ngakumbi nasekubeni liziko elinika inkxaso bonke abantu balo. Sikwenzile ok u ngokuthi, phakathi kwezinye iz into, siqulunqe uMthetho oYilwayo oFakela iZ ilungiso kuMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, saza saguzula okungafunekiyo iqela le msebenzi y ezolawulo neesistim (*administrative functions and systems*)

Enye iprayorithi yokwenene ekufuneka sijong ene nayo yimfuno y okusombulula ingxinano ngamandla (*overcrowding*) ezikolweni zethu nok wakha iz akhiwo ezik huselekileyo. Ngako oko ke, k ulo nyaka uphelileyo ndiye ndamis elabalo (*audit*) lweziseko zophuhliso z ezikolo zethu ukwenzela ukuqonda ukuba siz ifuna phi na izakhiwo ez itsha, yaye iz eziphi iz ikolo ezifuna ukulungiswa ok anye amanye amagumbi okufundisela. Siphinde sabhengeza isicwangciso seziseko zophuhliso sethu sale minyaka mithathu izayo nesibandakanya ukwakhiwa kwezikolo ezitsha eziyi-25, ukulungiswa kwezikolo eziyi-20, amanye amagumbi okufundisela amatsha ayi-300, amagumbi okufundisela ayi-150 eBakala R, kwakunye nokubeka amanye amagumbi angoomahambanendlwana (*mobile classrooms*) ezikolweni.

Ezi zezinye z ezinto esiz enze ngempum elelo kulo ny aka. Sele s izimisele kangako ukuba s iqinisekise ukuthi nganye irandi echithwayo kule bhajethi ijolise ekongezeni ixabiso kwimeko eqhubeka eklasini.

Kodwa k e andinak ukugxininisa ngok waneleyo uk uthi eyona mpumelelo eyenzeka ngokwenene kwezemfundo kweli phondo yenzeka mihla le kwizikolo zethu zeli phondo nakwii-ofisi zezithili zemfundo zethu zeli phondo k waye le mpum elelo engak a ikhok elwa ngootitshala bethu abazinik eleyo nangamagosa ethu akwazinikeleyo nawo.

Olu ke luhlobo lomoya wentsebenziswano esinqwenela ubekho kwiphondo liphela. Siza kuqhubeka siye phambili ekufikeleleni kwiinjongo z ethu eziphambili kwaye sikh uthaza abafundi, ootitshala, iinqunu nu, amagosa nabazali ukuba bawugange ngeentliziyo zabo zonk e lo mbono, baze bathi bonk e ngokubambisana bancedisane nathi ekuqinisekise ni ukuba siyawuphucul a umgangatho wemfundo ebonelelwa liPhondo leNtshona Koloni.

Donald Grant
UMphathiswa weMfundo wePhondo
ENtshona Koloni

ICandelo 1 – INgcaciso ngokuBanzi

1. INgcaciso ngokuBanzi

1.1 Ukungeniswa kwengxelo yonyaka kwabasemagunyeni olawulo

Oku ku kungenisa ngo kusesikweni ing xelo yo nyaka ye Sebe leMfun do le Ntshona Ko loni yon yaka ka - 2009/10 kwabasemagunyeni olawulo abachaphazelekayo.

1.2 Intshayelelo yeNtloko yeSebe leMfundo

INgxelo yes iCwangciso sez eMfundo ukuqalela ku nyaka 2010 kuy e k u-2019 sa papashwa n goNovemba 2009. E si si cwangciso si gxininisa ukwandisa k okwazi ukuf ikelela k wimfundo nelungelo labafundi lokufumana imfundo es emgangathweni. Ng akumbi kwithuba eliqalela kunyaka 2010 kuye ku-2019 ap ho kujoliswe khona kusekuphuculeni ukwazi ukufunda, ukubhala nokubala kwabafundi.

Ezona z alathi-nkqubela z iphambili z okujonga inkqubela e yenziwe liS ebe iWC ED ek uboneleleni ngemfundo es emgangathweni z ezi: Uk uphucula ulwazi lok ufunda nokubhala k unye no lwazi l okubala kumaBakala 1 – 6, ukwandisa amanani abo bapasa iBakala 12 kubandakanywa ukwandisa amanani abo bapasa iMatriki ba kwazi ukudlulela kwimfu ndo ep hakamileyo (*passing with matric endorsement*), imathematika nesayensi nokunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi.

Zibe liqela izi nto ez iye zenzeka k ulo ny aka up hononongwayo kwaye ez i zint o zic acisiwe k olu x webhu luphela.

1.3 Ingcaciso enge-Ofisi yoMphathiswa weMfundo wePhondo

Xa k uthathelwa i ngqalelo i meko e ngqongileyo y oLawulo olutsha k weli p hondo i-Ofisi y oMphathiswa weMfundo iye yazi nikela yo na ngokwayo eku phuculeni i njongo ephambili ye Sebe i WCED n akuthotho lwezicwangciso zo kuphumeza imig aqo no ngenelelo ngo ncedo ngokwenene (*practical interventions*). Ezona zinto ziphambili ekujoliswe kuzo ziziseko zophuhliso, uhlanga-hlengiso lweziko (*organizational design*), ukw andisa ixesha eli chithwa ek unikeni kanye i nkxaso ezikolweni, ukw andisa kakhulu ix esha lokufindisa kunye nokwazi ukuphendula ngezenzo eziluxanduva lwakho.

1.4 Ingcaciso yomnqophiso (*Mission statement*)

Injongo y eSebe leMfundo leNtshona K oloni k ukuqinisekisa u kuba bonke a bafundi bafumana u lwazi, izakhono neemfundiso ezisisiseko (*values*) abazifunayo ukwenza oku:

- Ukuphuhlisa iitalente zabo
- Ukuphila ubomi obanelisayo
- Ukwenza igalelo kuphuhliso lwezintlalo nezozoqosho eMzantsi Afrika
- Ukuthatha inxaxheba ngokupheleleyo kubomi nakwintlalo yeli lizwe
- Ukukhuphisana namazwe ngamazwe ehlabathi, kunye
- Nokwakha uluntu olukwaziyo ukulawula ubomi balo ngempumelelo nangesidima.

1.5 Isigunyaziso somthetho

UMgaqo-siseko weRip hablikhi yo Mzantsi Afrika, 1996 (u Mthetho 108 ka -1996), nje ngoko ufakelwe izilungiso

(*Constitution of the Republic of South Africa, 1996 (Act 108 of 1996), as amended*)

UMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (UMthetho 1 ka-1998)

(*Constitution of the Western Cape, 1998 (Act 1 of 1998)*)

UMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), njengoko ufakelwe izilungiso
(South African Schools Act, 1996) (Act 84 of 1996), as amended)

UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke, 1996 (UMthetho 27 ka-1996)
(National Education Policy Act, (NEPA) 1996 (Act 27 of 1996)

UMthetho weMfundo noQeqesho oluQhubekayo, 1998 (otshitshiswe nguMthetho 16 ka-2006)
(Further Education and Training Act, 1998 (repealed by Act 16 of 2006)

UMthetho wo kuQinisekiswa ko Mgangatho we Mfundo n oQeqesho ngokuBanzi, 2001 (UMthetho 58 ka-2001)
(General Further Education and Training Quality Assurance Act, 2001 (Act 58 of 2001)

UMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (UMthetho 76 ka-1998)
(Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)

UMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (UMthetho 12 ka-1997)
(Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)

UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (UMthetho 1 ka-1999), njengoko ufakelwe izilungiso
(Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999), as amended)

UMthetho woLawulo lweMali yooMasipala, 2003 (UMthetho 56 ka-2003)
(Municipal Finance Management Act, 2003 (Act 56 of 2003)

UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso yoNyaka
(Annual Division of Revenue Act)

UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo 103 sika-1994)
(Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994)

UMthetho weGunya eliLawula iZiqinisekiso waseMzantsi Afrika, 1995 (UMthetho 58 ka-1995)
(South African Qualifications Authority Act, 1995 (Act 58 of 1995)

UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (UMthetho 31 ka-2000)
(The South African Council for Educators Act 9 (Act 31 of 2000)

UMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala, 2000 (UMthetho 52 ka-2000)
(Adult Basic Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)

ICANDELO 2: INDLELA EKHUTHUYWE NGAYO KWIIPROGRAM (*PROGRAMME PERFORMANCE*)

1. Iimali ezabiweyo (*Voted Funds*)

Uhlahlo-mali olunguNdoqo	Uhlahlo-mali oluHlenga-hlengisiweyo	Eyona Mali kanye eSetyenzisiweyo	Inkcitho engaphantsi kwaleyo ebindelekile
R10,346,039,000	R10,663,812,000	R10,613,313,000	R50,499,000
UMphathiswa othweswe uxanduva	UMphathiswa wezeMfundo wePhondo		
ISebe eliBambe ezoLawulo	ISebe lezeMfundo		
IGosa elimele ukuphendula ngemicimbi yezemali	INtloko yeSebe, ISebe lezeMfundo laseNtshona-Koloni (iSebe iWCED) (INtsumpa-Jikelele yezeMfundo)		

2. Injongo yoLwabiwo-mali

URhulumente waseNtshona Koloni unenjongo yokuphucula amathuba okuphila abo bonke abantwana bakhe ngokubabonelela **ngemfundo esemgangathweni**. Ngenxa yoku, bonke abantwana baya kuhlala besesikolweni kangangelo thuba linokwenzeka baze bazuze iziphumo ezigqwesileyo.

Ukwenzela ukuba kufikelelwe kule njongo, iSebe iWCED liya kubonelela ngezi nkonzozilandelayo zingundoqo, kwimeko ezingqongene imfundo enyanzelekileyo kumntu wonke, kubandakanywa iBakala R:

- Ukubonelela ngocwangciso lwako konke nolawulo lwenkqubo yemfundo
- Ukubonelela ngenkxaso kumaziko emfundo karhulumenente
- Ukubonelela ngemfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso izikolo ezizimeleyo
- Ukubonelela ngemfundo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente
- Imfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji zeFET zikarhulumente
- Ukubonelela ngemfundo yabadala noqeqesho (*AET*) kumaziko emfundo oluntu
- Ukubonelela ngoPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo (*ECD*) kwiBakala R
- Ukubonelela ngamathuba oqeqesho kootitshala nakwabo bangezotitshala
- Ukunika inkxaso umntwana kwinto yonke ngokwandisa ulwazi ngeHIV/AIDS; ukubonelela ngokutya kubafundi abahluphekileyo nabafunyenwe yindlala ukwenzela ukuba bafunde ngokuyimpumelelo nokukhuthaza ukuba indawo engqongene isikolo ibe yekhuselekileyo
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubabonelela ngenkonzo yeemeko ezingundoqo zengqesho, iiprogram yenkuthazo (*incentives*) neyempilo-qete yabasebenzi

Isishwankathelo seeprogram

Imisebenzi yawo onke amasebe ezemfundo ephondo eMzantsi Afrika icwangcise yaziiprogram ezisibhozo (8) ngolu hlobo lulandelayo:

Iprogram	Iprogram esekelayo
1. Ezolawulo	1.1. I-ofisi yoMphathiswa wezeMfundo (MEC) 1.2. IiNkonzo zeZiko 1.3. ULawulo lwezeMfundo 1.4. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 1.5. ISistim yoLawulo lweNgcaciso yezeMfundo (i-EMIS)
2. Imfundo yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	2.1. Izikolo zikarhulumente eziziiprayimari 2.2. Izikolo zikarhulumente ezizisekondari 2.3. Iinkonzo zokufundisa 2.4. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 2.5. IProgram yoKutyiswa kwaBantwana kaZwelonke (<i>National School Nutrition Programme</i>)

Iprogram	Iprogram esekelayo
3. Inxaso-mali yeZikolo eziZimeleyo	3.1. Isigaba sePrayimari 3.2. Isigaba seSekondari
4. Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente	4.1. Izikolo 4.2. linkonzo zokufundisa 4.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
5. IMfundo noQeqesho oluQhubekayo	5.1. Amaziko karhulumente 5.2. linkonzo zokufundisa 5.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 5.4. Igranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango
6. IMfundo noQeqesho lwaBadala olusisiseko	6.1. Inxaso-mali kumaziko abucala 6.2. linkonzo zokufundisa 6.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
7. UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo	7.1. IBakala R kwisikolo sikarhulumente 7.2. IBakala R kumaziko oluntu 7.3. linkonzo zokufundisa 7.4. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
8. Iinkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo*	8.1. lintlawulo eziya kwiSETA 8.2. Iprojekthi zegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango-HIV/AIDS 8.3. Iimviwo zangaphandle 8.4. Uqeqesho lootitshala 8.5. iKapa Elihlumayo

* Apha kukho umahluko omncinane phakathi kwamaphondo

Isishwankathelo seemeko ezingokwenziwa kweenkonzo ngo-2009/10

Utshintsho lwesebe ngokubanzi nokuqhubekayo (*Macro shifts and trends*):

Kwasekwa urhulumente omtsha kwiNtshona Koloni ngoMeyi 2009. Lo rhulumente uyenze imfundo yayiprayorithi yakhe ephambili.

Uxwebhu lweNgxelo engesiCwangciso sezeMfundo 2010 - 2019 (*Strategic Statement for Education 2010 to 2019*) lwapapashwa ngoNovemba 2009. Esi cwangciso sibethelela ukwandiswa kofikelelo kwezemfundo nelungelo labafundi kwimfundo esemgangathweni. Ngokukodwa, kwithuba elisusela ku-2010 ukuya ku-2019, kuya kugxininiswa ekuphuculeni izakhono zabafundi zokufunda, ukubhala nokubala. Ithuba elisusela ku-2010–2014, kuya kubekwa isiseko sokuphuculwa kwezi zakhono ukwenzela ukuba kwithuba lango-2014-2019, abantwana bephondo bavune iziqhamo kule nkqubo iqulunqwe yaza yalawulwa ukwenzela ukufikelela kwithagethi emiselweyo.

Izalathi ezingundoqo zokulinganisela inkqubela eyenziwe liSebe iWCED ekuboneleleni ngemfundo esemgangathweni zezi zilandelayo:

1. Ukuphucula inqanaba lolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kumaBakala 1-6
2. Ukwandisa amanani abafundi abapasa iBakala 12, kubandakanywa nokwanda kwamanani abo bapasa nge-*matrix endorsement*, kwimathematika nesayensi.
3. Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi

Ezi zalathi zamiselwa ngokweemeko-bume ezingqonge iqela leengxaki zezentlalo nezoqoqosho:

- Uninzi lwabantwana eNtshona Koloni aluqhubi kakuhle kwizifundo ngenxa yexesha elingonelanga elabelwa ukufunda, ukubhala nokubala kumabakala amathathu okuqala esikolweni
- Ulawulo nobunkokheli obuhexayo nobukumgangatho ophantsi kwizikolo ezithile
- Iqondo lokucotha ukuphendulwa nokufumaneka kwenkxaso kwisebe lemfundo
- Ukuba phantsi komoya wootitshala
- Iincwadi zezifundo nezinye izibonelelo zokufunda ezikumgangatho ongafanelekanga
- Izihlava kwezentlalo ezifana nentlupheko nolwaphulo-mthetho nezinyobisi

- Umgangatho ohlayo kwiziseko zophuhliso zezikolo
- Isiqhelo (*legacy*) sokungabinazicwangciso zotyalo-mali kwiindawo ezithile eNtshona Koloni noxinzelelo olubekwa kukungena kwabantu bamanye amazwe eNtshona Koloni

Inkqubo yezemfundo eNtshona Koloni iye yachaphazeleka yimeko yokungaqhubi kakuhle kwezoqoqosho ngo-2009/10. Oku kube negalelo lesixa senkxaso-mali esifumanekayo nokubanako kwabazali ukunika inkxaso abantwana babo ngeefizi zezikolo, ukutya neencwadi zezifundo (*textbooks*).

Imiba yeenguqu kumanani abemi belizwe (*Population dynamics*)

Inani labemi baseNtshona Koloni landile ukususela kubalo-bantu (*census*) lwango- 2001 kwaye liye lisanda ngakumbi. Ngenxa yoku kwanda kwamanani abemi eNtshona Koloni, nayiphi na inkqubo yemfundo noqeqesho kwiphondo iya kuba nengxaki yokukhula kweemfunno ezimandla.

Ithebhile 1 inika amanani ayingqikelelo aphakathi enyakeni (*mid-year Population Estimates*) akwaStatsSA ngo-2008 nango-2009 kubantwana abaminyaka isusela ku-6 ukuya ku-15 nabaneminyaka eyi-16 ukuya kweyi-18. Idatha icacisa ukwanda kwabantu abayi-15 000 eNtshona Koloni, abakubudala beminyaka eyi-6 ukuya kweyi-18 phakathi ko-2008 no-2009.

Inani labafundi abaminyaka iyi-6- ukuya kweyi-15- eNtshona Koloni lande ukusuka ku- 994 084 ngo-2008 ukuya ku-1 006 113 ngo-2009. Ngeli thuba inani labaminyaka iyi-16- ukuya kweyi-18- lande ukusuka ku-286 337 ukuya ku- 289 167. INtshona Koloni ke ngoko ibe malunga nama-15 000 abantwana abongezelelweyo kwiminyaka yabana- 6 ukuya kwabane-18 iminyaka.

Ithebhile 1 Amanani abantu abakwiminyaka eyi-6 – 18 kumaphondo ngo-2008 nango-2009

Amaphondo	Amaqela obudala	2008	2009	Umahluko phakathi ko-2009 & 2008	I-% yokwanda/ yokuncipha xa kuthelekiswa no-2008	Ukuhlelwa ngokwephondo
3 Mpuma Koloni	Abaminyaka iyi-6-15	1 563 395	1 524 235	-39 160	-2.57%	
	16yrs - 18yrs	503 198	503 401	203	0.04%	
		2 066 593	2 027 636	-38 957	-1.92%	9
Freyistatha	Abaminyaka iyi-6-15	595 386	595 083	-303	-0.05%	
	16yrs - 18yrs	181 253	180 010	-1 243	-0.69%	
		776 639	775 093	-1 546	-0.20%	6
Gauteng	Abaminyaka iyi-6-15	1 784 711	1 824 438	39 727	2.18%	
	16yrs - 18yrs	500 239	510 886	10 647	2.08%	
		2 284 950	2 335 324	50 374	2.16%	1
Kwa Zulu Natala	Abaminyaka iyi-6-15	2 401 388	2 389 211	-12 177	-0.51%	
	16yrs - 18yrs	710 042	720 506	10 464	1.45%	
		3 111 430	3 109 717	-1 713	-0.06%	5
Limpopo	Abaminyaka iyi-6-15	1 329 306	1 304 558	-24 748	-1.90%	
	16yrs - 18yrs	405 659	408 167	2 508	0.61%	
		1 734 965	1 712 725	-22 240	-1.30%	8
Mpumalanga	Abaminyaka iyi-6-15	852 032	846 678	-5 354	-0.63%	
	16yrs - 18yrs	248 371	247 849	-522	-0.21%	
		1 100 403	1 094 527	-5 876	-0.54%	7
Mntla Koloni	Abaminyaka iyi-6-15	251 501	252 158	657	0.26%	
	16yrs - 18yrs	69 831	70 072	241	0.34%	
		321 332	322 230	898	0.28%	4
Mntla Ntshona	Abaminyaka iyi-6-15	710 002	712 800	2 798	0.39%	
	16yrs - 18yrs	205 102	205 106	4	0.00%	

Amaphondo	Amaqela obudala	2008	2009	Umahluko phakathi ko-2009 & 2008	I-% yokwanda/ yokuncipha xa kuthelekiswa no-2008	Ukuhlelwa ngokwephondo
		915 104	917 906	2 802	0.31%	3
Ntshona Koloni	Abaminyaka iyi-6-15	994 084	1 006 113	12 029	1.20%	
	16yrs - 18yrs	286 337	289 167	2 830	0.98%	
		1 280 421	1 295 280	14 859	1.15%	2
Itotali	Abaminyaka iyi-6-15	10 481 805	10 454 980	-26 825	-0.26%	
	16yrs - 18yrs	3 110 031	3 135 166	25 135	0.80%	
		13 591 836	13 590 146	-1 690	-0.01%	

Ithebhile 2 inika idatha yamanani obhaliso lwabafundi eNtshona Koloni kwinkqubo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zaseNtshona Koloni ukususela ku-2000 ukuya ku-2009 kwaye ibonisa ukuhla nokunyuka ekukhuleni kwamanani abafundi kumanqanaba onke. Ukwanda kwamanani kwinqanaba leBakala 12 kukukhula okunika ithemba.


Ithebhile 2: Ubhaliso kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela ku-2000 ukuya 2009

Uvimba weDatha: 2000 – 2009: Uphando lweSaveyi yoNyaka (Annual Survey) yeZikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kungabandakanyanga abafundi beyunithi ye-LSEN; StatsSA: Amanani abemi ngo-2008 asekelwe kwiSaveyi yoLuntu yango-2007)

Unyaka	IBkl 1	IBkl 2	IBkl 3	IBkl 4	IBkl 5	IBkl 6	IBkl 7	IBkl 8	IBkl 9	IBkl 10	IBkl 11	IBkl 12	Itotali
2000	64,844	81,865	92,343	91,949	85,766	80,658	75,813	80,026	70,634	63,840	48,934	40,996	877,668
2001	81,790	62,960	81,832	94,302	89,254	83,305	77,778	82,190	71,966	67,034	50,206	39,910	882,527
2002	86,969	77,026	64,134	83,022	93,188	86,786	80,865	75,601	80,450	69,752	51,618	40,468	889,879
2003	86,916	82,454	75,931	66,033	82,383	92,341	84,514	81,154	73,200	81,739	51,746	39,644	898,055
2004	104,105	82,130	81,489	76,781	66,060	82,574	89,614	85,053	78,964	80,756	54,199	39,451	921,176
2005	93,515	94,231	80,695	80,809	74,984	66,141	81,953	88,778	82,169	81,577	56,657	39,303	920,812
2006	87,650	85,972	89,828	80,443	77,811	73,106	65,347	78,926	80,595	83,29	57,536	40,198	900,941
2007	92,818	82,562	83,914	89,973	78,674	78,021	72,733	66,406	80,697	86,495	61,938	42,624	916,855
2008	91,853	83,267	79,454	85,891	87,116	78,290	76,146	71,410	72,914	79,133	63,819	43,470	912,763
2009	93,601	82,158	80,385	83,150	82,382	85,621	76,262	75,227	79,795	68,405	60,812	45,692	913,490

Uvimba weDatha (Source): ISaveyi yeZikolo yaqho ngoNyaka (Annual Schools Survey) (2009)

UMfanekiso 1 ubonisa amanani obhaliso ngebakala kwiminyaka ka-1998 ukuya ku-2009 kwaye kukho ukugcinwa kwamanani abafundi okusemgangathweni kwinkqubo yesikolo bade baye kwiBakala 10. Makujongwane nazo izizathu zokuhla kwamanani kumaBakala 11 no-12.



Uvimba weDatha (Source): Isaveyi yeZikolo yaqho ngonyaka (Annual Schools Survey) (2009)

Esinye sezizathu eziphambili zokuphuma esikolweni ngumgangatho wemfundo yesigaba sesiseko ongemanga ngendlela eyiyo. Ezinye izizathu zokuphuma esikolweni ezichazwe kwi-2009 General Household Survey “kukusebenza”, “ukungabinamali”, “imfundo egqityiweyo”, “ukungabinantsingiselo kwemfundo”, “imisebenzi eluxanduva yosapho”, “ukukhulelwa” “nokungaluphumeleli uviwo”.

5. Isishwankathelo seemeko ezingqonge isebe ngo- 2009/10

ISebe iWCED lineSebe loMphathiswa wezeMfundo wePhondo (Provincial Ministry of Education), undlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili zemfundo ezisibhozo; namaziko emfundo, kuquka izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezineemfundo ezizodwa zemfundo, iikholeji zeFET, amaziko emfundo yabadala namaziko eECD.

NgoMeyi 2009 kwaqeshwa uMphathiswa wezeMfundo omtsha kwaza ngoNovemba 2009 kwaqeshwa iNtloko yeSebe leMfundo. Kwisiqingatha sesibini sika-2009 iSebe iWCED lahlenga-hlengiswa kwakhona ukwandisa inkxaso ezikolweni. Umsebenzi wokunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo wabelwa uNdlunkulu ukwenzela ukuba kuvunyelwe ii-ofisi zezithili zigxininise kuninzi kwezo zikolo zisafuna inkxaso.

Iinjongo zokuhlenga-hlengisa kwakhona kukubonelela

1. ngamagosa anenkathalo, anolwazi nakwaziyo ukusebenza, ukunika inkxaso izikolo, ootitshala nabafundi;
2. ngootitshala abahamba isikolo, abazilungiselele ukufundisa nokusebenzisa iincwadi zezifundo (texts);
3. ngenkxaso-mali eyenzelwe ukwandisa impumelelo ngamandla;
4. ngezikolo ezaneleyo nezikhuselekileyo; kwakunye
5. ngendawo ekhuthaza abathathi-nxaxheba kwimfundo ukuba benze igalelo kwimfundo esemgangathweni: imanyano zootitshala, iSGBs, icandelo labucala, iiNGOs, izikolo zabucala, iiHEIs neekholeji.

Imisebenzi yeSebe iWCED-imihlaba elifikelela kuyo nobungakanani bayo

Abafundi**	953 865
Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	1 456
Izikolo zabafundi bemfundo eneemfuno ezizodwa	74
IiKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo (likholeji zobugcisa)	6 (43 amaziko)
Amaziko oluntu emfundo yabadala	112 (301 amaziko)
Ii-ofisi zesithili zemfundo	8
Ootitshala	31 498
Abasebenzi beNkonzo kaRhulumente (Izithuba zengqesho ezivunyiweyo)	11 677***

**2009: Isaveyi yeZikolo yaqho ngoNyaka (AmaBakala aphambi kweBakala R ukuya kutsho emva kwematriki)

*Amaziko akhoyo (Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, AmaBakala aphambi kweBakala R ukuya kutsho emva kwematriki). (31 Matshi 2010)

*** Inani eliyitotali elingu- 11 677 lezithuba zenkonzo karhulumente libandakanya izithuba eziyi-1 865 ezenzelwa ukphucula izithuba kwikategori engu-*occupational category clerk ukuya ku-SL5*. Ezi zithuba zenziwa ngokwenkqubo ethile phantsi kwe-SCC 1596614. Ezi zithuba zingatshitsiswa kuphela emva kwe- 31 Matshi 2010 kwaye zibandakanyiwe ke ngoko kwitotali epheleleyo.


Ii-ofisi zezithili zemfundo ezisibhozo (8)

zahlulwe zaba ziisekethe ezibonelela ngenkxaso ethe ngqo ezikolweni. Ngo-2009 kwamiselwa imida yezithili ezitsha neesekethe zazo ukwenzela ukungqinelana nemida yoomasipala nokunciphisa iindleko zezehambo. Iikomiti zeesekeke ziiKOMITI ezenza imisebenzi emininzi phantsi kwabaphathi beekomiti zeesekeke kwaye iKOMITI nganye ijongene nenani elincinane lezikolo kunangaphambili.

IKOMITI yesekethe inamacandelo amathathu aphethwe *ngumphathi weKOMITI yesekethe*.

1. *Abacebisi ngezekharityulam*: ISigaba seSiseko "nesiPhakathi/ nesaBadala (*Inter/Sen*)"
2. *Abasebenzi abaziiNgcali zeeNkonzo zeMfundo eneemfuno ezizodwa Epecial Education Services professionals*: isayikholoji, unontlalontle, umcebisi wezibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa
3. *Icandelo loLawulo nokuPhathwa kwamaZiko (Institutional Management and Governance & School Based Management (Schools)*: Umphathi weze-IMG, umcebisi wophuhliso lwezolawulo (*administrative development adviser*)

Education Districts of WCED



Amanani ezikolo ami ngolu hlobo lulandelayo:

Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nabafundi kwisithili semfundo nesekeke nganye										
ISITHILI SEMFUNDO	ISekethe Izikolo Abafundi	1	2	3	4	5	6	7	8	Itotali iyonke
I-CAPE WINELANDS	Izikolo	40	35	33	38	30	30	32	36	274
	Abafundi	24917	25618	21900	12873	14879	22542	9094	9639	141462
I-EDEN & CENTRAL KAROO	Izikolo	33	32	24	32	40	40	28		229
	Abafundi	8786	22184	23213	18642	12670	14357	14068		113920
I-METRO CENTRAL	Izikolo	45	44	36	37	25	25			212
	Abafundi	28508	21252	21907	24741	17976	17461			131845
I-METRO EAST	Izikolo	36	20	19	18	18	25			136
	Abafundi	37977	21825	20637	19633	21177	26407			147656
I-METRO NORTH	Izikolo	27	26	27	26	33	31	30		200
	Abafundi	23550	18420	28836	22866	22936	21683	30466		168757
I-METRO SOUTH	Izikolo	35	33	28	16	17	30	30		189
	Abafundi	26042	20802	18135	12734	18021	31933	27388		155055
I-OVERBERG	Izikolo	29	27	25						81
	Abafundi	10577	17995	10224						38796
I-WEST COAST	Izikolo	27	27	21	26	31				132
	Abafundi	13432	9480	15924	7241	10297				56374
ITOTALI yezikolo		272	244	213	193	194	181	120	36	1453
ITOTALI yabafundi		173789	157576	160776	118730	117956	134383	81016	9639	953865
Makuqatshelwe: <i>Uvimba weDatha (Source): Isaveyi yeZikolo yaqho ngonyaka –Onke amaBakala: IBakala PreGrR ukuya kwiBakala 12 ne-LSEN</i>										
Izikolo ezi-3 ezivaliweyo: <i>Lagunya Finishing School, Ganskraal SSKV Prim, ne Kliphoek SSKV Prim</i>										
Izikolo eziyi-6 izikolo ezivaliweyo: <i>Wallacedene Prim, Bardale Sec, Solomon Qatjana Prim, Gansbaai Academia, Avian Park Prim and Witteklip Prim</i>										
Inani lezikolo ngowe-31 Matshi 2010: 1456										

6. Isishwankathelo sesiCwangciso (*Strategic overview*) nokuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo ephambili kunyaka-mali ka-2009/10

Isishwankathelo sesiCwangciso (*Strategic Statement*) simisela ezi njongo ziphambili zintathu zeSebe iWCED:

1. Ukuphucula ukuqhuba kwabafundi kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kumaBakala 1-6
2. Ukwandisa amanani abapasa iBakala 12, kubandakanywa ukwanda kwamanani abo bapasa nge-*matric exemption*, imathematika nesayensi.
3. Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi

Ukwenzela ukuba kufikelele kwezi njongo iSebe iWCED lizimisele ukwenza oku kulandelayo:

1. Ukuqinisekisa ukuba iziphumo zokufunda zolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala ziyaphucuka ngokuthi kusiwe ezona zibonelelo zininzi (ezingabantu nezemali) kwiminyaka emithathu yokuqala yokuhamba isikolo. Oku kuya kuhlenganiswa novavanyo olufanayo nolunyanzelekileyo lwabafundi bamaBakala 1 ukuya ku-6 ukususela ku-2010. Kuya kumiselwa iimpawu neethagethi (*benchmarks and targets*) zemilinganiselo kwisikolo ngasinye.
2. Ukuqinisekisa ulawulo olugqwesileyo lwezikolo ezinamagosa, iinqununu nootitshala abafanele ukuphendula ngendima yabo yokuphucula ukuqhuba kwabafundi kwisikolo ngasinye
3. Ukuphucula ukubanako ukuphendula nobuchule (*responsiveness and efficiency*) kwiSebe iWCED ngokugxininisa ekuphuculeni iinkqubo nesistim zemcimbi yesebe
4. Ukunciphisa umthwalo womsebenzi wolawulo kootitshala ukuze kubonelele ngexesha lokufundisa elongeziweyo. Ootitshala baya kubonelelwa ngeencwadi zezifundo (*texts*) ngexesha elifanelekileyo nangamathuba oqeqesho lophuhliso oluqhebekekayo kwimfundo yabo. Amagosa aya kunika inkxaso kwezolawulo nakwizifundo kootitshala nezikolo xa kukho imfuno yoko.

5. Ukuqinisekisa ukuba ikhosi nganye ineencwadi zezifundo (*text-rich*) neencwadi zokufunda ukususela kwiklasi kumaBakala 1-6 neencwadi zezifundo kwisifundo ngasinye kumaBakala 4 ukuya ku-12, nokusetyenziswa kwethekhnoloji ukufundisa ikharithyulam esemgangathweni eklasini.
6. Ukubonelela ngokutya nangamanyathelo angamanye okuphelisa intlupheko nawokhuseleko ukujongana neemfuno zabafundi abaqhuba kakubi.
7. Ukuqulunqa uluhlu lweeprayorithi ukulungiselela ukulondolozwa kweziseko zophuhliso nokusebenzisa ezona ndlela zonga iindleko neziyimpumelelo zokulondoloza izikolo.
8. Ukusa izibonelelo ezingabasebenzi neziyimali kwezo zithili zemfundo nakwezo zikolo zingaphuhlanga ngokufanelekileyo ngokwezemali.
9. Ukucwangcisa ukungena kwabantu eNtshona Koloni kuze kusetyenziswe izinto eziqhubekayo kwezophando (*research trends*) ukuqinisekisa ukuba izikolo nootitshala bayafumaneka ukubonela ngemfundo esemgangathweni kubantwana abangena kwiphondo.
10. Ukubonelela ngoqeqesho lolawulo ekujoliswe kulo nangenkxaso ngaphakathi ezikolweni kuwo onke amalungu olawulo esikolo neSGBs.

Iindlela ezintsha nezingundoqo ezilungele ukusetyenziswa kunyaka ochaphazelekayo zibandakanya oku kulandelayo:

1. Izibonelelo (ezingabasebenzi, iincwadi iiteksti nezemali) zijoliswe ngakumbi ekuphuculeni inkxaso yezikolo ngokucacileyo nangokuphandle: Amanyathelo athathiweyo abandakanya ukuhlenga-hlengiswa kwezithuba zengqesho (umzekelo iimvumelwano ezingahlaziywanga nabasebenzi abasekondiwewayo ababuyela ezikolweni, izithuba zengqesho ezipapashwayo nezithuba ezongezelelweyo zibonelelwa ezikolweni ezinemfuno yoko).
2. Ukuveliswa nokwandiswa kwesiCwangciso seZiseko zoPhuhliso (*Infrastructure Plan*) esiyiprayorithi esonga iindleko, nesiza nezinto ezintsha ukwenzela ukuba kujongwane nemiba esileleyo nokukhula kwamanani abafundi.
3. Isigqibo sokuba amagosa aya kuqhuba iikhosi e*Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)* kungabi ngababoneleli-nkonzo.
4. Izithuba zengqesho zakwaNdlunkulu (ukususela kwinqanaba le*SMS* ukuya kuwo onke amanqanaba ezithuba zengqesho) ezingazaliswanga kusaphononongwa imfuno yazo zonke izithuba nezitraktsha). Intsingiselo yoku kukuba amagosa enza imisebenzi emininzi ukwenzela ukuba kongiwe iimali engaphezulu ukuze isetyenziswe ekunikeni inkxaso ngqo ezikolweni. Okunxulumene noku ibe kukutshintsha kwimisebenzi eyenziwayo ukwenzela ukuba uNdlunkulu athwale uxanduva lokunika inkxaso iZikolo ezizimeleyo, ukuze ke ngoko kubekho umtyhi kwizithili zemfundo.
5. Ukutshintshwa kwenkqubo kwinto yonke ngokumalunga nokufikelela kwiinjongo zokuphucula iindlela abaqhuba ngayo abafundi ezikolweni. Oku kubandakanya ukusekwa kwezitraktsha ezinokuphendula ukuqinisekisa ukuba zonke iithagethi zezemfundo (*academic targets*) ezimiselwe zizikolo zezi zinako ukwenziwa ngamagosa eSebe eWCED kuwo onke amanqanaba.
6. Unxibelelwano oluphuculweyo nolungiselelwe iimeko ezithile nezikolo – umzekelo ukwaziswa kwasekuqaleni ngemisebenzi yekhalenda yaqho ngonyaka (*annual calendar*.)
7. Isigqibo sokuba kubekho iilisti zezithuba zengqesho ezintlanu enyakeni xa kuthelekiswa nezimbini zangaphambili ukuqinisekisa ukubanako ukuphendula okukhulu kwiimfuno zabasebenzi (*greater responsiveness to human resource requirements*.)
8. Kusetyenziswe iinkqubo zokunciphisa ukuphazamiseka kwexesha lokufundisa. Ezi nkqubo zibandakanya izikhumbuzi ezithunyelwa qho kwiinqununu (*on-going reminders*) nakootitshala zokuba kufanele kungabikho luphazamiseko kwiprogram yokufundisa ngamagosa ahambelelo, iiNGOs neminye imisebenzi yesikolo. Zonke iintlanganiso nootitshala zaqala ngo-15:00, emva kosuku lwesikolo oluqhelekileyo. Iintlanganiso neenqununu nootitshala zancitshiswa kakhulu ngokwamanani; ingcaciso enako ukuthunyelwa ngekhompyutha yathunyelwa ngeli jelo lekhompyutha. ISebe iWCED laphumeza imigaqo ecacisa ukuba isikolo masenze isicelo kumlawuli wesithili phambi kokuba abafundi baye kuhambo olumalunga nezifundo (*excursion*). ISebe iWCED lanika izikolo imihla ekunokuqalwa ngayo iimviwo zangaphakathi (ngoJuni nangoNovemba), kwakunye nelona xesha lisekuqaleni lokuphela kweemviwo. Kwaqhutywa iikhosi zophuhliso lootitshala kuLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala ngeeholide zesikolo.

Okuqhubekayo malunga nemigaqo-nkqubo ephambili (Key Policy Developments):

UMthetho oYilwayo weMithetho yeMfundo esiSiseko, 2009 (Basic Education Laws Amendment Bill, 2009): ISebe leMfundo kuZwelonke lapapasha lo Mthetho uYilwayo ukwenzela iikhomenti, nge-9 Disemba 2009 kwiGazethi kaRhulumente No. 32790. Injongo yalo Mthetho uYilwayo, phakathi kwezinye izinto: kukubonelela ngokwenziwa kwamasebe emfundo amabini kazwelonke nemibandela enxulumene noko, ukuze ngokwenza oko kufakelwe izilungiso kuMthetho iNational Education Policy Act (NEPA) noMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (South African Schools Act (SASA); ukufakela izilungiso kwingcaciso-magama angala: “umzali” ne“malimboleko”; ukulungiselela iindidi ezahlukileyo zezikolo ezineemfuno ezizodwa; ukongezwa kwimisebenzi yeenqununu zezikolo; kunye nokuqeqeshwa kwamabhunga olawulo yimibutho eyaziwayo yamabhunga olawulo (*recognised governing body association*).

UMthetho oYilwayo oFakela iZilungiso kuMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 2010 (Western Cape Provincial School Education Amendment Bill, 2010), wapapashwa ukwenzela ukuba uluntu lwenze iikhomenti, kwi-Provincial Gazette Extraordinary, No. 6705, nge-5 Matshi 2010, kunye neekhomenti zoluntu (*public comments*) ezilindeleke phambi okanye ngowe-16 Apreli 2010. UMthetho oYilwayo, phakathi kwezinye izinto, ujolise ekubeni ungqinelanise uMthetho i-Western Cape Provincial Schools Act, 12 ka-1997, noMthetho weZikolo woMzantsi Afrika, 1996 (UMthetho 84 ka-1996) (*South African Schools Act, 84 of 1996*) othe wafakelwa izilungiso amaxesha asibhozo (8) kwangelo thuba linye; ukwandisa amagunya okwenza imigaqo-nkqubo yezemfundo oMphathiswa weMfundo wePhondo namagunya okuqulunqa imithetho eNtloko yeSebe; ukwenza amalungiselelo okuhlolwa kwezikolo; ukulawula ngokutsha ukusekwa nemisebenzi yebhunga lezemfundo lephondo; ukubonelela umahluko ophakathi kwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zabafundi abanezithintelo ekufundeni nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezinokubonelela ngemfundo ejolise kwiimfuno ezithile; ukugunyazisa uMphathiswa wePhondo ukuba amisele imimiselo nemigangatho malunga neziseko zophuhliso ezingundoqo nokwazi ukusebenza (*capacity*) kwabasebenzi kwizikolo zikarhulumente; ukuthintela izinto eziyingozi, iziyobisi ezingekho mthethweni notywala obunxiliso kumasango esikolo; ukuthintela iintshukumo zezopolitiko (*political activities*) esikolweni nangethuba lesikolo; ukuthintela ukuhlawulwa kwemivuzo engagunyaziswanga kubaqeshwa abathile; ukubonelela ngokuba ootitshala abathile baya kuthathwa njengabakhutshiweyo enkonzweni kwiimeko ezithile, nokunciphisa ithuba lokufakwa kwezikalazo ezithile. Sele zifunyenwe iikhomenti ezingalo Mthetho oYilwayo yaye sele kwenziwe neengxoxo zothetha-thethwano nabachaphazelekayo (*stakeholders*).

7. Iimali ezifunyenwe liSebe

Iimali ezifunyenweyo (*receipts*) zibandakanyiwe kwiThebhile ST 001.

Iimali eziyingeniso zeSebe (*Departmental revenue*) ezifikelela kwi-R26,747 yezigidi, zafunyanwa ngethuba lango-2009/10. Abona vimba bangundoqo beemali yesebe eyeyalo ngaba balandelayo:

- Iintlawulo ii-administration fees (*insurance premium collections*)
- Iintlawulo zeenkonzo zokuvelisa amaxwebhu (*reprographic services*)
- Iimali zembuyiselo ngokubhekiselele kwiminyaka egqithileyo neemcimbi yezemali (*financial transactions*), o.k.t. –iimali ezingenakuphinde zifumaneka (*write-off to revenue*)

8. Iintlawulo zeSebe (Departmental Payments)

Iimali ezifunyenweyo (*receipts*) zibandakanyiwe kwiThebhile ST 001.

Inkcitho eyiyo kanye ngo-2009/10 ibiyi-99,5% yebhajethi ehlenga-hlengisiweyo evunyiweyo (*approved adjusted budget*). Inkcitho engaphantsi kwebilindelekile (*under-expenditure*) ibangelwa ubukhulu becala kukusetyenziswa ngokunganelanga kwebhajethi eyi-capital budget. Ulibaziseko oluthe lwenzeka kwiimvumelwano ezithile apho ukwakhiwa kungakhange kuqalise njengoko kuye kwangenwa kumaziko ngokungekho mthethweni, iimvavanyo zokuchaphazeleka kwendalo (*environmental impact assessments*) bezingafumanekanga, kunye/okanye iinkqubo zokuthengwa nokufunyanwa kweempahla zikarhulumente zithathe ixesha elide kunokuba bekucingwa.

Esona sixa sikhulu senkcitho yebhajethi sityalwe kwinkqubo yezemfundo yezikolo eziziprayimari neezizisekondari, kubandakanywa nezikolo zeLSEN. Kwinkqubo yezikolo, abasebenzi babelwa ngokulinganayo ngokubhekiselele kwimimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali ngokwamanani achaziweyo abafundi, ukuhlelwa koluntu ngokuhlwempuzeka nezifundo ezifundiswayo. Inkxaso-mali ngokwemimiselo nemigangatho yabiwa ngokwamanqanaba okuhlwempuzeka kazwelonke (*national poverty quintiles*), ukuze awona manqanaba okuhlwempuzeka asezantsi, afumane ukuya kufikelela kumatyeli amathandathu ngaphezu kwalawo angawona akumgangatho osezantsi.

Inkcitho engeyiyo eyabasebenzi (*Non-personnel expenditure*) imele i-22,9%% yenkcitho epheleleyo kunyaka-mali ka-2009/10. Inkcitho engeyiyo eyabasebenzi (*Non-personnel expenditure*) ibandakanya iimali zemimiselo nemigangatho; Inkxaso-mali yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizisekondari; izikim zothutho zabafundi neziseko zophuhliso. Ikwabandakanya intlawulo ezizii-*transfer payments* kwizikolo ezizimeleyo, izikolo ezineemfundo zemfundo ezizodwa zikarhulumente iikholeji zeFET, amaziko e-ABET nezikolo namaziko e-ECD.

Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ichithe malunga ne-80,6% kwinkcitho epheleleyo ngo-2009/10. Iinkonzo eziphambili ezibandakanywe phantsi kwale program, zizikolo eziziprayimari nezikolo ezizisekondari kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (kuquka neziseko zophuhliso (*infrastructure*), kwii-ofisi zolawulo nophuhliso lwezithili zemfundo zamaziko emfundo, uphuhliso lwabasebenzi kubasebenzi abakumaziko neProgram yeGranti ekhutshwa phantsi kweMiqathango yeProgram yoKutyiswa kwaBantwana yeSikolo i*School Nutrition Programme (National School Nutrition Programme Conditional Grant)*. Yi-55,1% kwinkcitho yeProgram yeSondlo (*Nutrition Programme's expenditure*) kwizikolo zeprayimari ne-38,8% kwizikolo eziisekondari.

UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo luye lwakhula baza babonelelwa nangezibonelelo ezongezelelweyo ukukhuthaza uthatho-nxaxheba kwiBakala R nakwi-*Expanded Public Works Programme (EPWP)* ukubonelela uqeqesho lwabafundisa kwi-ECD bengezotitshala (*ECD practitioners*) kumaziko ee-ECD nokubonelela ngeekhithi zezibonelelo kula maziko.

9. INDLELA EKHUTHUYE NGAYO KUMACANDELO, KWIIPROGRAM NAKWIIPROGRAM EZISEKELAYO

9.0 ICandelo looTitshala kwiphondo

Inkqubela kwiiNkonzo ezinguNdoqo (*Key Deliverables*) ngo-2009/10

1.1 *UPhuhliso lweBakalaR:*

- Amaziko ayi-30 aziimodeli avulwa kwaye asetyenziselwa ukubonisa iinkqubo ezisemgangathweni ezenziwayo kwizikolo ezingabamelwane;
- Abafundi abayi-5 973 baqeqeshwa njengabafundisa kwi-ECD bengezotitshala kubantwana abaminyaka iyi-0-4 njengenxalenye yeProgram i *Expanded Public Works Programme*
- Ukusekwa nokwakhiwa kweeklasi zeBakala R kwaphuculwa kwaye eziyi-13 kweziyi-104 iiklasi zeBakala R ezicwangciselwe ukwandisa kwe-ECD zagqitywa ekupheleni konyaka-mali. Iiklasi eziseleyo eziyi-91 zikwizigaba ezohlukileyo zokugqityezelwa.
- Ukwandiswa kwenkxaso-mali yabafundi beBakala R kwizikolo zikarhulumente nakwizikolo ezizimeleyo
- Iprogram yoqeqesho yaqulunqwa kwaye iya kuphunyezwa kwiphondo ngoJuni nangoJulayi ka-2010 ukwenzela bonke ootitshala beBakala R .

1.2 *Inkxaso kwikharithulam ye-General Education and Training*

Kukho inkxaso eqhubekela kumaziko evela kwii-ofisi zezithili zemfundo kuzo zonke izikolo ukuphucula amaqanaba olwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala abo bonke abantwana kwizikolo eziziprayimari. Iprogram yoqeqesho lootitshala lo gama besemsebenzini (*in-service teacher training programme*) e-Cape Teaching and Learning Institute (CTLI) igxininisa ekufundiseni ukufunda, ukubhala, imathematika kwaye ifikelele ngaphezu kootitshala abayi-3 000. Bangaphezu kwe-1 000 ootitshala ababeze kwinkomfa yokufunda e-CTLI ngoMatshi 2010.

1.3 *Amanani abafundi awandileyo kwicandelo leFET ababhalise kwiprogram ezifanelekileyo*

Andile amanani obhaliso lwabafundi kwiBakala 12 ukususela ku-39,803 ngo-2005 ukuya ku-46,862 ngo-2009. Phakathi ko-2008 no-2009 amanani abo babhala iiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ande ukusuka ku-43 953 ukuya ku-44 931. Amanani abafundi abapasa iiiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ehlele ukusuka ku-34 577 ukuya ku-34 017. Iqondo lokupasa lehle ukususela ku-78,67% ngo-2008 ukuya ku-75,71% ngo-2009. Bekukho nokuhla okuyi-1,2% kwipesenteji yabo bafaneleke ukubhalisela izifundo zesiDanga sokuqala (*Bachelor's degree*) ukususela ku-2008 ukuya ku-2009. La manyathelo athatyathiweyo ukujongana noku kuhla achazwe kwiProgram 2.

Kugqithiwe kwithagethi engu-11 970 yabafundi ababhalisele iNC (V) kwiikholeji ngamanani abafundi ababhalisileyo abayi-12 742. Amanani obhaliso kwiiKholeji zeFET zaseNtshona Koloni ezintandathu ngo-2010 ngama-29,887. Iziphumo zeekholeji zibonisa ukuba yi-63% abafundi abapasileyo kwinto yonke kwi-avareji yesifundo engu-68% kwi-NC (V) nakwiiProgram ii-NATED programmes.

1.4 *Ukwandisa amanani abafundi abanako ukufikelela kwiprogram zeMfundo noQeqesho lwaBadala (ABET) ezijolise kokuthile*

Abafundi abayi-11 173 babhalise kwiProgram i-Kha Ri Gude Programme (ABET Level 1). Ukongeza apho, bayi-38 053 abafundi ababhalise kwiprogram ze-AET ngo-2009/10. Bekukho ngaphezu kwabafundi abayi-2 212 kwiprogram zeGET nokuncipha okungabhekanga phi kumanani obhaliso abafundi ababhalisele iiprogram zeFET (abayi-17 892 kwiBakala 12 kungokunje) ngenxa yokupheliswa kweSatifikethi seMatriki. Kubekho abafundi abayi-652 beenkampani ezingamahlakani esebe (*partnership learners*) – ezixhaswe ngezimali ngamanye amasebe. Okokugqibela, ngabafundi abayi-241 kwii-*Presidential Nodal Zones* abagqibe izikhosi zezakhono kwi-*Home-based Care, Catering, Furniture Repair ne-Appliance Repair*.

1.5 *Ukwenziwa kweenkonzo okuphuculweyo kumaziko emfundo*

Onke amacandelo enze izicwangciso kwangaphambili ukwenzela u-2010 – 2014 ukuze kucwangciswe ngokweemeko ezithile amaphulo ongenelelo ngoncedo (*streamline interventions*) nokuba kucaciswe kakuhle ukuba onke la maphulo ongenelelo ngoncedo aya kukhokelela njani na ekuphuculeni ukufunda kumaziko okufunda. Ukucwangcisa kwakhokelwa yinkqubo yokujongisisa kwaye zonke iithagethi zamiselwa zithelekiswa nezigaba zentsebenzo okanye izalathi zentsebenzo zee-program. Kwaqhutywa iSaveyi iCustomer Satisfaction Survey kwizikolo eziyi-290 neyathi yanika inkxaso kwiTshatha yoKwenziwa kweNkonzo entsha ka-2010 (*Service Delivery Charter for 2010*). Imisebenzi kaNdlunkulu nezithili zemfundo yacokiswa yaza yacaciswa ngakumbi. Kubekho ukuncitshiswa kwamanani eentlanganiso neminye imisebenzi engumthwalo wabasebenzi bolawulo echaziweyo (*other reported administrative burdens*) kwezo zikolo kujongenwe nazo.

ISebe iWCED liqalise i-WCEDnews, iphephandaba lesebe, ukuququzelela unxibelelwano phakathi kwezikolo nolawulo. Ukongeza apho, kwathunyelwa uthotho lweleeta ezikolweni ukuzinceda ekubeni zenze izicwangciso nolawulo olukumgangatho ophezulu. Inani labantu abangena kwiziko lewebhu leWCED lande nge-19.7% ukusuka ku-722 009 ngo-2008/09 ukuya ku-864 021. Iziko leeFoni leWCED lifumene iikholi eziyi-140 259, ukwanda okuyi-5.3% xa kuthelekiswa nonyaka ongaphambili.

1.6 *Ii-ofisi zezithili zemfundo ezomeleziweyo (strengthened district offices)*

Ukuqaliswa (*inception*) kweekomiti zeesekeke nokuvulwa kwee-ofisi ezintsha zeSithili seMfundo i-Overberg District kuze nenkonzo ephuculweyo kwaza kwazisondeza kumaziko emfundo. Kuphelisiwe ukusekondwa ezikolweni baza abasebenzi abasekondiweyo babuyela ezikolweni. Ziyi-136 izithuba zengqesho eziphambili ezabhengezwayo zaza zaliswa. Ukuqeqeshwa kwabasebenzi abanika inkxaso kwizithili zemfundo kuqhutywe ngocwangco-ngaba balandelayo: abaphathi beze-IMG (Agasti 2009), abacebisi abanika inkxaso ekufundeni (Januwari 2010); oonontlalontle (Matshi 2010) nabo bonke abasebenzi abachaphazelekayo ekubekeni esweni ulawulo lwezimali zesikolo (ezilindeleke ngo-Apreli 2010). Iingxelo zonyaka zezikolo ziye kuMphathiswa weMfundo ngo-Apreli 2010 nezicwangciso zokuphucula iBakala 12 (*Grade 12 improvement plans*) zaqulunqwa ngokwezithili zemfundo nangokwesikolo ngasinye kwanokuphunyezwa kwazo ngoJanuwari 2010.

1.7 *Imfundo eBandakanya bonke abafundi eyomeleziweyo (Strengthened Inclusive education)*

Inani leeyunithi ze-ELSEN kwizikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa likhule ukuya kufikelela ku-100 ngo-2009/2010. Ukumisela imfundo ebandakanya bonke abafundi nenkqubo yoqeqesho kuthetha ukumisela izitraktsha, izibonelelo nee-program zokuthintela, ezokususa okanye ukubuyisela ukusilela okubangelwe zizithintelo ekufundeni nakuphuhliso. Abasebenzi abanika inkxaso eyodwa bayinxalenye yenani lezithuba zengqesho zesithili semfundo ngokusekelwe kwiikomiti ezinika inkxaso nezikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa/namaziko ezibonelelo. Kubonelelwe ufikelelo olungaphezulu kwikharithyulam ngokumiselwa kwezikolo zezakhono ezibini ezitsha.

1.8 *Ukuzinzisa/ukudibanisa (consolidate) nokwandisa iisistim zekhomyutha ii-e-delivery and e-systems*

Ukufundisa ngezethekhonoloji (*Telematic teaching*) (kusetyenziswa i-satellite technology) kwalingwa kwizikolo ezili-10 eziqhuba kakubi ukususela ngo-Agasti ukuya ku-Oktobha kwi-Mathematics, Physical Sciences, Life Sciences, English First Additional Language (FAL) ne- Accounting.

Oku kulandelayo zezinye zeziphumo ezibekho ngokufundisa okuthelematikhi (*telematic teaching*) kwaye oko kukhuthaze isigqibo sokwandisa iprojekthi elingwayo ukuya kwizikolo eziyi -120 ngo-2010:

likhonsepthe neenkqubo ebezisokolisa ootitshala nabafundi, zenziwe zalula, kugxininiswa umoya wokufunda esikolweni; iseshoni zasemva kokufundisa, ootitshala nabafundi baqhubekile ngohlaziyo nokuzinzisa izifundo; ukuzithemba kwabafundi nootitshala kwaphuculwa; kwaziswa umoya wentsebenzisano ekufundiseni, ekufundeni nasekuxoxeni eklasini; kubekho ukuphuculwa kwenkqubo yokufundisa (*improved pedagogy*) eklasini; kwaphuculwa indlela abafundi abazibona ngayo bona ziqu; abafundi bancediswa ngamacebo eemviwo baza bacaciselwa nangeekhonsepthe ezinzima.

ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (*national Department of Basic Education*) liqulunqe isistim yokulandelela abafundi kazwelonke (*national learner tracking system*), iUnit Record and Information Tracking System (LURITS), apho amaphondo abonelela ngedatha yeenkcukacha zabafundi khona. Iphondo ngalinye lamiselwa iithagethi yaza iNtshona Koloni yazigqitha iithagethi zayo kunyaka-mali ka-2009/10 ngezikolo eziyi-1436 nabafundi abayi-881 104 abathe bafakwa (*uploadead*) ngokuyimpumelelo kwi-LURITS. Kunyaka-mali ka-2010/11, iinkqubela ezizezinye ziya kuqhubeka ngezigaba ezithathu, kude kube kufakwe yonke idatha yabafundi nootitshala kwisistim.

ISigaba 1 se-District Management Information System (DMIS) salingwa kuzo zonke izithili ukufaka, ukucwangcisa nokwenza ingxelo ngayo yonke intsebenziswano yezikolo (*school interactions*) nenkxaso ngamagosa ezithili. ISigaba 2 seDMIS, esicwangciselwe unyaka-mali ka-2010/11, siya kugxininisa ngokwanda kwemiba imisebenzi enokucaciswa kumaphulo alingwayo nolawulo lokwenziwa kwengxelo emalunga nesixhobo soshishino *ibusiness intelligence reporting tool*, u-*EduInfoSearch*.

Kwalingwa i-SA-SAMS (*national School Administration Management System*) kwizikolo eziyi-100 njengenxalenye yeSA SAMS eyenziwe yasebenza ngekompuyutha (*web-enablement SAMS*). I-SAMS iya kuvumela izikolo ukuba zenze inkqubo yazo yolawulo izisebenzele ngokwayo (*automate*) kwimeko yonxibelelwano ngekompuyutha (*networked environment*) kwaye iya lungiselela abafundi, ootitshala, abazali, ikharithyulam, imiba yezemali, neemodyuli zethayimthebhile. Idatha yezikolo iya kuhanjiswa (*shifted*) ngeWeb isiwe kuvimba oyi-central repository apho idatha yephondo inokungqinelaniswa khona (*can be aggregated*) kuze kunikwe ingxelo ngayo ngexesha elililio (*real time*), o.k.t. "iqhubeka" kwi-*EduInfoSearch*. I-*software* ye-SAMS iya kuqaliswa ukusetyenziswa ngonyaka-mali ka-2010/11.

Ithagethi yeKhanya kunyaka-mali ka-2009/2010 yayikukubonelela izibonelelo (*facilities*) eziyi-150 kwizikolo ezitsha kwakunye nezinye izibonelelo zesibini kwizikolo ezikhulu ezifuna ithekhnoloji eyongezelelweyo – nokuphuculwa komgangatho wezibonelelo eziyi-50 ezidala. Oku bekuyimfuneko ukwenzela ukuba kukhuselwe utyalo-mali kwezethekhnoloji kwezinye izikolo zeKhanya ezabonelelwa ngezixhobo ngethuba lango-2001 ukuya ku-2003. Ekupheleni kukaMatshi 2010, zagqitywa izibonelelo eziyi-150 kwaza kwaphuculwa nezibonelelo ezidala –nto ebengaele ukuba kugqithwe ithagethi ngo-60. Ukongeza apho, kuye kwafakwa ii-*interactive whiteboards* eziyi-450 kwizikolo eziyi-150. UTelkom ubinze ngesipho-mali esiyi-R22 yezigidi kwi-*hardware* ezizixhobo zokusebenza, laza iSebe iWCED lajongana nolawulo lweprojekthi neendleko zamalungiselelo eziseko zophuhliso. UKhanya naye ukwabonelele ngee-*interactive whiteboards* kwezinye izikolo eziyi-89, nezixhobo ezizizongezelelo zethekhinoloji kwizikolo eziyi-28. Ngokwento yonke, ziyi-1 145 izikolo ezincediswe ngokuba zifumane izibonelelo zethekhinoloji, zayi-135 izikolo ezilindele ukufumana izibonelelo zethekhinoloji, kubonelelwe ngekompuyutha eziyi-43 993, bayi-25 038 ootitshala abathe baqeqeshwa (abaza kuqeqeshwa) kumanqanaba awahlukileyo ethekhnoloji, bayi-826 390 abafundi abanako ukufikelela kwizibonelelo zethekhinoloji ukuze zibe yi-2 100 iiklasi ezinee-*interactive whiteboards*.

1.9 Ukuqaliswa kwenkxaso kwizikolo ezikumanqanaba okuhlwempuzeka 1- 3

Zizigidi eziyi-R42 ezabhajethelwa ukuphucula iziseko zophuhliso zeelayibrari noovimba bezibonelelo ngokubonelela ngeencwadi nezinye izibonelelo ezinxulumene nazo, ukwenziwa kweeshelufu, ifanitshala, iikhompuyutha, i-*software* yokulawula noqeqesho elayibrari (*library administration software*), uqeqesho lootitshala kwizikolo zamanqanaba okuhlwempuzeka kazwelonke (NQ) 1-3 nge-QIDS-UP School Library Project. Izikolo eziyi-654 zeNQ1-3 zafumana izibonelelo zeelayibrari. Kwabonelelwa ngeengxowa-mali kuvavanyo lwesikolo siphela kwizikolo eziziprayimari nezizisekondari eziyi-30 kwi-NQ1-3, kwaza kwabonelelwa ngeendidi ezininzi ezahlukileyo zezibonelelo ezixhasa ukufunda, kwezi nkalo zilandelayo: *Life Orientation, Physical Science* ne-*ECD*.

1.10 *Ukujongana nokhuseleko lwezakhiwo kwezo zikolo zisengozini*

Kwanikezelwa ngee-Metal detectors kwizikolo eziyi-109 ezisengozini kwaye zibonakala zisebenza ngempumelelo ekunqandeni (*curbing*) ukuxhaphaka kwezixhobo kumasango esikolo. Kugqityiwe ukufakwa kwee-CCTV nokuhlolwa kweprogram kuya kuqinisekisa ifuthe lezi zixhobo. Ubudlelwane bentsebenziswano phakathi kweNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (*South African Police Services (SAPS)*) neSebe loKhuseleko loLuntu (*Department of Community Safety*) buyaqhubeka ngeentlanganiso zarhoqo ukuxoxa ngokhuseleko lwesikolo. Iinkqubo zokusetshwa ngequbuliso nokohluthwa (*Random search and seizure exercises*) kugqityiwe kwizikolo ezikhethiweyo ngokusebenzisana neSAPS. Iikomiti zezikolo zibandakanya abahlali, amanye amasebe karhulumente neMibutho eNgekho ngaphantsi kukaRhulumente (*NGOs*) ukwenzela ukuqinisa ukhuseleko ezikolweni ngokubanzi.

1.11 *Ukudibanisa (Consolidate) izikolo ekuGxilwe kuzo neZikolo zeDinaledi*

Inkqubela ngokweziphumo zeBakala 12 ihlala iye cothayo. Nangona bengaphezulu ngo-176 abafundi ababhala iMathematika ngo-2009 kunango-2008, bangaphezulu ngo-30 ababhale iPhysical Science, inani labo bapase ngamanqaku ayi->50% lihle nge- 31% ukuya ku-24% kwiMathematika nokusuka kwi-25% ukuya kwi-15% kwiPhysical Science. Ngokwamanani abafundi kwiphondo abapasa ezi zifundo zibini, izikolo zeDinaledi zibalelwe i-16% yetotali yephondo kwiMathematika ne-15% yetotali yephondo kwi-Physical Science ngo-2009. Ziyi-13 izikolo zeDinaledi zababhale iMathematika IPhepha 3. Kuthathelwa ingqalelo ngakumbi ukunika inkxaso nophuhliso kwezi zikolo ukwenzela ukuba kujongwane nemiba engumngeni ebonakalayo.

Ngo-2008, ireyithi yokupasa ngokwento yonke kwizifundo zoBugcisa (*Arts subjects*) kwizikolo ekuGxilwe kuzo ibingu-78.64%. Bayi-681 abafundi ababebhalise ngo-2009 kwiZifundo soBugcisa baza bayi-604 (88.69%) abapasileyo, into leyo ebonisa ukuphucuka komgangatho kangange-10.05%.

Kwitotali yabafundi abayi-3081 ababhala izifundo zeBCM (*Business Commerce and Management*), bayi-2 539 (82.4%) apase ngo-2009. Le yi-2.26% eyipesenti yokuhla kwiziphumo zango-2008 kwaye oko kunokubangelwa kukuhla kwinto yonke kwiziphumo ze-Accounting ne-Economics.

1.12 *Ukugcina iprogram ehlaziyiweyo nesekelwe kwiimfuno yezibonelelo zeziseko zophuhliso*

Kunyaka ochaphazelekayo, kwagqitywa izakhiwo zezikolo ezili-10. Ukongeza apho, kwakhiwa zayi-184 izikolo eziziiprayimari nezikolo ezizisekondari eziyi-101, izikolo eziziiprayimari eziyi-16 namagumbi ayi-24 ee-secondary specialist rooms. Kwaziswa iklasi ezingoomahamba nendlwana eziyi-55 (*mobile classrooms*) ukunceda izikolo zimelane noxinzelelo lwendawo yokufundela (*accommodation pressures*) kunyaka-mali ochaphazelekayo.

1.13 *Ukuphucula ulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kwizikolo eziziiprayimari*

Ukususela ku-2003 kubekho uvavanyo lwephondo lwabafundi bamaBakala 3 no-6 kwiminyaka emibini (*alternate years*) ukwenzela ukuba kufunyaniswe iinkalo eziyingxaki (*diagnose difficulties*) ukuze kulandelelwe nendlela abaqhuba ngayo abafundi. Ezona ziphumo zakutshanje zeBakala 3 zeminyaka yangaphambili ukuya ku-2008 zezii: Ulwazi lokuFunda nokuBhala-54%, uLwazi lokuBala-35%.

Iziphumo zemvavanyo zeBakala 6, ezakhutshwa ngoNovemba 2009, zabanisa ukuphucuka okuqhubekayo kumanqaku ovavanyo kulwimi, ngo-48.6% kubafundi abanamanqaku angu-50% ubuncinane. Oku kumele i-3.8 % yokuphucuka ukusuka ku-44.8% ngo-2007.

Ipesenteji yabafundi beBakala 6 abafumana 50% okanye ngaphezulu kulwazi lokufunda nokubhala kwiNtshona Koloni yande ngokungangxamanga kule minyaka mithandathu igqithileyo:

2003	2005	2007	2009
35%	42.1%	44.8%	48.6%

Oku kwanda kwe-13.6% ukususela ngo-2003.

Nakuba kunjalo iziphumo zemathematika zithe zenyuka zisihla njalo-njalo. Amanqaku eBakala 6 aphucuka ukususela kwesazantsi angu-14% ukuya ku-17.4%. Kusekho ke ngoko abafundi abambalwa kuno-1 kubafundi aba-5 eyamkelekileyo indlela abaqhuba ngayo. Nakuba kunjalo liyanda inani labafundi beBakala 6 abafumene amanqaku afanelekileyo kwezo zinto zisetelwe amanqanaba amaBakala 4 no-5.

2003	2005	2007	2009
15.6%	17.2%	14.0%	17.4%

Ezi ziphumo zigqithe ithagethi zokuphuculwa kwamanqanaba okupasa kwabafundi kulwazi lokufunda nokubhala (ithagethi engu-45%) nolwazi lokubala (ithagethi engu-15%) ngo-2010. Ithagethi ngu-65% kulwazi lokufunda nokubhala nengu-50% kulwazi lokubala ngo-2014 ziyangqinelana nomgangatho

Iphulo lamajelo eendaba lokubandakanya abazali ngakumbi ukuze bathathe inxaxheba lamiselwa ngoJanuwari 2010.

linkcukacha ezingaphezulu zibonelelwe kwi-Program 2.

1.14 *Ukuqhuba uvavanyo lwesikolo siphela neeprogram zolawulo nophuhliso lomgangatho*

Uvavanyo lwesikolo siphela lwaqhutywa kwizikolo eziyi-99, endaweni yezikolo eziyi-90 ezithagethiweyo. Njengoko iikomiti zeesekele ezintsha ziye zisiba zeziqhuba ngcono ngokomgangatho wentsebenzo, zithe zayisondeza ezikolweni inkxaso elungiselelwe iimeko ezithile. Ingxelo ngokuqhubekayo eneenkcukacha (*comprehensive trend report*) – esekelwe kwiziphumo kwezi zikolo ngokubanzi yaqulunqwa kwaza kwaxoxwa ngayo nabalawuli beWCED ukwenzela ukuba kunikwe inkxaso amaphulo ongenelelo ngoncedo acwangciswe ngobuchule.

1.15 *Ukuphuhlisa iinqununu nootitshala kumsebenzi wabo abawuqeqeshelweyo*

Bayi-2281 ootitshala ababhaliswa kumaziko emfundo ephakamileyo (*tertiary institutions*) ukuphucula ulwazi lwabo namabanga emfundo abawaphumeleleyo (*qualifications*). Bayi-1724 ootitshala ababhalisela i-*Advanced Certificate for Education*; babe yi-349 kwi-*National Professional Diploma in Education* baze babe yi-145 abenza iikhosi zeB *Ed Honours Post Graduate*. Bayi-5 253 abaye kwiiprogram ye-*Cape Teaching and Leadership Institute*; iinqununu, iintloko zamasebe namasekela, benze 652 kweli nani, nootitshala abayi-4 601

1.16 *Ukuqinisekisa ukuba bonke ootitshala banikwa inkxaso esemgangathweni abayifunayo: kusenziwa oko ngokwaba ibhajethi yamaphulo ongenelelo ngoncedo nenkxaso ngendlela eqingqiweyo enenjongo neyakhayo*

Kunyaka ochaphazelekayo, ziibhiliyoni eziyi-R2, 463 ezabelwa inkcitho enganxulumananga nabasebenzi (*non-personal expenditure*), ekwachithwa kuyo R223,123 yezigidi kwi-LTSM ne-R66,701 yezigidi ekuphuhliseni ootitshala. Ukwenzela ukuba kuhlangebezwane neemfundo eziqatshelweyo ekuvulweni kwezikolo ngoJanuwari 2010, kwabonelelwa ngeencwadi zezifundo ezongeza kwebezikho kwizifundo eziphambili kubafundi beBakala 12 (R1,5m). Iincwadi zezifundo zeBakala 11 ezixabisa R 52 450 740 zabonelelwa kwizikolo eziziisekondari zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-359.

Ukomeleza ukufundiswa kweekhonsepthe zezandi (*sound concepts*) kwizikolo eziziprayimari zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-154 apho isiXhosa ilulwimi lokufundisa, ootitshala kumgangatho weBakala 4-6 banikwa iincwadi zezifundo zesiXhosa. Banikwa nezichazi-magama zesayensi neekhonsepthe zemathematika. Kweli qela lezikolo kukho izikolo eziyi-16 ezizii-*Learning Transformation Project schools* apho ukufunda kuqhutywa ngesiXhosa ukuya kufikelela kwiBakala 6. Bonke abafundi kumaBakala 4-6 banikwa ezi ncwadi zezifundo (R 3 418 734).

Ukunika inkxaso iphulo likazwelonke i-*Foundations for Learning Campaign*, kunikezelwe ngeetshathi zodonga zeeklassi zamaBakala 1-6 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngexabiso le-R 8 532 833,17.

Ukunika iingxelo ngemingeni

Ngokwale Ngxelo yoNyaka makuqatshelwe oku kulandelayo:

Le ngxelo isekelwe kwiithemplethi ezimbini: imigqaliselo kaNondyabo kuZwelonke (*National Treasury*) neethemplethi zecandelo leSebe leMfundo esiSiseko (*Department of Basic Education*) kwelinye icala.

Ingxelo ikwasekelwe kwiithagethi ezimiselwe kwi-*Annual Performance Plan (APP)* ka-2009/10. Ngenxa yeengxaki ezimalunga nokuqokelelwa kwedatha (*data collection*) ye-*National Performance Measures* ezisetyenziswe kwiminyaka yangaphambili kuye kwamkelwa ii-*PMS* zikazwelonke ezintsha ukungiselela u-2009/10. Nangona kunjalo, esi sigqibo size nesethi entsha yeengxaki:

- Izalathi ezithembekileyo kwintsebenzo kuvavanyo lokuzwelonke azinakubonelelwa njengoko idatha eneenkcukacha ngeemvavanyo zeBakala 6 zika-2007 ingekafumaneki. Iimvavanyo zokugqibela zeBakala 3 zazingo-2004. Ngenxa yeemvavanyo ii-*systematic tests* zesebe lemfundo kuzwelonke, iimvavanyo "*Annual National Assessments*" (*Grades 1-6*) zaphelilelwa ngokusesikweni.
- Ngenxa yokuba uninzi lweMilinganiselo yeNtsebenzo kaZwelonke ka-2009/10 (*National Performance Measures (2009/10)*) ibimitsha okanye imiselwe ngokutsha ngeparamitha ezilungiswe apha nalapha (*adjusted parameters*), kunye/okanye ukungabikho kwesethi zedatha ezilindelekileyo (*tentative data sets*), kuye kwanzima ukumisela iithagethi ukulungiselela zona. Le nkxalabo iqatshelwe kwi-APP echatshazelweyo.

Eminye iMilinganiselo yeNtsebenzo isekelwe kwidatha yamanani abemi belizwe. Uvimba wedatha zizalathi zaphakathi enyakeni (*mid-year indicators*) ze-*Statistics South Africa (StatsSA)* eziqulethwe kwi-*General Household Survey (GHS)*. Le yinqubo yokuvavanya iisampula kuphela kwaye ukusilela ekuzuzeni idatha kusoloko kuthathelwa ingqalelo. Oku kuthetha ukuba ayizothagethi ezimiselwe kwisethi yezalathi eziphelelwe lixesha kuphela, kodwa ngokunjalo ikwazizo kanye (*actuals*) iithagethi zango-2009/10 ezingezizo kanye "*ii-actuals*", koko izithagethi zoqikelelo oluphelelwe lixesha.

ST001	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO-IMIBA ephambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	Iimali kanye ezifunyenweyo 2009/10
INGENISO (REVENUE) (R'000)					
	Isabelo esilinganayo	7,387,687	8,782,197	10,236,557	10,183,421
	Iigranti eziphuma ngokwemiqathango ethile	271,718	282,736	302,764	302,345
	Inkxaso-mali yabaxhasi (donors)	0	0	0	0
	Ukuxhasa ngemali	47,000	105,000	100,800	100,800
	Ingeniso yethu	31,392	22,545	23,691	26,747
	ITOTALI	7,737,797	9,192,478	10,663,812	10,613,313
IINTLAWULO NGEPROGRAM (R'000)					
	1 Ezolawulo	361,470	393,529	416,038	415,605
	2 Imfundo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (funda okunye ukwahlula kwayo phakathi)	6,221,983	7,410,535	8,630,807	8,587,360
	3 Iinkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo	39,713	44,119	55,522	55,522
	4 Imfundo kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno ezizodwa zemfundo	434,325	510,390	626,223	623,604
	5 Imfundo noqeqesho oluqhubelekayo	317,228	367,190	368,917	368,917
	6 Imfundo noqeqesho lwabadala	25,821	26,838	29,479	29,479
	7 Uphuhliso lwemfundo yabantwana abasaqalayo	142,259	228,748	292,620	288,620
	8 Iinkonzo ezincedisayo nezinxulumene nazo	194,998	211,129	244,206	244,206
	ITOTALI	7,737,797	9,192,478	10,663,812	10,613,313
IINTLAWULO EZIYA KWIMFUNDO YEZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIQHELEKILEYO (R'000)*					
	2.1 Izikolo zikarhulumente eziziprayimari	3,503,102	4,085,516	4,915,753	4,885,119
	2.2 Izikolo zikarhulumente ezizisekondari	2,428,511	2,874,010	3,157,191	3,149,110
IINTLAWULO NGOKOKUHLLELWA KWEZOQEQESHO (R'000)*					
	Intlawulo zalo nyaka-mali	6,667,613	7,908,367	9,229,956	9,217,862
	Imbuyiselo yabasebenzi	5,904,035	7,089,690	8,214,843	8,214,843
	Ootishala	5,150,845	6,262,879	7,249,591	7,249,591
	Abasebenzi abangengabo ootishala	753,190	826,811	965,252	965,252
	Iimpahla neenkonzo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	763,578	818,677	1,015,112	1,003,113
	Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini	917,516	1,077,123	1,169,442	1,164,546
	Iintlawulo zee-capital assets	152,668	206,988	264,415	230,811
	ITOTALI	7,737,797	9,192,478	10,663,812	10,613,313

ST001	ICANDELO LEMFUNDO LEPHONDO-Imiba ephambili (kusaqhutywa)				2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 lithagethi	Eyona kanye kanye 2009/10
IINKUKACHA-MANANI ZENTSEBENZO								
UKUQESHWA KWABASEBENZI								
Inani labasebenzi (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)		31 462	31 401	31 581	31 965			
Inani labasebenzi abangengabo ootishala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)		9 112	8 750	8 600	8 851			
UBHALISO KWINQANABA LOKUFUNDA ELINYANZELEKILEYO*								
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-6 – 15 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo		696 927	715 151	693 000	721 443			
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-6 – 15 kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa		9 012	9 208	9 200	10 047			
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-6 – 15 kwizikolo ezizimeleyo		15 502	20 064	21 000	25 776			
ITOTALI		721 441	744 423	723 200	757 266			
UBHALISO KWINQANABA ELIQITHILEYO KWELINYANZELEKILEYO*								
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-16 – 18 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo		182 136	182 454	183 000	181 645			
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-16 – 18 kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa		6 082	6 614	6 700	6 917			
Abafundi abaminyaka yobudala eyi-16 – 18 kwizikolo ezizimeleyo		3 245	6 599	7 000	7 290			
Abafundi abakwiikholeji zeFET abaminyaka iyi-16-18		3 593	4 000	3 593	6 170			
ITOTALI		195 056	199 667	200 293	202 022			
AMANANI ABEMI BELIZWE								
Abemi abaminyaka yobudala eyi-6-15		881 808	994 084	914 227	1 006 113			
Abemi abaminyaka yobudala eyi-16-18		257 185	286 337	268 158	289 167			
► IMILINGANISELO YENTSEBENZO								
► PM001: ipesenteji yamanani abemi belizwe ababudala buyiminyaka eyi-6 ukuya ku-15 abahamba izikolo	Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango		** [77.9%]	Makufundwe amanqakwana 5 no-6 apha ngezantsi	74.59%			
► PM002: ipesenteji yamanani abemi belizwe ababudala buyiminyaka eyi-16 ukuya ku-18 abakumaziko emfundo	Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango		***	Makufundwe amanqakwana 5 no-7 apha ngezantsi	71.6%			
► PM003: Inkcitho engaxulumananga nabasebenzi karhulumente kubatundi abangabona bahluphekileyo abayi- 20% kwizikolo zeqanaba lokuhwempuzeka 1 njengepesenteji yenkcitho engaxulumananga nabasebenzi karhulumente kubatundi abangabona bahlwempuzekileyo bayi- 20% kwiinqanaba 5 lokuhwempuzeka kwezikolo	Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango		396%		391.71%			

ST001	ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO-IMIBA ephambili (Isaqhubeka)				limali kanye ezifunyenweyo 2009/10
	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 lithagethi		
► Imilinganiselo yentsebenzo (isaqhubeka)					
► PM004: Ipesenteji yabantu abadala abagqibe iBakala 9	Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango	69.2%	69.3%	71%	
► PM005: Ipesenteji yabantu abadala abagqibe iBakala 12	Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango	13.4%	13.4%	39%	
► PM006: ireyithi yolwazi lokufunda nokubhala kubantu abadala	Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango	85%	85.2%	83.9%	
► PM007: Inani labathathi-nxaxheba kwiphulo/kwiprogram yokufunda nokubhala kaKha Ri	Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango	4 762	7 262	11 173	
► PM008: Inani labathathi-nxaxheba kwiphulo/kwiprogram yokufunda nokubhala yePhondo (kungabandakanywanga uKha Ri Gude)	Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango	0	0	0	
Amanqaku:					
1. Le Ngxelo yoNyaka inika ingxelo kwisethi enisha yeMlinganiselo yeNtsebenzo yoNyaka kazwelonke. Kwi-Annual Performance Plan (APP) ka- 2009/10 amanqaku afundeka ngoku hlobo: Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omtsha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango. Ngenxa yokuba lithagethi kufanele zimiselwe: kusetyenziswa uqikelelo ukwenza inqanaba eliqikelelweyo ngo-2008/09 ngokusekelwe kwiisethi zedatha efanayo. Njengoko izinto zedatha kule Milinganiselo yeNtsebenzo mitsha zingabonisiwanga kwiNgxelo yoNyaka ka-2008/09 inkcazo yazo mayothathwe njenge- "actuals" mayithathelwe ingqalelo kwezo meko-bume.					
2. Yonke imilinganiselo yentsebenzo ngaphandle kwe-PM003, PM007 no-PM008, isekelwe kwiidatha yessaveyi ey-general household survey data kuvimba wedatha kumlinganiselo othile. Amanani ezembali (historical figures) afunyanwa kwi-General Household Surveys yango-2008 kwaye anokwahluka kancinane nje kumanani obhaliso nawabemi belizwe abonisiweyo.					
3. PM 007: Eli liphulo likazwelonke kwaye alikho phantsi kolawulo lwephondo. Iithagethi ke ngoko zikhomekeke kwizicwangciso zikazwelonke.					
4. PM 008: Kuye kwenzwa isigqibo sokuba kugxininiswe kwilinzame zephondo kwiprogram ka-Kha Ri Gude kwaye yiyo le nto kungekho zithagethi zephondo kwi-PM008.					
5. * Makuqatshelwe iindidi ezinsha zeminyaka yobudala zika- 6 – 15 no-16 – 18 ezisetyenziswayo endaweni yeendidi zangaphambili zika- 7 – 14 no-15 – 17.					
6. ** Yi-99.2% eyasetyenziswa kwi-APP ka-2009/10 njengesiseko sengqikelelo. Idatha yakutshanje ye-GHS ibonisa ukuba yi- 77.9% eyona pesenti ichaneke ngokungaphezulu kumanani lango-2008.					
7. ** Yi-84% eyasetyenziswa kwi-APP ka-2009/10 njengesiseko sengqikelelo. Idatha yakutshanje ye-GHS ibonisa ukuba yi- 69.7% eyeyona pesenti ichaneke ngokungaphezulu kumanani lango-2008. Le PM Ngokwenkcazo, isebenzisa idatha ebonelelwa yi-GHS. Makufundwe ingcaciso apha ngezantsi.					
8. Ovimba beDatha (Sources): KwiProvincial Budget Statement (2010) [2009/10 amanani ezembali ngqikelelweyo ahlanga-hlangisweyo (adjusted estimates); IPesali lamanani abasebenzi ango-2007 no-2008 abhekiselele kuMarch]; Amanani obhaliso e-EMIS 2009 ngawe-Annual Survey 2009 nganye; Amanani abemi abonelelwa yi-DBE kwi-Stats SA; Uqikelelo lwamanani abemi aphakathi enyakani ka-2008 no-2009. Amanani abasebenzi abagqweshwe ngurhulumente kule thebhile yemba ephambili (key trends) ebonisa ukubalwa kwemeko yezengqesho yabasebenzi abaneempawu ezizodwa kwiPesali. kungajongwanga ukupeshwa isigxina okanye okweluhutyana.					

ST002								
	Iprogram 1 Admin	Iprogram 2 POS	Iprogram 3 Indep	Iprogram 4 Indep	Iprogram 5 FET	Iprogram 6 ABET	Iprogram 7 ECD	Itotali
Inkcitho (R 000)	12,343	59,065	-	-	-	-	-	71,408
Abaqeqeshwa	12,700	19,500	-	-	-	-	-	32,200
Ootitshala	8,000	20,000	-	-	-	-	-	28,000
Iprogram zokuxhobisa ngezakhono	2,250	13,900						16,150
Uqeqesho ngezotshintsho kwikharithyulam	0	5,700	-	-	-	-	-	5,700
Olunye uqeqesho lwabakwinkonzo	3,750	700	-	-	-	-	-	4,450
Uqeqesho ngeze-HIV/AIDS	-	250	-	-	-	-	-	250
Abasebenzi abangengabo ootitshala	5,120	1,803	-	-	-	-	-	6,923

Makuqatshelwe: Le thebhile ibonisa inkcitho yeSebe kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi beSebe. Ibandakanya iindleko zootitshala abaqeqeshwayo abaqeshwe liSebe Utitshala omnye unokubalwa kabini, ukuba umzekelo utitshala ukhe wakuqeqesho lwekharithyulam neHIV/AIDS ngalo nyaka uchaphazelekayo. Nakuba kunjalo, amanani kumqolo 'Ootitshala' awabonisi nakuphi na ukubalwa kabini kootitshala.

Jvimba weDatha (Source): *Internal Human Capital Development, WCED.*

Imilinganiselo yentsebenzo: lingxoxo ngoMahluko (Variances)
<p>► PM001: Ipesenteji yamanani abemi belizwe ababudala buyiminyaka eyi-6 ukuya ku-15 abahamba izikolo</p> <p>Ithagethi: Uqikelelo olutsha lwamanani abemi belizwe lubonisa ipesenti engu-77.8 % kolu didi lwababhalise ngo-2008/9. Iseti zedatha yeGHS zangaphambili azibonelelanga ngezalathi kolu didi.</p> <p>Eyona kanye: 74,59%</p> <p>Le PM ilandelela ubhaliso kwikhathegari zobudala obutsha (ngoku obungu- 6 – 15 obabungu-7 – 14). Oku kunatyiswa kwekhathegari kubandakanya abafundi abaminyaka mi-6 abangekayi mhlawumbi esikolweni nokwandisa umhlaba wabafundi abadala kunoku. Amanani obhaliso abonisa ukuba bekukho ngaphezu kwabafundi abayi-6 000 kolu didi lobudala ngo-2009 xa kuthelekiswa no-2008. (Abafundi abayi-721, 443 kolu didi lobudala lubhalise ngo-2009 xa kuthelekiswa nabayi-715, 151 ngo-2008). Kwangaxeshanye uqikelelo lwamanani abemi belizwe lubonisa ukuba iNtshona Koloni ibe namanani awandileyo ngabafundi abayi-12 029 kolu didi luphakathi ko-2008 no-2009. Oku kucacisa ukhula kumanani obhaliso kolu didi, o.k.t. zombini iisethi zamanani anokwahluka zitshintshile.</p>
<p>► PM002: Ipesenteji yamanani abemi belizwe ababudala buyiminyaka eyi-16 ukuya ku-18 abakumaziko emfundo</p> <p>Ithagethi: Uqikelelo olutsha lwamanani abemi belizwe lubonisa 69.7%% kolu didi lwalubhalise ngo-2008/9. Iseti zedatha yeGHS yangaphambili azibonelelanga ngezalathi kolu didi.</p> <p>Eyona kanye: 71.6%</p> <p>Idatha ye <i>General Household Survey</i> ebonelelwe yi-DoBE inika amanani apheleleyo ka-16 -18 kubantwana abadala abahamba isikolo kumaziko emfundo engu-194 739 kumanani asisiseko samanani abemi belizwe bebonke (<i>total population base</i>) kolu didi lweqela leminyaka yobudala ukuya ku- 272 096.3 Oku kuthetha yi- 71.6% yabantwana abaminyaka eyi- 16-18 abahamba amaziko emfundo. Nakuba kunjalo idatha yeWCED ibonisa ukuba inani lobhaliso elingu-199 493 nezinye iisethi zedatha ezivela kwiGHS zibonisa amanani abemi belizwe angu-289 167 kwangelo thuba linye. Ngelo thuba lalo APP ichaphazelekayo idatha ye-GHS inike inani elingu- 83%, ukuze ke ithagethi ye-APP eyintsusa ibe ngu- 84%.</p> <p>Uvimba wedatha owamiselwa kuzwelonke kule PM yidatha yeGHS kunokuba ibe yidatha eyona kanye. Nangeyiphi na indlela ubhaliso lweWC ngo-2009/10 lungaphezu kobhaliso lwango-2008 kangange-2%.</p> <p>Oku kubonisa umngeni wokusekela inkcazo (<i>analyses</i>) noqikelelo kwizixa zoqikelelo neesampula. Ukongeza apho le datha ingumngeni ibonisa ukuba kungani na iMilinganiselo yokuqhutywa kwee <i>Program (Programme Performance Measures) ka-2010/11</i> ingenako ukulandelela idatha esekelwe kumanani abemi belizwe (<i>population-based</i>) kwaye endaweni yoko ihlelwe kwakhona le milinganiselo njengeZalathi zaMacandelo ("<i>Sector Indicators</i>").</p>
<p>► PM003: Inkcitho eyi-<i>non-personnel expenditure</i> karhulumente kubafundi abangabona bahluphekileyo abayi- 20% kwizikolo zenqanaba lokuhlompuzeka 1 njengepesenteji yenkcitho engaxulumene nabasebenzi karhulumente kwi-20% yabafundi abangabona bahlompuzekileyo kwizikolo ezikwinqanaba 5 lokuhlompuzeka.</p> <p>Ithagethi: 396 %</p> <p>Eyona kanye:391.71 %</p> <p>Inkcitho engaxulumene nabasebenzi yenziwe ngezinto ezahlukileyo. Iinguqu kwiqela elithagethiweyo kuMaphulo oNgenelelo ngoncedo awodwa (<i>Special interventions</i>) (o.k.t. QIDS-UP, NSNP, abathengisi beencwadi zezifundo (<i>textbook supplies</i>), njl.njl.) Neeprojekthi zokwakha ezinefute lomlinganiselo wenkcitho phakathi kwamanqanaba okuhlompuzeka 1 no- 5.</p>

Imilinganiselo yentsebenzo: lingxoxo ngoMahluko
<p>► PM004: Ipesenteji yabantu abadala abagqibe iBakala 9</p> <p>Ithagethi: 69.3%</p> <p>Eyona kanye: 71%</p> <p>Ezi nkcukacha-manani zibonelelwa ngokusetyenziswa kwenkqubo yesampula zamanani abemi belizwe ngu-StatsSA. Nangona kunjalo, inani elandileyo labafundi bamaBakala 9 no-10 kwiminyaka yokugqibela eli-10 lixhasa oku kwanda.</p>
<p>► PM005: Ipesenteji yabantu abadala abagqibe iBakala 12</p> <p>Ithagethi: 13.4%</p> <p>Eyona kanye 39%</p> <p>Ezi nkcukacha-manani zibonelelwa ngokusetyenziswa kwenkqubo yesampula zamanani abemi belizwe ngu-StatsSA. Inani linokuchatshazelwa kukwanda kwamanani abafundi abapase imatriki abayishiyayo inkqubo yesikolo, amanani awandileyo abafundi abathweswa isidanga/idiploma kwiiKholeji zeFET nabafundi abayigqibezela ngempumelelo iMatriki yabo kumaziko e-AET.</p>
<p>► PM006: Ireyithi yolwazi lokufunda nokubhala kubantu abadala</p> <p>Ithagethi: 85.2%</p> <p>Eyona kanye 83.9%</p> <p>Ezi nkcukacha-manani zibonelelwa ngokusetyenziswa kwenkqubo yesampula zamanani abemi belizwe ngu-StatsSA.</p>
<p>► PM007: Inani labathathi-nxaxheba kwiphulo/kwiprogram yokufunda nokubhala kaKha Ri Gude</p> <p>Ithagethi: 7 262</p> <p>Eyona kanye: 11 173</p> <p>Le program iqhutywa ngababoneleli-nkonzo abaqeshwe nabalawulwa kwinqanaba likazwelonke. Iphondo alinagunya lolawulo kwiinkcukacha-manani. Le ngcaciso ibonelelwe ngo-Apreli 2010 liSebe leMfundo esiSiseko (<i>Department of Basic Education</i>).</p>
<p>► PM008: Inani labathathi-nxaxheba kwiphulo/kwiprogram yokufunda nokubhala yephondo(kungabandakanywanga uKha Ri Gude)</p> <p>Ithagethi: 0</p> <p>Eyona kanye: 0</p> <p>ISebe iWCED likhetha ukunika inkxaso iprogram kaKha Ri Gude kazwelonke, ngoko ke akukho thagethi yamiselwayo kule khategori inganyanzelekanga (<i>optional category</i>).</p>

Inkqubela

Ngeli thuba lichaphazelekayo, kubekho ukwanda kwabafundi abayi-9 055 ababhalise kwiBakala R kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo (*Public Ordinary Schools*), xa kuthelekiswa nenani lango-2008; ukwanda kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo ezineemfuno ezizodwa zemfundo. Inani labaviwa abasisigxina beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke lande ukusuka ku-45408 ngo-2008 ukuya ku-46862 ngo-2009, ukwanda ngabaviwa abayi-1454. Kubekho nokwanda kwinqanaba labantu abadala ababhalise kumaziko emfundo oluntu ukuya kufikelela ku-38 053. Inani labafundi benqanaba 1 ibingu-11, 173. Oku kukwanda kwe-4,762 ukususela ngo-2008. Bekukho kuphela abaviwa abayi-2201 abongezelelweyo be-A(B)ET ababhalisela amabanga emfundo eGET kunyaka ochaphazelekayo.

Iqela lamaziko emfundo abe nokuhla kwamanani abafundi okungabhekanga kwiiKholeji zeFET.

Kubekho nobungqina bokuphucuka komgangatho wemfundo. Iziphumo zeBakala 6 zeemvavanyo zolwimi nemathematika zabonisa ukwanda okususela kwi- 44.8% kwabaphumelele uLwazi lokuFunda nokuBhala ngo-2007 ukuya ku-48.6% ngo-2009 nokususela kwi-14% yokupasa uLwazi lokuBala ngo-2007 ukuya ku-17.4% ngo-2009.

Abafundi abanesidanga sokuqala abayi-690 kwi-NC(V) Level 4 baphumelele ngereyithi yokupasa isifundo engu-84.8%.

Ukongeza apho, bekukho ootitshala abayi- 2281 ababhalise kumaziko emfundo ephakamileyo.

Imiba efuna uqwalaselo oluqhubelekayo

Amanani obhaliso, ukugcinwa kwawo neendawo zokufundela (*accommodation*) ukwenzela ukwanda kumanani abemi belizwe kwiphondo kuya kuqhubeka kufuna ukuthathelwa ingqalelo, njengoko kuya kwenziwa njalo ukubonelela ngootitshala abaqeqeshwe ngokufanelekileyo nangezibonelelo ezinika inkxaso ukufunda nokufundisa.

9.1 IProgram 1: Ezolawulo

Injongo yeprogram

Ukubonelela ngolawulo lwamacandelo onke nenkxaso kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kuZwelonke (*National Education Policy Act*), uMthetho woLawulo lwezeMali kaRhulumente (*Public Finance Management Act*) neminye imigaqo-nkqubo efanelekileyo.

Iprogram yolawulo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo:

I-Ofisi kaMphathiswa wezeMfundo

- ukulungiselela ngokwenziwa kweenkonzo kwi-ofisi yoMphathiswa wezeMfundo

IiNkonzo zeZiko

- ukubonelela ngeenkonzo zolawulo ezingqamananga ngqo nezemfundo kwinkqubo yezemfundo

ULawulo lwezeMfundo

- ukubonelela ngeenkonzo zolawulo lwezemfundo kwinkqubo yezemfundo

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

- ukubonelela ngophuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi abase-ofisini engundlunkulu

I-EMIS (Education Management Information System (EMIS))

- ukubonelela ngengcaciso yolawulo lwezemfundo ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo weNgcaciso yezeMfundo kaZwelonke (*National Education Information Policy*)

Uphuhliso lomgaqo-nkqubo weprogram ngo-2009/10

- Ukuphucula yonke imiba yolawulo lwezemali nemisebenzi yeze-akhawuntingi ukwenzela ukufikelela kwinqanaba lika *Level 4 kuphicotho lwezincwadi zemali (Level 4 audit)*

ST101	EZOLAWULO-Imiba ePhambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	Eyona kanye 2009/10
IINTLAWULO NGEPROGRAM ESEKELAYO (R'000)*					
1.1	I-ofisi yoMphathiswa wezeMfundo (MEC)	3,829	3,522	4,200	4,200
1.2	Iinkonzo zeZiko	186,652	214,259	218,176	217,745
1.3	ULawulo lwezeMfundo	142,806	136,384	154,576	154,574
1.4	Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	12,215	17,078	15,878	15,878
1.5	I-EMIS (Education Management Information System (EMIS))	15,968	22,286	23,208	23,208
ITOTALI		361,470	393,529	416,038	415,605
IINTLAWULO NGOKOKUHLLELWA KWEZOQEQESHO (R'000)*					
	Iintlawulo zalo nyaka-mali	324,340	327,798	355,877	355,847
	Imbuyiselo yabasebenzi	170,919	192,440	228,456	228,456
	Ootitshala	35,893	86,367	81,850	81,850
	Abasebenzi abangaboo ootitshala	135,026	106,073	146,606	146,606
	Iimpahla neenkondo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	153,421	135,358	127,421	127,391
	Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini	25,775	34,841	40,566	40,564
	Iintlawulo zee-capital assets	11,355	30,890	19,595	19,194
ITOTALI		361,470	393,529	416,038	415,605
IINKUKACHA-MANANI ZENTSEBENZO					
UKUQESHA KWABASEBENZI					
	Inani labasebenzi (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	170	131	144	117
	Inani labasebenzi abangaboo ootitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	1 237	858	827	872
IINKUKACHA-MANANI KWIISITIM ZOLAWULO					
	Inani lezikolo ezineSAMS (a)	1 452	1 452	1 455	1456
	Inani lezikolo ezine-imeyili	1 427	1 450	1 455	1450

ST101	EZOLAWULO-Imiba ePhambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	limali kanye ezifunyenweyo 2009/10
IMILINGANISELO YENTSEBENZO					
► PPM 101:	Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa ISA SAMS ukubonelela idatha kwisistim yokulandelela abafundi kazwelonke (national learner tracking system) ngexesha lokunika ingxelo	Umlinganiselo omisha	1 452	1 455	1456
► PM102:	Inani lezikolo ezizogqeshwe ngokupheleleyo ekubhaliseni iimodyuli (core registration modules) kwi-School Administration and Management System kwithuba lokunika ingxelo (ingcaciso yesikolo, ingcaciso ngabafundi nengcaciso yezemfundo)	Umlinganiselo omisha	100	850	100
► PM103:	Inani lezikolo ekunokuhagamshelwana nazo ngekhompyutha (e-mail) lisebe	Umlinganiselo omisha	1 450	1 455	1450
► PM104:	Ipesenti yabasebenzi abangoomama abesezi-ofisini kwiNkonzo yaBalawuli abakhulu (Senior Management Service)	Umlinganiselo omisha	33.30%	35%	28.85%
► PM105:	Ipesenti yoomama abazinqununu zezikolo	Umlinganiselo omisha	25.20%	33%	28.32%
► PM106:	Ipesenjeji yenkcitho yangoku ebhekiselele kwizinto ezinganxulumene nabasebenzi (non-personnel items)	22.20%	21.1%	22.70%	20.84%
Makuqatshelwe:					
1. Le Ngxelo yoNyaka inika ingxelo kwisethi entsha yeMlinganiselo yeNisebenzo kazwelonke (Performance Measures). Kwi-Annual Performance Plan (APP) ka- 2009/10 amanqaku afundeka ngoku hlobo: "Ngumlinganiselo weNisebenzo kaZwelonke omisha yiyo le nto kungekho daitha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango". Ngenxa yokuba iithagethi kufanele zimiselwe, kusetyenziswe uqikelelo ukwenzela inqanaba eliqikelelweyo ngo-2008/09 ngokusekelwe kwiisethi zedatha efanayo. Njengoko izinto zedatha kule Mlinganiselo yeNisebenzo misha ibingaboniswa kwiNgxelo yoNyaka ka2008/09 inkcazo yazo njenge-"Eyona kanye" mayithathelwe ingqalelo kwezo meko-bume.					
2. Iprojekthi ye-SA-SAMS isalingwa phambi kokuba kusetyenziswe imilinganiselo (going to scale).					
3. Kwi-PM 104 ne-PM105 iithagethi ziya kuchaphazeleka njengoko abantu bephuma bezishiya izithuba zengqesho.					
4. *Ithagethi ka-2009/10 yeNkcitho (Expenditure) linani loLwabiwo-Mali lokuGqibela (Final Appropriation) luka-2009/10					

ST102	Inkcitho ngento nganye (2009/10) R'000	1 Admin	2 POS	3 Indep	4 Spec	5 FET	6 ABET	7 ECD	8 Aux	Itotali
Iintlawulo zalo nyaka-mali		355,753	7,891,316	0	490,034	212,675	6,901	119,332	141,851	9,217,862
Imbuyiseko yabasebenzi		228,456	7,151,029	0	484,441	212,670	6,621	58,740	72,886	8,214,843
Ootitshala abasezi-ofisini		81,850	6,503,866	0	389,140	180,045	5,662	58,415	30,611	7,249,589
Imivuzo nemihloho (Salaries and wages)		71,387	5,665,713	0	339,481	157,362	5,551	49,990	27,099	6,316,583
Iintlawulo zezentlalo (Social Contributions)		10,463	838,153	0	49,659	22,683	111	8,425	3,512	933,006
Abasebenzi abangengabo ootitshala		146,606	647,163	0	95,301	32,625	959	325	42,275	965,254
Imivuzo nemihloho (Salaries and wages)		131,786	561,996	0	82,281	27,671	861	292	38,083	842,970
Iintlawulo zezentlalo (Social Contributions)		14,820	85,167	0	13,020	4,954	98	33	4,192	122,284
Iimpahla neNkonzo		117,902	740,287	0	5,593	5	280	60,592	68,965	993,624
I-inventri		10,124	330,426	0	227	0	34	222	20,333	361,366
Izibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa (LTSM)		24	191,119	0	165	0	-	125	720	192,153
Izinto zokubhala nokuprinta		5,808	9,173	0	9	0	34	97	19,573	34,694
Okunye		4,292	130,134	0	53	0	0	0	40	134,519
Iinkonzo zabacebisi, ezeekhontraka neenkonzo ezizodwa		31,616	7,483	0	0	0	0	10,621	13,202	62,922
Izixhobo ezingaphantsi kwe-R5, 000		2,926	10,659	0	0	0	0	46	29	13,660
Ukulondolozwa kwezakhiwo		9,851	150,199	0	0	0	0	14,419	378	174,847
Iingqeshiso ezisebenzayo		2,078	4,158	0	0	0	0	-	592	6,828
Ezothutho zabafundi		749	145,728	0	0	0	8	1,122	10	147,617
Ezinye iimpahla neenkonzo		60,558	91,634	-	5,366	5	238	34,162	34,421	226,384
Inzala, nerenti yemihlaba		0	0	0	0	0	0	0	0	0
Inzala		0	0	0	0	0	0	0	0	0
Irenti yemihlaba		0	0	0	0	0	0	0	0	0
Ii-Financial transactions kwii-asethi nee-liabilities		9,489	0	0	0	0	0	0	0	9,489
Inkcitho engagunyaziswanga		0	0	0	0	0	0	0	0	0

ST102	Inkcitho ngento nganye (2009/10) (Isaqhubeka)	1 Admin	2 POS	3 Indep	4 Spec	5 FET	6 ABET	7 ECD	8 Aux	Itotali
Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini			513,983	55,522	104,246	156,242	22,578	169,288	102,123	1,164,656
Oomaspala										-
li-arhente zesebe nee-aakhawunti										-
Amaziko angenzi ngeniso	37,117	487,986	55,522	102,011	126,988	22,578	169,154	100,118	1,101,474	
Izikolo zeSiqendu 21	5	303,938	0	0	0	0	0	74	304,017	
I- LTSM	0	254,077	0	0	0	0	0	0	254,077	
Izixhobo ezilulutho	0	41,045	0	0	0	0	0	74	41,119	
Ukulondolozwa kwezakhiwo	5	8,816	0	0	0	0	0	0	8,821	
Iinkonzo ezenziweyo	0	0	0	0	0	0	0	0	0	
Amanye amaziko ezemfundo	37,003	184,048	55,522	102,011	126,988	22,578	169,154	100,044	797,348	
Ezamaziko ezemfundo	3,556	25,997	0	2,235	29,254	-	134	2,005	63,181	
Iintlawulo zee-capital assets	19,207	182,061	0	29,324	0	0	0	232	230,824	
Izakhiwo nezinye izittraksha ezingenakushenxiswa	0	180,089	0	29,324	0	0	0	0	209,413	
Izakhiwo	0	0	0	0	0	0	0	0	0	
Iihostele	0	0	0	0	0	0	0	0	0	
Izikolo ezitsha	0	0	0	0	0	0	0	0	0	
Iiklasi ezongezelelweyo	0	0	0	0	0	0	0	0	0	
Ezinye izongezelelo	0	0	0	0	0	0	0	0	0	
Okunye	0	0	0	0	0	0	0	0	0	
Izakhiwo nezinye izittraksha ezingenakushenxiswa	0	180,089	0	29,324	0	0	0	0	209,413	
Oomatshini nezixhobo	9,907	1,972	0	0	0	0	0	109	11,988	
Izixhobo zezothutho	123	58	0	0	0	0	0	0	181	
Abanye oomatshini & nezixhobo	9,784	1,914	0	0	0	0	0	109	11,807	
I-software nezinye ii-asethi ezizii-intangible assets	9,287	0	0	0	0	0	0	123	9,410	
ITOTALI IYONKE	415,605	8,587,360	55,522	623,604	368,917	29,479	288,620	244,206	10,613,313	

Imilinganiselo yentsebenzo: lingxoxo ngoMahluko
<p>► PPM 101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa iSA SAMS ukubonelela idatha kwisistim yokulandelela abafundi kazwelonke (<i>national learner tracking system</i>) ngexesha lokunika ingxelo</p> <p>Ithagethi: 1 455 Eyona kanye: 1 456</p> <p>ISebe iWCED lakhetha ukuqalisa isistim yokulandela abafundi (CEMIS) phambi kokuba kuqaliswe iSA-SAMS. Nangona ingezizo zonke izikolo ezine-School Administration and Management System (SASAMS) ezisebenzayo, zonke izikolo zine-Central Education Management Information System (CEMIS) ezisebenzayo. I-CEMIS iqhagamshelene ngqo nesistim yokulandelela abafundi (<i>national tracking system</i>), i-Learner Unit Record Performance and Tracking System (LURITS) nazo zonke izikolo zeCEMIS zinokubonelela ngedatha yeSASAMS eyimfuneko.</p>
<p>► PM 102: Inani lezikolo eziqeqeshwe ngokupheleleyo ekubhaliseni iimodyuli (<i>core registration modules</i>) kwi-School Administration and Management System kwithuba lokunika ingxelo (Inkcukacha ngeSikolo, ngaBafundi nangooTitshala (<i>School Information, Learner Information and Educator Information</i>))</p> <p>Ithagethi: 850 Eyona kanye: 100</p> <p>Ingcaciso engezikolo iyafumaneka kuzo zonke izikolo kwi-CEMIS nengcaciso engootitshala iyafumaneka kwi-Human Capital – Leave Management System (HC-LMS) kwizikolo zikarhulumente. I-SA-SAMS esebenza ngwebhu (<i>web-enabled</i>) (i-SAMS) yenzelwe ukuhlanganiswa ne-CEMIS ne-HC-LMS. Ngenxa yokuntshonkotha kweemeko ezithile nemingeni yeemeko ezingqongwe iSebe iWCED (umba wexesha ezikolweni nokungqinelana neSITA) nokunqongophala kwezibonelelo zababonelelinkonzo, ukuqulunqwa (<i>development</i>) kwe-SAMS kuye kwalibaziseka kwaye ke ngoko kulungiselelwe ukuphunyezwa kunyakamali ka-2010/11. Ngenxa yesi sizathu, kuphela zizikolo eziyi-100 ezilingwayo eziqeqeshwe kwii-core modules ze-SA-SAMS, lo gama kusalingwa ne-User Acceptance Testing ye-i-SAMS. Ngenxa yoku, akufikelelwangwa kwithagethi kwaza kwenziwa uqikelelo oluye lwajongiswisa kwakhona, oluyinyani nolusekelwe kwiziphumo zenkqubo ebilingwa, ukwenzela i-APP ka-2010/11.</p>
<p>► 103: Inani lezikolo ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (i-imeyili) lisebe</p> <p>Ithagethi: 1 455 Eyona kanye: ziyi-1450 kweziyi-1456</p> <p>Izikolo ezithandathu akukwazeki ukuqhagamshelaba nazo nge-imeyili. Izikolo i-Bardale Secondary, iSolomon Qatya ne-Witteklip Primary zavulwa nge-1 Januwari 2010. Sele kuqaliswe amalungiselelo okuba ziqhagamshelane nabaBoneleli-nkonzo be-Intanethi abakhethwe ngabo (<i>Internet Service Providers</i>). Izikolo i-Hindle Road West Primary, iPietersfontein NGK Primary ne-Vleiplaas NGK Primary, zinengxaki yokubiwa kwekheyibhili zekopolo zakwaTelkom (<i>Telkom copper cables</i>). ISebe iWCED kungokunje liphonononga izisombululo ezizezinye ezingabizi xabiso liphezulu zonxibelelwano olungasebenzisi zikheyibhili (<i>alternate wireless solution</i>) kwizikolo ezingenakhonekthivithi okanye ezinekhonekthivi ekumgangatho ophantsi. Ngenxa yekhonekthivithi ekumgangatho ophantsi nokubiwa kweekheyibhile kwezinye iingingqi, ezinye izikolo zibanengxaki nje yokusebenza kuka-intanethi ngexesha elithile (<i>intermittent e-mail functionality</i>). Umba we-Broadband connectivity uphononongwa kwinqanaba likazwelonke.</p>
<p>► PM 104: Ipesenti yabasebenzi abangoomama abesezi-ofisini kwinqanaba leNkonzo yaBalawuli abakhulu (<i>Senior Management Service</i>)</p> <p>Ithagethi: 35% Eyona kanye: 28.85%</p> <p>Ngamabhinqa ama-4 nendoda enye (1) abangamalungu eSMS ayishiyileyo inkonzo yeWCED kunyaka-mali ochatshazelelweyo neHOD entsha ethe yaqalisa. Njengoko bekukho isigqibo sokungazalisi nasiphi na isithuba sengqesho kwaNdlunkulu sexesha elifutshane, ithagethi iye yachaphazeleka ngendlela embi.</p>
<p>► PM105: Ipesenti yoomama abaziinqununu zezikolo</p> <p>Ithagethi: 33% Eyona kanye: 28.32%</p> <p>Nangona le thagethi iyithagethi enqwenelekayo, kuye kwakho inkqubela eyenziweyo ngokumalunga nayo. Umba osisithintelo ngulo wokuba isantya sotshintsho sixhomekeke kumanani eenqununu abayishiyayo inkonzo kwelo thuba linikiweyo.</p>
<p>► PM 106: Ipesenteji yenkcitho yangoku ebhekiselele kwizinto ezinganxulumene nabasebenzi ezikolweni</p> <p>Ithagethi: 22.70% Eyona kanye: 20.84%</p> <p>Inkcitho enganxulumananga nabasebenzi ingaphantsi kwethagethi ngenxa yokuba phezulu kotshintsho olulindelekileyo kumba wokubuyiselwa kwabasebenzi, kwakunye nenkcitho yokuhlawula ootitshala be-OSD.</p>

Inkqubela

Ukuzaliswa kwezithuba zengqesho

Inani lezithuba zengqesho lande ukusuka ku-2 ukuya ku-5. Lo mbandela uhamba ngendlela kwaye kujongwe ngomdla kwireyithi yesantya sokugqitywa kwamalungiselelo okuqeshwa kwabantu abayi-136 kwii-ofisi zezithili ngexesha ebelithenjisiwe. Njengoko sele kuchaziwe, kuye kwapheliswa okanye kwahlenga-hlengiswa izithuba zengqesho zamagosa asekondiweyo naqeshwe ngemvumelwano okwethutyana, kwaza kwabhengezwa, kwazaliswa izithuba zengqesho ezifanelekileyo nezii-pprayorithi kwizithili zemfundo ngoJanuwari kwangexesha ukwenzela ukuba abo baqeshiweyo bangene kwizithuba zabo ngomhla woku- 1 ku-Apreli.

Ukwabiwa kwakhona (re-assignment) kwebhajethi

Bekugxininiswa kwiBakala 11 kwithuba elichaphazelekayo. Kubonelelwe iincwadi zezifundo zebakala 11 ezixabisa R 52 450 740 kwizikolo eziziisekondari zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-365. Kwabekelwa bucala inkxaso-mali eyongezelelweyo ukwenzela injongo yokuthenga iincwadi zezifundo kuzo zonke izikolo ezafumana iziphumo zereyithi yokupasa engaphantsi ko-60%. Ukwenzela ukuba kuhlangebezwane neemfuno eziqatshelweyo ngoJanuwari 2010 ekuvulweni kwezikolo, kwabonelelwa ngeencwadi zezifundo ezongezelelweyo kwizifundo eziphambili kubafundi beBakala 12 (R1,5m).

Ukwandiswa kweCentral Education Management Information System (CEMIS)

Iisistim zeWCED zihlanganise kunye ne-*i-SAMS*. Izikolo ngoku zinako ukusebenzisa iCEMIS *online* ukubhalisela iimvavanyo zeBakala 3, 6, 9 neemviwo zeBakala 12. U-*EduInfoSearch (EIS)* usetyenziselwa ukunika ingxelo ngemeko yeesaveyi neengxelo ezongezelelweyo ziyongezwa kwi-EIS xa kwenziwe isicelo soko. Izithuba zengqesho ezabelwe amaziko zabalwa kusetyenziswa iEIS. Kukho inkqubo eyi-*online functionality* entsha ukusingatha iinguqu zezifundo kumaBakala 10-12. Isibonelelo sokuvumela izithili zemfundo ukuba zigcine iiprofayili senziwa saqulunqwa saza saqaliswa ukusetyenziswa.

I-District Management Information System (DMIS).

I-DMIS ijolise ekuboneleleni izithili zemfundo ngesixhobo ukuze zibenako ukucwangcisa nokulandelela amathuba okuhanjelwa kwesikolo. Ixabiso loku kukuba le miba inokuphakanyiswa ize ilandelelwe de kubekho izisombululo. Isixhobo sivumela abaphathi ukuba baloge bangene (*log in*) baze balandelele intsebenzo kwinqanaba elisezantsi (elenkcukacha) okanye kwinqanaba lezinto eziqhubekayo (*level of trends*) kumagosa, kwisekethe nesithili zemfundo. Konke oku kuya kwandisa ukuba nokuphendula, kunciphise ixesha elichithwa ekunikeni ingxelo nokuququzelela isisombululo kwiingxaki nokunika inkxaso ukwenziwa kweenkonzo. Uqeqesho oluyi-*master level training* kwiDMIS lugqityiwe kwizithili zemfundo eziyi-7 kweziyi-8 kwaye ezi zi-7 izithili zemfundo ziqhuba iiseshoni zangaphakathi zoqeqesho olulandela olo. Zonke izithili zemfundo eziyi-8 zaqalisa ukusebenzisa isistim eyi-*live system* nge-1 Apreli 2010.

Iisistim zeFET

Emva kothetha-thethwano oluthathe ixesha elide phakathi koMboneleli-nkonzo, iSITA, iikholeji zeFET neSebe iWCED, kuye kwafikelelwa kwisigqibo semvumelwano ngowe-4 Matshi 2010 esafakela uqhagamshelwano phakathi kweCEMIS ne-FET BMS esacetywayo ukuqinisekisa ukulandelelwa kwabafundi kwiZikolo zikaRhulumente eziqhelekileyo ukuya kwiikholeji zeFET. Ezi nkukacha ngesistim ebanzi kunoku (*the broader system*) kuya kugqitywa ngazo kwezi nyanga zimbalwa zizayo kunye nabo bonke abachaphazelekayo.

Izingeni ethile (specific) nezisombululo

Umngeni 1

Ukuhlanganiswa kwamanyathelo ngamanyathelo (*measures*) oqinisekiso lwemigangatho nokwazi ukuphendula (*accountability*) ngumngeni kwiSebe iWCED. Kubalulekile ukuqinisekisa ukuba la manyathelo anokukhokelela ekuphuculeni ukufunda nokufundisa yaye angabonwa njengento enokuphelela eluhayeni kungenziwa nto ngawo.

Isisombululo kuMngeni 1

ISebe iWCED lijongene/lixhomekeke kwiinkqubo ezibanzi ezahlukileyo zokubeka esweni, ukuvavanya nokuphendula ngokuqhubekayo. Ukongeza kumaqhina oqhagamshelwano amiselweyo kunye neSebe leMfundo esiSiseko neSebe iWCED, ezi nkqubo zibandakanya oku kulandelayo:

- Ukuphicothwa kweenkqubo zolawulo lwezemali (*financial management processes*) qho ngonyaka yi-ofisi yoMphicothi-zincwadi wephondo (*provincial Auditor-General's office*): isebe lifuna ukuqinisekisa ukuba umgangatho wolawulo lwezemali ukugcina ingxelo yophicotho-zincwadi enganamakhwiniba (*an unqualified audit report*). Icandelo lophicotho-zincwadi langaphakathi linceda ekuphuculeni indawo yolawulo.

- Ukubakho kwiiseshoni eziqhelekileyo neKomiti yeePhotifoliyo zezeMfundo neKomiti eSebenzayo kwii-Akhawunti zikaRhulumente kwiPalamente yePhondo
- lintlanganiso nabachaphazelekayo kwezemfundo abahlukileyo rhoqo ngamathuba athile nguMphathiswa wezeMfundo neNtsumpa-Jikelele ukuze babelane ngengcaciso ngezinto eziqhubekayo zakutshanje kwezemfundo okanye beve ngeengxaki ezehlela ootitshala nabaphathi bezikolo
- Imfuno eyimbophelelo (*obligation*) yokuba kungeniswe ingxelo yonyaka engemisebenzi yezi ntlanganiso kwiNdlu yoWiso-mthetho (Uxwebhu oluyiNdxelo yoNyaka lunokufumaneka kuluntu ngokubanzi kwaye lunika uluntu lwezemfundo ithuba lokubeka esweni iinkqubo zesebe, ngokunxulumene nemithetho yolawulo neemigaqo-nkqubo kwakunye nezicwangciso zobuchule zalo (*legislative and policy mandates and its strategic plans.*)
- Ubeko-sweni novavanyo oluqhubeka okoko oluqhutywa licandelo loqinisekise lwemigangatho kwisebe.
- Zonke iinkqubo ezimalunga novavanyo neemviwo kumaCandelo eGET neFET, kuqinisekiswa umgangatho wazo ngu-Umalusi, iBhunga loQinisekiso lweMigangatho (Further and Training Education and Council for Quality Assurance) ngokoMthetho woQinisekiso lweMigangatho kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo Training Quality Assurance Act, 2001 (UMthetho No 58 ka-2001)

Umngeni 2

Ukubanako ukuphendula nenkqubela ekwenziweni kweenkonzo, yimiba efuna uqwalaselo kuye nawuphi na urhulumente olawulayo osemagunyeni (*bureaucracy*), ngakumbi kulo umkhulu ngolu hlobo lweSebe iWCED.

Isisombululo kuMngeni 2

Ukuphuculwa kweenkqubo zoshishino ngumba ophambili ekuphuculweni kwesiCwangciso soPhuculo loKwenziwa kweNkonzo (*Service Delivery Improvement Plan*) esixininisa kwizinto eziqatshelwe kwiSaveyi iCustomer Satisfaction Survey–eqhutywa okokuqala ngo-2009.

Imiba efuna uqwalaselo oluqhubekayo

I-EMIS (Education Management Information System (EMIS) I-EMIS iya kunika inkxaso iWCED ngokumisela (*setting up*) nokulondoloza iisistim zengcaciso ukunceda ukulandela nokubeka esweni inkqubela yazo. Igridi yengcaciso iya kwenziwa ibe yefumanekayo, nequlethe okuninzi kwaye kube lula ukuyisebenzisa kwabo bafuna ukusebenzisa izixhobo zokwenza nokungqinisisa izigqibo. Isistim ye-*software eyi-web-enabled central school administration software* (i-SAMS) iya kuqaliswa ngezigaba ngezigaba (progressively) ezikolweni kwiminyaka emithathu ezayo njengenkqubo yomgangatho wolawulo lokusebenza kwesikolo (*operational school administration standard*). Isixhobo sokunika ingxelo solawulo (*management reporting tool*) (*EduInfoSearch*) siya kwandiswa. Ukusebenza kweekhompyutha (*online functionality*) ezikunxibelelwano kuya kwandiswa ngokulandela inkqubo zoshishino.

Isisombululo seDMIS siya kubonelela ngendawo yokugcina ingcaciso (*central storage of information*) ukulungiselela kanye ngqo iinkqubo zoshishino kwizithili zemfundo, ukubeka esweni nokuvavanya ngempumelelo, kwanokuqinisekisa ukunika ingxelo okuyimpumelelo. Ngaphezu koko, kuyimfuneko ukuba isisombululo sibonelele ngonxibelelwano (*interface*) kwezinye iisistim zeWCED ezifana no-*EduInfoSearch*, *CEMIS*, ikhalenda yeziganeko, i-*Human Capital – Leave Management System* (HC-LMS), iPesali, njl.njl.

Kuya kuphuculwa ukusebenza kweDMIS (*Districts MIS*) kwinto yonke ngokuqinisekisa ukwenziwa kwenkonzo okuyimpumelelo ngokwenza oku kulandelayo:

- ukwenziwa kwamalungiselelo okubhalwa kwengcaciso okucwangcisiweyo ukwenzela ulawulo;
- iinkqubo zoshishino ezilungiselelwe iimeko nezisemgangathweni kwizithili zemfundo;
- ukubeka esweni okusebenza ngempumelelo novavanyo lwamaphulo ongenelelo ngoncedo;
- ukunika ingxelo nokucwangcisa okuphuculweyo;
- ukusetyenziswa okuyimpumelelo kwabasebenzi kwizithili, kwakunye
- nokwenziwa kweenkonzo okuphuculweyo nokuyimpumelelo.

I-Enterprise Content Management (ECM)

Ukuqalisa nokuphumeza isiCwangciso iWCED *ICT Strategic Plan* esiqala ngokwazisa isisombululo seEnterprise Content Management (*ECM*) kwiWCED ngokusebenzisa inkqubo yezigaba, eqala ngokungqinelanisa nesiCwangciso seSebe loMphathiswa se-*e-Filing (Department of the Premier (DotP)'s e-Filing strategy)* sePGWC.

9.2 IProgram 2: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente

linjongo zeprogram

Ukubonelela ngemfundo eqhelekileyo ukususela kwiBakala 1 ukuya kwiBakala 12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996

Iprogram yeMfundo kwiSikolo esiQhelekileyo (*Ordinary School Education programme*) inezi program zisekelayo zilandelayo:

Izikolo zikarhulumente eziziprayimari

- o ukubonelela izikolo eziziprayimari zikarhulumente ezithe ngqo ngezibonelelo eziyimfuneko kwisigaba seBakala 1 ukuya kwiBakala 7

Izikolo zikarhulumente eziziisekondari

- o ukubonelela ngezibonelelo ezithe ngqo kwizikolo eziziisekondari zikarhulumente eziqhelekileyo eziyimfuneko kumaBakala 8 ukuya kwiBakala 12

Iinkonzo zokufundisa

- o ukubonelela ootitshala nabafundi kumaziko eenkonzo zenkxaso aphethwe lisebe

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

- o ukubonelela ngoqeqesho nolunye uphuhliso loqeqesho lootitshala nabangezotitshala

IProgram yoKutyiswa kwaBantwana beSikolo kaZwelonke (National School Nutrition Programme)

- o ukubonelela ngokona kutya kuncinane kuya kufunwa ngabafundi abaqatshelweyo abathwaxwa yintlupheko nabalambileyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukuze bafunde ngempumelelo esikolweni

Uphuhliso lomgaqo-nkqubo weprogram ngo-2009/10

Kungokunje kujongiswa inkxaso-mali yezikolo ye-“Mimiselo neMigangatho” ngokumalunga nenkqubo yokuhlelwa ngokwamanqanaba okuhlwempuzeka asetyenziswa liSebe leMfundo esiSiseko kuZwelonke. Oku kunokubandakanya ukutshintshwa kwenkqubo yamanqanaba okuhlwempuzeka, esetyenziselwa injongo yokuqinisekisa ulwabiwo-mali lwezikolo (*school allocation*), kwisikolo esihlawulisa iifizi esilawulwa yinkqubo emisela ulwabiwo-mali lwesikolo ngokusekelwe “kwiifizi ezisebenzayo (*effective fee*)” o.k.t. iifizi ezingumyinge eziqokelelweyo.

ISebe leMfundo esiSiseko kungokunje lithathela ingqalelo inkqubo yokubuyisela izikolo ekunyinyiseni iifizi okuvunyiweyo.

UMthetho oYilwayo oFakela iZilungiso kwiMithetho yeMfundo esiSiseko, 2009 (*Basic Education Laws Amendment Bill, 2009*): ISebe leMfundo kuZwelonke lapapasha lo Mthetho uYilwayo oFakela iZilungiso kwiMithetho yeMfundo esiSiseko ukwenzela ukuba kwenziwe iikhomenti, nge-9 Disemba 2009, kwiGazethi kaRhulumente No. 32790. Injongo yalo Mthetho uYilwayo phakathi kwezinye izinto: kukubonelela ngokwenziwa kwamasebe emfundo amabini kazwelonke nemibandela enxulumene noko, ukuze ngokwenza oko kufakelwe izilungiso kuMthetho i-*National Education Policy Act (NEPA)* noMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*); kufakelwe izilungiso kwingcaciso-magama angala: “umzali” ne“mali-mboleko”; kulungiselelwe iindidi ezahlukeneyo zezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa; kongezwe imisebenzi yeenqununu zezikolo; kuze kuqeqeshwe amabhunga olawulo yimibutho eyaziwayo yamabhunga olawulo (*recognised governing body association*).

UMthetho oYilwayo oFakela iZilungiso kuMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 2010 (*Western Cape Provincial School Education Amendment Bill, 2010*), wapapashwa ukwenzela ukuba uluntu lwenze iikhomenti, kwi-*Provincial Gazette Extraordinary, No. 6705*, nge-5 Matshi 2010, kunye neekhomenti zoluntu (*public comments*) ezilindeleke phambi okanye ngowe-16 Apreli 2010. UMthetho oYilwayo, phakathi kwezinye izinto, ujolise ekubeni ungqinelanise uMthetho i-*Western Cape Provincial Schools Act, 12 ka-1997*, noMthetho weZikolo woMzantsi Afrika, 1996 (UMthetho 84 ka-1996) (*South African Schools Act, 84 of 1996*) othe wafakelwa izilungiso amaxesha asibhozo (8) kwangelo thuba linye; ukwandisa amagunya okwenza imigaqo-nkqubo yezemfundo oMphathiswa weMfundo wePhondo namagunya okuqulunqa imithetho eNtloko yeSebe; ukwenza amalungiselelo okuhlolwa kwezikolo; ukulawula ngokutsha ukusekwa nemisebenzi yebhunga lezemfundo lephondo; ukubonelela umahluko ophakathi kwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zabafundi

abanezithintelo ekufundeni nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezinokubonelela ngemfundo ejolise kwiimfuno ezithile; ukugunyazisa uMphathiswa wePhondo ukuba amisele imimiselo nemigangatho malunga neziseko zophuhliso ezingundoqo nokwazi ukusebenza (*capacity*) kwabasebenzi kwizikolo zikarhulumente; ukuthintela izinto eziyingozi, iziyobisi ezingekho mthethweni notywala obunxiliso kumasango esikolo; ukuthintela iintshukumo zezopolitiko (*political activities*) esikolweni nangethuba lesikolo; ukuthintela ukuhlawulwa kwemivuzo engagunyaziswanga kubaqeshwa abathile; ukubonelela ngokuba ootitshala abathile baya kuthathwa njengabakhutshiweyo enkonzweni kwiimeko ezithile, nokunciphisa ithuba lokufakwa kwezikhalazo ezithile. Sele zifunyenwe iikhomenti ezingalo Mthetho oYilwayo yaye sekwenziwe neengxoxo zothetha-thethwano nabachaphazelekayo (*stakeholders*).

I-NCS kumaBakala R – 12:

1. Emva kokupapashwa kwengxelo yekomiti ephathiswe umsebenzi wophunyezo lweNCS ngo-Oktobha 2009, kwapapashwa (kwi-GG 32836 no.1227 ye-29 kaDisemba 2009) ukuba iiphotifoliyo nemisebenzi eqhelekileyo yovavanyo (IiCTAs zeBakala 9) ziza kupheliswa ngoko nangoko. Inani leprojekthi ezifunekayo lancitshiswa kwisifundo ngasinye.

2. Ukwenzela ukuba kuncedwe izikolo ekwenzeni izicwangciso, iSebe iWCED lazisa iinqununu, ootitshala nabazali ngezi nguqu phambi kokuba izikolo zivalwe ngo-2009.

3. Iinguqu ezizezinye eziya kuqaliswa ngo-2011 zabhengezwa nazo ngokunjalo: linkalo zezifundo ezimbalwa kwiSigaba esiPhakathi, ukufundiswa kwe-*English FAL* njengeprayorithi ukususela kwiBakala 1; iimvavanyo zenkqubo yezemfundo zaqho zangaphandle (*regular external systemic assessment*) zeMathematika, zeeLwimi zaseKhaya (*Home Languages*), uLwimi i-*English First Additional Language* kumaBakala 3, 6 no-9; nokuqulunqwa kwamaxwebhu oMgaqo-nkqubo i-*National Curriculum and Assessment Policy documents* kwinkalo yesifundo nganye.

UMgaqo-nkqubo wezoThutho lwaBafundi weWCED (*WCED Learner Transport Policy*) kwiZikolo zikaRhulumente: Injongo yalo mgaqo-nkqubo kukubonelela ngeekhrayitheriya ezicacileyo zokuthathwa kwezigqibo zokuba kubonelelwe kusini na ngezithuthi kubafundi abakwizikolo zikarhulumente beSebe leMfundo leNtshona Koloni, nokubeka phambili (*prioritise*) ukubonelelwa kwezithuthi kwiingingqi ezisemaphandleni (*peripheral and outlying areas*) ezikumgama we- 5km nangaphezulu kwesona sikolo sikufutshane sifanelekileyo apho zikhoyo izithuthi zikarhulumente ezifumanekayo. Umgaqo-siseko wapapashelwa ukuba kwenziwe iikhomenti ngawo kwiGazethi kaRhulumente yePhondo (*Provincial Gazette Extraordinary*) nge-27 Matshi 2009, waza wasiwa ezikolweni nakwabachaphazelekayo nge-8 Apreli 2009, ukuze umhla wokuvala kwikhomenti ube yi-30 Meyi 2009. Iikhomenti namaxwebhu angeniswayo kwidrafti athathelwa ingqalelo.

Ukujongiswisa koMgaqo-nkqubo weWCED ongokuBonelelwa, ukuVulwa, nokuDityaniswa noKuvalwa kweZikolo zikaRhulumente (*Provision, Opening, Merger and Closing of Public Schools*)

Umgaqo-nkqubo oyidrafti ubonelela ngenkqubo-sikhokelo eya kunceda iSebe iWCED ukuba likungxamise ukusekwa, ukuvulwa nokudityaniswa nokuvalwa kwezikolo zikarhulumente okanye amaziko emfundo karhulumente. Lo mgaqo-nkqubo uya kuchaza iinkqubo eziya kwenza igalelo lokuba izikolo zibe nezibonelelo ezikhulu, ezingcono ePhondo leNtshona Koloni. Ukufakelwa kwezilungiso kumgaqo-nkqubo okhoyo kugqitywe. Yakuba idrafti yoxwebhu igqityiwe liCandelo leYunithi yoKunika iNkxaso eKwenziweni kweMisebenzi (*Operational Support Unit (DOS)*), kuya kuthethwana nalo malunga nabathathi-nxaxheba abafanelekileyo.

UMthetho iGovernment Immovable Asset Management Act (GIAMA) – Ucwangciso lweziseko zophuhliso (*Infrastructure Planning*). Oomasifundisane babebanjwe ngo-2009/10 ukwenzela ukuxhobisa amagosa malunga nokuphunyezwa kwalo Mthetho. Ukususela ngo-2010/11, IziCwangciso zeZiseko zoPhuhliso maziqulunqwe ngokwemigaqo yalo Mthetho. UNondyebo kaZwelonke (*National Treasury*)-wacacisa isiCwangciso seZiseko soPhuhliso sexa elizayo indawo yaso iya kuthathwa yi-*National Public Works*- ecaciswa njenge-*User Asset Management Plan (U-AMP)*

Umgaqo-nkqubo kazwelonke woKubonelelwa okuLinganayo kweNdawo eKhuthaza ukuFunda nokuFundisa (*Equitable Provision of an Enabling School Physical Teaching and Learning Environment*). Amaxwebhu oMgaqo-siseko oyidrafti neMimiselo neMigangatho amkelwa ukuze kwenziwe iikhomenti ngawo yi-CEM neKhabhinethi yaza yapapashelwa iikhomenti ngoNovemba 2008. Iikhomenti nenkcazo ezixhasayo zoluntu zathathelwa ingqalelo zaza iidrafti zafakelwa izilungiso ezifanelekileyo. La maxwebhu mabini avunywa nguMphathiswa ngoJulayi 2009 kwaye angeniswe kuMphathiswa wezeMali ukwenzela ungqinelwaniso lwawo (*concurrency*). Lo mgaqo-nkqubo ulindele ukuba ubhengezwe ngokusesikweni.

UMgaqo- nkqubo ongokuHamba iSikolo kwaBafundi

Uphando ngokungahambi isikolo kwabafundi kwinkqubo yoKufunda yaseMzantsi Afrika lufumanise ukuba ulawulo lokungahambi isikolo kwabafundi alufani kwizikolo zonke nakumaphondo. Ngo-2008, iSebe leMfundo lacebisa ukuba kuveliswe umgaqo-nkqubo ongokuhamba isikolo kwabafundi. Lo mgaqo-nkqubo wapapashwa ukwenzela ukuba kwenziwe iikhomenti, ngo-2009. Kwenziwe ilinge lawo (*pilot study*) kwa-KZN naseFreyistata yaye lo Mgaqo- nkqubo ongokuHamba iSikolo kwaBafundi uza kubhengezwa ngoMeyi ukuze uphunyezwe ngoJanuwari 2011.

ST201	IMFUNDO YESIKOLO SIKARHULUMENTE ESIQHELEKILEYO- Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	Ilimali kanye ezifunyenweyo 2009/10
IINTLAWULO NGEPROGRAM ESEKELAYO (R'000)*					
2.1	Izikolo zikarhulumente eziziprayimari	3,503,102	4,085,516	4,915,753	4,885,119
2.2	Izikolo zikarhulumente ezizisekondari	2,428,511	2,874,010	3,157,191	3,149,110
2.3	Iinkonzo zokufundisa	216,841	339,108	380,940	376,208
2.4	Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	20,454	30,615	59,172	59,172
2.5	Igranti ephuma ngokwemiqathango	53,075	81,286	117,751	117,751
Itotali		6,221,983	7,410,535	8,630,807	8,587,360
IINTLAWULO NGOKOKUJHELELWA KWEZOQEQESHO (R'000)*					
	Iintlawulo zalo nyaka-mali	5,625,189	6,779,686	7,897,209	7,891,316
	Imbuyiselo yabasebenzi	5,091,264	6,164,427	7,151,029	7,151,029
	Ootitshala	4,597,411	5,601,008	6,503,866	6,503,866
	Abasebenzi abangangabo ootitshala	493,853	563,419	647,163	647,163
	Iimpahla neenkonzo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	533,925	615,259	746,180	740,287
	Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini	455,517	454,906	518,767	513,983
	Iintlawulo zee-capital assets	141,277	175,943	214,831	182,061
Itotali		6,221,983	7,410,535	8,630,807	8,587,360
IINKCUKACHA-MANANI ZENTSEBENZO					
	Abafundi (a)	911 412	912 763	922 763	913 965
	Iintsuku ezinokubakho zokufunda ngomfundi ngamnye (b)	191	200	195	198
	Inani looTitshala (abaqeshwe ngurhulumente) bezikolo eziziprayimari neeSekondari (d)	28 457	27 271	29 513	28 995
	Inani lootitshala abaqeshwe isisigxina abazishiyileyo izikolo zikarhulumente eziziqhelekileyo (e)	1 320	1 521	1 300	1 046
	Ireyithi yokuncipha kwamanani abasebenzi ngenxa yeemeko ngeemeko (e/d)	4.60%	5.60%	4%	3.6%
	Iintsuku zokusebenza ezinokubakho ngotitshala ngamnye (f)	195	204	199	200
	Izikolo ezingezizo ezeSiqendu 21 ezifumana iL TSM ngosuku lokuqala lonyaka (h)	456	422	405	405

ST201 IMFUNDO YESIKOLO SIKARHULUMENTE ESIQHELEKILEYO -Imiba ephambili -(Isaqhubeka)				
	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	Iimali kanye ezifunyenweyo 2009/10
IINKUKACHA-MANANI ZEMFUNDO EBANDAKANYA BONKE ABAFUNDI				
Abafundi abaneelMfuno eziZodwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (i)	15 110	12 758	13 258	13 765
IINKUKACHA-MANANI ZEPROGRAM YOKUTYISWA KWABANTWANA YEZIKOLO				
Abafundi abazuzayo kwiprogram yesondle yezikolo (j)	233 420	334 287	335,000	334 287
Ukufikelela kweprogram ngokomyinge weentsuku ngomfundi ngamnye (k)	170	198/184	198/184	198/170**
IINKUKACHA-MANANI ZENKQUBO YEZOTHUTHO LWABAFUNDI				
Inani labafundi abaxhamlayo kwinkqubo yezothutho lwabafundi	44 495	44 496	46 500	47 753
► IMILINGANISELO YENTSEBENZO				
► PM201: Inani labafundi abazuzayo kwiprogram yesondle yezikolo	233 420	334 287	335 000	334 287
► PM202 Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zemfundo eneemfundo ezizodwa	15 110	12 758	13 258	13 765
► PM203: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa kwiphondo	10	11	68	95
► PM204: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenawo amanzi	0	0	0	0
► PPM 205: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenambane	0	0	0	0
► PM 206: Inani lezikolo ezingenazo izindlu zangasese ezisebenzayo	0	0	0	0
► PM207: Inkcitho epheleleyo kwibhagethi karhulumente kulungiso oluowangcisiweyo njengepesenti yexabiso leziseko zophuhliso zezikolo	0.2%	0.5%	0.4%	0.61%
► PPM208: Inani lezikolo eziprayimari zikarhulumente eziqhelekileyo ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwabayi-40 kwiyunithi yeklasu nganye	0	0	0	0
► PPM209: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwabayi-35 kwiyunithi yeklasu nganye	0	0	0	0
► PM210: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineelTSM zonke nezinye izibonelelo ezifunwayo eziziswa ngolo suku lokuqala lwesikolo njengoko zi-odolwe.	1,452	1,452	1,455	1 456

Makuqatshelwe:

- Le Nqoxelo yoNyaka inika ingxelo kwisethi entsha yeMlinganiselo yeNtsebenzo kazwelonke (Performance Measures). Kwi-Annual Performance Plan (APP) ka- 2009/10 amanqaku afundeka ngolu hlobo: "Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omisha yiyo le nto kungekho datha zezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zihlele nemiqathango". Ngenxa yokuba ithagethi kufanele zimiselwe, kusetyenziswe uqikelelo ukwenzela inqanaba eliqhelekileyo ngo-2008/09 ngokusekelwe kwinkcazo eneenkukacha kwisethi zedatha efanayo. Njengoko izinto zedatha kule Mlinganiselo yeNtsebenzo mitsha ibingabontswanga kwiNqoxelo yoNyaka ka2008/09 inkcazo yazo njenge- 'Eyona kanye' mayithathelwe ingqalelo kwezo meko-bume.
- ** Amanani awahlukileyo abafundi bezikolo zeSekondari (170) nabezikolo eziPPrayimari (198) njengabafundi bezikolo eziphakamileyo abondliwa ngexesha leemviwo xa ukuhamba kwabo isikolo kwahlukile.
- *Ithagethi ka-2009/10 yeNkcitho (Expenditure) linani loLwabiwo-Mali lokuGqibela (Final Appropriation) luka-2009/10

ST202	IZIKOLO EZIZIIPRAYIMARI ZIKARHULUMENTE –Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 lithagethi	Imali kanye ezifunyenweyo 2009/10
IINTLAWULO NGOKOKUHLELWA KWEZOQOQOSHO (R'000)*					
	Intlawulo zalo nyaka-mali	3,166,583	3,734,042	4,451,374	4,450,212
	Imbuyiselo yabasebenzi	2,920,292	3,538,917	4,148,094	4,148,094
	Ootitshala	2,637,024	3,220,414	3,774,765	3,774,765
	Abasebenzi abangengabo ootitshala	283,268	318,503	373,329	373,329
	Iimpahla neenkonzo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	246,291	195,125	303,280	302,118
	Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini	262,151	283,953	323,898	319,115
	Iintlawulo zee-capital assets	74,368	67,521	140,481	115,792
	ITOTALI	3,503,102	4,085,516	4,915,753	4,885,119
IINKCUKACHA-MANANI ZENTSEBENZO					
UKUQESHWA KWABASEBENZI					
	Inani labasebenzi (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	17 178	16443	17 717	17 217
	Inani labasebenzi abangengabo ootitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	3 539	3 652	3 612	3 534
UBHALISO					
	Abafundi kwizikolo zikarhulumente eziziprayimari (b)	589 041	598 119	595 799	591 441
	Umlinganiselo wenani womfundi notitshala kwizikolo eziziprayimari zikarhulumente (b/a)	34.3	36	33.6	34.4
	Abafundi beBakala 1 ukuya kwiBakala 7 (c)	581 683	584 484	587 017	584 034
	abangabafundi abakhubazekileyo	11 737	10 108	13 321	9 516*
	abangamabhinqa	287 107	288 419	294 720	288 146
	Isalathiso seyantlukwano ngokwesini (Gender parity index)	0.95	0.95	0.98	0.95

ST202	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIZIPRAYIMARI –Imiba ephambili (Isaqhubeka)	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 lithagethi	limali kanye ezifunyenweyo 2009/10
AMAZIKO NEZISEKO ZOPHULISO					
	Izikolo	1 096	1 096	1 096	1 097
	Inani lezikolo eziphantsi kweSiqendu 21 soMthetho weSASA	736	783	795	805
	Inani lezikolo ezibhengezwe njengezikolo "ezingahlawuli zifizi"	547	547	546	546
	Inani lezikolo ezinamanzi	1 096	1 096	1 096	1 097
	Inani lezikolo ezinombane	1 096	1 096	1 096	1 097
	Inani lezikolo ezinenani lezindlu zangasese ezisebenzayo ezaneleyo	663	845	626	1 087
	Amagumbi okufundela (d)	20 243	20 243	20 399	19 362**
	Inani labafundi kwiklasi nganye (b/d)	29.1	29.5	29.2	30.5
	Inani lezikolo azinabafundi abangaphezu ko-40 kwiklasi nganye	0	0	0	0
INKCITHO EYENZIWENI KULONDOLOZO LWEZAKHIWO ZEZIKOLO (R'000)*					
	Inkcitho eyenziweni kulondolozo lwezakhiwo zezikolo	7,700	36 381	49,146	28,712
	Ixabiso lokutshintshwa kwazo zonke iziseko zophuhliso ezisisigxina (immobile school infrastructure) (R'000)	R 10,035,200	R 10,035,200	R 10,035,200	R 11,407,191
IINKUKACHA-MANANI ZEZIPHUMO NOKWENZIWA NGOBUCHULE KOMSEBENZI					
	Inani labafundi beBakala 3 abachophele iimvavanyo ezifanayo (e)-iimvavanyo zikaZwelonke	iimvavanyo zokugqibela ngo-2007	iimvavanyo zokugqibela ngo-2007	50%	ayifanele kang a
	Inani labafundi beBakala 3 abafumene iziphumo zezifundo ezamkelekileyo (f) -iimvavanyo zikaZwelonke	iimvavanyo zokugqibela ngo-2007	iimvavanyo zokugqibela ngo-2007	50%	Ayifanele kang a
	Inani labafundi beBakala 6 abachophele iimvavanyo ezifanayo (g) iimvavanyo zikaZwelonke	Idatha ayikho	Idatha ayikho	Idatha ayikho	Idatha ayikho
	Inani labafundi beBakala 6 abafumene iziphumo zezifundo ezamkelekileyo (f) -iimvavanyo zikaZwelonke	Idatha ayikho	Idatha ayikho	Idatha ayikho	Idatha ayikho
	Inani labafundi beBakala 1 ukuya kwiBakala 7 abaphinda amabakala abo (i)	49 380	52 608	50 000	55 358

ST202	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIZIPRAYIMARI –Imiba ephambili (Isaqhubeka)				2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 lithagethi	Imali kanye ezifunyenweyo 2009/10
	► IMILINGANISELO YENTSEBENZO							
	► PM211: Ipesenji yabafundi kwiBakala 3 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala	49%	49%	50%	Idatha ayikho	Idatha ayikho		
	► PM212: Ipesenji yabafundi kwiBakala 3 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuFunda nokuBhala	48%	48%	50%	Idatha ayikho	Idatha ayikho		
	► PM213: Umlinganiselo wentsebenzo we-20% wabafundi abakwinqanaba 1 lokuhlompuzeka elilelona liphantsi xa lithlekiswa nelabafundi abakwinqanaba 5 lokuhlompuzeka elilelona liphantsi ngo-20% abakwiBakala 3		Idatha ayikho	Idatha ayikho	Idatha ayikho	Idatha ayikho		
	► PM214: Ipesenji yabafundi kwiBakala 6 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi		limvavanyo zokugqibela ngo-2004(58.79%)	limvavanyo zokugqibela ngo-2004(58.79%)	50%	Idatha ayikho		
	► PM215: Ipesenji yabafundi kwiBakala 6 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kwiMathematika		limvavanyo zokugqibela ngo-2004 (40.22%)	limvavanyo zokugqibela ngo-2004 (40.22%)	50%	Idatha ayikho		

Makuqatshelwe:

1. Le Ngxelo yoNyaka inika ingxelo kwisethi entsha yeMlinganiselo yeNisebenzo kazwelonke (Performance Measures). Kwi-Annual Performance Plan (APP) ka- 2009/10 amanqaku afundeka ngolu hlobo: "Ngumlinganiselo weNisebenzo kaZwelonke omisha yiyo le nto kungekho dalha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango" Ngenxa yokuba lithagethi kufanele zimiselwe, kuseyenziswe uqikelelo ukwenzela inqanaba eliqikelelweyo ngo-2008/09 ngokusekelwe kwinkcazo eneencukakacha kwisethi zedatha efanayo. Njengoko izinto zedatha kule Mlinganiselo yeNisebenzo mitsha ibingabonisiwanga kwiNgxelo yoNyaka ka2008/09 inkcazo yazo njenge- "Eyona kanye" mayithathelwe ingqalelo kwezi meko-bume.
2. Le Mlinganiselo yeNisebenzo kazwelonke iqikelelwa kwisethi yeemvavanyo ezingekenziwa ukususela ngo-2007 nesampuli yezikolo kuphela. Idatha ephelileyo ayikabonelelwa nguvimba wedatha owalathelwe oku, oliSebe leMfundo esiSiseko. Kwaye ke ngoko ayinakubandakanywa apha. Idatha yezembali ibingafumaneki ngexesha lokuya kushicilelo lwe-APP ka-2009. Oku kungenxa yokuba yimingeni yedatha abangele ukuba ililinganiselo yeNisebenzo ingabandakanywa kwi-APP ukwenzela u-2010/11 kwinqanaba likazwelonke.
3. * Makuqatshelwe ukuba eli nani lincitshiswe ngenxa yolawulo lwedatha olungcono neenkcazo ezicoselweyo kule khatgori
4. **. Makuqatshelwe ukuba la manani (reading) alshintshiswe ngenxa yesigqibo sokubhala kuphela iiklasi ezizizo kanye kunazo zonke izibonelelo, ngokungqinelana neenkcazo ezitshintshayo kwinqanaba likazwelonke

ST203	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIZISEKONDARI –Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye kanye
IINTLAWULO NGOKUKUHELELWA KWEZOQOQOSHO (R'000)*					
	Inlawulo zalo nyaka-mali	2,189,101	2,613,291	2,910,869	2,910,869
	Imbuyiselo yabasebenzi	2,006,353	2,365,738	2,692,203	2,692,203
	Ootitshala	1,811,737	2,129,164	2,422,982	2,422,982
	Abasebenzi abangengabo ootitshala	194,616	236,574	269,221	269,221
	Iimpahla neenkondo kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	182,748	247,553	218,666	218,666
	Inkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini	173,524	162,788	173,771	173,771
	Iintlawulo zee-capital assets	65,886	97,931	72,551	64,470
	ITOTALI	2,428,511	2,874,010	3,157,191	3,149,110
IINKUKACHA-MANANI ZENTSEBENZO					
UKUQESHWA KWABASEBENZI					
	Inani labasebenzi (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente) (a)	10 748	10 318	10 708	10 247
	Inani labasebenzi abangengabo ootitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	2 600	2 714	2 634	2 428
AMANANI OBHALISO					
	Abafundi kwizikolo ezizisekondari zikarhulumente (b)	322 371	322 567	327 177	322 524
	Umlinganiselo wenani womfundi notitshala (L:E ratio) kwizikolo zikarhulumente ezizisekondari (b/a)	30	31.3	30.6	31.5
	Abafundi beBakala 8 ukuya kwiBakala 12 (c)	329 729	327 202	335 746	329 931
	Abangababhinqileyo (d)	175 764	175 034	173 518	176 489
	Isalathiso seyantlukwano ngokwesini (Gender parity index)	1:1	1:1	1:1	1:1
	Ababhinqileyo kwiBakala 12 abafunda iMathematika	13 402	11 183	11 000	10 670
	Ababhinqileyo kwiBakala 12 abafunda iSayensi	6 640	6 824	6 500	6 815

ST203	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIZISEKONDARI –Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Iihagethi	2009/10 Eyona kanye kanye
AMAZIKO NEZISEKO ZOPHUHLISO					
	Izikolo	356	356	359	359
	Inani lezikolo eziphantsi kweSigendu 21 soMthetho weSASA	242	249	260	255
	Inani lezikolo ezibhengezwe njengezikolo “ezingahlawuli zifizi”	106	106	107	107
	Inani lezikolo ezinamanzi	356	356	359	359
	Inani lezikolo ezinombane	356	356	359	359
	Inani lezikolo (ezinenani elaneleyo) lezindlu zangasese ezisebenzayo	87	147	99	359
	Inani lezikolo ezinelebhu yesayensi	354	357	354	357
	Amagumbi okufundela (f)	11 661	11 645	11 661	9 387*
	Inani labafundi kwiklasi nganye (b/d)	27.6	27.7	27.8	34.4
	Inani lezikolo azinabafundi abangaphezu ko-40 kwiklasi nganye	0	0	0	0
INKGITHO EKULONDOLOWENI KWEZAKHIWO ZEZIKOLO (R'000)*					
	Inkcitho ekulondolozweni kwezakhiwo zezikolo	R29,624	R40,119	R20,573	R46, 326
	Ixabiso lokutshintshwa kwazo zonke iziseko zophuhliso ezisisigxina (immobile school infrastructure) (R'000)	R5,017,600	R5,017,600	R5,017,600	R5,722,268
INKCUKACHA-MANANI ZEZIPHUMO NOKWENZIWA NGOBUCHULE KOMSEBENZI					
	Inani labafundi beBakala 9 abachophele iimvavanyo ezifanayo (g)	73 877	65 780	76 000	74 836
	Inani labafundi beBakala 9 abafumene iziphumo zezifundo ezamkelekileyo (h)	54 693	46 409	63 840	53 651
	Inani labafundi beBakala 8 ukuya kwiBakala 12 abaphinda amabakala abo (i)	68 906	66 042	66 042	62 454
	Inani labemi abane-18 iminyaka ubudala (j)	86 392	95 216	88 200	97 273
	Inani labafundi ababhala iimviwo zeNSC (k)	41 922	43 953	43 000	44 931
	Inani labafundi abapase iimviwo zeNSC (l)	33 787	34 577	35 260	34 017
	Inani labafundi abapase nge-endosimenti	10 300	14 522	11 200	14 324
	Ireyithi yokupasa iNSC (l/k)	80.60%	78.67%	82%	75.7%
	Inani labaviwa beNSC abapasa zombini iMathematika neSayensi (m)	8 241	8103	16 800	6 633
	Inani lezikolo ezibhala iimviwo zeNSC	399	406	401	417

ST203	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIZISEKONDARI –Imiba ephambili (isaqhubeka)				
	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye kanye	
IINKCUKACHA-MANANI ZEZIPHUMO (OUTPUT STATISTICS) (zisaqhubeka)					
Inani lezikolo ezinerayithi yokupasa yeNSC engaphantsi ko-40%	6	17	0	17	
Ireyithi yokupasa yeNSC yezikolo zenqanaba 1 lokuhlompuzeka (n)	72.7%	70.2%	72%	60.2%	
Ireyithi yokupasa yeNSC yezikolo zenqanaba 5 lokuhlompuzeka (o)	98.2%	91.6%	96%	89.1%	
► IMILINGANISELO YENTSEBENZO					
► PM216: Ipesenteji yabafundi abangamantombazana abafunda iMathematika kwiBakala 12	Umlinganiselo omisha	50%	50%	40%	
► PM217: Ipesenteji yabafundi abangamantombazana abafundi iFizikhali Sayensi kwiBakala 12	Umlinganiselo omisha	24%	28%	26%	
► PM218: Umlinganiselo wepesenti yentsebenzo engu-20% yabona bafundi bahlompuzekileyo kwizikolo zenqanaba 1 lokuhlompuzeka xa kuthelekiswa ne-20% yabafundi abahlompuzekileyo kwizikolo zenqanaba 5 ezimi kakuhle ngokumalunga nerayithi yokupasa kwiBakala 12	Umlinganiselo omisha	0.77	0.78	0.56	
► PM219: Ireyithi yokupasa yeBakala 12	Umlinganiselo omisha	78.6%	80%	75.7%	
► PM220: Ireyithi yokupasa kwiBakala 12 kwiMathematika	Umlinganiselo omisha	65%	67%	65%	
► PM221: Ireyithi yokupasa kwiBakala 12 kwiFizikhali Sayensi	Umlinganiselo omisha	50%	71%	53%	
► PM222: Inani labafundi abaxhamlayo kwinqubo yezothutho lwabafundi emahala	Umlinganiselo omisha	46 000	46 500	47 753	
► PM223: Inani labafundi abaxhamlayo kumgaqo-nkqubo wesikolo "esingahlawulisi zifizi"	Umlinganiselo omisha	Umlinganiselo omisha	346 139	349 373	
Makuqatshelwe:					
1. Le Nqelolelo yonyaka inika ingxelo kwisethi entsha yeMlinganiselo yeNtsebenzo kazwelonke (Performance Measures). Kwi-Annual Performance Plan (APP) ka-2009/10 amanqaku afundeka ngolu hlobo: "Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omisha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zihlele nemiqathango". Ngenxa yokuba ithagethi kufanele zimiselwe, kuseyenziswe uqikelelo ukwenzela inqanaba eliqikelelweyo ngo-2008/09 ngokusekelwe kwinkcazo eneenkukacha kwisethi zedatha efanayo. Njengoko izinto zedatha kule Mlinganiselo yeNtsebenzo mitsha ibingabonisiwanga kwiNqelolelo yoNyaka ka-2008/09 inkcazo yazo njenge-"Eyona kanye" mayithathelwe ingqalelo kwezo meko-bume.					
2. Makuqatshelwe ukuba idatha ka-2008 yamanani abemi belizwe abaneminyaka eyi-18 ibingafumaneki ngexesha lokuya kushicilelo ngethuba ebeboniswe engu-88 200 nelithe lachaphazela ithagethi engu-88 200. Lishintshiwe eli nani laba ngu-95 216 nelithathwe kuqikelelo lwe-GHS kuNyaka oPhakathi ka-2008. Inani elililo lango-2009 lisuselwa kwintani eliqikelelweyo lango-2009 (GHS of StatsSA)					
3. # Makuqatshelwe ukuba inkcazo itshintshile – yiyo ke lento kukho ukukhula okubonakalayo (exponential growth)					
4. * Makuqatshelwe ukuba la manani (reading) atshintshiwe ngenxa yesigqibo sokurekhoda kuphela iliklasi ezizizo kanye, kunazo zonke izibonelelo, ngokungqinelana neenkcazo ezitshintshayo kwinqanaba likazwelonke.					
5. * Ithagethi ka-2009/10 yeNkqubo (Expenditure) linani loLwabiwo-Mali loLwabiwo-Mali (Final Appropriation) luka-2009/10					

Imilinganiselo yentsebenzo: lingxoxo ngoMahluko (Variances)
<p>► PM 201: Inani labafundi abaxhamlayo kwiprogram yokutyiswa kwabantwana yezikolo</p> <p>Ithagethi 335 000 Eyona kanye: 334 287 Amaxabiso okutya aqingqiweyo eNSNP aboniswa njengemfuneko esezantsi kwi-<i>Division of Revenue Act</i>. Ibhajethi yeNSNP ayibanganako ukubonelela ngaphezu kwabafundi abayi-334 287.</p>
<p>► PM 202 Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa eziqhelekileyo</p> <p>Ithagethi: 13 258 Eyona kanye: 13 765 Ngokwanda kwezitraktsha zenkxaso zemfundo ebandakanya bonke abafundi, kubandakanywa ukusekwa kweyunithi ezingaphezulu ze-LSEN, abafundi abangaphezulu abaneemfuno zemfundo ezizodwa bangabhaliswa baze banikwe inkxaso yokuba bafikelele kwikharithulam.</p>
<p>► PM 203: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa kwiphondo</p> <p>Ithagethi: 68 Eyona kanye: 95 Kungokunje ziyi-95 izikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa ezithe zomelezwa. Kwezi zikolo zenza zonke iinkonzo kusekho itotali ka-100 yeeklassi zeyunithi ye-<i>ELSEN</i>. Ukukhula kweli candelo kuxhomekeke kubukho bezibonelelo (<i>financial and human capital</i>).</p>
<p>► PM 204: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenawo amanzi</p> <p>Ithagethi: 0 Eyona kanye: 0 Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinawo amanzi.</p>
<p>► PPM 205: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenambane</p> <p>Ithagethi: 0 Eyona kanye: 0 Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinombane</p>
<p>► PM 206: Inani lezikolo ezingenazo izindlu zangasese ezisebenzayo</p> <p>Ithagethi: 0 Eyona kanye: 0 Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinezindlu zangasese ezisebenzayo</p>
<p>► PM 207: Inkcitho epheleleyo kwibhajethi karhulumente yokulungiswa kwezakhiwo okucwangcisiweyo njengepesenti yexabiso leziseko zophuhliso zezikolo</p> <p>Ithagethi: 0.4% Eyona kanye: 0.61% Umgqaliselo omiselweyo kwimeko engqonge izakhiwo (<i>built environment</i>) yoMgaqo wokuZiphatha waBasebenzi beNkonzo kaRhulumente (<i>Public Service Code</i>) kukubhajetha isixa esikhoyo ukwenzela ukulondolozwa kwezakhiwo nesilingana ne-1.5% ukuya ku- 2% kwixabiso lee-asethi zezakhiwo. Kungokunje yi-0,5% kwixabiso lee-asethi yenziwa ifumaneke njengesixa-mali seziseko zophuhliso esiyinyani esabelwe ukulondolozwa kwezakhiwo. Ithagethi eyintsusa yasekelwa kubalo kusetyenziswa isixa esabelwe ukulondolozwa kwezakhiwo (<i>maintenance funds</i>). Inxenye yebhajethi ye-<i>QIDS-UP</i> yasayinelwa ulondolozo. Kugqithwe ngaphaya kwethagethi ukutsho oko.</p>
<p>► PPM208: Inani lezikolo zikarhulumente eziziprayimari eziqhelekileyo ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwabayi-40 kwiyunithi yeklassi nganye</p> <p>Ithagethi: 0 Eyona kanye: 0 Akukho zikolo zikarhulumente ziziprayimari eziqhelekileyo ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwabayi-40 kwiyunithi yeklassi nganye. Nakuba kunjalo, amanani obhaliso onyaka nonyaka, kunye nokushota kweeklassi, kubaneziphumo zeeklassi ezizodwa ezinabafundi kwiiklassi ezingazodwa ezinabafundi abangaphezu kwabayi-40 kwiyunithi yeklassi nganye kwiimeko ezithile.</p>
<p>► P209: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwabayi-35 kwiyunithi yeklassi nganye</p> <p>Ithagethi: 0 Eyona kanye: 0 Akukho zikolo zikarhulumente ziziisekondari eziqhelekileyo ezinomyinge wabafundi abangaphezu kwabayi-35 kwiyunithi yeklassi nganye. Nakuba kunjalo, ukudityaniswa kwezifundo nokushota kweeklassi kuba neziphumo zokuba ezinye iiklassi ezifundiswayo zibe ngaphezu kwabafundi abayi- 35 kwiklassi nganye.</p>

► **PM210: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineLTSM zonke nezinye izibonelelo ezifunwayo eziziswa ngolo suku lokuqala lwesikolo njengoko zi-odolwe.**

Ithagethi: 1 455

Eyona kanye: 1 456

Ithagethi ekufikelelwe kuyo. 100%: Inani lezikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21 apho zonke izikolo zineLTSM nezinye izibonelelo ezifunwayo eziziswa ngolo suku lokuqala lwesikolo

Imilinganiselo yentsebenzo: lingxoxo ngomahluko

► **PM211: Ipesenteji yabafundi kwiBakala 3 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala**

► **PM212: Ipesenteji yabafundi kumaBakala 3 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuFunda nokuBhala**

► **PM213: Umlinganiselo wentsebenzo wabafundi abayi-20 abangabona bahlwempuzekileyo abakwinqanaba 1 lokuhlwempuzeka elilelona liphantsi xa kuthlekiswa nowabafundi abayi-20 abakwinqanaba 5 lokuhlwempuzeka elilelona liphantsi abakwiBakala 3**

► **PM214: Ipesenteji yabafundi kwiBakala 6 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwimi**

► **PM215: Inani labafundi kwiBakala 6 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kwiMathematika**

Oku akubandakanyanga kwezi ngxoxo: makufundwe "Inqaku" kwitheiyihili engentla.

► **PM216: Ipesenteji yabafundi abangamantombazana abafundi iMathematika kwiBakala 12**

Ithagethi: 50%

Eyona kanye: 40%

Inani labafundi abafunda izifundo ezithile ngumba wezigqibo zabafundi ngabodwa. ISebe iWCED maliyacacise ithagethi, limisele iimeko ezinokubangela nezikhuthaza ukwanda. Iprogram yezikolo zeDinaledi nezikolo zeMathematika neSayensi ekugxilwe kuzo (*Maths and Science Focus schools*) ziyinxalenye yeprogram yeWCED yokwandisa amanani abafundi. ISebe iWCED lithathele kulo izikolo ezigxila kwiprogram ye-*Mathematics, Science and Technology (MST)* nesikhokelo kumakhondo omsebenzi ukukhuthaza bonke abafundi ngakumbi abangamantombazana, ukubakhuthaza ukuba bathathe *iMathematika* ne-Fizikhali Sayensi. Kukho uluvo lokuba ezi zizifundo ezinzima kwaye olu luvo luxhaswa kukuba ireyithi yokupasa kwiNSC kwezi zifundo zibini isezantsi kakhulu kunezinye izifundo.

► **PM217: Ipesenteji yabafundi abangamantombazana abafundi iFizikhali Sayensi kwiBakala 12**

Ithagethi: 28%

Eyona kanye: 26%

Makujongwe iPM 216 apha ngentla

► **PM218: Umlinganiselo wenani lentsebenzo kwizikolo ezihlelekileyo ukuya kwezona zikolo zimi kakuhle ngokumalunga nereyithi yokupasa engu-20% kwiBakala 12**

Ithagethi: 0.78

Eyona kanye: 0.56

Kukho izikolo ezine (4) kuphela eNtshona Koloni kwi-20% yezikwiNqanaba lokuhlwempuzeka 1 ngoko ke lo mahluko kule PM kufanele ube ngolindelekileyo.

► **PM219: Ireyithi yokupasa yeBakala 12**

Ithagethi: 80%

Eyona kanye: 75.7%

I-NCS libanga lemfundo (*qualification*) elitsha elineemfuno zokupasa ezahlukileyo "kwimatriki". Uviwo lokuqala lwaqhutywa ngo-2008. Okwangoku akukabikho luqikelelo lunokwenziwa kwireyithi yokupasa yezifundo okanye iNSC. Ireyithi yokupasa ngo-2009 yayingu-2.96 engaphantsi kwale ka-2008.

Unyaka	Ababhalileyo	Abapasileyo	% yabapasileyo	B. Deg	% B. Deg
2008	43953	34 577	78.67	14 522	33.04
2009	44931	34 017	75.71	14 324	31.88

► **PM219: Ireyithi yokupasa yeBakala 12**

Nangona iSebe iWCED libe neyona reyithi yokupasa iphakamileyo kwizifundo zonke kwiimviwo zeNSC ngo-2009, iziphumo ibe zezidanisayo kwaye sele kwenziwe izicwangciso zokuhlangabezana nethagethi emiselweyo ngo-2010. Izifundo ezinengxaki yokuhla kwereyithi yokupasa zibandakanya i*Mathematics, Physical Sciences, Accounting ne-Geography*. I-*Physical Sciences* ne-*Geography* zibe nereyithi yokupasa ehlileyo ngokunjalo. Le theyibhile ingezantsi ibonisa ukupasa eNtshona Koloni kwizifundo ezinamanani obhaliso amakhulu eNtshona Koloni xa kuthelekiswa nereyithi yokupasa kwinto yonke eNtshona Koloni kwezi zifundo.

Isifundo	Ireyithi yokupasa yeWCED 2008	Ireyithi yokupasa kaZwelonke 2008	Ireyithi yokupasa yeWCED 2009	Ireyithi yokupasa kaZwelonke 2009
IMathematika	65.2 %	45.7 %	64.9 %	45.9 %
I-Physical Science	71.2 %	54.9 %	52.9 %	36.8 %
I-Accounting	78.2 %	61.4 %	74.1 %	61.5 %
I-Geography	92.6 %	80.3 %	78.0 %	72.3 %

Imilinganiselo yentsebenzo: lingxoxo ngomahluko

► **PM220: Ireyithi yokupasa kwiBakala 12 kwiMathematika**

Ithagethi: 67%

Eyona kanye: 65%

Nangona ithagethi ebimiselwe yokwandisa isiphumo esingu- 65% ilingana ne-avareji ekufikelelwe kuyo ngo-2008 o.k.t. bekukho ukuhla (*nominal decrease*) kwe-0.3% okuqhelekileyo kuphela okurekhodiweyo. Inkcazo (*remark*) (PM 219) ngentla apha icacisa oku.

► **PM221: Ireyithi yokupasa kwiBakala 12 kwiFizikhali Sayensi**

Ithagethi: 71%

Eyona kanye: 53%

Ukupasa kwiFizikhali Sayensi eNtshona Koloni

	Inani lababhalileyo	Inani labapasileyo	Ireyithi yokupasa
2008	13612	9691	71.19%
2009	13349	7064	52.92%

Izikhazazo ezininzi bezifunyanwa kwizikolo ngokumalunga namanqaku angaphantsi kwabelindelekile. Lugqityiwe uphando. Ukupasa kwiFizikhali Sayensi kumaphondo ngokubanzi kucaciswe apha ngezantsi:

Iziphumo zeFizikhali Sayensi –2008-2009

Iziphumo zeFizikhali Sayensi 2008 – 2009					
Iphondo	Unyaka	Ababhalileyo	Abapasileyo (30%)	Ireyithi yokupasa (%)	Umahluko
Mpuma Koloni	2008	25 595	11 119	43.4	
	2009	30 121	8 628	28.6	-14.8
Mntla Koloni	2008	3 058	1 917	62.7	
	2009	12 010	4 789	39.9	-22.8
Mntla Ntshona	2008	13 713	8 768	63.9	
	2009	12 006	4 593	38.3	-25.6
Freyistatha	2008	12 469	7 870	63.1	
	2009	12 010	4 789	39.9	-23.2
Gauteng	2008	40 340	25 998	64.4	
	2009	39 688	16 910	42.9	-21.5
KZN	2008	54 251	26 774	49.4	
	2009	50 470	19 800	39.2	-10.2
Limpopo	2008	34 926	18 022	51.6	
	2009	39 469	12 558	31.8	-19.8
Mpumalanga	2008	20 193	9 667	47.9	
	2009	20 666	5 979	28.9	-19.0
Ntshona Koloni	2008	13 612	9 691	71.2	
	2009	13 349	7 064	52.9	-18.3

Ukupasa kwinto yonke kuzwelonke kwi-Physical Sciences

	Unyaka	Ababhalileyo	Abapasileyo (30%)	Ireyithi yokupasa (%)	Umahluko
RSA	2008	218 156	119 823	54.9	
	2009	220 882	81 356	36.8	-18.1

Ukuncipha kwireyithi yokupasa kwiSebe iWCED kwiFizikhali Sayensi ukususela ngo-2008 ukuya ku-2009 kuyangqinelana nokuhla kwireyithi yokupasa kuzwelonke ukususela ku-54.9% ngo-2008 ukuya ku-36.8% ngo-2009.

Imilinganiselo yentsebenzo: lingxoxo ngomahluko

► **PM222: Inani labafundi abaxhamlayo kwinkqubo yezothutho lwabafundi emahala**

Ithagethi: 46 500

Eyona kanye: 47 753

Eli linani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo abaxhamlayo kwinkqubo yokuthuthwa kwabafundi emahala. Ezinye iindlela zapheliswa, kodwa kusekho ukwanda kwemfuno kuzo. Bayi-606 abafundi abatsha ababenako ukufikelela kwinkqubo yothutho lwabafundi ngoJanuwari 2010 nokuba kukwiindlela ebezikhokakade okanye kukwiindlela ezimbini ezintsha ebezisanda kuqaliswa – ezizezi: PS Karookop (abafundi abayi-39) naseBardale HS(abafundi abayi-489). Oku kungangqinelani kunokubangelwa ngakumbi kukuba abafundi bafudukela kweli phondo.

► **PM223: Inani labafundi abaxhamlayo kumgaqo-nkqubo wezikolo “ezingahlawulisi zifizi”**

Ithagethi: 346 139

Eyona kanye: 349 373

Kuye kwagqithwa kwithagethi ngo-3,234. Oku kubangelwa kukwanda kwabafundi kwizikolo ezingahlawulisi zifizi njengoko amabakala amatsha esongezwa ngenxa yokuba kuvulwe izikolo ezitsha kunyaka ongaphambili. I-Hlula Street Primary School ne-Maksa Primary School zizikolo ezitsha ukuze iSt Mary's RC Primary School ibe seso sihlelwe ngokutsha kolu udidi (*reclassified*.) Esinye isikolo siye sanamanani awandileyo kubhaliso lwabafundi.

Inkqubela

Inkqubela ecaciswa phantsi “kweeNkonzo eziPhambili (*Key Deliverables*)” ayiphindwa apha ukwenzela ukuba kuncitshiswe uphinda-phindo kuxwebhu lulonke.

Ukomeleza uLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala

I-WCED inesicwangciso esibanzi sokuphucula ulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kwiBakala 1-6. Elinye lamanyathelo asetyenziswayo ekuqhutyweni kweemviwo zeWCED kumaBakala 3 no-6. Iziphumo zeemvavanyo ngo-2008 zabanisa i-53.5% yabafundi beBakala 3 abaqhuba ngokommisselo weminyaka yobudala/yebakala kuLwazi lokuFunda nokuBhala ne-35% kuLwazi lokuBala. Iimvavanyo ngo-2009 zabanisa ukuba yi-44.8% kubafundi beBakala 6 abaqhuba ngokommisselo weminyaka yobudala/yebakala kuLwazi lokuFunda nokuBhala ne-35% kuLwazi lokuBala.

Xa kuqatshelwa oko kuvavanywa luvavanyo ngalunye kwiBakala 6, ngokwendlela oludizayinwe ngayo, ukuqhuba kwabo kumanqanaba amaBakala 3, 4 no- 5, kunokubonakaliswa ukuphuculwa komgangatho kwiminyaka ngokubanzi ngolu hlobo lulandelayo:

IZIPHUMO ZEPHONDO: IIMVAVANYO ZEBAKALA 6 NGO-2003 -2009

Amanqanaba eBakala loLwazi lokuBala	2003 Abapasi-leyo (%)	Abapasi-leyo (%)	Abapasi-leyo (%)	Abapasi-leyo (%)	2003 I-avareji (%)	2005 I-avareji (%)	2007 I-avareji (%)	2009 I-avareji (%)
IBakala 3	40.4	43.2	43.0	48.5	42.3	43.9	43.1	46.8
IBakala 4	29.1	31.4	37.8	45.1	37.4	39.1	43.7	48.2
IBakala 5	24.1	25.9	23.6	26.7	33.3	34.4	34.2	36.9
IBakala 6	15.6	17.2	14.0	17.4	27.5	29.0	27.9	31.9
IBakala 7	10.0	11.2	15.1	19.3	17.0	18.2	23.4	27.9
Inani laBafundi abaVavanyiweyo	34,596	31,726	71,854	81,005	34,596	31,726	71,854	81,005
Inani leZikolo eziVavanyiweyo	1,079	1,040	1,034	1,046	1,079	1,040	1,034	1,046

IZIPHUMO ZEPHONDO : IIMVAVANYO ZEBAKALA 6 NGO-2003 – 2009								
Amanqanaba oLwazi lokuFunda nokuBhala	2003 Abapasi-leyo (%)	2005 Abapasi-leyo (%)	2007 Abapasi-leyo (%)	2009 Abapasi-leyo (%)	2003 I-avareji (%)	2005 I-avareji (%)	2007 I-avareji (%)	2009 I-avareji (%)
IBakala 3	82.8	84.8	84.1	85.8	75.5	77.7	72.5	72.8
IBakala 4	67.4	70.5	50.1	57.0	61.5	63.8	51.4	56.1
IBakala 5	78.3	80.7	54.7	59.8	67.0	70.2	50.7	54.1
IBakala 6	35.0	42.1	44.8	48.6	36.8	40.6	45.0	48.2
Inani labafundi abavanyiweyo	34,596	31,726	71,854	81,005	34,596	31,726	71,854	81,005
Inani leZikolo ezivanyiweyo	1,079	1,040	1,034	1,046	1,079	1,040	1,034	1,046

Oku kulandelayo kuqhubeka kwithuba lalo nyaka uchaphazelekayo:

- Izithili zemfundo zenziwa ngohlobo lokuba zibonelele ngenkxaso kwabo bangabona bayifuna kakhulu.
- Isikolo ngasinye sifumene iKhithi i-Maths, Science and Technology Kit yeSigaba seSiseko (*Foundation Phase*) neSigaba esiPhakathi (*Intermediate Phase*.)
- Utitshala ngamnye kumaBakala 1-6 ufumene i*Mental Maths book*.
- Ootitshala beSigaba esiPhakathi bafumene i-*item bank of Mathematics Assessment Tasks*.
- Ziyi-250 izikolo ezifumene iincwadi zokufunda (*reading schemes*) (AmaBakala 1-3) neencwadi (*readers*) (amaBakala 4-6).
- Zonke izikolo zeSigaba esiPhakathi zafumana i*Reading Intervention Programme*. Ezi ncwadi zasetyenziselwa ukuqeqesha ootitshala kwi-Balanced Language Program.
- Izikolo eziyi-342 zafumana iikhithi ii*Grade R Literacy ne-Numeracy Kits*.
- Ziyi-125 izikolo ezithathe inxaxheba kwiProgram yoLwazi lokuBala edizayinelwe okuthile nezikolo eziyi-125 kwiprogram ebanzi yoLwazi lokuFunda nokuBhala.
- Izicwangciso zonyaka neeshedyuli zemisebenzi zeBakala R kumaBakala 7 ukuya ku-9 zaqulunqelwa u-2010.
- Ziyi-64 izikolo ezavavanyelwa ukufundisa nokufunda kwaza kwamiselwa isiseko sovavanyo (*baseline*) sephulo i*Lit Num Interventions*.
- Kwaqulunqwa isixhobo sephondo sokubeka esweni esifanayo ukwenzela ukuphunyezwa koLwazi lokuFunda nokuBhala (*Literacy and Numeracy implementation*). IProgram yoVavanyo lokwaNdlalela yaqulunqelwa ootitshala beBakala 1.
- Amagosa ali-100 aqeqeshelwa ukubeka esweni inkqubo yoLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala.

Ukuqaliswa kweProgram yeZikolo eziPhakamileyo

Ngo-2009, kwabhalwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki kuZwelonke (*National Senior Certificate (NSC)*) ngabafundi abayi-44 931 kumaziko okubhalela iimviwo ayi-417. ISebe leMfundo leNtshona Koloni layigcina ireyithi yokupasa iyeyona iphezulu engu-75.1%. Nangona kunjalo kubekho ukuhla nge-3% xa kuthelekiswa neqondo lokupasa lika-78.6% ngo-2008. Itotali ngu-14 324 (31.88%) abaviwa abaphumelele iNSC, nabanako ukulungela izifundo zesiDanga sokuQala (*Bachelor Degree study*). Kubekho ukuhla kangange-1.16% kubafundi abalungele ukufunda izifundo zesidanga ukususela ngo-2008 ukuya ku-2009. Kubekho nokwanda kwinqanaba lezikolo eziphumelele ngaphantsi kwama-60% kwireyithi yokupasa kwizikolo eziyi-85.

Iprogram yongenelelo ngoncedo yeZikolo eziPhakamileyo (*High School intervention programme*) yaqulunqelwa ukuphunyezwa ngoJanuwari 2010. Inkqubo yile ilandelayo: inkcazo eneenkcukacha yeziphumo zeBakala 12 kwisikolo ngasinye; ukuqulunqwa kwesicwangciso esibanzi njengesisombululo kwiziphumo zango-2009; ukuqatshelwa kwezifundo ezithile ezinereyithi ephezulu yokungaqhubi kakuhle; ukuthunyelwa kwedatha yezifundo kwisikolo ngasinye ukulungiselela iSatifikethi seMatriki; nokumiselwa nokucaciswa kweethagethi ezahlukenisiweyo (*setting and communication of differentiated Ithagethis*) nokungenelele ngoncedo ukulungiselela iqela labafundi abafanele ukupasa iNSC ngo-2010 kwisikolo ngasinye.

Izithili zikhethe inani elithile lootitshala (*tutors*) kwisifundo ngasinye esinabafundi abaninzi ababhalisileyo zaza zamisela iprogram nekhulanda yokufundisa (*tutoring*). Kuthengwe iincwadi zezifundo ezongezelelweyo, ngokungqinelana nezo mali zifumanekayo kwaza kwalungiswa neenkqubo zokuqinisekisa ukusetyenziswa nokubuyiswa kweencwadi (*retrieval of textbooks*) ngabafundi nootitshala. Kuye kwabonelelwa nangezinto zokubhala.

Kumiselwe izicwangciso zokubonelela umfundi ngamnye ngephekhi yamaphepha emibuzo yeemviwo kwakunye nencwadana ethi "*Tips for Success in NSC*". Kukho iiseshoni zengcaciso nabazali nabanye abachaphazelekayo malunga namalungiselelo eemviwo.

Ukunika inkxaso ukufunda nokufundisa, kukho iiklasi ezongezelelweyo eziqhutywa ngootitshala kwaye kuya kuhlala zikho (emva kwemini/ngeempelaveki/ngeeholide); aBacebisi ngezeKharithyulam abanika inkxaso kwizifundo ezithile ngethuba lokundwendwelwa kwezikolo, ubuncinane kabini ngekota; usetyenziso olukumgangatho ophezulu lwazo zonke iintsuku zesikolo nethuba lokufundisa; ukubeka esweni ukuhamba isikolo kootitshala nabafundi nokufundisa kwekharithyulam. Iimviwo zangoJuni zifanele ukubhalwa ngelo thuba livunyiweyo kuphela. Kukho iprogram ye *Telematics* kwizikolo eziyi-120 ezikhethiweyo kwaye kukho iintlanganiso zezikolo ezidibeneyo (*cluster meetings*) neentlanganiso zokumisela imigangatho ezibanjwe zizithili zemfundo.

Kumba wolawulo lwesikolo, ukuhamba izikolo kweenqununu kubekwe esweni kwaye kukho inkxaso kwezolawulo evela kubaphathi beekomiti zeesekeke neenqununu ezingabacebisi (*mentor principals*).

Uphuhliso looTitshala nenkxaso

Malunga ne-1% kwiipeyiroli yeWCED esetyenziswa ngempumelelo ukuphucula izakhono nobuchule babo bonke abasebenzi beWCED.

Kulungiswa amanqanaba ezakhono zootitshala ngamaphulo ongenelelo ngoncedo kwiProgram yeZakhono zaseMsebenzini (*Workplace Skills' Programme (WSP)*). La maphulo ajolise kwiimfuno zoqeqesho, ezithe zaqatshelwa kwiziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (*School Improvement Plans*) nezoPhuculo lweZithili zeMfundo (*District Improvement Plans*), kwaye aququzelelwa kwisithili semfundo.

Ikhosi zoqeqesho ezahlukeyo, iisemina neenkomfa ziqhutywa e *Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)*, eliziko leWCED elingundoqo loqeqesho lwabasebenzi lo gama besemsebenzini. Kujongwana nazo zombini ikharithyulam neenkqubo zokufundisa (*methodology*) kwiSigaba seSiseko, esiPhakathi nesaBadala. Enye inkalo ephambili ziiprogram zolawulo lwesikolo nophuhliso lweenkokheli. Ukongeza kwezi khosi zeeveki ezimbini nezine kwezi ngingqi, iCTLI ikwaqhuba iisemina ezahlukeyo zethuba elifutshane neenkomfa ngemiba ebalulekileyo. Ngala maphulo ongenelelo ngoncedo, iCTLI ifikelela kootitshala abangaphezu kwe-3000 ngonyaka-mali.

Ikhosi ezimiseliweyo ekujoliswe kuzo (*Ithagethied formal courses*) ezifana ne-*Advanced Certificate in Education (ACE)* nejolise kwiinkalo zezifundo ezahlukeyo kubandakanywa ezi zilandelayo: *Mathematics, Natural Science, School Leadership, Librarianship, Life Orientation, Foundation Phase neye-Language*, ziqhutywa kumaziko emfundo aphakamileyo. La maphulo ongenelelo ngoncedo aqulunqwa aze anikwe inkxaso-mali yi-WCED ngelinge lokuphucula amabanga emfundo ootitshala nokuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa eklasini. Ilibhasari eziyi-2100 zanikezelwa kootitshala abasenkonzweni ukwenzela ukuba baphucule amabango emfundo abo neebhasari eziyi-106 ezifunyanwa phambi kokuqalisa inkonzo (*pre-service bursaries*) ezanikwa ootitshala kwiinkalo zezifundo ezinqongopheleyo (*scarce subject areas*).

Ukhuseleko lwezikolo:

IProgram yoKhuseleko lweZikolo (*Safe Schools Programme*) inenjongo eziphambili ezintathu ezizezi: iZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*), apho kunokuxelwa khona miba ngemiba engobundlobongela obusesizikolweni (*school-based violence*; kunikwe iingcebiso ngeZiko leeFoni kwabo benzakale emiphefumleni (*traumatised individuals*); yaye kubonelelwa ngokhuseleko kwizakhiwo.

Ngo-2008 iZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*) lafumana iikholi ezimalunga ne-19 449 itotali, kwaza kwalandelelwa eziyi-3840. Itotali ibingu-17 554 iikholi ngo-2009 ezinamatyala ayi-3588 athe alandelelwa (*follow-up cases*).

Ngo-2008, amatyala ayi-321 kwayi-3840 afuna ingcaciso malunga nokuba kungenziwa njani xa kusingathwa isoyikiso esithile, ingcaciso emalunga neHIV/AIDs, ukukhulelwa kolutsha okanye ukuziphatha kakubi, njl.njl. Ngo-2008, ziyi-660 iikholi ezafunyanwayo ezimalunga nohlukunyezo (ngokomzimba, ngokomphefumlo, naziziyobisi) kwaye zibe yi-623 iimeko zohlukunyezo ngo-2009. IZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo linika inkxaso inkcazo yokuqala ekwikhompyutha (*online debriefing*) okanye “uncedo lokuqala kunxunguphalo lomphefumlo” (*psychological first aid*) kwaye eso sehlo sigqithiselwa kubaboneleli-nkonzo ukwenzela ukuba ochaphazelekayo afumane iingcebiso ezibanzi (*in-depth counselling*).

IZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo linika ingxelo yokuhla kwezenzo zoqhekezo nokonakaliswa kwezakhiwo (*burglary and vandalism*) enyakeni, ukususela kumatyala ayi-796 ngo-2008 ukuya ku-750 ngo-2009. Amatyala ohlukunyezo achaziweyo ehla ukususela ku-660 ukuya ku-623. Izehlo zamatyala ii-*trauma cases*) zehlile ukusuka ku-348 ngo-2008 ukuya ku-297 ngo-2009. Kubekho ukwanda kumatyala olwaphulo-mthetho axeliweyo ukusuka ku-605 ngo-2008 ukuya ku-645 ngo-2009.

Ngokwe-totali yi-240 izikolo ezafumana iziseko zophuhliso lokhuseleko (*security infrastructure*). Izikolo eziyi-62 zafumana isistim ye-alam (*alarm systems*) eqhagamshelaniswe ne-*armed response*; Izikolo eziyi-13 zafumana ii-*burglar bars*; ziyi-50 izikolo ezafumana iigeyithi zokhuseleko; eziyi-28 zafumana ii-*stone guards*; eziyi-25 zafumana iisistim ze-intakhom ukulungiselela iinjongo zokuphuma kwisakhiwo ngongxamiseko; izikolo eziyi-4 zafumana iikhamera ze-CCTV zaza eziyi-57 zanikwa inkxaso ekubiyeni apha naphaya ukuvala izikhewu. Iipatrol zokhuseleko ii-*emergency security patrols* ziququzelelwa ngethuba leeholide zesikolo ukunceda ukunciphisa ulwaphulo-mthetho olunxulumene nezakhiwo (*property-related crimes*).

Ukongeza kwiZiko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo neziseko zophuhliso, iSebe iWCED libonelela ngeeprogram zemfundo ukwenzela ukuguqula izinto ezingumdla wabafundi zibe zizinto abazinqwenelayo ebomini ezifana nezemidlalo, ezobugcisa, ezedrama namakhondo emisebenzi exa elizayo. Iiprogram zigxininisa kwiinguqu ezimalunga nendlela yokucinga okanye iinguqu zeendlela zokuziphatha; iiprogram zoqeqesho ezibubuchule nezakhayo zolawulo lokusombulula nolamlo kungquzulwano.

Amagosa oKhuseleko (*Safety resource officers*) ayaqeshwa ukunika inkxaso izikolo ngeekomiti zokhuseleko lwezikolo nezicwangciso zokhuseleko lwezikolo; ukumisela iiprogram zenkxaso kunye/okanye iiprogram zothintelo nokuthatha amanyathelo njengemodeli ezidlala indima eyakhayo nabaniki-zingcebiso (*mentors*) kwizikolo eziyi-109 ezisengozini enkulu (*high-risk schools*).

Amagosa anika inkxaso abafundi (*Learner support officers*) alandelela abafundi abatshungayo (*truant learners*) aze aqinisekise ukuphononongwa kweengxaki zabafundi. Abonelela ngeengcebiso nokucetyiswa (*coaching*) kwabafundi abasemngciphelweni nokuqinisekisa ukuba abafundi banokufikelela kwiinkonzo abazidingayo. Amagosa anika inkxaso abafundi aququzelela iprojekthi ye-*“Youth In Control”* njengenxalenye yeprogram yeholide. Le projekthi ijolise ekubetheleleni iindlela zokucinga neendlela zokuziphatha ngeenkqubo ezifanelekileyo nemfundo: ukumisa ngendlela izitraktsha zezemfundo ezijongene nabafundi abayeka isikolo bengagqibanga (*dropouts*) nokuphuliswa kwezakhono zokuphumeza iiprojekthi zabahlali.

Ukubonelelwa kweziseko zophuhliso

Kunyaka ochaphazelekayo, kwagqitywa izakhiwo zezikolo ezili-10. Ukongeza apho, kwakhiwa zayi-184 izikolo eziziprayimari nezikolo ezizisekondari eziyi-101, izikolo eziziprayimari eziyi-16 namagumbi ayi-24 amagosa azii-*secondary specialist rooms*. Ziyi-75 iiklasi ezingoomahamba nendlwana (*mobile classrooms*) ezaziswayo ukunceda izikolo ukuba zimelane noxinzelelo lwendawo yokufundela nokufundisela.

IsiCwangciso i-*Infrastructure Plan* sika-2010/11 – 2012/13 sabekwa etafileni ngooMatshi kwaye sicebisa ngezi zinto zilandelayo ukujongana nokubonelelwa ngeziseko zophuhliso kwi-MTEF.

1. Ukusetyenziswa kwamagumbi okufundela angasetyenziswa ngokupheleleyo kwizikolo ezikhoyo
2. Ukwakha amagumbi okufundela ayi-322 kwizikolo ezikhoyo ukunciphisa ukukhula kwanani abafundi nengxinano
3. Ukwakha amagumbi okufundela ayi-25 ukunciphisa ukukhula kwanani abafundi nengxinano
4. Ukutshintsha iiklasi ezingafanelekanga kwizikolo eziyi-20 ezikhoyo nokutshintsha izibonelelo ezingafanelekanga ngezinye izibonelelo eziyi-20
5. Ukulondolozwa nokulungiswa kwezakhiwo

Kwi-MTEF, iSebe iWCED liya kwakha iiklasi zeBakala R eziyi-150, izikolo ezineemfuno ezizodwa ezi-4 nezikolo zezakhono eziyi-6 lindlela ezizezinye ezingekuko ukwakha eziya kuthathwa ingqalelo ziinkqubo zothutho lwabafundi zangoku, usetyenziso ngokupheleleyo lweehostele, ukuqeshiswa kwezakhiwo zesikolo, ukuhlanganiswa nokudityaniswa kwezibonelelo ezikhoyo, isayizi yefanitshala nokuchithwa kwezakhiwo nemihlaba.

Imiba efuna uqwalaselo oluqhubekayo

Zonke izinto ezidweliswe phantsi ko-“Inkqubela” zifuna uqwalaselo oluqhubekayo. Inxenye yezi zinto sele icacisiwe kwisiCwangciso seWCED iWCED *Strategic Statement and Strategic Plan*.

Amaphulo ongenelelo ngoncedo okomeleza uLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala

Sele zikhankanyiwe ezi zinto phantsi kwesihloko (“Inkqubela” (ICandelo 2, Amaphepha 41 no-42 apha ngentla). Zibandakanya ukubonelela ngeprogram yenkxaso ebanzi kwizikolo eziyi-250, ukusekwa kwenkqubo ezandlalelayo ukwenzela ukubonelelwa kwamaphulo ongenelelo ngoncedo ephondo, ukubonelwa kweekhithi nezicwangciso zonyaka kuzo zonke izikolo, nezicwangciso zongenelelo ngoncedo ezisekelwe kumaziko zexesha elide. Eyona nto ibaluleke ngqitha kweli phulo kukuqeqesha isikolo esiyiprayimari ngasinye kwiphondo esisebenzisa ababoneleli-nkonzo bangaphandle kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala. Oku kukhatshwa zizibonelelo zeLTSM ezaneleyo kuLwimi lwaseKhaya noLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (*Home Language and First Additional Language*).

IsiCwangciso sephondo i*Literacy and Numeracy Strategy (2006)*, sibonelela ngenkqubo-sikhokelo efanayo ukulungiselela inkqubo efanayo nekuvumelayo ukutshintshwa (*uniformity and flexibility*). Simisela imodeli yoqeqesho lootitshala beseklasini olunamandla (*strong in-class training*) nenkxaso, ukubeka esweni, ukunika ingxelo, nokucaciswa kweendima nemisebenzi yabathathi-nxeba beSebe iWCED nokuba nokuphendula apho kungekho nkqubela kwaye oko kusekelwe kule mingxilo ilandelayo (*following pillars*):

- Iprogram ye-*pre-school*
- Ukomeleza nokwenza utshintsho kwindlela yokufundisa (*classroom practice*)
- Uqeqesho lootitshala nophuhliso
- Izibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa (*LTSM*)
- Uphando
- Ukubeka esweni nenkxaso
- Uququzelelo nokuqhubeka ithuba elide (*co-ordination and sustainability*)
- Ukunika inkxaso (Advocacy), uluntu olunolwazi neentsapho ezinako ukufunda nokubhala

Kumiselwe ezi thagethi zilandelayo –ukuya kuthi ga ku-2019:

1-% yabafundi kumaBakala 3 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokufunda nokubhala

1-% yabafundi kumaBakala 3 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala

1-% yabafundi kumaBakala 6 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuFunda nokuBhala

1-% yabafundi kumaBakala 6 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala

1-% yabafundi kumaBakala 9 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kwiLwimi

1-% yabafundi kumaBakala 9 abafumene iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kwiMathematika

Ukuphuculwa kokupasa kwabafundi kwiBakala 12

Oku kubandakanya iprogram ebekwe esweni esekelwe ekumiseleni iithagethi, ukufundisa, ukubonelelwa ngeencwadi zokufunda, inkxaso ebanzi kumalungiselelo eemviwo ngeenkcazo ezisekelwe kumaziko (*site-based analyses*), amaxwebhu, kwakunye neprogram yokuqinisekisa ukugqibelela kokufundisa, ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwexesha lokufundisa, nokomeleza izintlu zolawulo lwesikolo.

Kumiselwe ezi thagethi zilandelayo –ukuya kuthi ga ku-2019:

Izikolo ezinereyithi yokupasa engaphezu ko-60%

Ireyithi yokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Amanani okupasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Ipesenti (%) yabafundi abafaneleke ukungena kwizifundo zesiDanga sokuQala (*Bachelor Degree*)

Amanani abafundi abafaneleke ukungena kwizifundo zesiDanga sokuQala (*Bachelor Degree*)

Amanani abafundi abapasa iMathematika kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Amanani abafundi abapasa iFizikhali Sayensi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

9.3 IProgram 3: Inxaso-mali yeZikolo eziZimeleyo

Injongo yeprogram

Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996

Iprogram ye-Independent School Subsidies iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo:

Isigaba sePrayimari

- ukunika Inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ezifundisa amaBakala 1-7

Isigaba seSekondari

- ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ezifundisa amaBakala 8-12

Izinto eziqhubekayo malunga nemigaqo-nkqubo yeprogram ngo-2009/10

NgokoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika (*South African Constitution*) nabani na angaseka aze aqhuba isikolo esizimeleyo ngeendleko zakhe, ngokuxhomekeka kwiikhrayitheriya ezingqongqo. Ezi zikolo mazingaze zibacalule abafundi ngenxa yezizathu zobuhlanga, koko mazigcine umgangatho wezemfundo ongekho ngaphantsi kwalowo ufana nokwizikolo zikarhulumente, kwaye masibhaliswe kwisebe lezemfundo lephondo.

NgoJanuwari ngo-2009 owaye nguMphathiswa wezeMfundo uNks Pandor, wabhengeza kwiGazethi kaRhulumente No 31848 yange-30 Januwari 2009 ukuba umhla wokuhlelwa (*categorization*) kwezikolo ezizimeleyo ukwenzela iinjongo zenkxaso-mali ngokweMimiselo neMigangatho yeNkxaso-mali (*National Norms and Standards for School Funding (NVSSF)*), unokutshintshwa ukususela ku-Januwari 2004 ukuya ku-Januwari 2008.

NgoMatshi 2009, iSebe iWCED lafumana esi saziyo laza laqhubela phambili ngenkqubo yokuhlela izikolo (*categorization*). Izikolo ezizimeleyo zacelwa ukuba zinike iSebe iWCED inkcazo ngeefizi zazo nokuba ezi fizi zimiselwe njani na. Emva kokuhlelwa kwezikolo (*categorization of the schools*), zonke izikolo zachazelwa ngesabelo sazo sango-2009-2010.

Ngo-2010 iNtshona Koloni yenza isiphakamiso sokuxhasa izikolo ezizimeleyo kwaNdlunkulu ukwenzela ukuba amagosa ezithili zemfundo akhululeke abe nako ukunika inkxaso izikolo zikarhulumente. ISebe iWCED lihambela izikolo eziyi-127 ezizimeleyo kweziyi-195. Izikolo zafumana zonke iisetyhula nembalelwano zeWCED kwaye ziyakhuthazwa ukuba zisebenzise amaziko ewebhu eWCED.

Imigaqo emalunga nobhaliso nenkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo.

ILungu leBhunga leSigqeba elijongene nezeMfundo kwiPhondo leNtshona Koloni, ngokweSiqendu 46 soMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala, 48 (uMthetho 1996 ka-84), njengoko ufakelwe izilungiso, ngokungqinelana nentloko yezemali (*financial head*), labhengeza imigaqo ecaciswe kule shedyuli.

1. Iimfundo ezimiselweyo neMiqathango yoBhaliso (*Requirements and Conditions for Registration*)
2. Imigaqo yoBhaliso
3. Imvume yaBafundi yokuchophela iiMviwo
4. Ukuhlolwa kweZikolo eziZimeleyo
5. Inkxaso kwiZikolo eziZimeleyo
6. Ukurhoxiswa koBhaliso nokuValwa kwezikolo eziZimeleyo
7. Izibheni ezenziwa kwiLungu leSigqeba soLawulo

Lugqityiwe uxwebhu oluyidrafti.

ST301	Inkxaso-mali yezikolo ezizimeleyo—Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye kanye
IINTLAWULO ZEEPROGRAM EZISEKELAYO (R'000)					
	3.1 Isigaba sePrayimari	19,042	19,500	22,610	22,610
	3.2 Isigaba seSekondari	20,671	24,619	32,912	32,912
	ITOTALI	39,713	44,119	55,522	55,522
IINTLAWULO NGOKOKUHLELWA KWEZOQEQESHO (R'000)*					
	Inlawulo zalo nyaka-mali	0	0	0	0
	Imbuyiselo yabasebenzi	0	0	0	0
	Ootishala	0	0	0	0
	Abasebenzi abangengabo ootishala	39,713	44,119	55,522	55,522
	Iimpahla neenkonziso kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	0	0	0	0
	ITOTALI	39,713	44,119	55,522	55,522
IINKUKAKACHA-MANANI ZENTSEBENZO					
UKUQESHWA KWABASEBENZI					
	Inani lootishala (abaqeshwe ngurhulumente)	-	-	-	-
UBHALISO					
	Abafundi kwizikolo ezizimeleyo abafumana inkxaso-mali	16 703	17 397	18 432	17 928
	Isigaba sePrayimari	8 626	11 115	12 106	11 657
	Isigaba seSekondari	8 077	6 282	6 326	6 271
	Abafundi kwizikolo ezizimeleyo abangafumani inkxaso-mali	8 532	13 744	8 532	9 096
	AmaBakala 1-7	6 474	6 871	6 474	6 218
	AmaBakala 8-12	2 058	6 873	2 058	2 878
	ITOTALI (bonke abafundi bezikolo ezizimeleyo)	25 235	31 141	26 964	27 024
Makquatshelewe:					
1. Iidatha yabafundi engumahluko (variable: learner data) ngumba wepatheni engathembakalanga wokungensiwa kweesethi zedatha kwixa elidlulileyo. Izalathi zango-2010 zibonisa ukuba iZikolo ezizimeleyo ziye zaphendula kwii- audit vests ngokukhetha ukungensia iidatha zazo ngokuzithandela, nto ke leyo eya kukhokelela kwidatha ethembeke ngakumbi kwixa elizayo.					
2. *Ithagethi ka-2009/10 yeNkcitho (Expenditure) linani loLwabiwo-Mali lokuGqibela (Final Appropriation) luka-2009/10					

ST301	INKXASO-MALI YEZIKOLO EZIZIMELEYO—Imiba ephambili				
	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye kanye	
AMAZIKO					
Izikolo ezifumana inkxaso-mali (a)	87	98	100		106
3.1 Isigaba sePrayimari	65	66	65		80
3.2 Isigaba seSekondari	22	26	22		26
Izikolo ezingafumani nkxaso-mali	118	115	129		125
ITOTALI	205	213	229		231
Izikolo ezifumana inkxaso-mali ebezihanjelwe enyakeni ngenjongo yokuzibeka esweni (b)	-	61	45		106
► IMILINGANISELO YENTSEBENZO					
► PM301: Inani lezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ezihanjelweyo ngenjongo yokuzibeka esweni	0.00%	45	45		106
► PM302 Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwiZikolo ezizimeleyo	Idatha yenkcazo ayifumaneki	17 397	18 432		17 928
Makquqatshelwe: Le Nngxelo yoNyaka inika ingxelo kwisethi entsha yeMlinganiselo yeNisebenzo kazwelonke (Performance Measures). Kwi-Annual Performance Plan (APP) ka- 2009/10 amanqaku afundeka ngolu hlobo: Ngumlinganiselo weNisebenzo kaZwelonke omisha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zihile nemiqathango Ngenxa yokuba ithagethi kufanele zimiselwe, kuseyenziswe uqikelelo ukwenzela inqanaba eliqikelelweyo ngo-2008/09 ngokusekelwe kwinkcazo eneenkukacha kwisethi zedatha efanayo. Njengoko izinto zedatha kule Mlinganiselo yeNisebenzo miisha bezingaboniswa kwiNngxelo yoNyaka ka2008/09 inkcazo yazo njenge- "Eyona kanye" mayithathelwe ingqalelo kwezo meko-bume.					

Imilinganiselo yentsebenzo: lingxoxo ngomahluko	
► PM 301: Inani lezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ezihanjelweyo ngenjongo yokuzibeka esweni	
Ithagethi: 45 Eyona kanye: 106 Zonke izikolo zihanjelwe. Ii-ofisi zezithili zemfundo zigcine iirekhodi yemeko yobunjani yenkxaso ebonelelweyo	
► PM302 Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo	
Ithagethi: 18 432 Eyona kanye: 17 928 Amanani abafundi angawo kanye afunyanwa kwiifom zokwenza izicelo zezikolo ezizimeleyo ezenza izicelo zenkxaso-mali. Ngenxa yokuhlelwa kwakhona kwezikolo ezizimeleyo (<i>re-categorization of independent schools</i>) ukwenzela iinjongo zenkxaso-mali, ngokweMimiselo neMigangatho yeNkxaso-mali yeZikolo, okwaqhubeka ngo-Apreli 2009, izikolo ezimbalwa zakulungela ukufumana inkxaso-mali. Oku kube negalelo ekuhlени kwamanani abafundi kwizikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali.	

Inkqubela

Ukubalwa kwezikolo kwaqhutywa kwikota yokuqala ka-2010 ngabasebenzi bakwaNdlunkulu. Ingxelo ngezikolo ezihanjelweyo yaqitywa kwaza kwavunyelwana ngemiba ekucetyiswayo ngayo. ISebe iWCED lihambela izikolo eziyi-127 ezizimeleyo kweziyi-195. Izikolo eziyi-106 zafumana inkxaso-mali ngexesha elifanelekileyo ukuba zazingenisi iiritheni zekota zazo ezaziyimfuneko kwangexesha. Ootitshala bezikolo ezizimeleyo baya kumasifundisane owaqhutywa yiWCED

Ukungeniswa kweedatha efanelekileyo kwiSebe iWDCED kune notshintsha-tshintsho. Ngaphandle kwango-2008, kubekho ireyithi ephezulu yokubuyiswa kweengxelo kwiSnap Survey ye-*Annual School Survey*. Iprogram ka-2010 yokuhanjelwa kwezikolo ezizimeleyo yakhokelela ekwandeni kakhulu kokubuyiswa kweengxelo kwi-Snap Survey ngo-2010.

	SNAP 07 Kwangeniswa	SNAP 08 Kwangeniswa	SNAP 09 Kwangeniswa	ASS 07 Kwangeniswa	ASS 08 Kwangeniswa	ASS 09 Kwangeniswa	SNAP 10 Kwangeniswa
Inani	73	63	96	59	86	62	105
%	57.48	49.61	75.59	46.46	67.72	48.82	82.6

IThebhile 2 Ukufana kwamaxwebhu e-ASS neSS ngokususelwa kwiisampula zezikolo eziyi-127 (Uvimba eDatha: I-EMIS)

Imingeni ekhethekileyo nezisombululo nemiba efuna uqwalaselo oluqhubelekayo

Umngeni 1: Ukulawula unxibelelwano nezikolo ezizimeleyo ngokweemeko zemisebenzi ezikhuphisanayo (in the context of competing responsibilities)

Isisombululo:

- Amagosa akwaNdlunkulu aya kuqhuba ubalo ngokusebenzisa amaxwebhu (*paper-based audit*) kuzo zonke izikolo ezizimeleyo nezikolo zasemakhaya kwiziko ledatha leWCED ngo-2010.
- Yi-80% yezikolo ezizimeleyo ezingenisa iingxelo zemali eziphicothiweyo njengoko kumiselweyo kwimigaqo.
- Izikolo ezizimeleyo ezifaneleke ukufumana inkxaso-mali, ziya kuyifumana ngexesha elililo.
- Bamalunga ne-25% ootitshala kwizikolo ezizimeleyo abaya koomasifundisane bophuhliso abaqhutywa sisithili semfundo, ngakumbi aboo boLwazi lokuFunda noLwazi lokuBhala noLwazi lokuBala.

9.4 IProgram 4: Imfundo yeSikolo esineeMfundo eziZodwa sikaRhulumente

Injongo yeprogram

Ukubonelela ngemfundo enyanzelekileyo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa ngokungqinelana noMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika nomgaqo-nkqubo i-*White Paper 6 on Inclusive Education*

Iprogram yeMfundo yeSikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo (*Ordinary School Education programme*) inezi program zisekelayo zilandelayo:

Izikolo

- ukubonelela izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente ngezibonelelo (*resources*)

Iinkonzo zoqeqesho/zootitshala

- ukunika inkxaso izikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

- ukubonelela ngoqeqesho nolunye uphuhliso lootitshala nabo bangezo titshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Ukuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo yeprogram ngo-2009/10

Nge-1 Apreli 2010 uMthetho waBantwana, 2005, (uMthetho 38 ka-2005) waqalisa ukusebenza. NgokweSiqendu 196 (3) kuMthetho waBantwana, 2005 (uMthetho 38 ka-2005), izikolo zemizi-mveliso (*schools of industry*) nezokubuyiswa kwezimilo (*reform schools*), eziluxanduva lweSebe leMfundo lephondo, ngalo mhla apho eli esi siqendu siqalisa ukusebenza, ziba luxanduva lweSebe loPhuhliso lweNtlalo lephondo (*provincial Department of Social Development*), kwisithuba seminyaka emibini yokuqaliswa kwesahluko esifanelekileyo kulo Mthetho. Oku kuthetha ukuba izikolo zemizi-mveliso nezikolo zokubuyiselwa kwezimilo eMzantsi Afrika kufanele zinikezelwe kwiSebe loPhuhliso lweNtlalo ekupheleni kuka-Apreli 2010. ISebe leMfundo esiSiseko kuZwelonke (*National Department of Basic Education*) liya kuququzelela inkqubo ngokudibene neSebe loPhuhliso lweNtlalo okanye amanye amasebe afanelekileyo. Kungokunje kuphela zizikolo ezithathu ezineemfundo ezizodwa eNtshona Koloni ezinako ukuthatha abafundi abathunyelwe ngokwale mithetho ifanelekileyo.

ST401	IZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZEMFUNDO ENEEMFUNO EZIZODWA -Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye kanye
IINTLAWULO ZEEPGRAM EZISEKELAYO (R'000)					
4.1	Izikolo	434,279	510,390	626,223	623,604
4.2	Iinkonzo zoqeqesho/zootitshala	46	0	0	0
4.3	Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	0	0	0	0
ITOTALI		434,325	510,390	626,223	623,604
IINTLAWULO NGOKOKUJHELELWA KWEZOQOQOSHO (R'000)*					
	Iintlawulo zalo nyaka-mali	354,586	414,963	490,034	490,034
	Iimbuyiselo yabasebenzi	349,223	411,090	484,441	484,441
	Ootitshala	276,235	328,379	389,141	389,141
	Abasebenzi abangangabo ootitshala	72,988	82,711	95,300	95,300
	Iimpahla neenkonziso kunye nezinye izinto kulo nyaka-mali	5,363	3,873	5,593	5,593
	Iinkxaso-mali neentlawulo ezenziwa ngoomatshini	79,739	95,427	106,446	104,246
	Iintlawulo zee-capital assets	0	0	29,743	29,324
ITOTALI		434,325	510,390	626,223	623,604
IINKCUKACHA-MANANI ZENTSEBENZO					
UKUQESHWA KWABASEBENZI					
	Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	1 649	1 646	1 644	1 746
	Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	950	963	915	984
UBHALISO					
	Ukuya kufikelela kubandakanywa neBakala 7	9 665	6 143	10 244	8 522
	IbAkala 8 nengaphezulu	6 050	7 772	6 866	9 444
AMAZIKO NEZISEKO ZOPHUHLISO					
	Izikolo	72	72	75	72

ST401 IZIKOLO ZIKARHULUMENTE ZEMFUNDO ENEEMFUNO EZIZODWA -Imiba ephambili (Isaqhubeka)				
	2007/08 Eyona kanye kanye	2008/09 Eyona kanye kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye kanye
► IMILINGANISELO YENTSEBENZO				
► PM 401: Inani labantwana abaneemfuno zemifundo ezizodwa abaneminyaka eyi-6 ukuya kweyi- 15 abangabhalisanga kumaziko emifundo	Umlinganiselo omtsha	306	204	1 800* [295]
► PM402: Inani labafundi ababhalise kwiZikolo zikarhulumente zemifundo eneeMfuno ezizodwa	15,764	15 790	17 110	17 966
Makuqatshelwe:				
1. Le ngxelo yoNyaka inika ingxelo kwisethi entsha yeMlinganiselo yeNtsebenzo kazwelonke (Performance Measures). Kwi-Annual Performance Plan (APP) ka- 2009/10 amanqaku afundeka ngolu hlobo: Ngumlinganiselo weNtsebenzo kaZwelonke omisha yiyo le nto kungekho datha yezembali (historical data) phantsi kwezo fomula zithile nemiqathango Ngenxa yokuba ithagethi kufanele zimiselwe, kuseyenziswe uqikelelo ukwenzela inqanaba eliqikeleliweyo ngo-2008/09 ngokusekelwe kwinkcazo eneenkcukacha kwisethi zedatha efanayo. Njengoko izinto zedatha kule Mlinganiselo yeNtsebenzo mtsha ibingaboniswa kwiNgxelo yoNyaka ka2008/09 Inkcazo yazo njenge- "Eyona kanye" mayithathelwe ingqalelo kwezo meko-bume.				
2. * Makuqatshelwe ukuba ithagethi yamiselwa ngethuba lezicebo ezenziwa kwiWCED. Inani elingu-1800 yingcaciso ebonelelwe yi-DoBE nefuryenwe kwi-General Household Survey (GHS) ka- StatsSA. Okokuba iingxelo zamaxwebhu kukuba itotali yamanani abemi baseNishona Koloni (WC population) yabantwana abakhubazekileyo kolu didi ngu- 10 416 nokuba, yi-17.3% yelo nani iyitotali ngabo bangayiyiyo kumaziko emifundo.				
3. Uvimba weDatha kwi- PM 402: "Annual Survey for Public Special Schools" (2009)				
4. Ithagethi ka-2009/10 kwi-Nkcitho linali loLwabiwo-mali lokuGqibela luka-2009/2010(Final Appropriation 2009/10 figure)				

IMilinganiselo yeNtsebenzo: Ingxoxo ngemiba engangqinelaniyo kwingxelo

► PM401: Inani labantwana abaneemfuno zemfundo ezizodwa abaneminyaka eyi-6 – 15 abangabhalisanga kumaziko emfundo

Ithagethi: 204

Ithagethi kanye kanye: 295

Lo mlinganiselo wentsebenzo awukwazi kungqinisiswa. Izinto ezenzeka ngoku zibonisa ukwanda kwabafundi ababengabhalisanga ngaphambili

kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ngakumbi abasuka eMpuma Koloni, kumanye amaphondo kunye nabaziimbacu (*refugees*). Funda inothi ekwithebhile elapha ngasentla.

► PM402: Inani labafundi ababhalise kwiZikolo zeMfundo eneemfuno eziZodwa

Ithagethi: 17,110

Inani kanye kanye: 17,966

Ukwanda kwinqanaba labafundi abakweli candelo sisiphumo sokukhula ngokwandayo kwezikolo ezikhoyo zokufundisa ngezakhono kwithuba leminyaka emine kwakhona nokusekwa kwezikolo ezibini ezongezelelweyo zokufundisa ngezakhono minyaka le.

Inkqubela

Iziseko zokukhuthaza ukwanda

NgokoMgaqo-nkqubo 6 weMfundo oSebenzayo (*Education White Paper 6*) iSebe iWCED limisele iziseko zokulungiselela ukuqaliswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi (*inclusive education*) (*IE*) ngokusebenzisa (iikomiti zee-ofisi zezithili zemfundo zokunika inkxaso) (*district-based support teams*), (2) ukomelezwa kwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ukuba zibe ngamaziko oncedo (*resource centres*), (3) ukusekwa kweyunithi ze-ELSEN kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezikhethiweyo ukuba zibe zizikolo ezinika inkonzo epheleleyo, kuze okwe-(4) ibe kukwakhiwa kweekomiti zokunika inkxaso kwinqanaba lamaziko.

(1) Iikomiti zokunika inkxaso kwii-ofisi zezithili zemfundo

Iikomiti zokunika inkxaso kwii-ofisi zezithili zemfundo ziyakwazi ukufikelela kule nkonzo ilandelayo yabasebenzi yokunika inkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa: kwiisayikholojisti, koonontlalo-ntle, kubacebisi bokunika inkxaso kwimfundo, kwiitheraphisti eziziintloko, kubacebisi ngezekharityhulam bemfundo eneemfuno ezizodwa, kubasebenzi abaqeqeshiweyo bezeHIV/AIDS kunye nakubasebenzi abaqeqeshelwe ukutyisa abafundi ezikolweni.

(2) Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa njengamaziko oncedo

Ngoku, iSebe iWCED linezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa eziyi-74 ezinabafundi abamalunga ne-17,970 yabaneemfuno zemfundo ezizodwa. Eli nani ligqithe kwithagethi eqikelelweyo ye-17,110 ngabafundi abayi-856. Ukwanda kwinqanaba labafundi kweli candelo kususiphumo sokukhula ngokwandayo kwezikolo ezikhoyo ezifundisa ngezakhono kwithuba leminyaka emine edlulileyo, kwakhona nokuphuhlisa kwezikolo ezibini ezongezelelweyo zokufundisa ngezakhono minyaka le. Isebe lemfundo lizibandakanye kwiprogram yokomeleza izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezikhethiweyo ukuba zibe ngamaziko oncedo kwanezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Amaziko oncedo akhethiweyo akwazizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa afumana izithuba ezongezelelweyo zeekomiti zokunika inkxaso zangaphandle ukunika inkxaso kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nakwiiyunithi ze-ELSEN kwizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo. Ezi zithuba zingaphezulu zibandakanya iitheraphisti ezingootitshala, iisayikholojisti kwanootitshala bokunika inkxaso ekufundeni.

(3) Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo njengezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo

Inani leeyunithi ze-ELSEN kwizikolo eziyi-95 ezibonelela ngenkonzo epheleleyo landile ukuya kutsho ku-100 kwaye kuqikelelwa ukuba eli nani liya kukhula liyokutsho ku-139 ngo-2010/2011. Uninzi lwabafundi abakwiiyunithi ze-ELSEN ngabafundi ababesenokuthunyelwa kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kwixesha elidlulileyo. Inani lootitshala abanika inkxaso ekufundeni abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kunye nezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo linyukile ngo-32 ukuya kwitotali engu-552 yezithuba. Aba titshala bancedisa ekufundeni bancediswa ziikomiti zezithili zemfundo ezinika inkxaso, ziikomiti zeesekeke kwanangamaziko oncedo/nazizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa.

(4) Iikomiti zokunika inkxaso zenqanaba lamaziko (*Institutional level support teams*) (*ILSTs*)

Iikomiti zokunika inkxaso kwinqanaba lamaziko zisekiwe kwizikolo zikarhulumente kwaye zifumana ukomelezwa qho.

Izikolo zokufundisa ngezakhono

Izikolo ezibini ezongezelweyo zokufundisa ngezakhono, iCafda neFaure School of Skills, zasekwa ngo-2009/2010 ukwandisa itotali yenani kweli phondo iyokutsho ku-15. Ukwamkelwa kwabafundi eSiviwe School of Skills kwaye kwandiswa ngokongeza iiklasi ezintlanu ezingaphezulu. Ukongeza kwezi zikolo zikhoyo ngoku zokufundisa ngezakhono, izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa ezithandathu zaye zongeza iiyunithi ezifundisa iiprogram zezakhono zepraktikhali kwizikolo ezifundisa ngezakhono.

Ikharithyulam

Ikharityhula ze-NCS ziye zalungelelaniselwa izikolo zokufundisa ngezakhono. Ikharithyulam yeSikolo sokufundisa ngezakhono izama ukubandakanya iMfundo eneeMfundo eziZodwa zeMfundo yabafundi abathile ababuthathaka abasengozini yokuyeka esikolweni phambi kokufikelela kwiBakala 9. Ikharithyulam yeSikolo esifundisa ngezakhono ifundisa abafundi ngezakhono kwiinkalo ezinjengomsebenzi wokubeka isitena (*bricklaying*), wokuchwela (*carpentry*), wokudibanisa iintsimbi (*welding*) kunye nezinye iinkalo ezinxulumeneyo ezibenza ukuba bakwazi ukuthatha inxaxheba kwimalike yezomsebenzi. Le kharityhulam icetyiswayo ithatha iminyaka emine. UNyaka 1 ngunyaka wezifundo ezikulungiselela elinye inqanaba (*bridging year*) kwaye bonke abafundi bafumana ukuvavanywa ngesixhobo sovavanyo olwandlalelayo (*baseline evaluation tool*). Iimfundo zabafundi ngokuphathelele kwizifundo zoLwazi lokuFunda nokuBhala kunye noLwazi lokuBala zifumana ukuqatshelwa ngelokungenelela ngoncedo kwanokunika inkxaso. Abafundi kwakhona bafundiswa iindidi ngeendidi zezakhono ukwenzela ukuba benze izigqibo ezicingisisekweyo zoNyaka 2. KuNyaka 2-4: Ugxininiso lusasele lukwizifundo zoLwazi lokuFunda nokuBhala kunye noLwazi lokuBala lukhatshwa sisifundo sesakhono esibalulekileyo nesakhono esisekelayo (*major skill and a sub-skill*).

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

Isemina engeenkqubo ezingcono zonyango nokuphilisa ngokwasengqondweni okanye emzimbeni (*medical and therapeutic services*) kwakuyiwe kuyo ziitheraphisti zemfundo eziyi-162 noonesi abaqeqeshiweyo.

Iisayikholojisti zezikolo zinyanzelekile ukuba zilandele imigaqo yokuziphatha ngentsulungeko (*ethical codes*) enxulumene nomhlaba wokusebenza kweesayikholojisti. ISebe iWCED libonelele ngamathuba oqeqesho kwiisayikholojisti ezibhalisiweyo kwi*Ethics for Psychologists: Introduction and Confidentiality* zaze iisayikholojisti eziyi-82 zaya kolu qeqesho.

Oonontlalo-ntle bezikolo baya kuqeqesho ngenjongo yokwandisa ubuchule babo bokuqonda, ukucalula nokuphendula kwimeko yezamaziko yeSebe iWCED. Oonontlalo-ntle kufuneka balungelane nemeko eyahluke kakhulu ngenxa yokuba oonontlalo-ntle bezikolo babonelela ngenkonzo kwimeko apho ukugxila kwenkonzo kukwimfundo kunokuba kusenza kwezobuntlalo-ntle. Oonontlalo-ntle baye bafumana uqeqesho kuMthetho waBantwana, ka-2005 (uMthetho 38 ka-2005), noMthetho woLwaphulo-mthetho kwezeSondo (*Sexual Offences Act*) ngokunjalo neenkalo ezilishumi eziphambili ngokobaluleko seSebe iWCED. Uxwebhu olusayilwayo i*WCED Strategy for the Prevention and Management of Substance Abuse in Schools* kuye kwabonelelwa ngalo ukulungiselela isicwangciso sokuthintela ukusetyenziswa gwenxa kweziphithikezi-ngqondo (*substance abuse*). Ngelokuphuhlisa izakhono kwiSebe iWCED zokujongana nemiba yokusetyenziswa gwenxa kweziphithikezi-ngqondo ngabafundi, Uxwebhu olusayilwayo i-*WCED Child Protection* lwaqulunqwa ngentsebenziswano namagosa avela kwi-ofisi yeNkulumbuso nakwamanye amasebe karhulumente ukwenzela iNdebe yeSoka yeHlabathi.

Amagosa ayi-141 okunika inkxaso ekufundeni kwanootitshala bokunika inkxaso ekufundeni ababeye kwinkomfa egxile kwi*Learning Support within the Paradigm of Inclusive Education*. Amagosa okunika inkxaso ekufundeni nootitshala bokunika inkxaso ekufundeni bayile kwiprogram yokuqeqesha yeMathematika yabafundi bezikolo eziziiprayimari kwaye baye babonelelwa ngefayili yokunika inkxaso ekufundeni ukuxhasa iinkqubo eziqhutywa ngcono kakhulu.

Ukugxila kwesicwangciso seSebe iWCED sokukhuthaza indlela yokuziphatha kakuhle kusekutshintsheni indlela yokucinga isuke kwiinkqubo zokohlwaya kwanokunyanzelisa isingise kwindlela yengqeqesho eyakhayo, uphuhliso lolutsha kunye nezicwangciso zokubuyisela izinto esiqhelweni (*restorative strategies*). Uqeqesho kwiprogram yokulawula ukuziphatha ngendlela eyiyo olusekelwe phezu kwemigaqo yentsusa yeNkqubo yeSangqa soBugorha kwaye kwaqhu-tyekwa nalo. Itotali yootitshala abayi-613 nabasebenzi bee-ofisi zesithili zemfundo bafumana uqeqesho kwiiprogram ezintathu zesiseko (*three foundation programmes*).

Ukuphuyezwa kwakhona kweSicwangciso sokuSkрина, ukuQwalasela, ukuVavanya nokuNika iNkxaso (*Screening, Identification, Assessment and Support Strategy*) kwakhokelela ekuqeqeshweni kwamagosa angaphezulu ayi-1929 ezikolweni nakwii-ofisi zezithili zemfundo.

Imingeni ethile namanyathelo okuyoyisa

Umngeni: Uxinzelelo kwindawo yokufundela

Imfuno ekhulayo yokunika inkxaso igqithile kwizibonelelo zoncedo ezifumanekayo ezibandakanya ezoluntu, ezezakhiwo kwanezibonelelo zemali kwiphondo oko kukhokelele kwilisti yabasalandileyo kuninzi lwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Nangona ikho le mingeni, ukunikwa kwenkxaso yemfundo eneemfuno ezizodwa kwandisiwe ngemali engaphezulu evela kwiOfisi kaNondyabo kaZwelonke ukwenzela ukuba kwandiswe imfundo ebandakanya bonke abafundi. Nakuba kunjalo, uninzi lwenkxaso-mali kubonelelwe ngayo ekudaleni izithuba ezingaphezulu ukomeleza izikolo ezinemfundo eneemfuno ezizodwa ezikwangamaziko oncedo, izikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo kwaneekomiti ezinika inkxaso ezikwii-ofisi zezithili zemfundo.

Imiba efuna ukunikwa ingqwalaselo okokoko

Ukwandiswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi kufuna ukunikwa ingqwalaselo okokoko. Le projekthi isasele iyiprojekthi exhaswa ngemali nguzwelonke. Ekuhambeni kwexesha iSebe iWCED liya kubandakanya inkxaso-mali yokwandiswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi kwibhajethi yamacandelo yeSebe iWCED.

Ukuphuculwa kokuziphatha kwabafundi ezikolweni kusasele kungumngeni ofuna inkqubo eqingqiweyo nelungiselelweyo ukwenzela ukuba ibe yimpumelelo. Isicwangciso seSebe iWCED sokukhuthaza ukuziphatha ngendlela eyiyo sinika umgaqo-sikhokelo wokutshintsha izikolo zibe ziindawo ezinceda abo banokuziphatha ngendlela edala ingxaki ukuba batshintshe oku kuziphatha, kwaye kunikwe amathuba ootitshala okuphendula ngempumelelo nangokufanelekileyo koku kuziphatha kungumngeni ngaphakathi nangaphandle eklasini.

9.5 IProgram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubelekayo

Injongo yeprogram

Ukufundisa iFET kwiikholeji zeFET zikarhulumente ngokungqinelana noMthetho weKholeji weMfundo noQeqesho oluQhubelekayo (2006)

Iprogram yeFET inezi program zisekelayo zilandelayo:

Amaziko karhulumente

- Ukubonelela iikholeji zeFET zikarhulumente ezithile ngezibonelelo (*resources*)

Iinkonzo zokuqeqeshelwa umsebenzi

- Ukunika inkxaso kwiikholeji zeFET zikarhulumente

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

- Ukubonelela ngophuhliso loqeqesho kootitshala nakwabangengotitshala kwiikholeji zeFET zikarhulumente

Iigranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango

- Ukubonelela ngokuxhotyiswa kwakhona kwabasebenzi (*re-capitalisation*) beekholeji zeFET zikarhulumente

Iprogram yophuhliso lomgaqo-nkqubo ngo-2009/10

ISebe leMfundo yaMaziko ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*) (DHET) lasekwa ngoMeyi 2009. Eli sebe lifaka amaziko emfundo ephakamileyo, iikholeji zeFET, iiSETA nee-AET phantsi kwesebe elinye kwaye ligxininisa kwimfundo noqeqesho olulandela emva kwemfundo yasesikolweni. Ngokusekwa kweSebe leMfundo noQeqesho i-DHET, iikholeji zeFET ziya kuba phantsi kolawulo lukazwelonke. ISebe leMfundo noQeqesho i-DHET namasebe emfundo kazwelonke aya kusayina umgaqo wemvumelwano ngezolawulo (*protocol of agreement*) ngethuba leenguqu kunye nolawulo lweekholeji.

Umgaqo-nkqubo wemimiselo nemigangatho yokuxhaswa ngemali kweekholeji zeFET (*The norms and standards policy for funding FET Colleges*): Ngokwesiqendu 23 soMthetho 16 weMfundo eQhubelekayo neeKholeji ka-2006, uMphathiswa kufuneka aqinisekise imimiselo nemigangatho engumlinganiselo omncinane wokuxhaswa ngemali kweekholeji zeFET. Le mimiselo nemigangatho yaqulunqwa ngokuthetha-thethana njengoko kufunekayo kuMthetho okhankanywe ngasentla yaza yapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 32010 nge-16 Matshi 2009. Umhla wokuqalisa ukusetyenziswa kwemimiselo yenkxaso-mali yayiyi-1 Apreli 2010.

Okubalulekileyo kukuba imimiselo nemigangatho isekelwe kwiindleko zokubonelela ngemfundo noqeqesho lweSatifikethi sikaZwelonke: kwiiProgram zeZifundo ngoMsebenzi (*National Certificate: Vocational Programmes*). Isiqendu 13 semimiselo yokubonelela ngemali sichaza ukuba: "Ifomula yokubonelela ngemali inamacandelo amathathu. Eyokuqala yinkxaso-mali karhulumente ehlawula i-80% yeendleko zeprogram. Eyesibini kukubeka umqathango omakungagqithwa kuwo kwiifizi zenqanaba lekholeji, ngokwenjenjalo kuncitshiswe iindleko zeprogram ezisenokuhlululwa ukuya kutsho kwi-20% yeendleko zeprogram. Eyesithathu kukusekwa kwesikim sebhassari kazwelonke ukuqinisekisa ukuba abafundi, abanamandla ngokwezemfundo koko behlwempuzekile, bafumana ukuncediswa ukuba bahlawule iifizi zekholeji." Ukwabelwa kweemali iikholeji kwiinzame zokusebenzisa le mimiselo kwenzeka ngohlobo lwegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango, kuhamba neentlawulo zenyanga. Intlawulo yemali ezikholejini ukuphumeza le mimiselo yenzeka ngegranti ehlawulwa ngemiqathango, iintlawulo zisenziwa qho ngenyanga.

ST501	IMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBELEKAYO – Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye	2008/09 Eyona kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye
INTLAWULO NGOKOHLLELO LWEZOQOQOSHO (R'000)*					
5.1	Amaziko karhulumente	237,228	289,885	368,917	368,917
5.2	Iinkonzo zokufundisa	0	0	0	0
5.3	Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	0	0	0	0
5.4	Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	80,000	77,305	0	0
ITOTALI		317,228	367,190	368,917	368,917
INTLAWULO NGOKOHLLELO LWEZOQOQOSHO (R'000)*					
	Intlawulo yangoku	169,049	200,850	212,675	212,675
	Iimbuyiselo yabaqeshwa	169,049	200,850	212,670	212,670
	Ootitshala	142,508	169,098	180,045	180,045
	Abangengotitshala	26,541	31,752	32,625	32,625
	Iimpahla neenkono nokunye	0	0	5	5
	Iimali ezihlawuliweyo (transfers) neenkxaso-mali	148,179	166,340	156,242	156,242
	Iintlawulo zee-asethe i-capital assets	0		0	0
ITOTALI		317,228	367,190	368,917	368,917
* Ithagethi yeNkcitho ka-2009/10 linani loLwabiwo-mali lokuGqibela luka-2009/10					
EZABASEBENZI					
	Ootitshala	1176	1123	24	24
UKUBHALISA					
	Inani elilinganayo labafundi abasisigxina	23 945	29 868	20 000	28 053
	Abafundi (Ukubala iintloko zabafundi) (a)	54 721	39 083	39 551	29 887
	abanye babo ngababhinqileyo	22 737	17 918	19 343	15 247
	abakumacandelo ezobugcisa (b) *	2 321	1 810	8 500	1 154
	Abafundi abagqiba iprogram ngempumelelo apha enyakeni (c)	38 304	20 744	30 000	21 665

ST501	IMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBELEKAYO – Imiba ephambili				
	2007/08 Eyona kanye	2008/09 Eyona kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye	
IINKUKAKACHA-MANANI EZINGOKUQHELANISO-MSEBENZI (LEARNERSHIPS)					
limvumelwano ezisebenzayo zabafundi zoqhelaniso-msebenzi kwiphondo (d) **		Akukho datha ifumanekayo	5 000	4 196	
Inani leemvumelwano ezibandakanya iikholeji zeFET njengababoneleli (e) ***	4 500	4 200	1 090	4 196	
► IMILINGANISELO YENTSEBENZO					
► PM501: Inani labafundi beNC(V) ababhalise kwiikholeji zeFET zikarhulumente	I-PM entsha	5 720	11 970	12 742	
► PM502: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kumacandelo obugcisa (Civil, Mechanical, Design ne-Electrical fields, ubuncinane enye yezi, akumelanga ukuba zibalwe kabini)	I-PM entsha	8 147	5 027	4 280	
► PM503: Inani labafundi abafakwe kwiinkqubo zoqhelaniso-msebenzi (learnerships) abafundi kunye nomsebenzi kwiikholeji yeFET	I-PM entsha	2 470	6 500	4 196	
► PPM 501: Inani leebhasari zokufunda ezinikwa abafundi kwiikholeji zeFET	I-PM entsha	6 260*	10 000	8 124	
Qaphela:					
1. Le Ngxelo yoNyaka ichaza ngesethi entsha yeMlinganiselo yeNtsebenzo kazwelonke (national Performance Measures). KwiSicwangciso seNtsebenzo soNyaka (Annual Performance Plan) (APP) ka-2009/10 isaziso sifundeka ngokulandelayo: "Le yiMlinganiselo yeNtsebenzo kaZwelonke eMfusha kungoko kungekho datha inika imbali phantsi kwezo fomiyula kwanemimiselo ethile". Ngenxa yokuba iithagethi ezinsha kufuneka zimiselwe, kwasetyenziswa uthelekiso kwinqanaba lengqikelelo okanye lokucingelwayo ilika-2008/09, kusekelwe ekwenzeni izigqibo ngokufunda isethi zedatha echazwe kule Mlinganiselo yeNtsebenzo mitsha yayingabhalwanga kwiNkxelo yoNyaka ka-2008/09, ukuchazwa kwazo njengemali "eyeyona kanye" zimelwe ukuqondwa ngokwale meko.					
2. * Qaphela ukuba inkcazo-magama yamacandelo ezobugcisa icaaciswe ngqo yaziswa kumacandelo ezoBunjinieli ukwenzela ukuba ingqinelane nenkcazo-magama ye-NC(V).					
3. ** Ababoneleli bakarhulumente nababucala bayabandakanyeka kuqhelaniso-msebenzi (learnership delivery). Le datha imele idatha "yeekholeji zeFET zikarhulumente kuphela"					
4. *** Iikholeji zisayina iimvumelwano nabafundi abakwiiiprogram zoqhelaniso-msebenzi, ngoko ke inani elo linye nelo likwiPPM503					
5. **** Qaphela ukuba inani lentusa libaliwe kwi-APP echaphazelekayo, kwamiselwa ithagethi yayo, engu-9 250. Imihla yokupapashwa kwe-APP yandulela inkqubo yoku-oditha ekupheleni konyaka kungenxa yeso sizathu ithagethi yayisekelwe kwingcamango engacingisiswanga.					

IMilinganiselo yeNtsebenzo: lingxoxo ngomahluko
PM401: Inani labantwana abaneemfundo zemfundo ezizodwa abaneminyaka eyi-6 – 15 abangabhalisanga kumaziko emfundo
<p>Ithageathi: 204 Ithageathi kanye kanye: 295</p> <p>Lo mlinganiselo wentsebenzo awukwazi kungqinisiswa. Izinto ezenzeka ngoku zibonisa ukwanda kwabafundi ababengabhalisanga ngaphambili kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa, ngakumbi abasuka eMpuma Koloni, kumanye amaphondo kunye nabaziimbacu (<i>refugees</i>). Funda inothi ekwithebhile elapha ngasentla.</p>
► PM402: Inani labafundi ababhalise kwiZikolo zeMfundo eneemfundo eziZodwa
<p>Ithageathi: 17,110 Inani kanye kanye: 17,966</p> <p>Ukwanda kwinqanaba labafundi abakweli candelo sisiphumo sokukhula ngokwandayo kwezikolo ezikhoyo zokufundisa ngezakhono kwithuba leminyaka emine kwakhona nokusekwa kwezikolo ezibini ezongezelelweyo zokufundisa ngezakhono minyaka le.</p>

Inkqubela

Iziseko zokukhuthaza ukwanda

NgokoMgaqo-nkqubo 6 weMfundo oSebenzayo (*Education White Paper 6*) iSebe iWCED limisele iziseko zokulungiselela ukuqaliswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi (*inclusive education*) (*IE*) ngokusebenzisa (iikomiti zee-ofisi zezithili zemfundo zokunika inkxaso) (*district-based support teams*), (2) ukomelezwa kwezikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa ukuba zibe ngamaziko oncedo (*resource centres*), (3) ukusekwa kweyunithi ze-ELSEN kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezikhethiweyo ukuba zibe zizikolo ezinika inkonzo epheleleyo, kuze okwe-(4) ibe kukwakhiwa kweekomiti zokunika inkxaso kwinqanaba lamaziko.

(1) Iikomiti zokunika inkxaso kwii-ofisi zezithili zemfundo

Iikomiti zokunika inkxaso kwii-ofisi zezithili zemfundo ziyakwazi ukufikelela kule nkonzo ilandelayo yabasebenzi yokunika inkxaso kwimfundo eneemfundo ezizodwa: kwiisayikholoji, koonontlalo-ntle, kubacebisi bokunika inkxaso kwimfundo, kwii-theraphisti eziziintloko, kubacebisi ngezekharityulam bemfundo eneemfundo ezizodwa, kubasebenzi abaqeqeshiweyo bezeHIV/AIDS kunye nakubasebenzi abaqeqeshelwe ukutyisa abafundi ezikolweni.

(2) Izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa njengamaziko oncedo

Ngoku, iSebe iWCED linezikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa eziyi-74 ezinabafundi abamalunga ne-17,970 yabaneemfundo zemfundo ezizodwa. Eli nani liqitha kwithageathi eqikelelwayo ye-17,110 ngabafundi abayi-856. Ukwanda kwinqanaba labafundi kweli candelo kususiphumo sokukhula ngokwandayo kwezikolo ezikhoyo ezifundisa ngezakhono kwithuba leminyaka emine edlulileyo, kwakhona nokuphuhlisa kwezikolo ezibini ezongezelelweyo zokufundisa ngezakhono minyaka le. Isebe lemfundo lizibandakanye kwiprogram yokomeleza izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa ezikhethiweyo ukuba zibe ngamaziko oncedo kwanezikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa. Amaziko oncedo akhethiweyo akwazizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa afumana izithuba ezongezelelweyo zeekomiti zokunika inkxaso zangaphandle ukunika inkxaso kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa nakwiiyunithi ze-ELSEN kwizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo. Ezi zithuba zingaphezulu zibandakanya iitheraphisti ezingootitshala, iisayikholoji kwanootitshala bokunika inkxaso ekufundeni.

(3) Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo njengezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo

Inani leeyunithi ze-ELSEN kwizikolo eziyi-95 ezibonelela ngenkonzo epheleleyo landile ukuya kutsho ku-100 kwaye kuqikelelwa ukuba eli nani liya kukhula liyokutsho ku-139 ngo-2010/2011. Uninzi lwabafundi abakwiiyunithi ze-ELSEN ngabafundi ababesenokuthunyelwa kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa kwixesha elidlulileyo. Inani lootitshala abanika inkxaso ekufundeni abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kunye nezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo linyukile ngo-32 ukuya kwitotali engu-552 yezithuba. Aba titshala bancedisa ekufundeni bancediswa ziikomiti zezithili zemfundo ezinika inkxaso, ziikomiti zeeseke the kwanangamaziko oncedo/nazizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa.

(4) Iikomiti zokunika inkxaso zenqanaba lamaziko (*Institutional level support teams*) (*ILSTs*)

Iikomiti zokunika inkxaso kwinqanaba lamaziko zisekiwe kwizikolo zikarhulumente kwaye zifumana ukomelezwa qho.

Izikolo zokufundisa ngezakhono

Izikolo ezibini ezongezelelweyo zokufundisa ngezakhono, iCafda neFaure School of Skills, zasekwa ngo-2009/2010 ukwandisa itotali yenani kweli phondo iyokutsho ku-15. Ukwamkelwa kwabafundi eSiviwe School of Skills kwaye kwandiswa ngokongeza iiklasi ezintlanu ezingaphezulu. Ukongeza kwezi zikolo zikhoyo ngoku zokufundisa ngezakhono, izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezithandathu zaye zongeza iiyunithi ezifundisa iiprogram zezakhono zepraktikhali kwizikolo ezifundisa ngezakhono.

Ikharityhulam

Ikharityhula ze-NCS ziye zalungelelaniselwa izikolo zokufundisa ngezakhono. Ikharityhulam yeSikolo sokufundisa ngezakhono izama ukubandakanya iMfundo eneeMfuno eziZodwa zeMfundo yabafundi abathile ababuthathaka abasengozini yokuyeka esikolweni phambi kokufikelela kwiBakala 9. Ikharityhulam yeSikolo esifundisa ngezakhono ifundisa abafundi ngezakhono kwiinkalo ezinjengomsebenzi wokubeka isitena (*bricklaying*), wokuchwela (*carpentry*), wokudibanisa iintsimbi (*welding*) kunye nezinye iinkalo ezinxulumeneyo ezibenza ukuba bakwazi ukuthatha inxaxheba kwimalike yezomsebenzi. Le kharityhulam icetyiswayo ithatha iminyaka emine. UNyaka 1 ngunyaka wezifundo ezikulungiselela elinye inqanaba (*bridging year*) kwaye bonke abafundi bafumana ukuvavanywa ngesixhobo sovavanyo olwandlalelayo (*baseline evaluation tool*). Iimfuno zabafundi ngokuphathelele kwizifundo zoLwazi lokuFunda nokuBhala kunye noLwazi lokuBala zifumana ukuqatshelwa ngelokungenelela ngoncedo kwanokunika inkxaso. Abafundi kwakhona bafundiswa iindidi ngeendidi zezakhono ukwenzela ukuba benze izigqibo ezicingisisekileyo zoNyaka 2. KuNyaka 2-4: Ugxininiso lusasele lukwizifundo zoLwazi lokuFunda nokuBhala kunye noLwazi lokuBala lukhatshwa sisifundo sesakhono esibalulekileyo nesakhono esisekelayo (*major skill and a sub-skill*).

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

Isemina engeenkqubo ezingcono zonyango nokuphilisa ngokwasengqondweni okanye emzimbeni (*medical and therapeutic services*) kwakuyiwe kuyo ziitheraphisti zemfundo eziyi-162 noonesi abaqeqeshiweyo.

Iisayikholojisti zezikolo zinyanzelekile ukuba zilandele imigaqo yokuziphatha ngentsulungeko (*ethical codes*) enxulumene nomhlaba wokusebenza kweesayikholojisti. ISebe iWCED libonelele ngamathuba oqeqesho kwiisayikholojisti ezibhalisiweyo kwi*Ethics for Psychologists: Introduction and Confidentiality* zaze iisayikholojisti eziyi-82 zaya kolu qeqesho.

Oonontlalo-ntle bezikolo baya kuqeqesho ngenjongo yokwandisa ubuchule babo bokuqonda, ukucalula nokuphendula kwimeko yezamaziko yeSebe iWCED. Oonontlalo-ntle kufuneka balungelane nemeko eyahluke kakhulu ngenxa yokuba oonontlalo-ntle bezikolo babonelela ngenkonzo kwimeko apho ukugxila kwenkonzo kukwimfundo kunokuba kusenza kwezobuntlalo-ntle. Oonontlalo-ntle baye bafumana uqeqesho kuMthetho waBantwana, ka-2005 (uMthetho 38 ka-2005), noMthetho woLwaphulo-mthetho kwezeSondo (*Sexual Offences Act*) ngokunjalo neenkalo ezilishumi eziphambili ngokobaluleko seSebe iWCED. Uxwebhu olusayilwayo i*WCED Strategy for the Prevention and Management of Substance Abuse in Schools* kuye kwabonelelwa ngalo ukulungiselela isicwangciso sokuthintela ukusetyenziswa gwenxa kweziphithikezi-ngqondo (*substance abuse*). Ngelokuphuhlisa izakhono kwiSebe iWCED zokujongana nemiba yokusetyenziswa gwenxa kweziphithikezi-ngqondo ngabafundi, Uxwebhu olusayilwayo i-*WCED Child Protection* lwaqulunqwa ngentsebenziswano namagosa avela kwi-ofisi yeNkulumbuso nakwamanye amasebe karhulumente ukwenzela iNdebe yeSoka yeHlabathi.

Amagosa ayi-141 okunika inkxaso ekufundeni kwanootitshala bokunika inkxaso ekufundeni ababeye kwinkomfa egxile kwi*Learning Support within the Paradigm of Inclusive Education*. Amagosa okunika inkxaso ekufundeni nootitshala bokunika inkxaso ekufundeni bayile kwiprogram yokuqeqesha yeMathematika yabafundi bezikolo eziziprayimari kwaye baye babonelelwa ngefayili yokunika inkxaso ekufundeni ukuxhasa iinkqubo eziqhutywa ngcono kakhulu.

Ukugxila kwesicwangciso seSebe iWCED sokukhuthaza indlela yokuziphatha kakuhle kusekutshintsheni indlela yokucinga isuke kwiinkqubo zokohlwaya kwanokunyanzelisa isingise kwindlela yengqeqesho eyakhayo, uphuhliso lolutsha kunye nezicwangciso zokubuyisela izinto esiqhelweni (*restorative strategies*). Uqeqesho kwiprogram yokulawula ukuziphatha ngendlela eyiyo olusekelwe phezu kwemigaqo yentsusa yeNkqubo yeSangqa soBugorha kwaye kwaqhutyekwa nalo. Itotali yootitshala abayi-613 nabasebenzi bee-ofisi zesithili zemfundo bafumana uqeqesho kwiiprogram ezintathu zesiseko (*three foundation programmes*).

Ukuphuyezwa kwakhona kweSicwangciso sokuSkрина, ukuQwalasela, ukuVavanya nokuNika iNkxaso (*Screening, Identification, Assessment and Support Strategy*) kwakhokelela ekuqeqeshweni kwamagosa angaphezulu ayi-1929 ezikolweni nakwii-ofisi zezithili zemfundo.

Imingeni ethile neMpendulo

Umngeni: Uxinzelelo kwindawo yokufundela

Imfuno ekhulayo yokunika inkxaso igqithile kwizibonelelo zoncedo ezifumanekayo ezibandakanya ezoluntu, ezezakhiwo kwanezibonelelo zemali kwiphondo oko kukhokelele kwilisti yabasalandileyo kuninzi lwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Nangona ikho le mingeni, ukunikwa kwenkxaso yemfundo eneemfuno ezizodwa kwandisiwe ngemali engaphezulu evela kwiOfisi kaNondyabo kaZwelonke ukwenzela ukuba kwandiswe imfundo ebandakanya bonke abafundi. Nakuba kunjalo, uninzi lwenkxaso-mali kubonelelwe ngayo ekudaleni izithuba ezingaphezulu ukomeleza izikolo ezinemfundo eneemfuno ezizodwa ezikwangamaziko oncedo, izikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo kwaneekomiti ezinika inkxaso ezikwii-ofisi zezithili zemfundo.

Imiba efuna ukunikwa ingqwalaselo okokoko

Ukwandiswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi kufuna ukunikwa ingqwalaselo okokoko. Le projekthi isasele iyiprojekthi exhaswa ngemali nguzwelonke. Ekuhambeni kwexesha iSebe iWCED liya kubandakanya inkxaso-mali yokwandiswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi kwibhajethi yamacandelo yeSebe iWCED.

Ukuphuculwa kokuziphatha kwabafundi ezikolweni kusasele kungumngeni ofuna inkqubo eqingqiweyo nelungiselelweyo ukwenzela ukuba ibe yimpumelelo. Isicwangciso seSebe iWCED sokukhuthaza ukuziphatha ngendlela eyiyo sinika umgaqo-sikhokelo wokutshintsha izikolo zibe ziindawo ezinceda abo banokuziphatha ngendlela edala ingxaki ukuba batshintshe oku kuziphatha, kwaye kunikwe amathuba ootitshala okuphendula ngempumelelo nangokufanelekileyo koku kuziphatha kungumngeni ngaphakathi nangaphandle eklasini.

9.5 IProgram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubelekayo

Injongo yeprogram

Ukufundisa iFET kwiikholeji zeFET zikarhulumente ngokungqinelana noMthetho weKholeji weMfundo noQeqesho oluQhubelekayo (2006)

Iprogram yeFET inezi program zisekelayo zilandelayo:

Amaziko karhulumente

- Ukubonelela iikholeji zeFET zikarhulumente ezithile ngezibonelelo (*resources*)

linkonzo zokuqeqeshelwa umsebenzi

- Ukunika inkxaso kwiikholeji zeFET zikarhulumente

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

- Ukubonelela ngophuhliso loqeqesho kootitshala nakwabangengotitshala kwiikholeji zeFET zikarhulumente

Igranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango

- Ukubonelela ngokuxhotyiswa kwakhona kwabasebenzi (*re-capitalisation*) beekholeji zeFET zikarhulumente

Iprogram yophuhliso lomgaqo-nkqubo ngo-2009/10

ISebe leMfundo yaMaziko ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*) (DHET) lasekwa ngoMeyi 2009. Eli sebe lifaka amaziko emfundo ephakamileyo, iikholeji zeFET, iiSETA nee-AET phantsi kwesebe elinye kwaye ligxininisa kwimfundo noqeqesho olulandela emva kwemfundo yasesikolweni. Ngokusekwa kweSebe leMfundo noQeqesho i-DHET, iikholeji zeFET ziya kuba phantsi kolawulo lukazwelonke. ISebe leMfundo noQeqesho i-DHET namasebe emfundo kazwelonke aya kusayina umgaqo wemvumelwano ngezolawulo (*protocol of agreement*) ngethuba leenguqu kunye nolawulo lweekholeji.

Umgaqo-nkqubo wemimiselo nemigangatho yokuxhaswa ngemali kweekholeji zeFET (*The norms and standards policy for funding FET Colleges*): Ngokwesiqendu 23 soMthetho 16 weMfundo eQhubelekayo neeKholeji ka-2006, uMphathiswa kufuneka aqinisekise imimiselo nemigangatho engumlinganiselo omncinane wokuxhaswa ngemali kweekholeji zeFET. Le mimiselo nemigangatho yaqulunqwa ngokuthetha-thethana njengoko kufunekayo kuMthetho okhankanywe ngasentla yaza yapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 32010 nge-16 Matshi 2009. Umhla wokuqalisa ukusetyenziswa kwemimiselo yenkxaso-mali yayiyi-1 Apreli 2010.

Okubalulekileyo kukuba imimiselo nemigangatho isekelwe kwiindleko zokubonelela ngemfundo noqeqesho lweSatifikethi sikaZwelonke: kwiiProgram zeZifundo ngoMsebenzi (*National Certificate: Vocational Programmes*). Isiqendu 13 semimiselo yokubonelela ngemali sichaza ukuba: "Ifomula yokubonelela ngemali inamacandelo amathathu. Eyokuqala yinkxaso-mali karhulumente ehlawula i-80% yeendleko zeprogram. Eyesibini kukubeka umqathango omakungagqithwa kuwo kwiifizi zenqanaba lekholeji, ngokwenjenjalo kuncitshiswe iindleko zeprogram ezisenokuhlululwa ukuya kutsho kwi-20% yeendleko zeprogram. Eyesithathu kukusekwa kwesikim sebhassari kazwelonke ukuqinisekisa ukuba abafundi, abanamandla ngokwezemfundo koko behlwempuzekile, bafumana ukuncediswa ukuba bahlawule iifizi zekholeji." Ukwabelwa kweemali iikholeji kwiinzame zokusebenzisa le mimiselo kwenzeka ngohlobo lwegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango, kuhamba neentlawulo zenyanga. Intlawulo yemali ezikholejini ukuphumeza le mimiselo yenzeka ngegranti ehlawulwa ngemiqathango, iintlawulo zisenziwa qho ngenyanga.

ST501	IMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBELEKAYO – Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye	2008/09 Eyona kanye	2009/10 lithagethi	2009/10 Eyona kanye
INTLAWULO NGOKOHELELO LWEZOQQQOSHO (R'000)*					
5.1	Amaziko karhulumente	237,228	289,885	368,917	368,917
5.2	linkonzo zokufundisa	0	0	0	0
5.3	Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	0	0	0	0
5.4	ligranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	80,000	77,305	0	0
ITOTALI		317,228	367,190	368,917	368,917
INTLAWULO NGOKOHELELO LWEZOQQQOSHO (R'000)*					
	Intlawulo yangoku	169,049	200,850	212,675	212,675
	Imbuyiselo yabaqeshwa	169,049	200,850	212,670	212,670
	Ootitshala	142,508	169,098	180,045	180,045
	Abangengotitshala	26,541	31,752	32,625	32,625
	limpahla neenkono nokunye	0	0	5	5
	limali ezihlawuliweyo (transfers) neenkxaso-mali	148,179	166,340	156,242	156,242
	lintlawulo zee-asethe i-capital assets	0		0	0
ITOTALI		317,228	367,190	368,917	368,917
* lithagethi yeNkcitho ka-2009/10 linani loLwabiwo-mali lokuGqibela luka-2009/10					
EZABASEBENZI					
	Ootitshala	1176	1123	24	24
UKUBHALISA					
	Inani elilinganayo labafundi abasisigxina	23 945	29 868	20 000	28 053
	Abafundi (Ukubala iintloko zabafundi) (a)	54 721	39 083	39 551	29 887
	abanye babo ngababhinqileyo	22 737	17 918	19 343	15 247
	abakumacandelo ezobugcisa (b) *	2 321	1 810	8 500	1 154
	Abafundi abagqiba iprogram ngempumelelo apha enyakeni (c)	38 304	20 744	30 000	21 665

ST501	IMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBELEKAYO – Imiba ephambili				
	2007/08 Eyona kanye	2008/09 Eyona kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye	
IINKUKACHA-MANANI EZINGOKUQHELANISO-MSEBENZI (LEARNERSHIPS)					
limvumelwano ezisebenzayo zabafundi zoqhelaniso-msebenzi kwiphondo (d) **		Akukho datha ifumanekayo	5 000	4 196	
Inani leemvumelwano ezibandakanya iikholeji zeFET njengababoneleli (e) ***	4 500	4 200	1 090	4 196	
IMILINGANISELO YENTSEBENZO					
► PM501: Inani labafundi beNC(V) ababhalise kwiikholeji zeFET zikahulumente	I-PM entsha	5 720	11 970	12 742	
► PM502: Inani labafundi be-NC(V) ababhalise kumacandelo obugcisa (Civil, Mechanical, Design ne-Electrical fields, ubuncinane enye yezi, akumelanga ukuba zibalwe kabin)	I-PM entsha	8 147	5 027	4 280	
► PM503: Inani labafundi abafakwe kwiinkqubo zoqhelaniso-msebenzi (learnerships) abafundi kunye nomsebenzi kwiikholeji yeFET	I-PM entsha	2 470	6 500	4 196	
► PPM 501: Inani leebhasari zokufunda ezinikwa abafundi kwiikholeji zeFET	I-PM entsha	6 260*	10 000	8 124	
Qaphela:					
1. Le Ngxelo yoNyaka ichaza ngesethi entsha yeMilinganiselo yeNisebenzo kazwebonke (national Performance Measures). KwiSicwangciso seNisebenzo soNyaka (Annual Performance Plan) (APP) ka-2009/10 isaziso sifundeka ngokulandelayo: "Le yMlinganiselo yeNisebenzo kaZwelonke eMisha kungoko kungekho datha inika imbali phantsi kwezo fomyula kwanemimiselo efile". Ngenxa yokuba ithagethi ezinsha kufuneka zimiselwe, kwaseyenziswa uthelekiso kwiingqanaba lengqikelelo okanye lokucingelwayo lika-2008/09, kusekelwe ekwenzeni izigqibo ngokufunda iisethi zedatha ezifanayo. Njengoko imiba yedatha echazwe kule Mlinganiselo yeNisebenzo mitsha yayingabhalwanga kwiNgxelo yoNyaka ka-2008/09, ukuchazwa kwazo njengemali "eyona kanye" zimelwe ukuqondwa ngokwale meko.					
2. * Qaphela ukuba inkcazo-magama yamacandelo ezobugcisa icaaciswe ngoko yaziswa kumacandelo ezoBurjineli ukwenzela ukuba ingqinelane nenkcazo-magama ye-NC(V).					
3. ** Ababoneleli bakahulumente nababucala bayabandakanyeka kuqhelaniso-msebenzi (learnership delivery). Le datha imele idatha "yeekholeji zeFET zikahulumente kuphela"					
4. *** Iikholeji zisayina iimvumelwano nabafundi abakwiiprogram zoqhelaniso-msebenzi, ngoko ke inani elo linye nelo likwiPPM503					
5. **** Qaphela ukuba inani lentlusa libhalilwe kwi-APP echaphazelekayo, kwamiselwa ithagethi yayo, engu-9 250. Imihla yokupapashwa kwe-APP yandulela inkqubo yoku-oditha ekupheleni konyaka kungenxa yeso sizathu ithagethi yayisekelwe kwiingqanango engacingisiswanga.					

Imilinganiselo yentsebenzo: Ingxoxo ngemiba yokungangqinelani kwingxelo
<p>► PM501: Inani labafundi beNC(V) ababhalise kwiikholeji zeFET zikarhulumente</p> <p>Ithagethi: 11 970 Inani kanye kanye: 12 742 Ithagethi yenziwe kwagqithiswa kuyo.</p>
<p>► PM502: Inani labafundi beNC(V) ababhalise kumacandelo obugcisa (<i>Civil, Mechanical, Design, Electrical fields, ubuncinane, enye yezi, abamelanga kubalwa kabini</i>)</p> <p>Ithagethi: 5 027 Inani kanye kanye: 4 280 Ayenziwanga ithagethi. Zonke iiprogram zeNC(V) zimakethwa ngokulinganayo, kodwa abafundi bayaskrinwa baze bafakwe kwiiprogram zeNC(V) ngokomdla namandla wabo.</p>
<p>► PM503: Inani labafundi abafakwe kwezoqhelaniso-msebenzi (<i>learnerships</i>) kwiikholeji zeFET</p> <p>Ithagethi: 6 500 Inani kanye kanye: 4 196 Ayenziwanga ithagethi. ISebe iWCED neekholeji zeFET zilandela inkqubo eyenziwa okokoko yokomeleza ubudlelane kunye neeSETA obumele ukukhokelela ekubeni iikholeji zibe ngababoneleli babo abakhethe wayo. Inyaniso yokuba iiSETA neekholeji zeFET ngoku ziphantsi kweSebe leMfundo yaMaziko ePhakamileyo kunye noQeqesho imele ukufaka igalelo ekuphunyezweni ngempumelelo engaphezulu kokubhaliswa kuqhelaniso-msebenzi lwabafundi.</p>
<p>► PM501: Inani leebhasari zokufunda ezinikwa abafundi abakwiikholeji zeFET.</p> <p>Ithagethi: 10 000 Inani kanye kanye: 14 071 Ithagethi yenziwe kwagqithiswa kuyo. Indleko eye isanda yeeprogram yaye yavumela kuphela ukuba kunikwe iibhasari zibe yi-8,124 ze-iKapa Elihlumayo. Nakuba kunjalo, ukongeza kwezi ziyi-4,876 iibhasari eziya kwiikholeji zeFET zeSebe iDHET kwiikholeji ze-(NC(V)) zaye zabelwa abafundi beNC(V) zaza iibhasari eziyi-1,071 zanikwa abeAccess (TECSAT).</p>

Inkqubela

Ukuxhaswa ngemali (*recapitalisation*)

Ukuxhaswa ngemali kweekholeji zeFET kuqale ngo-2006 kwaphela ngo-2009. Itotali yesixa-mali eyabelwe iikholeji zaseNtshona Koloni yayiyi-R227,305,000. Esi sixa-mali sachithwa kumacandelo asixhenxe ezibalulekileyo, nanto leyo eyakhokelela ekubeni

- kuqeqeshwe abahloli nabaphathi abayi-1 700 ekufundiseni nasekulawuleni iNC(V);
- ukuphuculwa kweesitim zolawulo zekholeji nokuphucuka koqhagamshelwano lweekholeji;
- ukuphuculwa kweewekhishophu, iiklasi, amagumbi ekhompuyutha namaziko oncedo abafundi;
- ukuphuculwa kweekholeji;
- ukwakhiwa kweewekhishophu ezintsha, iiklasi, ii-ofisi, amaziko oncedo namagumbi eekhompuyutha kwiqela leekhampasi; kunye
- nokuthengwa kwezinto zokusebenza kwanezixhobo zokufunda nokufundisa zeNC(V).

Inkqubo yokuxhasa ngemali yaseka iziseko zophuhliso kwaneesitim ezisemagqabini ukuphumeza iiprogram zokufundela umsebenzi nezobugcisa ezikwinqanaba eliphezulu. Yancedisa ekutsaleni inani elininzi labasebenzisanayo abavela kwimizi-mveliso, umz. iBelhar Campus and Building Industry

- Belhar Campus and Buiding
- Vredendal Campus and Namaqua Sands
- Wingfield and Toolmaking

Ngaphezulu, inkxaso-mali ye-iKapa eLihlumayo yephondo yayiphucula impembelelo yegranti yokuxhasa ngemali

- Ukwakhiwa kweebhowuthi e-False Bay College
- I-ICT/Integrated Creative Arts Development Initiative e-College of Cape Town
- UBunjini e-Bellville Campus

Ikharithulam kunye neziphumo zoviwo

Iiprogram zeNC(V) iNqanaba 4 zaqaliswa ngo-2009. Iikholeji zabhalisa malunga ne-690 yabafundi be-NC(V) beNqanaba 4 kuwiwo lukaNovemba 2009 abapasa ngereyithi yokupasa izifundo engu-84,8%. Iziphumo zeNC(V) zalibaziseka ngokungamkelekanga ekupheleni kuka-2008 zaphinda kwakhona ekupheleni kuka-2009. Izizathu zoku ziphangalele kwaye zintsonkotho kakhulu zikwangunobangela wophando olusaqhubekayo. Abafundi beNqanaba 3 bapasa ngereyithi yokupasa ka-74,8% baze bona abafundi Benqanaba 2 bapasa ngo-67,4%. Iikholeji zaseNtshona Koloni zapasa ngeyona reyithi iphezulu kwizifundo elizweni. I-NATED Engineering Studies yafumana umndilili wokupasa izifundo ongu-58,4% kwizifundo ezibhaliweyo yaza kwiBusiness Studies yangu-68,8%.

ABacwangcisi bezeKharithulam beSebe iWCED bayakuxhasa ukufundiswa kwekharithulam yeNC(V). Umgangatho wezixhobo zovavanyo zabo kwaneenkqubo zokumodareyitha ziyawuphucula umgangatho wokufundisa.

Inkxaso kwizifundo

Iikholeji zinike inkxaso yezifundo enzulu kubafundi. Oku kukhokelele ekwandeni kwiireyithi yokupasa kuwiwo lukaNovemba 2009. Inkxaso kwizifundo ibibandakanya, phakathi kwezinye izinto, inkxaso kwimathematika, iiklasi zokusombulula iingxaki zabafundi (*remedial classes*), iityhuthoriyali, izinto zokuncedisa ukufunda ezingaphezulu kwanezikim zentsusa zokondla abafundi ezikolweni (*basic feeding schemes*). Inkxaso kwizifundo ibixhaswa li-iKapa eLihlumayo Student Support Programme. Olu ngenelelo loncedo lukhethekileyo luyaqhubeka ngokuzisa iziphumo ezincumisayo ekukhuthazeni ukufikelela nasekunikeni inkxaso kubafundi.

Ubhaliso lwabafundi ngo-2010

Iikholeji zabhalisa i-12,742 yabafundi beNC(V) nabafundi beNATED abayi-9,919 ngo-2010. Abayi-7,226 abafundi babebhaliswe kwiiprogram zezomsebenzi (*occupational programmes*), oko kunike itotali yonke yabafundi abayi-29,887 abakwisistim ngoku. Nangona kukho ukuhla kwetotali yonke, amanani eNC(V) anyukile ukusuka ku-10,164 ukuya ku-12,742 (yi-42% yetotali yenani labafundi). Ngokumalunga nobhaliso lweNC(V) amanani kaMatshi yi-7790 iNqanaba 2, abayi-3354 kwiNqanaba 3 ize ibe yi-1479 kubafundi Benqanaba 4, bebonke benze i-12 623. Kubafundi abayi-9919 besifundo se-N ababhalise ngo-2010, i-1840 ngabafundi be-N3, i-4276 yayingabafundi besifundo se-N4, i-1634 ingabafundi be-N5 baze abafundi abayi-2169 ibe ngabafundi be-N6.

Indlela yokungena kumaziko emfundo

Iikholeji zandisa iinkqubo namaxesha azo okufundisa ngenjongo yokufikeleleka okungaphezulu. Kwiimeko ezininzi, izinto zokunceda zisetyenziswa ngokupheleleyo ukufundisa abafundi abasisigxina nabangesosigxina. Uninzi lwekholeji zisebenzisa amaziko okufunda avulelekileyo azo ukwenzela ukuba kuzuze abafundi bazo kwanoluntu lwasekuhlaleni olubangqongileyo.

libhasari

Uninzi lwabafundi lwaluxhaswa ngemali yeebhasari eziziintlobo ngeentlobo ngo-2009

- libhasari eziyi-8,124 ze-iKapa Elihlumayo
- libhasari eziyi-4,876 ze-DHET FET College (NC(V))
 - Yi-1,071 ezeAccess (TECSAT)

Iqela leekholeji liziqalele ezazo iingxowa-mali zeebhasari ukunika inkxaso kubafundi abasweleyo.

IiSistim zoLawulo lwaMashishini

ISebe iWCED lixhase iikholeji zeFET ngentlawulo yemali yokuqala ukwenzela ukuba ifumane i-ITS njengeprogram yolawulo lwekholeji entsha. Ukuqulunqwa kweprogram nokuqeqeshwa kwabasebenzi ngoku kuza kwenzeka. Le sistim iya kuqaliswa ngokupheleleyo ngoJanuwari 2011. ISebe iWCED kwakhona laxhasa uphuhliso lwangaphakathi lwesistim eyiprogram yolawulo ebizwa ngokuba yiASSET (*Advanced Software Solutions to Education and Training*). Le program inceda abaphathi bemfundo ukuba bacwangcise baze babeke esweni ukuqaliswa kweprogram.

Ukuqaliswa kweMimiselo neMigangatho yeNkxaso-mali yeNC(V)

Ukucwangciswa kweprogram yokufundisa ngo-2010 kusekelwe kwimimiselo yenkxaso-mali kazwelonke esebenzayo ngoku kwesi satifikethi seminyaka emithathu yeSatifikethi sikaZwelonke: seeprogram zezomsebenzi:

- National Certificate Office Administration
- National Certificate Marketing
- National Certificate Finance, Economics and Accounting
- National Certificate Management
- National Certificate Civil Engineering and Building Construction
- National Certificate Engineering and Related Design
- National Certificate Electrical Infrastructure and Construction
- National Certificate Information Technology and Computer Science
- National Certificate Primary Agriculture
- National Certificate Hospitality
- National Certificate Tourism
- National Certificate Safety in Society
- National Certificate in Mechatronics
- National Certificate in Education and Development

IMingeni ethile neMpendulo

UMngeni 1

Ukutshintshelwa kweKholeji zeFET kwiSebe leMfundo i-DHET

Umgqo wemvumelwano (*protocol agreement*) phakathi kweSebe iWCED neSebe leMfundo i-DHET wosayinwa ngoMeyi 2010.

UMngeni 2

IsiGunyaziso seeKholeji zeFET ezintsha

Iikholeji kulindeleke ukuba zandise iprogram yazo yokufundisa zikhulise namanani abafundi bazo. Uninzi lweekhampasi sele luphendule kakade ngokwandisa iiyure zokufundisa. Isiseko sophuhliso esikhoyo nangona kunjalo, asikwazi kuvumela la manani abafundi kujoliswe kuwo. Isisombululo kukutyala imali kwiziseko zophuhliso ezintsha nakwiziseko zophuhliso ezandisiweyo.

3. Imiba efuna ingqwalaselo okokoko

Uvavanyo noviwo lwe-NC(V)

Umgqo wemvumelwano ophakathi kweSebe iWCED kunye neSebe leMfundo i-DHET

Ukubekwa esweni kweGranti eneMiqathango yeShedyuli 4 (*Schedule 4 Conditional Grant*), ekufumaneka kuyo imali yokuxhasa iikholeji, ngo-2010/2011

9.6 IProgram 6: IMfundo noQeqesho yaBadala

Injongo yeprogram

Ukufundisa iABET ngokungqinelana noMthetho weMfundo noQeqesho yaBadala, ka-2000 (*Adult Basic Education and Training*)

Iprogram yeABET inezi program zisekelayo zilandelayo:

linkxaso-mali kumaziko abucala

- ukunika inkxaso kwizikolo zabucala zeABET ezithile ngokuzinika iinkxaso-mali

linkonzo zokufundisa

- ukubonelela ngenkxaso kwizikolo zeABET

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

- ukubonelela ngophuhliso lwezokuqeqeshelwa umsebenzi kootitshala nakwabangengotitshala kwizikolo zeABET

Iprogram yokuphuhliswa komgaqo-nkqubo ngo-2009/10

Imimiselo esayilwayo enxulumene nokubhalswa kwamaziko abucala eABET yayipapashiwe ukwenzelwa ukuba kukhomentwe ngayo kwiGazethi kaRhulumente No. 6695 nge-8 Februwari 2010. Umhla wokuvala ukungenisa iikhomenti wawunge-23 Matshi 2010. Iikhomenti ezivela eluntwini ngoku zifumana ukuqwalaselwa.

ISatifikethi seThutyana seMfundo ngokuBanzi neMfundo noQeqesho yaBadala (*Interim General Education and Training Certificate*) (*GETC*) *Adult Education and Training (ABET)*)

UMphathiswa weMfundo yaMaziko ePhakamileyo kunye noQeqesho wazisa uluntu nge-11 Disemba 2009 ngeMfundo ngokuBanzi neSatifikethi seMfundo noQeqesho yaBadala (*interim General Education and Training Certificate*) (*GETC*) *Adult Education and Training (ABET)*) ebhaliswe phantsi kwe-ID No 64309 kwiSAQA. Esi siqinisekiso saGazethwa nge-5 Novemba 2009, savunywa ukwenzela abafundi abadala kwiABET iNqanaba 4 (NQF iNqanaba 1) kumaziko karhulumente nawabucala.

ST601	IMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBELEKAYO – Imiba ephambili	2007/08 Eyona kanye	2008/09 Eyona kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye
IINTLAWULO EZENZIWA NGEPROGRAM EZISEKELAYO (R'000)					
6.1	Iisabsidi kumaziko abucala	25,821	26,838	29,479	29,479
6.2	Iinkonzo zoqeqesho	0	0	0	0
6.3	Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	0	0	0	0
ITOTALI		25,821	26,838	29,479	29,479
IINTLAWULO NGOHLELO LWEZOQQOSHO (R'000)					
	Iintlawulo yangoku	6,585	4,803	6,901	6,901
	Imbuyiselo yabaqeshwa	6,524	4,487	6,621	6,621
	Ootitshala	4,971	3,618	5,663	5,663
	Abangengotitshala	1,553	869	959	959
	Iimpahla neenkono nokunye	61	316	280	280
	Iimali ezihlawulweyo (transfers) neesabsidi	19,236	22,035	22,578	22,578
	Iintlawulo zee-aseethi i-capital assets	0	0	0	0
ITOTALI		25,821	26,838	29,479	29,479
EZABASEBENZI					
	Inani lootitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	4	4	4	3
	Inani labangengotitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	9	8	8	8
UBHALISO					
	Inqanaba leGET	16 612	16 682	20 655	18 894
	Inqanaba leFET	23 405	19 902	21 845	19 159
ITOTALI (a)		40 017	36 584	42 500	38 053
ABAFUNDI ABABHALISILEYO					
	Abafundi ababhalisileyo abaneminyaka eyi-18 ukuya kweyi-60 (b)	2 821 443	3 059 745	2 874 777	3 118 622
*Ithagethi yeNkcitho ka-2009/10 linani loLwabiwo lweMali lokuGqibela ngo-2009/10					

ST601	IMFUNDO NOQEQESHO OLUQHUBELEKAYO – Imiba ephambili				
	2007/08 Eyona kanye	2008/09 Eyona kanye	2009/10 Iithagethi	2009/10 Eyona kanye	
AMAZIKO KARHULUMENTE					
Amaziko afumana iinkxaso-mali					
368					
IMILINGANISELO YENTSEBENZO					
▶ PM601: Inani labafundi beABET kwiphondo					
I-PM entsha					
16 684					
42 500					
▶ PPM601: Inani labafundi beABET ababhalisele iFET					
22 110					
19 902					
21 845					
19 159					
368					
296					
102					

Qaphela :
 Le Ngxelo yoNyaka ichaza malunga nesethi entsha yeMlinganiselo yeNtsebenzo kazwelonke. KwiSiwanciso seNtsebenzo soNyaka (Annual Performance Plan) (APP) sika-2009/10 isaziso eso situneka ngokulandelayo: "Le yMlinganiselo yeNtsebenzo kaZwelonke eMfsha kungenxa yoko kungekho datha iyimbali phantsi kwezo fomyula kunye nemimiselo efile". Ngenxa yokuba iithagethi ezintsha kutuneka zimiselwe, kwaseyenziswa usondelelaniso kwiingqanaba eliqikelelwayo okanye elicingelwayo ngo-2008/09, kusekelwe kwizigqibo ezenziwe zisuka kwiidatha ezifanayo. Njengoko imiba yedatha echazwe kule Mlinganiselo yeNtsebenzo mitsha yayingabhalwanga kwiNgxelo yoNyaka ka-2008/09, ukuchazwa kwazo njengemali "eyona kanye" zimele ukucodwa ngokuphathelele koko. Idatha yoluntu ka-2008/09 yayingekafumaneki ngeithuba lokuya kushicilelo lwe-APP ngo-2009/10, kungenxa yoko kukho ukungangqinelani kwiitotali. Uvimba wedatha: General Household Survey of Statistics SA for 2008 and 2009.

* Iithagethi yeNkcotho ka-2008/09 linani loLwabiwo lweMali lokuGqibela ngo-2009/10

Imilinganiselo yentsebenzo: Ingxoxo engokungangqinelani kwingxelo
<p>► PM601: Inani labafundi beABET kwiphondo</p> <p>Ithagethi: 42 500 Inani kanye kanye:</p> <p>Ukuqaliswa kweNCS, isiqukumbelo esilandelayo seNgxelo 550 ngo-2011 nesigqibo esilandelayo sokuyeka ukubhaliswa kwabafundi abatsha kwiFET kwabangelwa kukuhla kubhaliso. Nakuba kunjalo, oku kwakhokelela ekugxileni kwiABET iNqanaba 1-4 (iNqanaba leGET) okwenza ukuba kwande abafundi babe yi-2201 ngo-2009/10. Kwafikelelwa kubafundi abayi-11 173 ngokusebenzisa iPhulo leKha Ri Gude. Eli phulo lilawulwa kuzwelonke laye lathagetha abafundi beABET iNqanaba 1 kwaneefisi zezithili zemfundo kwiNqanaba leGET, o.k.t. iABET iNqanaba 1.</p>
<p>► PPM601: Inani labafundi beABET ababhalisele iFET</p> <p>Ithagethi: 21 845 Inani kanye kanye: 19 159</p> <p>Kuthe ngokuqaliswa kweNCS kwiBakala 12 kwanesiqukumbelo ekujoliswe kuso kwiNgxelo 550 ngo-2011 kunye nesigqibo sokuyekisa ukubhaliswa kwabafundi abatsha kwiFET kubangele ukuhla kubhaliso. ii-CLC azabhalisa bafundi batsha kwicandelo leFET. Ke ngoko kwabakho ukuncipha kwinqanaba labafundi kweli nqanaba.</p>

Inkqubela

Imimiselo yaqulunqwa yaze yapapashwa

ISebe iWCED lapapasha iMimiselo yokuBhaliswa kwaMaziko aBucala kwiGazethi No. 6695 nge-8 Februwari 2010. Le mimiselo ijolise ekulawuleni ukubonelelwa ngeNkonzo kweeAET ngababoneli babucala eNtshona Koloni. Le mimiselo ijolise ekulawuleni ukubonelelwa kweNkonzo zeAET ngababoneleli babucala eNtshona Koloni. Banyanzelisa abo baboneleli ukuba babhalise bacacise gca iimfuneko zeziseko zophuhliso kunye nomoya okhuthaza ukufunda nokufundisa ukwenzela ukuba kuqaliswe ngempumelelo iiprogram zeAET ngaba baboneleli.

Emva kokusebenzisa inkqubo ephangaleleyo yothetha-thethwano, "IMimiselo eluYilo yamaBhunga oLawulo aMaziko" (*Draft Regulations for the Centre Governing Bodies*) yaye yagqitywa kwaye iza kupapashwa kungekudala. Kwakhona okubandakanyiweyo kule mimiselo ngumgaqo-sikhokelo wokusebenza kweeRCL kuMaziko eAET.

I-Kha Ri Gude

Iphulo leKha Ri Gude lokufundisa iZakhono zokuFunda nokuBhala kwaBafundi aBaninzi (*The Kha Ri Gude Mass Literacy campaign*) laqaliswa ngoAprili 2008 ngenjongo yokunika amathuba abantu abayi-4.7 yezigidi baseMzantsi Afrika ukuba bakwazi ukufunda nokubhala kwaye babe nolwazi lokubala kolunye kwiilwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumente ngo-2012. Abafundi baxhotyiswa ngolwazi lokufunda nokubhala ngolwimi lwenkobe lwabo ngokungqinelanayo neyunithi zemigangatho zeABET iNqanaba 1.

Njengexalenye yovavanyo lwabo abafundi kufuneka ukuba bagqibe imisebenzi yovavanyo engamashumi amabini (iyi-10 kwizifundo zolwazi lokufunda nokubhala ize ibe yi-10 kwezolwazi lokubala) kwiiPhothifoliyo zoVavanyo zaBafundi (*Learner Assessment Portfolios*) (LAPS). IiLAPS zimodareyithwa zize zingqinisiswe yiSAQA. Abafundi abaphumeleleyo iirekhodi zabo ziya kufakwa kwiSAQA National Learners' Record Dabatase (NLRD).

Ngo-2009 abafundi abayi-11 173 babhaliswa eNtshona Koloni. Kwaba abayi-9 430 bangenisa iiLAPS kwezo ezabafundi abayi-7 525 abaye babhengezwa njengabanobuchule.

Iziphumo zeAET

Akukho viwo lubhalwayo kumaNqanaba 1 – 3. INqanaba 1 nele-2 linezifundo zoNxibelelwano kunye nezifundo zoLwazi lokuBala, lo gama iNqanaba 3 lifumana ukudityaniswa kweeNkalo zeZifundo eziBalulekileyo (*Core Learning Areas*) ziyongezwa kwezi-2 eziphambili (*fundamentals*).

Le nkqubo imi ngokulandelayo:

- Umfundi ngamnye ubhala uvavanyo lokuqinisekisa ulwazi (*placement test*) (esisixhobo sephondo esisetyenziswayo, emakishwa ngutitshala) ukuvavanya inqanaba lomfundi.
- Umsebenzi wovavanyo olwandlalelayo (*baseline activity*) wenzeka ekuqaleni kwemodyuli nganye (esetwa ngutitshala) ukuqinisekisa ubuchule babafundi.
- Imisetyenzana kwimodyuli nganye yokufundisa ikhontenti ekusa kwiiyunithi zemigangatho zekharithyulam kwanokuvavanya kujoliswe ekuphonyezweni kweziphumo.
- Emva kokugqiba imodyuli leyo yesakhono/ubuchule babafundi buvavanywa ngomsebenzi wokuvavanya amandla omfundi
- Zi-5 iimodyuli kwinkalo yesifundo nganye, o.k.t.
 - Iyi-5 imisebenzi yokuqaphela isakhono anaso kwizifundo zonxibelelwano (iNqanaba 2&3)
 - Iyi-5 imisebenzi yokuqaphela isakhono anaso kwizifundo zolwazi lokubala (iNqanaba 2&3)
 - Iyi-5 imisebenzi yokuqaphela ezingolwazi ngeZifundo zoMsebenzi (*Pathways*) (iNqanaba 3 kuphela). Iziko elo lizalisa amaxwebhu angokucazululwa kweemfuno baze emva koko abafundi bakhethe amanye ala makhondo ezifundo ngomsebenzi alandelayo: *a) Life & Social Pathways*; b) *Economic Entrepreneurship Pathway* kunye no-c) *Science & Technology*
- Umgqaliselo (*benchmark*) wenkqubela nowokupasa ngu-50% kodwa abafundi kufuneka bagqibe yoyi-5 iyonke imisebenzi yokuqaphela yonke yomi-5 yokuqaphela isakhono kwinkalo yesifundo nganye.

INKALO YESIFUNDO	ABET iNqanaba 1	ABET iNqanaba 2	ABET iNqanaba 3
<i>Ancillary Health Care</i>	120	87	110
<i>Applied Agriculture</i>			
<i>Arts and Culture</i>	195	20	154
<i>Economic and Management Sciences</i>	31		383
<i>Human and Social Science</i>			194
<i>Languages, Literacy and Communication</i>	3 631	2 435	2 262
<i>Life Orientation</i>	268	244	888
<i>Mathematics and Literacy</i>	2 940	1 991	1 866
<i>Mathematics and Mathematical Science</i>	59	42	44
<i>Natural Science</i>	31		88
<i>Other</i>	55	34	141
<i>Small, Medium and Micro Enterprises</i>			150
<i>Technology</i>	72	22	230
<i>Tourism</i>			
ITOTALI	7 402	4 875	6 510

Iziphumo ezipheleleyo zoviwo luka-2009 lweABET inqanaba 4

	Ababhalisileyo	Ababhalileyo	% Ababhalileyo	Ababhalisele isifundo	Abasibhalileyo isifundo	% Abasibhalileyo isifundo	Abasipasileyo isifundo	% Abapasileyo
2009	2 738	1 901	69.43	11 950	7 440	62.26	4 759	63.97

ABafundi abakwiZifundo zeZakhono

Bayi-258 abafundi abagqibe izifundo zezakhono zokunonophela abagulayo ekhaya (*home-based care*), ukuphekela iindwendwe, nokulungisa ifanitshala nokulungisa izixhobo zombane.

IiProgram zeMfundo yaBadala zabaqeshwa bamasebe karhulumente

ISebe iWCED laqhubeka ngokubonelela ngeeProgram zeMfundo yaBadala kubaqeshwa bamaSebe kaRhulumente kuMaphondo nakuZwelonke. Kukho ngoku abafundi kolu bambiswano abayi-628 kwisistim. Zilishumi ii-arhente zokubambisana zephondo – ezilawulwa ziiMemoranda zeMvumelwano yeNtsebenziswano (*Memoranda of Understanding*) (*MOUs*) namanye amasebe amaphondo kunye namabini angamaSebe eMicimbi yaManzi neeNkonzo zoLuleko. Ngezi arhente zobambiswano, abaqeshwa bamasebe amaphondo banikwa ithuba lokuba bapase iGETC. “UMgaqo-nkqubo oPhangaleleyo wokuFundiswa kweABET kuBaqeshwa Bamasebe amaPhondo kaRhulumente” (*Transversal Policy for the Delivery of ABET to Employees of Provincial Government Departments*) uyasebenza. Ii-arhente zobambiswano ziyenziwa kwinqanaba lephondo neleziko.

Ukubonelelwa ngezinto zokufunda

Ngokwe-LTSM, iSebe iWCED ladlala indima ephambili ekuqulunqeni izinto zokufunda (iincwadi zokufunda) zabo bonke abafundi beABET iNqanaba 2. Ngeli linge, umfundi ngamnye weNqanaba 2 uya kuba nencwadi yokufunda (*textbook*) kuzo zonke iinkalo zezifundo, lo gama ootitshala baya kunikwa iSikhokelo saBaqquzeleli neSikhokelo soVavanyo (*Facilitators' Guide and Assessment Guidelines*).

Imingeni ethile kunye neempendulo kuyo

Ukulibaziseka ekubhengezeni iMimiselo neMigangatho yenkxaso-mali yeAET, kube neziphumo zilandelayo:

- Ukungabikho kwenkqubo efanayo yenkxaso-mali kumaziko eAET, esasele ingumngeni
- Amaziko eAET angaphenduli ngokwaneleyo kwiimfuno zoluntu ngenxa yokunqongophala kwezibonelelo zoncedo.

Le mimiselo yabhengezwa nge-14 Disemba 2008. Umgaqo-nkqubo/ iinkqubo zeSebe iWCED ezisebenzayo ngoku zaphembelela okuninzi okubhalwe kule mimiselo. Ukuphunyezwa kwale migaqo kurhoxiselwe u-2011 liSebe leMfundo esisiSeko. Ukwenzela ukuba kube nokuphunyezwa imimiselo kwanenkxaso-mali esekelwe kwiiprogram, onke amaziko emfundo yabadala kufuneka aqinisekise. Ukuqinisekiswa kubandakanya ukungqiniswa okanye ukubhengezwa liSebe iWCED ukuba "eli ziko lemfundo yabadala lithathwa njengelinobuchule bokulawula nokubhala iimali zikarhulumente ngokungqinelanayo noMthetho weABET kunye nePFMA" (umhlathi 23). Ngaloo ndlela, njengomqathango wokuqaliswa kwale nkqubo, zonke iiCLC ziya kuqinisekiswa ngo-2010.

Imiba efuna ingqwalaselo okokoko

Into ebizwa ngokuba "yiNgxelo 550 yamaBakala 12" okanye "iSatifikethi seMatriki" (*"Report 550 for Grade 12s"*) iya kubhalwa okokugqibela ngo-2011. ISebe iWCED liya kuqhubeka ukudlala indima ekuphuculweni kwemfundo yabadala kwinqanaba lephondo nelikazwelonke. Kwinqanaba likazwelonke uMgaqo-nkqubo oSebenzayo usaqulunqwa, ngokunjalo nesiqinisekiso esitsha ukuthatha indawo yeSatifikethi seMatriki. Oku kuya kulungiselela ukuqaliswa kwesiqinisekiso esijoliswe kwiimfuno zabadala kwaye kumele ukuphucula ireyithi yokugcinwa kwabafundi abadala bekumaziko emfundo yabadala. Esi siqinisekiso siya kufuna ukufundwa kweenkalo zezifundo ezimbalwa size sigxile kulutsha oluyiqibileyo imatriki, ngakumbi abo bangekho kwezemfundo, bangaqeshwanga kwaye bengafumani luqeqesho.

Ngethuba lokwenziwa kwale ngxelo, kwenziwe imitsi ephambili ukufikelela kwiiprogram ezizezinye zeFET ezisekelwe kwizakhono.

Umba wemimiselo yomsebenzi (*service conditions*) weAET ufumana ingqwalaselo okokoko kwaye kuxoxwa ngawo qho liSebe leMfundo esisiSeko.

Imiba efuna ingqwalaselo okokoko

Ekupheleni kweNgxelo 550 kumaBakala 12 nokutshintshela kwiSatifikethi seMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*Further Education and Training Certificate (FETC)* kwiBakala 12 ngo-2008 iya kuqinisekisa ukuba iiCLC ziyakwazi ukufundisa iiprogram ezifanele ngakumbi iimfuno zabadala. Ngethuba lokwenziwa kwengxelo, aliqela amanyathelo abalulekileyo enkqubela awenziweyo ukufikelela kwiiprogram ezizezinye zeFET ezisekelwe kwizakhono.

Uninzi lwabafundi baphumelela iikhredithi ezo ziceliweyo kwithuba leminyaka ubuncinane emibini ukuya kwemithathu. Nje ukuba umfundi afumane iikhredithi zibe yi-120 ezifunekayo, iGETC inokukhutshwa nguUmalusi. Izatifikethi zeenkalo zezifundo ziyakhutshwa xa abafundi beyigqibe ngokuyimpumelelele inkalo yesifundo leyo.

ISebe iWCED liya kuqhubeka ngokudlala indima ekwakheni ngokutsha imfundo yabadala kwinqanaba lephondo nelikazwelonke. Kwinqanaba likazwelonke uMgaqo-nkqubo oSebenzayo (*White Paper*) usaqulunqwa, ngokunjalo nesiqinisekiso esitsha esiza kuthatha indawo yeMatriki. Oku kuya kulungiselela ukusetyenziswa kwesiqinisekiso esijolise kwiimfuno zabantu abadala kwaye imele ukuphucula ireyithi yokugcinwa kwabafundi bamaziko abadala. Esi siqinisekiso siya kubonisa iinkalo zezifundo ezimbalwa size sigxinise kwimfundo yesikolo yolutsha, ngakumbi eyabo bangekho sesikolweni, bangaqeshwanga kwaye bengezuzi luqeqesho.

Umba weemeko zomsebenzi zabaqeshwa beAET zifumana ingqwalaselo okokoko kwaye kuxoxwa ngawo qho kwiSebe leMfundo lesiSeko likazwelonke.

9.7 IProgram 7: UPuhhliso lweMfundo yaBasaqalayo

Injongo yale program

Kukufundisa iECD kwiBakala R nakumanqanaba aselula ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo 5 oSebenzayo (*White Paper 5*)

Iprogram yeECD iqulathe ezi program zincinane zilandelayo:

IBakala R kwizikolo zikarhulumente

- Ukunika izikolo ezithile zikarhulumente eziqhelekileyo izibonelelo zoncendo ezifunekayo kwiBakala R *IBakala R kumaziko oluntu*
- ukunika inkxaso kumaziko oluntu athile kwinqanaba leBakala R

Iinkonzo zokufundisa

- ukunika inkxaso kumaziko eECD

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

- ukubonelela ngophuhliso lokuqeqeshelwa umsebenzi kootitshala nakwabo bangengootitshala kwizikolo zeECD

Iprogram yomgaqo-nkqubo wezophuhliso ngo-2009/10

IMimiselo neMigangatho kaZwelonke yenkxaso-mali yeBakala R:

ISEBE iWCED laqalisa ubhaliso lwamaziko oluntu njengezikolo ezizimeleyo kunye neMimiselo neMigangatho kaZwelonke yenkxaso-mali yeBakala R njengoko ipapashiweyo ngoJanuwari 2008 yavunywa yiHEDCOM ngoMatshi 2008.

Izinto ekufuneka zenziwe zibandakanya iiklasi zeBakala R; ukubonelelwa kwezinto zokuncedisa ukufunda nokufundisa (*learning and teaching support material*) (*LTSM*); ooJingi (*Jungle Gyms*) (Izixhobo ezisetyenziswa phandle); ukubonelela abafundi beBakala R ngeesabsidi ezinikwa zonke iiklasi zeBakala R ezibhalisileyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo kwanokubonelela ngophuhliso kwezokuqeqeshelwa umsebenzi kubasebenzi beECD abakumaziko oluntu /kwiikhritshi ezibhalisileyo zeECD.

ST701	UPhuhliso lweMifundo yaBasaqalayo – Imiba ephambili	2007/08	2008/09	2009/10	2009/10
		Eyona kanye	Eyona kanye	Ithagethi	Eyona kanye
IINTLAWULO EZENZIWA NGEPROGRAM ESEKELAYO (R'000)					
7.1	IBakala R kwizikolo zikarhulumente	70,382	137,345	178,502	174,502
7.2	IBakala R kumaziko oluntu	29,399	34,468	45,869	45,869
7.3	linkonzo zokufundisa	0	0	0	0
7.4	Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	42,478	56,935	68,249	68,249
7.5	ligranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	0	0	0	0
ITOTALI		142,259	228,748	292,620	288,620
IINTLAWULO NGOKOHELELO LWEZQQQOSHO (R'000)*					
	Intlawulo yangoku	99,794	67,715	123,332	119,332
	Imbuyiselo yabaqeshwa	69,649	53,202	58,740	58,740
	Ootitshala	69,649	53,202	58,416	58,416
	Abangengotitshala	0	0	324	324
	limpahla neenkonzo nokunye	30,145	14,513	64,592	60,592
	limali ezihlawuliweyo (transfers) neesabsidi	42,465	161,033	169,288	169,288
	Intlawulo zee-asethi i-capital assets	0	0	0	0
ITOTALI		142,259	228,748	292,620	288,620
* Ithagethi yeNkcitho ka-2009/10 linani loLwabiwo lweMali lokuGqibela ngo-2009/10					
UKUQESHWA KWABASEBENZI					
	Inani lootitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	278	265	266	251*
	Inani labangengotitshala (abaqeshwe kwinkonzo karhulumente)	-	-	0	0
UBHALISO (OLUXHASWA NGEHALI KARHULUMENTE KUPHELA)					
	IBakala R kwizikolo zikarhulumente* (a)	32 428	37 045	43 932	46 100
	7.2 IBakala R kumaziko oluntu (b)	24 899	31 556	24 000	21 077
	IBakala R kwizikolo zikarhulumente	1 375	1 644	1 700	1 820
	IBakala pre-R kumaziko oluntu	Ezi nkukacha-manani azikwazi kubalwa kuba oovimba bedatha abaphathelele i-ko abafumaneki kwiSebe iWCED.			
ITOTALI		58 702	70 245	69 632*	68 997

ST701	UPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo – Izinto eziphambili				
	2007/08 Eyona kanye	2008/09 Eyona kanye	2009/10 Ithagephi	2009/10 Eyona kanye	2009/10 Eyona kanye
ABAFUNDI KWIMFUNDO YABASAQALAYO					
Abafundi kwimfundo yabasaqalayo abaneminyaka eyi-5 (c)	91 757	92 829	92 829	100 799	
► IMILINGANISELO YENTSEBENZO					
► PM701: Inani labafundi beBakala R kwizikolo zikathulumente	31 916	37 045	43 932	46 100	
► PM702: Inani labantwana abaneminyaka emihlanu abakumaziko emfundo	I-PM entsha	I-PM entsha	I-PM entsha	55 357	
► PPM701: Inani labasebenzi ababhaliswe kwiiNkqubo zoQhelaniso-msebenzi zeECD (abanesiqinisekiso ngokupheleleyo)	0	3 000	4 000	5 573	

Qaphela:

1. Le Ngxelo yoNyaka ichaza ngesethi entsha yeMlinganiselo yeNtsebenzo kazwelonke. KwiSicwangciso seNtsebenzo soNyaka (Annual Performance Plan) (APP) ka-2009/10 isaziso sifundeka ngokulandelayo: "YiMimiselo yeNtsebenzo kaZwelonke emitsha kungenxa yoko kungekho datha yembali phantsi kwezo ndlela kunye neemeko ezithile". Kuba ithagephi entsha kwakufuneka ukuba imiselwe, kwaseyenziswa ukusondelelanisa kwiinqanaba lengqikelelo okanye eicingelwayo ngo-2008/09 okwakusekwe kwisigqibo esenziwe ngokujonga kwezinye iisethi zedatha ezifanayo. Njengoko imiba yedatha echazwe kule Mlinganiselo yeNtsebenzo mitsha yayingabhalwanga kwiNgxelo yoNyaka ka-2008/09, ukuchazwa kwazo njengemali "Eyona kanye" kumele ukuqondwa ngokwale meko.
2. Uvimba wedatha we-PM702 yiStatistics South Africa, General Household Survey, 2008
3. *Qaphela ukuba yayikho impazamo yokubala kule nkcaukacha-manani ye-APP ka-2009
4. * 248 yootitshala abayi-251 kwiProgram 7 ngaBasebenzi bePri-Prayimari – aba basebenzi bonke baqeshwe kwizithuba ezingaphezulu ngokwenani eliqingqiweyo

Imilinganiselo yentsebenzo: Ingxelo emalunga nokungangqinelani kwengcaciso

► PM701: Inani labafundi beBakala R kwizikolo zikarhulumente

Ithagethi: 43 932

Inani kanye kanye: 46 100

Itoyali yenani labafundi beBakala R abakwizikolo zikarhulumente ligqithile kwithagethi. Lo gama inani labafundi abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo landile de lagqithisa kwithagethi, inani labafundi beBakala R kwizikolo ezizimeleyo linciphile. Oku kungqinelana noMgaqo-nkqubo 5 weMfundo oSebenzayo (*Education White Paper 5*) ocebisa ukuba abafundi beBakala R bamele ukufumana izifundo kwiiklasi zamaBakala R kuzo zonke izikolo zikarhulumente nakwizikolo ezizimeleyo ezikhethekileyo ezithile.

► PPM702: Inani labantwana abaneminyaka emihlanu abakumaziko emfundo

Ithagethi: bekulindelwe idatha engqinisisiweyo evela kwaStatsSA ngexa lokupapashwa kwe-APP ka-2009/10

Inani kanye kanye: 55 357

Njengoko kungabangakho ngcaciso ifumanekileyo phambi komhla wokupapashwa kwe-APP, akukho thagethi ibimiselwe. Kumele kuqatshelwe ukuba iSebe iWCED alinaxanduva lakufundisa abantwana abaminyaka mi-5 ubudala kwaye le sethi yedatha yayibhalwe ngo-2008 kwaye isisiphumo somsebenzi wokwenziwa kwesampula ngabakwaStatsSA.

► PPM701: Inani labasebenzi ababhalise kwiinkqubo zoQhelaniso-msebenzi zeECD (abanesiqinisekiso semfundo esipheleleyo)

Ithagethi: 4 000

Inani kanye kanye: 5 973

Inani labasebenzi ababhalise kwiinkqubo zokuqhelaniso-msebenzi zeECD ligqithile kwithagethi. Baninzi kunokuba kulindelekile abasebenzi beECD abenze isicelo sokuphucula iziqinisekiso zemfundo yabo. Isicwangciso sephulo lenkxaso yasesidlangalaleni leEPWP nenjongo yeSACE yokubhalisa abasebenzi abaneziqinisekiso zemfundo zeNqanaba 4 nele-5 sivuselele umdla omkhulu ekupasweni kweziqinisekiso ezipheleleyo.

Inkqubela

Ukuqeqeshwa kwabasebenzi abafundisa iECD njengenxalenye yeProgram yeCandelo leMisebenzi kaRhulumente eYandisiweyo (*Expanded Public Works Programme*) kuyaqaliswa kwiphondo liphela. Abasebenzi abafundisa abantwana abasaqalayo abavela emaphandleni bayafakwa kwakhona kwezi nkqubo zoqhelaniso-msebenzi. Abayi-3 653 ababesebhalise kwisifundo esipheleleyo esenzelwe abasebenzi abafundisa abantwana abasaqalayo bajoyinwa linani elitsha elingu-2 320 ngoJanuwari 2010, yanyuka itotali yenani labafundi abafumana uqeqesho yayokutsho ku-5 973 kulo mjikelo.

Isimo esitsha nokwakhiwa kweeklasi zeBakala R kwaphucuka ngo-2009. Oku kuluncedo kubafundi beBakala R abaya kufundiswa ngemeko ephucula umgangatho wokufunda nokufundisa.

Iiklasi eziyi-30 ezingumzekelo zeBakala R zakhiwa ukwabelana ngeenkqubo ezizezona zingcono zeECD kwizikolo ezisebumelwaneni.

Eziyi-13 kweziyi-104 iiklasi zeBakala R ezazicwangciselwe ukwandiswa kweECD zagqitywa ekupheleni konyaka-mali. Iiklasi ezisaleleyo eziyi-91 zikumanqanaba ahlukeneyo okugqitywa.

Zonke izikolo ezineeklasi ezintsha zeBakala R kwakhona zafumana inkxaso-mali yokuthenga ifanitshala nesibonelelo sokuncedisa ukufunda sokuqala seECD (*basic start-up ECD resource pack*).

Isabelo sesabsidi yabafundi beBakala R kwizikolo zikarhulumente nezizimeleyo yandile ukwenzela ukuba ingqinelanise kwiimfuneko eziyiMimiselo neMigangatho yenkxaso-mali yeBakala R. Inkxaso-mali ifumene ukwandiswa ngokulandelayo: Inkxaso-mali yeZikolo ezikwiZalathiso zaManqanaba oBuhlwempu kuZwelonke (*National Quintile*) (NQ 7) yanyuka ukusuka kwiR12 ukuya kwiR17 ngosuku ngalunye ukuya kutsho kwitotali enguR3400 umfundi ngamnye Qho ngonyaka. Izibonelelo zenkxaso zeNQ2 zanyuka ukusuka kwiR12 ukuya kwiR16 ngosuku, o.k.t. zayokutsho kwi-R3200 Qho ngonyaka ngamnye; izibonelelo zenkxaso ze-NQ 3 zanyuka ukusuka kwiR9 ukuya kwiR13 ngosuku ngalunye, o.k.t. zayokutsho kwiR2600 Qho ngonyaka ngamnye; izibonelelo zenkxaso zeNQ4 zanyuka ukusuka kwiR6 ukuya kwiR9 ngosuku, o.k.t. zayokutsho kwiR1800 ngonyaka zaze kwiNQ 5 zasala zikwiR5 ngosuku okanye ziyiR1000 ngonyaka.

Zonke izikolo zoluntu lwasekahlaleni kufuneka zibhalise njengezikolo ezizimeleyo. Eziyi65% zezi zikolo sezibhalisileyo ukuza kuthi ga ngoku.

Abafundi beBakala R abaseZikolweni eziZimeleyo babekade bengabhaliswanga kwiCEMIS kwixa eligqithileyo. ISebe iWCED ngoku lilawula inkqubo apho bonke aba bafundi baya kubhaliswa khona kwiCEMIS.

Imingeni ethile kunye neempendulo kuyo

UMngeni 1:

Amanqanaba asezantsi olwazi lokufunda nokubhala kubasebenzi abafundisa abantwana abasaqalayo nakumalungu eSGB

Impendulo kuMngeni 1

liklasi zokufunda nokubhala zabadala ziya kunikwa kubasebenzi abathile (umz. kubanonopheli) nakumalungu eSGB akwizikolo zeECD. Ukwandiswa kokubhalisa kwiprogram yeEPWP kuya kunceda ekuphuculeni amanqanaba. Iprogram yezakhono yabasebenzi abancedisayo beECD abayi-60 iya kufundiswa ukusombulula imingeni yamanqanaba asezantsi olwazi lokufunda nokubhala.

UMngeni 2

Ukuqokelelwa kwedatha, umz. iSaveyi yonyaka kunye neCEMIS

Impendulo kuMngeni 2

Abancedisi beECD abakwiinkqubo zokuqhelaniso-msebenzi (*learnerships*) bayasetyenziswa ngoku ukuncedisa ekuqokeleleni nasekufakweni kwedatha yeCEMIS yabafundi beBakala R kwizikolo ezizimeleyo.

Zonke izikolo zoluntu, kungakhathaliseki kubhalisa okwakwenziwe kwixesha eligqithileyo, kufuneka kwakhona zibhalise njengezikolo ezizimeleyo. Le yimfuneko engummiselo yeSebe leMfundo esiSiseko. Ii-SGB zezikolo ezizimeleyo ziya kufumana uqeqesho lweCEMIS ukwenzela ukuba idatha yabafundi beBakala R ibe yechaneke ngaphezulu.

UMngeni 3:

Ukwakhiwa emva kwexesha kweeklasi eziyi-150 zeBakala R ngo-2009/2010

Impendulo kuMngeni 3

Ii-SMT neeSGB zezikolo ezikhethiweyo zaye zaziswa ngokulibaziseka kokwakhiwa kweeklasi zacelwa zenze amanye amalungiselelo ukulungiselela abafundi abatsha beBakala R zide zibe zigqityiwe ukwakhiwa iiklasi.

Imiba efuna ingqwalaselo okokoko

Inkxaso kwezi zikolo nokufikelela kwizikolo ezisemaphandleni nakwiindawo ezikude kusasele kungumngeni. Oku kuphazamisa ukuqokelelwa kwedatha echanekileyo ephathelele kwiBakala R kumaziko oluntu, njengoko uninzi lwawo lusematyotyombeni, kunqabe needilesi zeposi/Zendawo abahlala kuzo ukuzisa iifom zesaveyi yonyaka. Ukungqinisiswa kweminyaka yobudala babafundi kuzo zonke izikolo kubalulekile ukuqinisekisa ukuchaneka kwamabango.

Eminye imiba efuna ingqwalaselo okokoko:

- Intlawulo esisibonelelo (*stipend*) yabasebenzi beECD basemaphandleni abakwiprogram yoqhelaniso-msebenzi ayanelanga. Iindleko zothutho ukuya kwindawo enezibonelelo zoqeqesho ziphezulu. Abasebenzi abafundisa abantwana abasaqalayo mabahlawule ezi ndleko zingaphezulu kwaye oku kuvamise kakhulu ukuba negalelo lokungayi kwabafundi esikolweni nasekuyekeni phakathi bengagqibanga ukufunda. Ikomiti kazwelonke ejongene nemiba ethile iphanda okusengenzeka ngokuphathelele kwireyithi yentlawulo esisibonelelo esemgangathweni ukusombulula iifundo zabafundi abavela kwiindawo ezisemaphandleni ezisengaphunyezwa kuwo onke amaphondo.
- Iziseko zophuhliso (*infrastructure*): Ukubonelelwa ngeeklasi zeBakala R kwizikolo ezingenandawo yaneleyo okanye ezingenandawo yokufundisela ifanelekileyo kuya kuqhubeka. Oku kuya kulandela ifomula yezikolo eziyi-50 eziqatshelweyo ngonyaka ngamnye kwiinkalo zeyona mfundo inkulu ezisekelwe kwizalathiso zobuhlwempu, kuxinzelelo lwamanani oluntu (umzekelo apho kukho inani elininzi labafundi beBakala 1), ukufumaneka komhlaba kwanolawulo lwezemali.
- Ukubhalwa phantsi, ukungqinisiswa nokugcinwa kwamaziko eedatha eECD nokubeka esweni kwanovavanyo oluqhubekayo lubalulekile ukuqinisekisa ukusetyenziswa kakuhle kwemali nokufundiswa ngobuchule kweprogram yeECD.
- Le miba ifumana ingqwalaselo okokoko ukuphucula ukusebenza ngempumelelo nangobuchule kwecandelo leECD.

9.8 IProgram 8: IiNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo (*Auxiliary and Associated Services*)

Injongo yeprogram

Kukubonelela ngenkxaso kumaziko emfundo xa ewonke

Iprogram yeeNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo iqulethe eziprogram zisekelayo:

Iintlawulo eziya kwiSETA

- Ukubonelela ngophuhliso lwezakhono zabasebenzi ngokungqinelana noMthetho woPhuhliso lweZakhono (*Skills Development Act*)

Iiprojekthi zegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango

- ukubonelela ngeeprojekthi ezikhethekileyo zeSebe leMfundo likazwelonke ezinokusetyenziswa kwiprogram enye nangaphezulu zixhaswe ngemali ngeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango

Uviwo lwangaphandle

- Ukubonelela ngeenkonzo zoviwo ezilawulwa lisebe

Uqeqesho lootitshala

- Ukunceda ngokubonelela ngootitshala abaqeqeshiweyo nabanochule kumsebenzi wokufundisa

IKapa Elihlumayo

- ukuncedisa ekuphuculeni izakhono zabasebenzi

Iprogram yophuhliso lwemigaqo-nkqubo ka-2009/10

Akukho nto zintsha zenzekileyo

ST801	IINKONZO EZINCEDISAYO neeNkonzo eziNxulumene nazo – Imiba ephambili				
	2007/08 Eyona kanye	2008/09 Eyona kanye	2009/10 Ithagethi	2009/10 Eyona kanye	
IINTLAWULO ZIIPROGRAM EZISEKELAYO (R'000)					
8.1 Iintlawulo eziya kwiSETA	3,944	4,255	4,604	4,604	4,604
8.2 Iiprojekthi zegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango	13,001	13,727	14,626	14,626	14,626
8.3 Uviwo lwangaphandle	64,442	87,865	101,914	101,914	101,914
8.4 Uqeqesho lootitshala	1,909	0	2,000	2,000	2,000
8.5 Iikapa elihlumayo	111,702	105,282	121,062	121,062	121,062
ITOTALI	194,998	211,129	244,206	244,206	244,206
IINTLAWULO NGOHLELO LWEZOQOQOSHO (R'000)*					
Iintlawulo yangoku	88,070	112,552	141,851	141,851	141,851
Imbuyiselo yabaqeshwa	47,407	63,194	72,886	72,886	72,886
Ootitshala	24,178	21,207	30,611	30,611	30,611
Abangengotitshala	23,229	41,987	42,275	42,275	42,275
Iimpahla neenkonzo nokunye	40,663	49,358	68,965	68,965	68,965
Iimali ezihlawulweyo (transfers) neesabsidi	106,892	98,422	102,123	102,123	102,123
Iintlawulo zee-asethe i-capital assets)	36	155	232	232	232
ITOTALI	194,998	211,129	244,206	244,206	244,206
EZINGOKUQESHWA KWABASEBENZI					
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) (a)	19	12	10	10	7*
Inani labangengotitshala	234	114	117	117	91
► IIMILINGANISELO YENTSEBENZO					
► PPM801: Amanqanaba epesenteji yaqho ngonyaka obukho beHIV phakathi kolutsha oluneminyaka eyi-15-19	4.3%	5.4%	4.7%	4.7%	Idatha ibinge kakukhutshwa liSebe i-DOH
► PPM802: Inani lezikolo zikarhulumente ezinesibonelelo esinye qha ubuncinane sekhompyutha yokufunda nokufundisa	950	1 029	1 239	1 239	1 255
Qaphele:					
1. Le Nqxele yoNyaka ichaza ngesethi entsha yeMilinganiselo yeNtsebenzo kazwelonke. Isicwangciso seNtsebenzo soNyaka (Annual Performance Plan) (APP) sika-2009/10 inezaziso esifundeka ngokulandelayo: "Yimilinganiselo eMfitha yeNtsebenzo kaZwelonke kungenxa yeso sizathu kungekho datha yembali phantsi kwezo fomula nemimiselo ethile". Ngenxa yokuba iithagethi ezintsha kufuneka zimiselwe, kwaye kwasetyenziswa ukubala ngokusondelelanisa kwinqanaba lengqikelelo okanye elicingelwayo ngo-2008/09 kusekelwe ekuthatheni isigqibo ngokufunda iisethi zedatha ezifanayo. Njengoko imiba yedatha echazwe kule Milinganiselo yeNtsebenzo misha yayingabhalwanga kwiNqxele yoNyaka ka-2008/09, ukuqezwa kwazo ukuba yimali "Eyona kanye" zimele ukuqondwa ngokunxulumene noko.					
2. Ootitshala abayi-6 abakwiProgram 8 ngabasebenzi abanika inkxaso kwezeHIV kwaye bonke baqeshwe kwizithuba ezingaphezulu. Utitshala oyi-1 oqeshwe isigxina naye ukwayinxalenye yale totali.					
3. Ithagethi ka-2009/10 yeNkqubo linani lolwabiwo-mali lokuGqibela lika-2009/10					

IMilinganiselo yeNtsebenzo: lingxoxo ngomahluko0
<p>► PPM801: Amanqanaba epesenteji yobukho beHIV phakathi kolutsha olubudala buyiminyaka eyi-15-19</p> <p>Ithagethi: 4.7%</p> <p>Eyona kanye: Bekungekabikho datha ifumanekileyo</p>
<p>► PPM802: Iqela lezikolo zikarhulumente ezinesibonelelo sekhompyutha esinye ubuncinane sokufunda nokufundisa</p> <p>Ithagethi: 1 239</p> <p>Eyona kanye: 1 255</p> <p>Izikolo eziyi-1 145 zinikwe kwixesha elidlulileyo izibonelelo zoncendo xa zizonke. Kulo nyaka uphantsi kokujongiswisa izikolo eziyi-150 zifakelwe iikhompyutha ezintsha zaze izikolo eziyi-110 zaxhamla eku-apgreyidweni kweekhompyutha. Ngaloo ndlela ithagethi kugqithwe ngaphaya kwayo.</p>

Inkqubela

Inxalenye yenkxaso-mali evela kule program yenza iintlawulo zaseburhulumenteni kwiSETA kwaye yimali encedisa kwimali kwezinye iiProgram, umzekelo, inkxaso-mali yoLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala, ukwenzela iiBhasari, zoqeqesho lwezakhono nezinye iiprogram zoPhuhliso lwezakhono zaBasebenzi (*Human Resource Development Programmes*) ezidweliswe phantsi kwezinto “EziBalulekileyo ekuFuneka ziPhunyeziwe”. Ezinye iiprojekthi ezixhaswe kule Program ziwa phantsi “kweeGranti ezikhutshwa ngeMiqathango ethile” kwaze kwariptwa ngazo phantsi kweNgongoma 11, apha ngasezantsi.

Uviwo

ISebe iWCED liqhuba iimviwo ezi-4 ezibalulekileyo qho ngonyaka: uViwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngoOktobha/ Novemba; uViwo lokuXabangela lweSatifikethi seMatriki ngoFebruwari/Matshi, uViwo lweMatriki (kwisilabhasi endala) ngoMeyi/Juni kunye noViwo lweABET L4 ngoMeyi/Juni nangoOktobha.

Amaphepha emibuzo eemviwo ezine aye asetwe liSebe leMfundo esisiSeko. Iphondo liqinisekisa ngamanyathelo angqongqo kakhulu ezokhuseleko neesistim zolawulo ngethuba leenkqubo zokushicilela, ukupakisha nokusa amaphepha eemviwo ezikolweni. Iinqununu kunye nabagadi babaviwa abaziintloko baqeqeshiwe ukwenzela ukuba balawule baze baqhuba uviwo ngokweMimiselo yokuQhuba, ukuLawula nokuPhathwa koVavanyo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*Regulations on the Conducting, Administration and Management of Assessment for the National Senior Certificate*).

Icandelo loviwo lashicilela amaphepha ayi-28 640 itotali yawo kwiimviwo ezi-4: uViwo lweABET iNqanaba 4 lwaqhubeka ngoMeyi (kumaziko ayi-47); uviwo lwaphakathi enyakeni lweSC (kuMaziko ayi-251); uviwo lokuphela konyaka kumaziko ayi-420 kwanoViwo lwangoFebruwari kumaziko ayi-156.

Oku kubandakanya ukulungiselela ukuprinta amaphepha emibuzo, ukufakwa ngokwemiqule nokuziswa kwawo ezikolweni okwakwenziwe ngaxeshanye nangokuphathelele kuxinzelelo lokubambelela kwimihla esikiweyo. Imihla esikiweyo yamanqanaba okulungiselela eemviwo ezahlukeneyo iyangenana (*overlap*) - nanto leyo ibeka uxinzelelo kumagosa ukuqinisekisa uviwo oluyimpumelelo noluqhuba kakuhle.

Le nkqubo yayifuna aBagadi Babaviwa aBaziintloko naBancedisi abayi-2 194 boviwo lokuphela konyaka (kubandakanywa iABET); abayi-385 bejongene noviwo lokuxabangela baze abayi-759 bajongana noviwo lukaApreli/Meyi. Bebonke ibingabamakishi abayi-3 735 neemodareyitha zangaphakathi eziyi-66 ebezilungiselela uviwo lukaNovemba/Disemba; yayi-184 bebonke ngoFebruwari/Matshi baze bayi-627 kuviwo lwangoApreli/Meyi.

IKhanya Project

Oku kunikwa ingxelo ngako ngokuthe vetshe phantsi phantsi kwesihloko esithi “Izinto eziphambili emazenziwe” Ziphelele zizikolo eziyi-1145 ezancedwa ukuba zifumane izibonelelo zethekhinoloji; izikolo eziyi-135 sekukufutshane ukuba zifumane izibonelelo zethekhinoloji; sekubonelelwe ngeekhompyutha eziyi-43 993; ootitshala abayi-25 038 bafumene (okanye basafumana) uqeqesho lwamanqanaba ahlukeneyo ethekhinoloji; abafundi abayi-826 390 bayakwazi ukufikelela kwizibonelelo zethekhinoloji zona iiklasi eziyi-2 100 zine-*interactive whiteboards*.

Imingeni neempendulo ezithile

UMngeni 1:

IKhanya project sekulithuba isebenza kule minyaka isibhozo igqithileyo kwaye ezinye zeenkqubo esezindala ezazifakelwe ngoku zifuna ukulungiswa.

Impendulo kuMngeni 1

Ngethuba lalo nyaka uphantsi kokujongiswa zizibonelelo eziyi-110 ezaye za-apgreyidwa kwaza ngokwenjenjalo kwaqinisekiswa ukufikelela qho kwiilaboratri zekhompuyutha nasekusetyenzisweni kwezixhobo zekhompuyutha.

UMngeni 2

Imfuno yokuphucula amandla apheleleyo e-ICT kwanezibonelelo zaseLayibrari

Impendulo kuMngeni 2

Ezi mpendulo zilandelayo ziya kuphunyezwa:

UPhuhliso loMgaqo-nkqubo

1. Yenza uze uphumeze imigaqo-nkqubo enxulumene nokusetyenziswa kwengcaciso kwimfundo nakwiithekhinoloji zonxibelelwano (*communication technologies*) (ICTs).

2. Yenza uze uphumeze imigaqo-nkqubo enxulumene neSikhokelo sikaZwelonke esisaXoxwayo seeNkonzo zeeLayibrari zeZikolo (*Draft National Guidelines for School Library Services*).

3. *Ukuqeqeshwa kootitshala*. Ukuqeqeshwa kootitshala okubandakanya iiseshoni eziqhubeka ubuso ngobuso neeseshoni zoqeqesho zekhompuyutha kumanqanaba okungena, okwamkela (*adoption*), okulungiselela (*adaptation*), ukusetyenziswa nokusetyenziswa kweengcamango ezintsha ngabo bonke ootitshala, abacwangcisi bezekharithulam nabacebisi ngezekharithulam.

4. Nika inkxaso yasesidlangalaleni neyokusetyenziswa kweSikhokelo sikaZwelonke esisaXoxwayo seeNkonzo zeeLayibrari zeZikolo, ngokusebenzisa iingcaciso-ntetho kumaqela ezolawulo lwemfundo xa olu xwebhu lugqityiwe kwaye selusetyenziswa ngokwaseburhulumenteni.

5. Ukufundiswa okungaphezulu kootitshala abajongene neelayibrari zezikolo zeQIDS-UP abangekayi kwizifundo zoqeqesho.

UkuFikelela kwiZibonelelo ze-ICT nezeeLayibrari

6. Ukubonelela ngokufikelela kwiziseko zophuhliso zeICT neesistim kuzo zonke izikolo ezikwiSebe iWCED.

7. Ukubonelela ngokufikelela kwamagosa eSebe iWCED, ootitshala nabafundi kwingcaciso yedijithali, kwikhompuyutha, kokumanyelwayo kukwabona ngamehlo nengcaciso yamaphephandaba kwiLayibrari uEDULIS, kumasebe abo nakumaziko encwadi ezithili.

IZibonelelo zokuFunda kwanokuFumaneka kwiMfundo ngeKhompuyutha (e-Content)

8. Ukufikelela kwingcaciso yedijithali yabafundi, ootitshala, kwanoootitshala abasebenza ezi-ofisini. Ukufikelela kwazo zonke izikolo kuluhlu lwe *software* ecetyiswayo kuxhomekeke kuvavanyo lwekharithulam nolwezobugcisa kwi-CMS.

9. Milisela iqela labayili nabaphuhlisi bedijithali kwanabaphuhlisi bayo bevela kootitshala abasebenzayo nakubacebisi ngezekharithulam.

10. Zibandakanye nokusebenzisa izibonelelo ze-elektroniki ezifanelekileyo.

Ukubandakanyeka koluntu

11. Khuthaza intsebenziswano phakathi koluntu ngokukhuthaza izikolo ezineziseko zophuhliso zeICT neelayibrari/namaziko olwazi ukuvula izikolo neendawo zabo kuluntu lwabo lwasekuhlaleni ukukhuthaza ukubandakanyeka komntu wonke nokufunda ubomi bonke ngokuthi zisebenze njengamaziko okufunda/engcaciso e-ekhompuyutha.

EzoPhando noPhuhliso

12. Zibandakanye kuphando nakuphuhliso ukwenzela ukuba uphonononge iinkqubo ezikhoyo, uphonononge ngaphezulu, uvavanye, wenze amalinge neenzame zokusebenzisa iithekhinoloji, iimethodoloji namacebo amatsha uzame iithekhinoloji namacebo amatsha ukuphemelela izigqibo ezinxulumene nokusasazwa kwanokusetyenziswa kwazo ukukhuthaza ukufunda okusemgangathweni, ukufundisa nezolawulo.

13. Qaphelisisa iinkqubo ezizezona zingcono neethekhinoloji zengcaciso ukunika inkxaso kuphando lwemfundo, kwezomgaqo-nkqubo kunye nezingokufundisa eklasini.

Ukuqhagamshelaniseka

14. Kukuqinisekisa ukuqhagamshelaniseka kwezikolo kwiisistim nezibonelelo zokufundisa, ezolawulo nokufunda.

Imiba eqhubeka okokoko

linkqubo zoviwo

Iprogram yeemviwo ixhaswa ngemali esuka kwiProgram 8. Lo msebenzi uqhubelekayo ngokuba ngumngeni uthelwe iingozi ezinkulu kwaye zifuna ukwenziwa ngexesha elichanekileyo. Ukucwangcisa umsebenzi kungumngeni njengoko iiprojekthi ezixakekiso zilandela enye emva kwenye zize zibeke uxinzelelo kubasebenzi, kwiinkqubo zokhuthshelo lwamaphepha, izinto zokusebenza kunye nezokhuseleko kunye nokusiwa kwamaphepha ezikolweni.

IiProgram zeGranti ekhutshwa phantsi kweMiqathango

KwiKhasi 78 kunikwe ingxelo ngokuzimeleyo ngeprogram yesondlo yezikolo neyeHIV/AIDS.

Inkqubo yesondlo: Le program inendima ebaluleke kakhulu eyidlalayo yonke imihla. Imiba ephambili ngumgangatho nobungakanani bokutya. Le projekthi ibekwe phantsi kweliso elibukhali. Ixesha elichithwa ekondleni abafundi maliqatshelisiswe ukuqinisekisa ukuba oku akungeneleli kwixesha lokufundisa.

HIV/AIDS. Umngeni kukugcina iprogram egxilayo nehla ihlaziyekile ukwamkela abafundi abatsha.

9. Iimali ezihlawulweyo (*Transfer payments*)

Igama leZiko/Abazuzayo	Iimali ehlawulweyo (R'000)	Ukungqinelana neSiqendu 38(1)(j) sePFMA
IProgram 1	30,224	
Ezizezi -		
IProjekthi i <i>Telecommunication Project</i> kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	7,118	Y
IProjekthi i <i>Mathematics and Science Project</i> kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	11	Y
IProjekthi yeZikolo eZikhuselekileyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	15,858	Y
I-FET MIS yeekholeji zeFET	7,237	Y
IProgram 2	484,954	
Ezizezi -		
kuzo zonke izikolo eziziiprayimari zikarhulumente eziqhelekileyo	304,177	Y
kuzo zonke izikolo eziziiprayimari zikarhulumente eziqhelekileyo	164,945	Y
Iprogram i <i>National School Nutrition Programme</i>	15,832	Y
IProgram 3	55,522	
Ezizezi -		
Izikolo eziziiprayimari ezizimeleyo	22,610	Y
Izikolo eziziisekondari ezizimeleyo	32,912	Y
IProgram 4	102,011	
Ezizezi -		
Izikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	102,011	Y
IProgram 5	126,988	
Ezizezi -		
Amaziko eFET karhulumente	126,988	Y
Igranti yeFET ekhutshwa phantsi kwemiqathango	N/A	
IProgram 6	22,578	
Ezizezi -		
Amaziko emfundo oluntu	22,578	Y
IProgram 7	135,173	
Ezizezi -		
Imfundo yabantwana abasaqalayo kwizikolo zikarhulumente	89,441	Y
Imfundo nophuhliso lwabasaqalayo kumaziko oluntu	45,732	Y
IProgram 8	100,118	
Ezizezi -		
I-ETDP SETA	4,604	Y
Iprojekthi i <i>Khanya Projects</i> kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	61,145	Y
Iprojekthi i <i>Kapa eLihlumayo</i> kwiikholeji zeFET	3,000	Y
Iprojekthi i <i>Kapa eLihlumayo</i> kwizikolo ekugxilwe kuzo	18,366	Y
IiProjekthi i <i>Kapa eLihlumayo</i> kwizikolo zezakhono	13,003	Y
Itotali yemali ehlawulweyo	1,057,568	

10. IiGranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango

Ithebhile: Isishwankathelo seeGranti ezikhutshwa phantsi kweMiqathango zango-2009/10 (R'000)

IGranti ekhutshwa phantsi komqathango	INkcitho eyiyo kanye kanye 2008/09	Egqithiselwe ukusuka 2008/09	Itotali yee-mali ezabiweyo 2009/10	Itotali yee-mali ezihlawulweyo	INkcitho eyiyo kanye 2009/10	% INkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	
I-HIV/AIDS	13,727		14,626	14,626	14,626	100%
Iprogram iNational School Nutrition Programme (NSNP)	81,301	5,195	117,751	117,751	117,751	100%
UkuXhotyiswa kweCandelo leeKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo	77,305		-	-	-	-
Igranti iProvincial Infrastructure Grant	120,478		170,395	170,395	169,976	99,75%
ITOTALI	292,811	5,195	302,772	302,772	302,353	99,86%

Kwahlangabezwana nazo zonke iimfuneko zeDivision of Revenue Act ngokuphathelele kwiiGranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango, ezizezi:

- Zonke iimali ezihlawulweyo ezifunyenweyo zafakwa kwi-akhawunti yebhanka yesebe lemfundo;
- Zonke iinkxaso-mali zichithiwe.
- Kufikelelwe kuzo zonke iimeko zeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango, njengoko zimiselwe kwizicwangciso zeBusiness Plans, ezivunyiweyo.

IZakhono zoBomi: I-HIV/AIDS	
IINKALO ZENTSEBENZO EZIPHAMBILI	INKQUBELA
<p>KPA 1: Ukugaya inkxaso <i>Kukunika ingcaciso yezonxibelelwano nokusasazwa komgaqo-nkqubo kunye neprogram; ukukhuthazwa kobambiswano olubumbeneyo ukuxhasa iinjongo zeMfundo ngezeMpilo; nokuphuhlisa kwendawo ekufundelwa kuyo ebandakanya amacandelo amaninzi ukuxhasa izicwangciso zempilo kwimfundo.</i></p>	<p>Ngenxa yokunyuka nge-16,1% kobukho beHIV eNtshona Koloni phakathi kwabane-15 - 49 yeminyaka ubudala (xa kuthelekiswa nokuzinza nge-29,3% kuzwelonke), ugayo lwenkxaso yasesidlangaleni (<i>advocacy</i>) luyaqhubeka kumanqanaba ephondo, awee-ofisi zezithili zemfundo, kwiikomite zeesekethe nakuluntu lwasekuhlaleni oluyinxalenye yesikolo. Oku kubandakanya iphetshana leendaba lekota elitsha elisiwa ezikolweni (ngentsebenziswano neNACOSA, iSebe iDoH) neDSD; iintlanganiso ezahlukeneyo zabathathi-nxaxheba; inkxaso yee-ofisi zezithili yokubanjwa kweentlanganiso zabazali (ziyi-51 ezachazwayo); kwanokulondolozwa kweZikolo zaBuququzeleli bezeHIV/AIDS eziyi-1450. Ilinge lokugaya inkxaso litshintshile ngabom ukusuka 'ekunikeni ulwazi ngeAIDS' obekusoloko kuqhubeka iminyaka eliqela egqithileyo, yayokutsho kucwangciso oluphathelele kwiimpendulo ezisekelwe kubungqina zokulwa iHIV/AIDS (nemiba enxulumene nayo echaphazela ingqondo nezentlalo kunye nemiba yezoqoqosho enjengokusetyenziswa kwamanqanaba okuxhaphaka kweHIV phakathi kolutsha oluneminyaka eyi-15-24 ubudala. Iiprogram zemisebenzi yasemva kwamaxesha okufundisa (<i>extra-mural</i>), ezasemva kweeyure zesikolo (<i>after-school</i>) nezeeholide zezikolo zinikwa inkxaso, ngokusebenzisana namaziko ngamaziko, ukugcina abafundi abasengozini bekhuselekile kwaye besesikolweni. Intsebenziswano 'yoluntu oluyinxalenye yesikolo', 'ekarhulumente namashishini abucala' 'nekarhulumente nemibutho yoluntu' kunye nentsebenziswano ephakathi kwamacandelo ngamacandelo iyakhuthazwa kuzo zonke iiKPA, ukuqinisekisa ngeempendulo ezifanelene nezasekuhlaleni, ezinoqoqosho nezinzileyo ezinciphisa ukuxhomekeka kwizibonelelo zemali nakwinkxaso encinane yabasebenzi. Iinkqubo eziphangaleleyo zokukhuthaza ezempilo ngokusebenzisa imfundo ezinjenge <i>Child-Friendly Schools (UNICEF)</i>,</p>

<p>KPA 1: Ukugaya inkxaso <i>Kukunika ingcaciso yezonxibelelwano nokusasazwa komgaqo-nkqubo kunye neprogram; ukukhuthazwa kobambiswano olubumbeneyo ukuxhasa iinjongo zeMfundo ngezeMpilo; nokuphuhliswa kwendawo ekufundelwa kuyo ebandakanya amacandelo amaninzi ukuxhasa izicwangciso zempilo kwimfundo.</i></p>	<p><i>Health Promoting Schools (WHO), Caring Schools (UCT) nakwiZikolo njengeeNodi zokuNonophela nokuNika iNkxaso (Schools as Nodes of Care and Support) (SNOC) ziqhubela phambili ukukhuthazwa injongo ikukuphemelela ukunciphisa ingozi nokuthintela i-AIDS. Nakuba kunjalo, uthintelo lweHIV olusebenza ngempumelelo ludodobaliswa yingcaciso eyimposiso nesenzo sokubekwa ibala kwabachatselwe sesi sifo.</i></p>
<p>KPA 2: Uphuhliso lootitshala: Ezekharithulam <i>NgokoMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke weHIV/AIDS (National Education Policy Act on HIV/AIDS) kwanezibonelelo zeNCS, imfundo ngezakhono zobomi ze-HIV/AIDS nemfundo ngezesondo isisinyanzelo kuwo onke amabakala. Ithagethi yephondo yokuqinisekisa ukuba i-80% yabo bonke ootitshala bezikolo eziziprayimari ne-80% yootitshala bezifundo zoLwazi ngezoBomi bezikolo ezizisekondari bafumana ukuqeqeshwa ngokufanelekileyo ekufundiseni izakhono zobomi zeHIV/AIDS ayitshintshanga.</i></p>	<p>Le KPA mayiqinisekise ukuba ootitshala bafumana uqeqesho olululo kwanokuba izikolo zixhotyiswe ngezinto zokusebenza zanikwa nenkxaso. Ngokuphathalelele kwithagethi ka-2009/10 yootitshala abayi-1000 abaya kufumana uqeqesho, ithagethi yeAPP kwagqithiswa kuyo: i-1007 yootitshala bezifundo zoLwazi ngezoBomi beBakala 1-7 nabeBakala 8-9 abayi-220 bafumana uqeqesho. Abaqeqeshi bootitshala abatsha beBkl 10-12 bafumana uqeqesho kwakhona ukulungiselela ukuqhubela phambili ngokufundisa ngo-2010 iprogram yeSebe iWCED i 'Today's Choices'. Ithagethi ka-2011 yootitshala abayi-100 beBakala 1-7, yabayi-100 beBakala 8-9 nabayi-50 beBakala 10-12 yamkelwe sisithili semfundo ngasinye. Ukuqeqeshwa kootitshala beBakala 8-9 bezifundo zoLwazi ngezoBomi (Life Orientation) (LO) educators, ngokukodwa, kusasele kungowona mngeni uphambili. Uqeqesho luphonononga ezinye iindlela zokufundisa ekujoliswe kuzo ukulwa ukuphelelwa ngumdlu wokufundiswa ngeAIDS. Abaqeqeshi bootitshala abayi-180 bafumene uqeqesho ekulungiseleleni ukuqaliswa kwayo ngo-2010/11.</p>
<p>I-KPA 3: I-HIV/AIDS UBunkokeli, uLawulo nokuPhatha ezikolweni <i>Ukubonelela ngoqeqesho nengcaciso kuzo zombini iiKomiti zoLawulo zeZikolo (School Management Teams (SMTs) namaBhunga oLawulo eZikolo (School Governing Bodies) (SGBs), olufakwe kuphuhliso lwezikolo olupheleleyo nakwiZicwangciso zoPhuhliso lweZikolo) (SIPs).</i></p>	<p>NgokoMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke: uMgaqo-nkqubo weHIV/AIDS wooTitshala naBafundi (National Education Policy Act: HIV/AIDS Policy for Educators and Learners (1996), usisinyanzelo kwisikolo ngasinye ukuba siqulunqe esaso iSicwangciso sokuFundisa ngeHIV/AIDS (HIV/AIDS Implementation Plan). Oku kuya kufakwa kwiSIP yesikolo ngasinye. Ngokusebenzisa inkqubo yokufumana izibonelelo (resource mapping), izikolo ziyakhuthazwa zikhangele amahlakani eziya kusebenzisana nawo asekuhlaleni kwaye, apho kufanelekileyo kunye/okanye kuyimfuneko, zibandakanye abantu abajongene nezibonelelo (resource persons) kwii-SGB zazo. Iifayili zoqeqesho/zezibonelelo zoncendo sezilungisiwe ukwenzela ukuba zisasazwe kuzo zonke izikolo kuqhubeka uqeqesho ngentsebenziswano neekomiti zeesekeke, kodwa umlilo owaqhambuka ePaarl Print wayilibazisa inkqubo yokuqalisa. Eli cebo limiselwe kwakhona u-2010/11. Ukuqaliswa kwalo kuya kulawulwa ziiKomiti zeeSekeke, kunye neRetired Teachers' Association) (uMbutho wooTitshala aBathathe uMhlala-phantsi) sowuyinxalenye yoku. Ukutsalwa kwegazi kuxilongwa iHIV ngokuZithandelayo nokufumana ingcebiso kuyakhuthazwa kwizikolo eziphakamileyo ezinabafundi abayi-5 000-10 000 abaqhuba uxilongo lwegazi kwikota nganye kwanokusetyenziswa kweVCT kunyuke kwayokutsho ku-95% kwezinye izikolo eziphakamileyo. Ngokungqinelanayo noMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke weHIV/AIDS, izikolo ezininzi ezikwiindawo zoluntu ezisengozini zinceda abafundi abasebezibandakanya kwiindibano zesondo ngokubanika iikhondom ngendlela efanelekileyo bekwaqwalasela imeko yendawo. ethile. Omabini la macebo kukholelwa ukuba ziintsika zokuxhathisa ezibalulekileyo ekuncitshisweni nge-50% kweereyithi zobukho beHIV kulutsha kule minyaka mihlanu igqithileyo.</p>

<p>I-KPA 4: UkuNonophela nokuNika iNkxaso <i>Ukuqeqeshwa kootitshala (kwezokunonophela nokunika inkxaso) namaBhunga oLawulo eZikolo kunye nabathathi-nxaxheba boluntu lwasekuhlaleni (SNOC), ngokunjqlo nokuqeqeshwa kootitshala abathile kwiiNgcebiso zesiSeko neZakhono zokuGqithisela aBafundi kwiiNgcali zoNyango (Basic Counseling and Referral Skills) kunye neendidi zeeprogram zokunika inkxaso - zonke zenzelwe iinkedama, abafundi abasuleleke nabachaphazeleke yiHIV kunye nabasengozini - nokunciphisa ukuyeka kwabafundi esikolweni bengekagqibi ukufunda.</i></p>	<p>Bamalunga ne-5 ootitshala namalungu eSGB ayi-5 kwisikolo ngasinye (kuxhomekeke kubukhulu besikolo) abathagethiweyo. Uqeqesho kwimodeli ye <i>Soul City 'Schools as Nodes of Care and Support' (SNOC)</i>, kweeSGB namahlakani oluntu oluyinxalenye yesikolo, luyaqhubeka ukwenziwa ngokugqitha kuqala kwiiKomiti zeeSekethe. Ootitshala abaqeqesha abanye abangaphezulu abayi-80 bafumene uqeqesho kulo nyaka, kwaqhutywa iiseshoni zoqeqesho eziyi-251. Iprogram ehamba nale yootitshala kuya kubonelelwa ngayo kwakhona kwiiKomiti zeeSekethe, neya kuthi inikwe inkxaso ziisayikholojist noonontlalo-ntle abayi-90 beSebe leMfundo abaqeqeshelwe injongo ethile. Le program, eyaye yaqulunqwa liSebe i-DBE neSADC neyaziswa njenge- <i>'Care and Support for Teaching and Learning' (CSTL)</i> iya kugqitywa nge-2011. Abasebenzi bee-ofisi zezithili zemfundo abayi-25 abangaphezulu bafumana uqeqesho kuLawulo ngezokuSwelekelwa (<i>Bereavement Management</i>) kulo nyaka baze ootitshala abayi-473 bafumana uqeqesho kwimfundo ebandakanya bonke abafundi.</p>
<p>I-KPA 5: UkuFundisana koontanga <i>UkuFundisana kooNtanga yisitim yokufundisana-kolutsha-nolutsha yokuthintela ukusuleleka zizifo, exhomekeke ekubekweni kweliso elibukhali ngumntu omdala. Ootitshala abafundisa abalingane, abasenkonzweni yoogxa babo, baye benza imisebenzi emihlanu enxulumeneyo: Imfundo (ukuqhutywa kwesifundo), ukuqatshelwa nokugqithiselwa kwiingcali (kwabafundi abafuna uncedo lwabadala), impembelelo engaqingqwanga nokuba ngumzekelo, ukugaya inkxaso esidlalalaleni (nenkxaso ngokwasengqondweni nasentlalweni). Umsebenzi wemfundo ubalulekile kuba iphuhlisa eminye imisebenzi emine.</i></p>	<p>Ngo-2009, zingaphezulu kwe-5 000 'iinkokeli eziselula', ezixhaswa yi <i>loveLife groundbreakers</i>, ezathatha inxaxheba kwiprogram ye <i>lifeStyle</i> kwizikolo eziziisekondari eziyi-176; bangaphezulu kwe-7 500 abafundi abafundisanayo abaqalisa isicwangciso sokufundisana kwabafundi baseNtshona Koloni kwizikolo eziziisekondari eziyi-150; ngaphezulu kwe-10 000 ye-<i>'Buddyz'</i> zezikolo eziziprayimari zathatha inxaxheba kwiprogram yeklabhu yemisebenzi eyenziwa emva kweeyure zokufunda ye <i>Soul City</i> kwanootitshala abangamahlakani beekholeji zeFET abaye bafumana uqeqesho ngentsebenziswano yemibutho yeWCYPE. Yonke iMibutho ejongene nokuQaliswa kweNkqubo nezikolo eziziisekondari yatyelelwa yafumana ukuvavanywa ngokwentsebenzo yayo.. Iprogram yezikolo zasasekondari yaxhaswa kakhulu yiGlobal Fund (GF) kwiminyaka emihlanu egqithileyo, apho kwaqeqeshwa khona oontanga abafundisanayo abayi-37 348 abaselula (beBkl 10) kwizikolo zeGF kuphela, nalapho kuzo abayi-21 169 baqhubeka njengaBafundisa aBafundi abakumabakala emfundo ephakamileyo (kwiBkl 11) baza abayi-7 822 baqhubeka njengabasebenzi beBkl 12. Le program ilawulwa ngokubambiseneyo neSebe leMpilo lephondo (iSebe iDoH). Ngokuphathelele kwireyithingi yokulawulwa kwentsebenzo engu-A+, iGF icele iNtshona Koloni ukuba yenze isicelo senkxaso-mali eyandisiweyo yeminyaka eyi-6 nokuphunyezwa kwayo (ukuba ivunyiwe) kuya kuqalisa ngo-2011.</p> <p>Le program iya kwandiswa iyokutsho kwizikolo eziyi-110 zeGF neziyi-245 ze-GF kunye nezeSebe iWCED eziyi-245 engaqithanga u-2012 - exabisa malunga ne-R60 yezigidi (ne-R1,2 yezigidigidi) (<i>billion</i>) xa kubandakanywa zonke ezinye iiprogram zeHIV/AIDS ezingabandakanyi zikolo). Uphononongo luka-2009 lweSebe leMpilo iDoH lwaveza ukuba, kwiinkalo apho ukufundisana koontanga kwaqhubekayo kwizikolo eziziisekondari kwiminyaka eyi-5 egqithileyo, amanqanaba okuxhaphaka kweHIV kulutsha ehla – aze abuya anda kwiindawo apho kungekho kufundisana koontanga kwaqhubekayo. Inkomfa yephondo yayibanjwe ngoNovemba 2009 ukuxoxa ngenkqubo ehlaziyiweyo yezikolo eziziisekondari. Ngoku kukho iiklabhu ezibhalisiweyo zeSoul Buddyz zezikolo eziziprayimari eziyi-454 (zehlile ukusuka ku-540 ngo-2008/9) nootitshala abangaphezulu abayi-144 abafumene uqeqesho ukuququzelela nokuqhubela phambili umsebenzi weklabhu.</p>
<p>I-KPA 6: IZixhobo zokuNcedisa ukuFunda nokuFundisa <i>Sisikhokelo sikatitshala neencwadi zomsebenzi zabafundi ukuncedisa kwizifundo zoLwazi ngezoBomi ngokukodwa kwiiNjongo 1 yeSifundo) kwanezincedisi zokufunda ezingaphezulu ezanikwa izikolo kwane-ofisi zezithili zemfundo ukuncedisa kwamanye amacebo okujongana neHIV/AIDS.</i></p>	<p>I-Ntshona Koloni kuphela kwephondo elenza iZinto zokuNcedisa ukuFunda nokuFundiswa kweZakhono zoBomi zeHIV/AIDS (<i>HIV/AIDS Life Skills Learning and Teaching Support Material (LTSM)</i>) kwilwimi ezingesosiNgesi (o.k.t. iAfrikansi nesiXhosa) bazisasaze ezi zinto minyaka le kuwo onke amabakala. Nakuba kunjalo, iLTSM yeBkl 1-7 ayikwazanga ukuziswa ezikolweni ngo-2009 ukususela ukuba kwenziwa iLTSM ezintsha ezilungelelanisiweyo zeNCS liSebe leMfundo i-DBE (ukufaka endaweni yazo iLTSM ezilungelelanisiweyo zika-2005) kwaye kwafuneka ukuba zihlelwe zihlelwe ziguqulwe ukuqinisekisa amanqanaba aphezulu omgangatho. Ukusiwa kwazo ezikolweni kuya kuqhubeka</p>

<p>I-KPA 6: IZixhobo zokuNcedisa ukuFunda nokuFundisa</p>	<p>phakathi ku-2010. Ii-LTSM zeBakala 8-9 nezeBakala 10-12 zaye zaziswa ngo-2009, ukwenzela u-2010. Ii-LTSM zeMfundo eneeMfuno eziZodwa kwabonelelwa ngazo kwakhona kwiindidi ezahlukeneyo zezikolo zeELSEN. Ii-HIV/AIDS LTSM kubonelelwa ngazo ukunika inkxaso iKharithulam kwaye zithathwa njengezinto zokufunda ezingaphezulu emazeniwe ngokuzithandelayo ngootitshala eklasini.</p>
<p>I-KPA 7: UkuBeka esweni (Monitoring), ukuNika iNkxaso (Support) noVavanyo (Evaluation) <i>Iprogram ephelileyo yeM no-E. Izikolo zinikwa inkxaso ngaBaqquzeleli beHIV/AIDS Bezithili nangaBenzi Bophando nangokwandayo naziKomiti zeeSekethe ezijongene nemiba ngemiba.</i></p>	<p>Isistim efana yodwa yaseNtshona Koloni yaBaqquzeleli abaqeshelwe iZikolo beze-HIV/AIDS (abancediswa ngokuzithandelayo ngaBaqquzeleli Beeklasta), efakwe kwisigunyaziso sokwenziwa komsebenzi seKomiti yeNgcebiso ngezeMpilo (<i>Health Advisory Committee</i>) (NEPA) neeKomiti zokuNika iNkxaso kuBafundi ezikuMaziko zeEWP 6 (<i>EWP 6 Institution-based Learner Support Teams</i>) (okanye ii-EST/TST), zizo emazomelezwe ukwandisa ukuzimela kwezikolo nasekuxhomekekeni kwiinzame zazo zokujongana nesiphumo seHIV neAIDS kwiMfundo nakuluntu oluyinxalenye yesikolo. Ukubekwa esweni kwezikolo eziyi-1 216 notyelelo lokunika inkxaso lwaqhubeka kulo nyaka, iintlanganiso zeklasta eziyi-185 zaye zabanjwa kwaza kwaqhubeka iintlanganiso ezingaphezulu zaBaqquzeleli Beeklasta eziyi-8. Uvavanyo lukazwelonke oluzimeleyo lwaqhubeka (kwiSebe leMfundo i-DBE), ngokunjalo nezimeleyo (AG) novavanyo lweprogram olusuka kwiphondo luye kwizithili. Ukongeza kwezi, uvavanyo neesaveyi ezimbini ezizimeleyo zaqhutywa kwiprogram yokuFundisana kooNtanga (<i>Peer Education Programme</i>), kwakhona neqela leemvavanyo ezaye zenziwa zeeprogram ezililinge kwanababoneleli ngeenkonzo. Iprogram yaseNtshona Koloni iqhubela phambili ngokufaka igalelo kuphuhliso lokufunda ngeHIV/AIDS kazwelonke, kwezokuthintela nokunonophela kunye nakumacebo okunika inkxaso.</p>
<p>I-KPA 8: EzokuPhatha nezoLawulo <i>Iprogram yephondo yenziwe ukwenzela ukuba impendulo yezeMfundo kwi-AIDS ilawulwe ngokubanzi ngobuchule ngawo onke amasetyana eSebe iWCED namacandelo achaphazelekayo, kwaye iyalungelelaniswa ngokwamanqanaba kwiZithili zayo eziyi-8 nakwiiKomiti zeeSekethe eziyi-49 (kunokuba ilawulwe njengeprogram ezimeleyo enayo kancinane okanye engenalo unxibelelwano nenxalenye yezeMfundo kunye/okanye indlela yokuziphatha eyingozi kwanezigqibo zokuziphatha ngokusempilweni).</i></p>	<p>Isikhokelo nabaphathi balo program bagxile kwiziphumo zethuba eliphakathi kwaye sichaphazela izalathiso ezibhalwe kumgaqo-sikhokelo seUNGASS samazwe ngamazwe kwanezicwangciso zoorhulumente bakaZwelonke nabamaPhondo zango-2007-2011, apho uxanduva oluphambili lwezeMfundo ikukuqinisekisa ukuba (i) ngonyaka ngamnye, kubo bonke abafundi bamaBakala 1-12, amashumi amathathu (30) eeyure zokufundisa zakuqhubekela eklasini kweZakhono zoBomi ngeHIV/AIDS, ukwenzela ukuba (ii) iMfundo ikwazi ukufaka igalelo ngokuqaphelekayo ekuncitshisweni ekujoliswe kuko kwe-50% yamanqanaba obukho beHIV phakathi kolutsha oluyiminyaka 15-24 ubudala (engagqithanga u-2011). Ngentsebenziswano namasebe ngamasebe, eli phondo liphumelele ekunciphiseni iHIV phakathi kolutsha. Igrant ekhutshwa phantsi kwemiqathango ibonelela ngotyalo-mali lwamalunga ne-R15 kumfundi ngamnye ngonyaka – yi-R150 kwiminyaka eyi-10 – kubandakanywa noqeqesho lootitshala, iiLTSM neprogram yokuqeshwa kootitshala. Ngokuphathelwe kwiprogram yokuqeshwa kootitshala, isicwangciso sabasebenzi soHlengahlengiso lweSebe iWCED (<i>Redesign</i>) ekubonelelwe ngaso kwisithili ngasinye. Ukulungiselelwa kwemisebenzi yeprogram kujoliswe ekulawuleni, ekuphumezeni iithagethi zephondo ezilibhongo nezo zeSicwangciso seKhabhinethi seHIV/AIDS sikaZwelonke sika-2007-2011 (<i>Cabinet's National HIV/AIDS Strategic Plan 2007-2011</i>). Le program ifake igalelo eliqaphelekayo ekunciphiseni amanqanaba obukho beHIV kulutsha oluza kubeleka lwaseNtshona Koloni nge-50% (abakwiminyaka yobudala eyi-15-19) (lehlile ukusuka ku-8,7% ngo-2004, ukuya ku-4,3% ngo-2007, kodwa lanyuka laya kutsho ku-5,4% ngo-2008 – xa kuthelekiswa ne-14,1% kuzwelonke ngo-2008) nokuncipha kwamanqanaba okuxhaphaka kweHIV kwabakubudala beminyaka eyi-20-24 (lehla ukusuka ku-17,4% ngo-2004 ukuya ku-13,6% ngo-2008. Amanqanaba okwenzeka kokusuleleka kwabakubudala beminyaka eyi-25-49 kwiphondo aqhubela phambili ngokunyuka.</p>

Iprogram yeSondo iNational School Nutrition Programme	
Iprayorithi	Inkqubela
<p>Ukuqinisekisa ukufikelela okwaneleyo kwi <i>National School Nutrition Programme</i> zizikolo ezithagethiweyo</p>	<p>Abafundi abayi-334 287 babonelelwa ngokutya okunesondlo kwizikolo eziyi-997 ezithagethiweyo [sinye isikolo esathagethwayo nesavalayo baze abafundi basiwa kwezinye izikolo].</p> <p>Izikolo eziziisekondari ezikwiNqanaba 2 loBuhlwempu zizimisele ukondla bonke abafundi ukusuka nge-1 Apreli 2010.</p> <p>Uqeqesho lwabasebenzi beProgram yeSondlo seZikolo kuZwelonke (<i>National School Nutrition Programme</i>) [<i>NSNP</i>] lwaqhutywa kwezi zihloko zilandellyo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Umfanekiso-ngqondweni kazwelonke weMfundo ngezeZondlo (<i>National perspective on Nutrition Education</i>) [25 Juni 2009] • INkqubo yokuBeka eSweni nokuPhonononga (<i>Monitoring and Evaluation</i>) [29-30 Juni 2009] • Inkxaso yengcebiso zabanamava: Ukubeka esweni nokuphonononga [17 Septemba 2009] • Ukusetyenziswa ngempumelelo kwezicima-mlilo nezinto zokwenza ukutya, ukulondolozwa kwegesi, isikhokelo sokhetho lweemnyu ezintsha kunye noqeqesho lwabasebenzi abaza kuqeqesha abanye: ABapheki aBangamavolontiya [21 Januwari 2010] • ISistim yoLawulo noPhuhliso lweNtsebenzo yaBasebenzi [30 Matshi 2010] <p>Oomasifundisane bokuphuhlisa izakhono abayi-566 baye baqhutywa ukwenzela aBapheki-kutya aBangamavolontiya malunga nokutya nokusebenzisa igesi ngokukhuselekileyo kunye nezempilo.</p> <p>Izinto zoqeqesho olungaphezulu zaphuhlisa ngokunxulumene nokuphuhlisa kwezakhono zamavolontiya angabapheki nezokhuseleko lwegesi kwanezococeko.</p> <p>Izikolo zathenga izixhobo zasekhithshini ezingaphezulu ukulungisa iziqhamo nemifundo emitsha nentlanzi enkonkxiweyo (<i>tinned pilchards</i>), eya kuba yinxalenye yokhetho lwemnyu entsha eya kusetyenziswa kunyaka-mali ka-2010/11.</p> <p>Izikolo ezazithagethiwe zatyelwa qho ngeenjongo zokuba zibekwe esweni.</p> <p>Iindawo zokugcina (<i>warehouses</i>) zabo bonke ababoneleli ngenkonzo kabini ngonyaka ukuqinisekisa ukuba ngaba iziveliso zokutya ziyangqinelana neenkukacha ezimiselweyo.</p> <p>Izixhobo zokufunda ngezezondlo</p> <p>Izikolo ezisweleyo eziyi-159 zathenga amakhitshi angoomahambanendlwana (<i>mobile kitchens</i>) okusebenza njengeendawo zokulungiselela ukutya. Eziyi-61 kwezi zikolo zafumana ukuxhaswa ngemali ngentsebenziswano neprogram yeQIDS-UP. Ukuza kuthi ga ngoku izikolo eziyi-297 ezisweleyo zivunyelwe ukuba zithenge amakhitshi angoomahamba-nendlwana.</p> <p>Kufunyenwe inkxaso eyiyo kumagosa akwiSebe lezeMpilo ngokumalunga nokhuseleko lokutya nesondlo.</p>
<p>Ukukhuthaza, ukucebisa nokunika inkxaso ukusekwa kweegadi zokutya (<i>food gardens</i>) nezinye iimveliso neminye imisebenzi yokuvelisa ukutya enokugcinakala (<i>sustainable food production activities</i>) kwizikolo ekujoliswe kuzo apho sekukho amaseko okulungela le meko nabasebenzi nokuzimisela koluntu</p>	<p>Oomasifundisane abayi-29 bokuphuhlisa izakhono zokuVeliswa koKutya baqhutyelwa kwii-Ofisi zeZithili zeMfundo kweli phondo ngonyaka-mali ka-2009/10. Abayi-21 kwaba masifundisane babeququzelelwe yiNSNP baza abayi-8 baqhutywa nguEduplant, olilinge likaWoolworths eligxile kuqeqesho ekulimeni igadi kusetyenziswa izinto eziphilayo zokuchumisa (<i>organic gardening</i>).</p> <p>Aba masifundisane babe kule miba ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukusekwa kwegadi • Ukulawulwa kwegadi

Ukukhuthaza, ukucebisa nokunika inkxaso ukusekwa kweegadi zokutya (*food gardens*) nezinye iimveliso neminye imisebenzi yokuvelisa ukutya enokugcinakala (*sustainable food production activities*) kwizikolo ekujoliswe kuzo apho sekukho amaseko okulungela le meko nabasebenzi nokuzimisela koluntu

- Ukutyeba komhlaba
- Ukutyalwa kwemithi yeziqhamo.

Inani lezikolo ezineegadi zokutya kweli phondo lanyuka ukusuka ku-284 ukuya ku-303.

ISebe lezoLimo (*Department of Agriculture*) (*DoA*) lalisindleke uSuku LweHlabathi Lokongiwa koKutya lwePhondo (*Provincial World Food Day*) (WFD) eWest Coast. Abameli be-NSNP babemelwe kukuthatha inxaxheba kwiprogram. I-NSNP kwakhona yaququzelela isiganeko sayo soSuku loLondolozo lokuTya lweHlabathi (*World Food Day*) kwiOfisi yeSithili seMfundo yeOverberg.

linkampu zokunonophela abantwana abasebancinane ezenzelwe abafundi zabanjwa kwiOfisi yeSithili seMfundo yeOverberg. Abafundi bafundiswa ngokuLima iGadi, iZinto zokuNcedisa zeNdalo neeSistim zeNgcaciso zeJografi (*Gardening, Nature Resources and Geography Information Systems*) (*GIS*). ISebe lezoLimo laseOverberg (*DoA*) laqhuba ezi nkampu. Izikolo ezineegadi zokulima ukutya zazihanjelwa qho ngeenjongo zokunika inkxaso.

ISebe leMfundo esisiSeko, ngentsebenziswano neBhunga laMayeza lezoPhando (*Medical Research Council*) (*MRC*) nakwiBhunga lezoPhando lezoLimo (*Agriculture Research Council*) (*ARC*), liqhuba iprojekthi yophando ngezesondlo esikolweni kwizikolo eziyi-10 kwiOfisi yeSithili seMfundo seWest Coast nakwizithili zemfundo ezithile kwamanye amaphondo. Injongo yolu phando kukuqulunqa izinto zokufunda nokufundisa ngokuveliswa kokutya kwanokufunda ngezesondlo.

11. Ukubonelela ngeemali zokuthenga izinto (*Capital*), ulawulo nolondolozo lwee-asethi

Urhulumente wenze ukuba kunyuke imali efumanekayo ukwenzela iziseko zophuhliso oko kwenza ukuba kubekho iiprojekthi ezingaphezulu) kwaye iOfisi kaNondyebo kaZwelonke ijolise ekuphuculeni ukwakhiwa kweziseko zophuhliso ngokusebenzisa iSicwangciso soPhuculo lweZiseko zoPhuhliso (*Infrastructure Development Improvement Plan*) (*IDIP*). Iprogram yeIDIP inika amaphondo ithuba lokusebenzisa imigqaliselo engcono ukuqaphela umsantsa ophakathi kweziseko zophuhliso ezikhoyo neziseko zophuhliso ezifunekayo.

12.1 Utyalo lwemali ixesha elide

12.1.1 Iiprojekthi zokwakha ezagqitywa ngo-2009/10

Isishwankathelo:

IMisebenzi yoPhuhliso lweZiseko	Inani leeprojekthi ezigqityiweyo		Izikolo
Iiprojekthi zokwakhiwa kwezikolo	Izikolo eziziiprayimari	Ezi-7 kwezi-5 (ithagethi yentsusa yezikolo ekufuneka zigqityiwe - 5	Ezigqityiweyo kwikota yokuqala: Klapmuts PS Ezigqityiweyo kwikota yesibini: Table View PS Ezigqityiweyo kwikota yesithathu: Vredenburg PS, Avian Park PS Ezigqityiweyo kwikota yesine Zwelihle PS, Nomzamo PS, Bongolethu PS Akukho lwakhiwo luqhubekileyo, ithenda yakhutshwa emva kwexesha: Westlake PS

IMisebenzi yoPhuhliso lweZiseko	Inani leeprojekthi ezigqityiweyo		Izikolo
	Izikolo ezizisekondari	Ezi-3 kwezi-3 (ithagethi yentsusa yezikolo ekufuneka zigqityiwe)	Ezigqityiweyo kwikota yokuqala: Gansbaai SS, Bloekombos SS Ezigqityiweyo kwikota yesibini: Wellington SS Ezisephantsi kolwakiwo: Wallacedene SS
	Izikolo zemfundo ezineemfuno ezizodwa	Ngu-0 kwesi-1 (ithagethi yentsusa yezikolo ekufuneka zigqityiwe)	Isikolo esiphantsi kolwakiwo esakhiwe kamva: Tafelberg School
Iiklasi ezigqityiweyo kwizikolo ezitsha okanye ezikhoyo	Izikolo zemfundo ezineemfuno ezizodwa	Iiklasi kwizikolo zemfundo ezineemfuno ezizodwa – 0 ka-46	Amagumbi okufundela asakhiwa kwizikolo ezitsha: Tafelberg School (40), Amagumbi okufundela asakhiwa kwizikolo ezitsha Karitas (6)
Amagumbi okufundela akhiwe ngezitena njeng- enxalenye yeprojekthi nganye okanye yeprojekthi ezizimeleyo	Izikolo eziziprayimari	Kugqitywe eziyi-184 zeziyi-142 (ithagethi yentsusa yezikolo ebekufuneka zigqityiwe ngu-193)	Ezigqityiweyo kunyaka-mali ogqithileyo: Gordonsbay PS (3), Marine PS (3), FJ Conradie PS (2), Chris Nissan PS (4), , Gansbaai PS (2), Lukhanyo PS (8), Thembaletu PS (6), Heidedal Ps (6) Ezigqityiweyo kwikota yesibini: Table View PS (30) Ezigqityiweyo ngekota yesithathu: Vredenburg PS, Avian Park PS Ezigqityiweyo kwikota yesine Zwelihle PS (32), Nomzamo PS (30), Bongoletu PS (32) Akukho lwakiwo luqhubekileyo, ithenda yakhutshwa emva kwexesha: Westlake PS (17) Inani lamagumbi okufundela kwizikolo ezitsha: Amagumbi okufundela ayi-198 Amagumbi okufundela kwizikolo ezikhoyo Ezigqityiweyo kwikota yesine Meulenhof (6) Iiklasi ezisisigxina ezisephantsi kolwakiwo: Bloekombos PS (6), Staweklip PS (5)
	Izikolo ezizisekondari	Kugqitywe eziyi-101 kweziyi-139 (ithagethi yentsusa yezikolo ekwafuneka zigqityiwe ngu-142)	Inani lamagumbi okufundela kwizikolo ezitsha: Ezigqityiweyo kwikota yokuqala: Gansbaai SS (22) , Bloekombos SS (35), Ezigqityiweyo kwikota yesibini: Wellington SS (35), <i>Ngamagumbi okufundela ayi-92 kwizikolo ezitsha</i> Amagumbi okufundela kwizikolo ezikhoyo: Ezigqityiweyo Qho ngekota yesine: Masibambane SS (9), <i>Amagumbi okufundela ayi-9 kwizikolo ezikhoyo</i> Ezisephantsi kolwakiwo: Wallacedene SS (35), Waveren SS (3) (zibe mbalwa ngeeklasi ezintathu iiklasi eziphantsi kolwakiwo kunezo zithagethiweyo)

ULwakiwo lweziSeko zoPhuhliso	Inani leprojekthi ezigqithileyo		Izikolo
	<p>Ukufuduswa kweeklasi ezikhoyo</p> <p>Ukubonelelwa ngeeklasi ezingooMahamba-nendlwana</p>	<p>Zingu-0 kweziyi-75 iiklasi ezingoomahamba-nendlwana ezifudusiweyo.</p>	<p>KwiSicwangciso seNtsebenzo soNyaka sika-2009/10 (<i>Annual Performance Plan</i>) kwaye kwaboniswa ukuba iiklasi eziyi-75 ezingoomahamba-nendlwana zaziza kufumaneka kwaye zifuduselwe kwiindawo ezintsha.</p> <p>Ukukhula ngokugqithisileyo kwamanani abafundi beeprayimari eWallacedene kwaqinisekisa ukuba iiklasi eziyi-30 ezazifumaneka zazingasafumaneki kwaphela ukwenzela ukuba zifuduswe.</p> <p>Iiklasi eziyi-25 eWellington zange kwakhona zifuduswe njengoko kwakungekho kungena kwisiza esitsha eMfuleni kunikiweyo nguMasipala waseKapa.</p>
		<p>Iiklasi ezi-5 ezidilikileyo nezingakhuselekanga zasuswa kwimihlaba yesikolo.</p> <p>Amagumbi okufundela oomahambanendlwana ayi-20 kwizikolo ezitsha</p> <p>Abayi-55 kwabayi-151 oomahambanendlwana (ukubekwa koomahamba-nendlwana kusombulula ukunqongophala kwendawo</p>	<p>Ngenxa yokukhula ngokugqithisileyo kwabafundi beesekondari eNomzamo oomahamba-nendlwana abayi-15 eSimanyene SS zange bafuduselwe kwezinye iindawo</p> <p>Ithenda yanikwa ukufudusa oomahambanendlwana abayi-5 ukusuka eTable View PS ukuya eMamesbury kodwa umntu ekwakungenwe kwimvumelwano naye zange azifuduse iiklasi</p> <p>ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente laye lacelwa ukuba lifuduse iyunithi eziyi-41, ekungokunje ziphantsi kolwakiwo.</p> <p>Ukususwa kweeklasi ezidilikileyo zinkiswe ezikolweni Iyi-1 evela eCathkin HS Iyi-1 evela kwiMurray HS Zi-2 ezivela eLutzville PS Iyi-1 evela eJurie Hayes PS</p> <p>Amagumbi okufundela kwizikolo ezitsha Ezigqityiweyo kwikota yokuqala: EKlapmuts PS (20)</p> <p>Isicelo seeklasi ezintsha ezingoomahamba-nendlwana senziwa mva kunyaka-mali kwaye ukuza kuthi ga ngoku ngoomahamba-nendlwana abayi-13/25 beesekondari, oomahamba-nendlwana bezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa abayi-2/4 kunye noomahamba-nendlwana bezikolo eziziprayimari abayi-40/95 abakhiweyo.</p>

			Isicelo kwakhona sakhutshwa ukwenzela ukubonelela ngeeklassi zeBakala R eziyi-67 kunyaka-mali ka-2009/10. Izicwangciso ezizizo zolwakhiwo lweeklassi zeBakala R zalungiswa yi-DTPW phambi kokuba iiprojekthi zibe nokupapashwa. Iiprojekthi zangena zinamaxabiso axhomileyo ngokungamkelekanga kwaza kwenziwa isigqibo sokuba kungakhutshwa zithenda futhi kungenziwa zibhengezo kwakhona.
	liforam/amaholo	Izikolo eziziiprayimari – yi-1 kweziyi-3 ((ithagethi yentsusa yamaholo aza kugqitywa yayingu-3)	Ezigqitywe kwikota yesithathu: De Heide PS Ezisephantsi kolawulo: Plantation Rd, Siyazakha PS
		Izikolo eziziisekondari – esiyi-1 kweziyi-3 ((ithagethi yentsusa yamaholo aza kugqitywa yayingu-3)	Ezigqitywe kwikota yesithathu: Diazville SS Ezisephantsi kolawulo: Indwe SS, Forest Heights SS (iprojekthi yophuculo eyenziwa yi-SGB)
lithoyilethi	Izikolo eziziiprayimari	Eziyi-235 kweziyi-160 ((ithagethi yentsusa yamaholo aza kugqitywa yayingu-160)	Ezigqityiweyo kwikota yesibini: Table View PS (35) Ezigqitywe kwikota yesithathu: Vredenburg PS (35), Avian Park PS (41) Ezigqitywe kwikota yesine: Zwelihle PS (41), Nomzamo PS (41), Bongolethu PS (42) Ezisephantsi kolawulo: Westlake PS (20)
	Izikolo eziziisekondari	Eziyi-117 kweziyi-115 (ithagethi yentsusa yeethoyilethi eziya kugqitywa zaziyi-115)	Ezigqityiweyo kwikota yokuqala: Gansbaai SS (36) , Bloekompos SS (44), Ezigqityiweyo kwikota yesibini: Wellington SS (37), Ezisephantsi kolawulo: Wallacedene SS (37)
Iiprojekthi zokuphucula izakhiwo	Izikolo eziziiprayimari	Ngu-0 kweziyi-1	Ezisephantsi kolawulo: Cloeteville PS, Klapmuts PS
		Izikolo eziziisekondari – ngu-0 kweziyi-0	
		Izikolo zemfundo ezineemfuno ezizodwa – esiyi-1 kwesiyi-1	Isikolo saseKaritas sisephantsi kolwakhiwo.
Izikolo apho iithenda zikhutshiweyo khona	Izikolo eziziiprayimari	0	Ezisephantsi kolwakhiwo: Blue Downs PS, Westlake PS, Delft N2 Gateway PS 1; Delft N2 Gateway PS 2
	Izikolo eziziisekondari	0	Apho ulwakhiwo lukufutshane khona ukwenzeka: Delft N2 Gateway SS 1, Delft N2 Gateway SS 2,
Izikolo apho ucwangciso seluqalileyo khona	Izikolo eziziiprayimari	0	Nali'kamva PS
	Izikolo eziziisekondari	0	Northpine SS, New Eisleben SS, Brackenfell SS

12.1.2 Iiprojekthi zokulondoloza izakhiwo ezenziwe ngo-2009/10

Inani leeprojekthi	IBhajethi ka-2009/10 R'000	Iindleko eziqikelelwayo ezipheleleyo R'000
541	R75,038m	R75,038m

*Inani elibhaliweyo leeprojekthi

IProgram yeCandelo leMisebenzi kaRhulumente eYandisiweyo (*Expanded Public Works Programme (EPWP)*)

Ukuya kutsho ekupheleni konyaka-mali ka-2009/10 iSebe iWCED libhajethela iBuildings Facilities Maintenance Programme (BFMP) eyayisebenza kwizikolo eziyi-480. Kwixesha elizayo iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente liya kuyibhajethela le program lenze ingxelo malunga nemiba ye-BFMP. Imisebenzi ebandakanyeka kwiprogram endala yayikukucoca iiploti, ukucheba ingca, ukucocisiswa kweethoyilethi, ukubonelela ngoqeqesho, izixhobo zokusebenza nezinto zokuncedisa zabasebenzi be-BFMP, ukucocwa kweeklasi nokucocwa kweegatari ezibaleka amanzi. Ezi ndidi zilandelayo zemisebenzi yokulondoloza zaye zabandakanywa kwiprogram zaba ke ngaloo ndlela zifumana ingqwalaselo:

- Ukulungiswa kwemibhobho yamanzi needreyini
- Ukulungiswa kunye/okanye ukususwa kufakelwe ezinye iisistim zokuhambisa amanzi emvula
- Ukulungiswa kwemigangatho, iisilingi kunye neendonga
- Ukulungiswa kweengcango neelokho kwanokuzisusa kufakelwe ezinye
- Ukulungiswa kweefreyim zeefestile
- Umsebenzi wokupeyinta kunye nokuhombisa izakhiwo kwakhona
- Ukuza kuthi ga ngoku imisebenzi iye yadalwa yabantu abayi-6797, abanye babo abayi-293 yayilutsha olungamadoda, abayi-739 yayilutsha lwababhinqileyo, baza abayi-1,291 ibe ngamadoda baza abayi-4,474 bangababhinqileyo.

12.2 Ukulawulwa kwee-asethi

Ii-asethi ezisisigxina

ISebe iWCED lisebenzisa iSistim yoLawulo lweNgcaciso yeMfundo (*Education Management Information System (EMIS)*) kunye neSistim yeRejista yeZikolo yeeMfundo zeNgcaciso (*Schools' Register of Needs Information System (SRNIS)*) ukulawula ii-asethi ezisisigxina

Ii-asethi ezinkulu ezingesosigxina

KwaNdlunkulu nakwii-Ofisi zeZithili zeMfundo (kubandakanywa ii-ofisi ezinxulumene nee-Ofisi zeZithili zeMfundo)

Ngokunxulumene nee-asethi ezingesosigxina, iSebe iWCED laseka iyunithi yokulawulwa kwee-asethi. Le yunithi yenye yeentsika zeCandelo leNkonzo yokuThengiswa kweeMpahla neeNkonzo (*Supply Chain Unit*).

Yonke ifanitshala nezixhobo ezifunekayo kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo zazithengwe kwaNdlunkulu zaze zafakwa kwi-inventri njengee-asethi ezingesosigxina ngokweemfuneko ezingummiselo ezimiselwe yi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke. Ukubhalwa kwesitokhwe qho Qho ngonyaka (ngoNovemba 2009 ukuya kuMatshi 2010) kwaye kwenziwa.

Le mimiselo ilandelayo yaye yathathwa ukuqinisekisa ukunyaniseka kwedatha ekuncediseni ekubhalweni kwerejista yee-asethi ngempumelelo yona elondoloza imigangatho ye-akhawuntingi nasekuqinisekiseni ukungqiniswa ngempumelelo, ngobuchule nangokuchanekileyo kwengcaciso:

- Ukuthathwa kwesitokhwe qho Qho ngonyaka kwenziwa lisebe lemfundo, njengoko kumiselweyo yiMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo
- Ukusayinwa kwee-inventri ngamagosa ajongene noko kwanokuqinisekiswa kwazo ngaBaphathi Bamacandelo
- Ukukhutshwa kweesetyhula ngokungqamene neSahluko 10 seMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo
- Imigaqo yokuthengwa kwee-asethi kwiSistim yeGosa loLawulo lweMali (*Accounting Officer's System*)
- Ukulungelelaniswa kwamaxwebhu ezinto ezithengwayo qho ngenyanga kwiLOGIS nenkcitho kwiBAS
- Ukulondolozwa kwerejista yee-asethi ekubhalwe kuyo yonke ingcaciso efunekayo ngokweMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo

lindlela ezazisetyenziswa zanzelwe ukuqinisekisa ukuba kumiselwa isistim esebenza kakuhle yokuqaphela, ukukhusela, ukubeka esweni nokugcina iirekhodi zee-asethi ezingesosigxina ngokulandelayo:

- Zonke ii-asethi zafakelwa iibhakhowudi, zaphawula “RSA” kwii-inventri ezirekhodiweyo.
- Zonke ii-asethi zaye zabhalwa kwirejista yee-asethi ezingesosigxina kuzo zonke iindidi zee-asethi ezibhalwe yi-Ofisi kaNondyabo zanikwa iinombolo ezifana zodwa (iibhakhowudi).
- Abaphathi bamacandelo banoxanduva lokukhusela ii-asethi zabo.
- Zonke ii-asethi ezingesosigxina zarekhodwa kwi-inventri ngokweendleko zeziko ngalinye nendawo ezifumaneka kuyo. Ii-inventri zaqinisekiswa njengezichanekileyo ngabaphathi bamaziko bezeendleko zaza zagcinwa kwindawo esekuhleni kwindawo nganye.

Izikolo

ISebe iWCED lathenga ifanitshala nezixhobo zokwenza ukhawuleze umsebenzi zezikolo kwaye ezi zinto aziyonxalenye yeRejista yeeAsethi yeSebe iWCED (WCED Asset Register). NgokoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho No 84 ka-1996), ezi zithathwa njengezinto ezizii-inventri zezikolo. Izikolo kufuneka, ngoko ke, zinike ingxelo malunga nezi zinto zizii-inventri kwiingxelo-mali zonyaka zazo. IRejista yee-Asethi yeSebe iWCED libonisa ii-inventri zakwaNdlunkulu kunye nee-ofisi zezithili zemfundo kunye neendawo zazo ezenza inkonzo.

Izicwangciso ngokuphathelele kwii-asethi ezingesosigxina, ezinjengeemoto

ISebe lePhondo lezoThutho neMisebenzi (ezoThutho zeeMoto zikaRhulumente) (*The Provincial Department of Transport and Works (Government Motor Transport)*) lilawula ukubonelelwa, ukurhoxiswa nokutshintshwa kweemoto ezindala kunye/okanye iimoto zeGaraji zikaRhulumente (*Government Garage*) (GG). ISebe leMfundo lijongene nokuhlululwa kweelayisensi, ukulondolozwa nokwathiwa amafutha kweemoto, ngokunjalo nokulondolozwa irejista yee-asethi kwiSistim yeCandelo lezoThutho (*Fleetman System*). Bakwaqulunqa umgaqo-nkqubo wephondo ophathelele ekusetyenzisweni kwezithuthi ze-GG.

ISebe iWCED liqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo wephondo uyasebenza. Likwalondolozwa irejista yezithuthi ezisetyenziswa liSebe iWCED lize libeke esweni ukusetyenziswa kwazo ngokusebenzisa amaxwebhu okulogisha.

Ezi zithuthi zikhoyo ziyazifizekisa iimfuno zeSebe iWCED.

13. Ukuququzelela, intsebenziswano kunye nezicwangciso zokuthengwa kwenkonzo yangaphandle

13.1 Amaqhina entsebenziswano aphakathi kwamasebe

Iintlanganisano neengxoxo eziqhubeka qho kwiiforum zeBhunga laBaphathiswa beMfundo (*Council of Education Ministers*), iKomiti yeeNtloko zamaSebe eMfundo (*Heads of Education Committee*) (HEDCOM) neekomiti ezincinane zayo ezahluka-hlukeneyo, zibanjwa neSebe leMfundo esisiSeko (*Department of Basic Education*) kunye namanye amasebe emfundo amaphondo ngokuphathelele kumgaqo-nkqubo wemfundo.

Iingxoxo namanye amasebe ngentsebenziswano phakathi kwamacandelo kwakhona iqhubeka qho, ngakumbi kumaSebe ezeMpilo (kwicandelo lezeHIV/AIDS) kwanezakhono zobom, impilo-qete ezikolweni, ukuqatshelwa kwezinto kwangethuba kunye neenkonzo zempilo zezikolo), iSebe loKhuseleko loLuntu (iProjekthi yeZikolo eZikhuselekileyo kunye neProjekthi yaMagosa okuNika iNkxaso aBafundi) (*Safe Schools Project and Learner Support Officers Project*) ukunciphisa ukungahanjwa kwesikolo kwanolwaphulo-mthetho lolutsha), iNkulumbuso (nekukho phakathi kwayo i-Ofisi yaBakwimeko yokuKhubazeka kunye noQhagamshelwano lweBatho Pele), iSebe loPhuhliso loQoqosho nezoKhenketho noThutho kunye neMisebenzi kaRhulumente (iiprojekthi zolwakhiwo nolondolozo). Kubanjisenwe namasebe amaphondo kunye nawoorhulumente basekhaya, iSicwangciso sePhondo esiDibeneyo seze-HIV neAIDS sika-2007-2—1 siqulunqiwe saxhaswa liBhunga lezeAIDS lePhondo (*Provincial AIDS Council*).

ICandelwana leABET leSebe iWCED libandakanyeka kwintsebenziswano nabathathi-nxaxheba abalishumi – elawulwa yiMemoranda engokuQondana (*Memoranda of Understanding*) (MOUs) kunye namanye amasebe ephondo zize ezimbini zibe zezamaSebe eMicimbi yaManzi kunye neeNkonzo zeSebe loLuleko (*Departments of Water Affairs and Correctional Services*). Ngala maqhina entsebenziswano, abaqeshwa bamasebe amaphondo

banikwa ithuba lokufumana i-GETC. UMgaqo-nkqubo oBanzi wokuFundiswa kweABET kuBaqeshwa bakaRhulumente wePhondo usekiwe (*A Transversal Policy for the Delivery of ABET to Employees of Provincial Government Departments*). Amakhonkco entsebenziswano ayenziwa kwinqanaba lephondo nakwinqanaba lesebe lemfundo lephondo. Ezi zikhokelo zibandakanya, phakathi kwezinye izinto, izigaba zokwenziwa kwamakhonkco obudlelwane; imisebenzi yabo babandakanyekayo, iindleko nabo bahlawula iindleko.

13.2 Uqhagamshelwano norhulumente wasekhaya

ISebe iWCED lisebenzisana neSixeko saseKapa ngokuphathelele kwiProgram yokuPhuculwa kweeDolophu (*Urban Renewal Programme*) (*URP*) kunye nooMasipala beCentral Karoo ngokuphathelele kwiProgram eHlangeneyo yoPhuhliso oluZinzileyo lwaMaphandle (*Integrated Sustainable Rural Development Programme*) (*ISRDP*). Injongo yeeprogram zombini kukusebenza ngokubambiseneyo namanye amasebe kwanoorhulumente ukunciphisa ubuhlwempu ngokusebenzisa uphuhliso lwezakhono ukwenzela ulutsha olungaqeshwanga. Le Program yayiqhutywa ngeFalse Bay College (eKhayelitsha naseMitchells Plain) kugxilwe kwi*Welding, Spray-painting, Panel beating* nakwi-ECD; iSouth Cape College (ibambisene neBeaufort West CLC) nakwiKannidood Project yaseBoland College.

KwiKannidood project inani eliyithagethi leshumi elinesibhozo (18) labafundi babhalisa laza iSebe iWCED laxhasa ngemali abalishumi elinesihlanu. Kwakukho uqeqesho ekupeyintweni kwemichako (*textile painting*), ekutyotyozweni kweglasi (*glass slumping*), ukwenziwa kwamaphepha neeseramikhizitya zomdongwe (kusekelwe kwisiqinisekiso seNqanaba 2 soBuchule Beemveliso zomSebenzi weSandla (*Craft Production Level 2*)). Babefumene uqeqesho ngokunjalo kwezakhono zoshishino. Le Kholeji yabambisana noMasipala weSithili owaye wafaka inkxaso kwisibonelelo; yabambisana neZiko lezoKhenketho laseLaingsburg (*Tourism Bureau of Laingsburg*) ukuthengisa iziveliso zabo yaza saza isikolo iLaingsburg High sabonelela ngendawo yokuhlala ezihostele ukulungiselela abaquzeleli.

Abafundi be-A(B)ET kwezi nkalo bafundiswa ngokunjalo iikhosi eziqulathe iikhredithi - ekuchaziweyo malunga nazo kwenye indawo - zinetotali yabafundi abayi-258 kwiiKhosi eziFundisa ngeZakhono (*Skills Courses*).

13.3 Amaziko oluntu

ISebe iWCED kulo nyaka-mali alinamaziko oluntu (*public entities*) elijongene nalo.

13.4 Amakhonkco entsebenziswano phakathi kwamaziko karhulumente namashishini abucala norhulumente kwanokuthengwa kweenkonzo zangaphandle (*public-private partnerships and outsourcing*)

Nangona iSebe iWCED lingenamakhonkco entsebenziswano aqingqiweyo phakathi kwamaziko karhulumente namashishini abucala (*formal public-private partnerships*) (*PPPs*), isebe lemfundo liqalise iinkqubo eziliqela zongenelelo ngoncedo kunye neeprojekthi kwiinzame zokusombulula imiba eyahluka-hlukeneyo yemfundo esemgangathweni ezikolweni. Ezi projekthi neenkqubo zongenelelo loncedo zilawulwa nokuba liSebe iWCED (kusetyenziswa ii-ofisi zezithili zemfundo) okanye oko kusenziwa ngqo ngemibutho eliqela engekho phantsi kukarhulumente yemfundo (*education non-governmental organisations*) (*NGOs*). La makhonkco entsebenziswano ngokubanzi aphantangalele (*transversal*) (ngaphakathi kwiSebe iWCED) kunye/okanye abandakanya amacandelo ngamacandelo (*multi-sectoral in nature*), asekelwe ukusombulula imiba yezengqondo neyezentlalo kunye nemiba yezoqoqosho ekwenzekayo ukuba, ngaphandle kokuba isonjululwa ngempumelelo, isingele phantsi ukubonelelwa kwemfundo esemgangathweni ezikolweni, kwaye ngaphezulu asekelwe ukwandisa umthombo wemali yenkxaso ofumanekayo.

IGlobal Fund, ngentsebenziswano neSebe lezeMpilo, ixhasa ilinge lokufundisana kwabalingane yeze-HIV/AIDS kwizikolo ezizisekondari eziyi-94. Izikolo ezongezelelweyo eziyi-42 ziyayiphumeza kwakhona le program ngolunye uhlobo lwenkxaso-mali. Kukho kwakhona amanye 'amakhonkco entsebenziswano' ngaphakathi kwiprogram ye-HIV/AIDS yeSebe iWCED.

ISebe iWCED liye kwakhona lasebenzisana noPETROSA kwisikolo sezigidi eziyi-R12 eRietvlei Primary School eMossel Bay. I-PETROSA kwakhona iye yaxhobisa ngokupheleleyo zonke izikolo ezazisaya kuba zeze-DET eMossel Bay ngeelaboratri zekhompuyutha nezeSayensi zale mihla.

IMemorandam yeMvisiswano (*Memorandum of Understanding*) yaye yasayinwa yiPETROSA naliSebe leMfundo leNtshona Koloni, ebonelela ngendlela yokusetyenziswa komnikelo wezigidi eziyi-R15 zokwakhiwa kwesikolo esiyiprayimari esitsha eVredenburg. I-Witteklip Primary School (kwiSithili saseWest Coast) yavulwa ngoJanuwari 2010. Esi sikolo sitsha sizisa uncedo kubafundi abathuthwa ngebhasi ukuya esikolweni okanye abahamba imigama emide, kwaye sibonelela ngeyantlukwano kwezenkcubeko yendawo yoluntu lwasekuhlaleni esilukhonzayo.

IGardens Cities Pty Ltd icwangcisa ize ilawule ukwakhiwa kwamaholo ezikolo. Ukwakhiwa kwamaholo eMatthew Goniwe SS (Khayelitsha), Intshukumo Comprehensive School (Gugulethu), i-Knysna SS (Knysna), i-Rocklands SS (Mitchells Plain), i-Sarepta SS (Kuils River), i-Scottville SS (Kraaifontein), Phoenix SS (eManenberg) naseMountview SS (Hanover Park) zagqitywa ngo-2007/08. Ukugqitywa kweholo yesikolo eWestridge High kwaqinisekiswa ngoJanuwari 2010 emva kokuba iWestern Cape Education Foundation (WCEF) lasayina ilinge eliyindibaniselwano (*joint venture*) leziyi-R4 elibandakanya iGarden Cities Archway Foundation ne Vodacom Foundation.

13.5 INkxaso-mali yoMnikeli

ISebe iWCED alizange lifumane mnikelo wemali Qho ngonyaka-mali ka-2009/10.

Isebe lemfundo liseke iWestern Cape Education Foundation ukwakha amakhonkco entsebenziswano nemibutho yamashishini abucala, kwanokufumana inkxaso yemali eyongezelelweyo yokuziswa kwemfundo kweli phondo.

ISebe iWCED lafumana umnikelo wemali Qho ngonyaka-mali ka-2009/10.

Isigidi esiyi-R1.6 esivela kwiAirports Company South Africa (ACSA) esijoliswe ekuboneleleni ngeelayibrari zezikolo kunye nezibonelelo ezinxulumene noko ezikolweni ezikufutshane nesikhululo seenqwelo-moya. Imali yenkxaso iya kusetyenziselwa ukuseka iziko lolwazi lwemfundo ngekhompyutha (*e-learning resource centre*). Le projekthi ikhethiweyo ye-ACSA ibandakanya ukubonelela ngezibonelelo zeelayibrari kunye nophuhliso lweziseko zophuhliso – izinto ezo ziphambili ngokobaluleko kwiSebe iWCED. Kuya kuhlonyelwa ilayibrari kwiziko lolwazi lwemfundo ngekhompyutha) oluya kusekwa kumda wesikolo ukwenzela ukuba lufikeleleke lula.

Sisigidi esiyi-R1,25 esivela kwaBMW esiya kwiprojekthi ebandakanya iZonnebloem Nest High School, esikolo sikarhulumente esiqhelekileyo esiseWalmer Estate, eDistrix Six. Le projekthi iya kugxila ekuboneleleni isikolo ngezibonelelo zoncedo ukuphuhlisa ulwazi olufanelekileyo lokufunda nokufundisa kwiMathematika nakwiFizikhali Sayensi kumaBakala 10 ukuya kwele-12. Kunyaka wokuqala (2010) le projekthi iya kubonelela ngezibonelelo zoncedo kwiilaboratri ezimbini zeMathematika neFizikhali Sayensi. Ukongeza, isikolo, esinezibonelelo zoncedo eziphuculiweyo, siya kusetyenziswa njengeziko leMathematika neSayensi kwanendawo yeeprogram zeholide zesikolo zabafundi abakumaBakala 8 - 12.

I-R500,000 kwakubonelelwe ngayo i-BP (yakumaZantsi eAfrika) ejoliswe kuPhando lokuphonononga ukuphumelela kophuhliso kwanokuzinza kweeklabhu zesayensi kwiZikolo zeDinaledi eNtshona Koloni. Impendulo encumisayo kwiprophozali yeklabhu yesayensi exhaswa ngabakwaBP ibonisa amandla elinawo eli nyathelo okumisela iziseko eziluqilima kwanokutshintsha ezokufunda nokufundisa isayensi kwezi zikolo.

Isigaba sesibini sale projekthi sigqityiwe ngokuqulunqa kweSicwangciso soMsebenzi se-BP ukwenzela ukusekwa kweeklabhu zeesayensi kwizikolo zeDinaledi ezikhethiweyo. Izikolo ezilishumi elinesihlanu ziya kuzuza.

Isishwankathelo: IMilinganiselo yeNtsebenzo			
IProgram / iProgram encinane / iMilinganiselo yeNtsebenzo	Ithagethi ecwangcisiweyo eqikelelwayo	Imali Eyona kanye efumanekileyo eyithagethi ka-2009/10	Umahluko phakathi kwengqikelelo nentsebenzo yalo nyaka-mali
IProgram 1: EzoLawulo			
▶ PM001: Ipesenteji yabafundi abaminyaka eyi-6 ukuya kweyi-15 abaya ezikolweni	[77.9%] ¹	74.59%	-3.3%
▶ PM002: Ipesenteji yabafundi abaminyaka eyi-16 ukuya kweyi-18 abaya kumaziko emfundo	[69.7%] ²	71.6%	1.9%
▶ PM003: Inkcitho eyenzelwe abangengabo abasebenzi bakarhulumente kubafundi abangabona bahlwempuzekileyo abayi-20% abakwizikolo zenqanaba 1 lobuhlwempu njengepesenteji yenkcitho eyenzelwe abangengabo abasebenzi bakarhulumente kwabona bafundi bahlwempuzeke kakhulu ubuncinane nge-20% abakumanqanaba 5 obuhlwempu	396%	391.71%	-4.29%
▶ PM004: Ipesenteji yabafundi abadala abaligqibileyo iBakala 9	69.3%	71%	1.70%
▶ PM005: Ipesenteji yabafundi abadala abaligqibileyo iBakala 12	13.4%	39%	25.60%
▶ PM006: Ireyithi yolwazi lokufunda nokubhala lwabafundi abadala	85.2%	83.9%	-1.30%
▶ PM007: Inani labathathi-nxaxheba abakwiphulo/ kwiprogram yolwazi lokufunda nokubhala yeKha Ri Gude	7 262	11 173	3 911
▶ PM008: Inani labathathi-nxaxheba abakwiphulo/ kwiprogram yolwazi lokufunda nokubhala yePhondo (engabandakanyi Kha Ri Gude)	0	0	0
▶ PM101: Inani lezikolo ezisebenzisa i-SA-SAMS ukubonelela ngedatha kwisistim yokulandelela inkqubela yabafundi kazwelonke (<i>national learner tracking system</i>) kwithuba lokunika ingxelo	1 455	1 456	1
▶ PM102: Inani lezikolo eziziqeshwe ngokupheleleyo kwiimodyuli zokubhalisa ezibalulekileyo kwiSistim yezoLawulo nokuPhatha (<i>School Administration and Management System</i>) ngethuba lokunika ingxelo	850	100	-750
▶ PM103: Inani lezikolo ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (nge-imeyili) lisebe lemfundo	1 455	1 450	-5
▶ PM104: Ipesenteji yabafazi abasebenza e-ofisini kwiNkonzo yaBaphathi aBakhulu (<i>Senior Management Service</i>)	35%	28.85%	-6.15%
▶ PM105: Ipesenteji yabafazi abaziinqununu zezikolo	33%	28.32%	-4.68%
▶ PM106: Ipesenteji yenkcitho yalo nyaka-mali ejoliswe kwizinto ezinganxulumanga nezabasebenzi ezikolweni	22.7%	20.84%	-1.86%
IProgram 2: IMfundo yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo:			
▶ PM201: Inani labafundi abaxhamlayo kwiprogram yesondlo yesikolo	335 000	334 287	-713
▶ PM202: Inani labafundi abasezikolweni zikarhulumente eziqhelekileyo ezinemfundo eneemfundo ezizodwa	13 258	13 765	507
▶ PM203: Inani lezikolo ezibonelela ngenkonzo epholeleyo kweli phondo	68	95	27
▶ PM204: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenaso isibonelelo samanzi	0	0	0
▶ PM205: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenawo umbane	0	0	0
▶ PM206: Inani lezikolo ezingenazifisitle zisebenzayo	0	0	0
▶ PM207: Ulwabiwo lwebhathathi karhulumente iyonke yokulondoloza okucwangcisiweyo njengepesenteji yexabiso leziseko zophuhliso zesikolo	0.4 %	0.61%	0.21%
▶ PM208: Inani lezikolo eziziprayimari eziqhelekileyo zikarhulumente ezinabafundi umndilili abangaphezulu kwabayi-40 kwiyunithi yabafundi yeklassi nganye.	0	0	0
▶ PM209: Inani lezikolo ezizisekondari eziziprayimari eziqhelekileyo zikarhulumente ezinabafundi umndilili abangaphezulu kwe-35 kwiyunithi yabafundi yeklassi nganye.	0	0	0
▶ PM210: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinazo zonke ii-LTSM kwanezinye izinto ezifunekayo ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo njengoko kwakuyalelwe	1 455	1 456	1

¹ See fuller explanation in Programme 2

² See fuller explanation in Programme 2

Isishwankathelo: IMilinganiselo yeNtsebenzo			
IProgram / IProgram encinane / IMilinganiselo yeNtsebenzo	Ithagethi ecwangcisiweyo eqikelelwayo ka-2009/10	Ithagethi ephunyeziweyo kunyaka mali ka-2009/10	Umahluko phakathi kwengqikelelokunye nentsebenzo eqhubekileyo
▶ PM211: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala 3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zoLwazi lokuBala	50%	Akukho datha	Ayikwazeki ukuba ibalwe
▶ PM212: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala 3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zoLwazi lokuFunda	50%	Akukho datha	Ayikwazeki ukuba ibalwe
▶ PM213: Umyinge wentsebenzo wezikolo ezinye-20% ezizezona zikwinqanaba 1 lokuhlompuzeka kwabafundi xa bethelekiswa nabafundi abangahlompuzekanga abayi-20% benqanaba 5 lobuhlwempu kwiBakala 3	Akukho datha	Akukho datha	Ayikwazeki ukuba ibalwe
▶ PM214: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala 5 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zoLwazi	50%	Idatha ayikho	Ayikwazeki ukuba ibalwe
▶ PM215: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala 6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika	50%	Akukho datha	Ayikwazeki ukuba ibalwe
▶ PM216: Ipesenteji yabafundi abangamantombazana beMathematika iBakala 12	50%	40%	-10%
▶ PM@17: Ipesenteji yabafundi abangamantombaza ababhalisela iFizikhali Sayensi kwiBakala 12	28%	26%	-2%
▶ PM218: Umyinge wentsebenzo wabafundi abayi-20% abahlompuzeke kakhulu kwinqanaba 1 lezikolo ezihlwempuzekileyo xa kuthelekiswa nabafundi abangahlompuzekanga abayi-20% kwinqanaba lobuhlwempu elingu-5 ngokunxulumene neryithi yokupasa yebakala 12	0.78	0.56	-0.22
▶ PM219: Ireyithi yokupasa yeBakala 12	80%	75.7%	-4.3%
▶ PM220: Ireyithi yokupasa kwiBakala 12 kwiMathematika	67%	65%	-2%
▶ PM221: Ireyithi yokupasa kwiBakala 12 kwiFizikhali Sayensi	71%	53%	-18%
▶ PM222: Inani labafundi abaxhamlayo kuthutho lwasimahla lwabafundi	46 500	47 753	1253
▶ PM223: Inani labafundi abaxhamlayo kumgaqo-nkqubo wesikolo "wokungahlawulisi fizi"	346 139	349 373	3234
IProgram 3: IZikolo eziZimeleyo			
▶ PM301: Inani lezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali ezayezatyelelwa ngeenjongo zokubeka esweni inkqubo	45	106	61
▶ PM302: Inani labafundi abaxhaswa ngemali abakwiZikolo eziZimeleyo	18 432	17 928	-504
IProgram 4: IMfundo yeZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa:			
▶ PM401: Inani labantwana abaneemfundo zemfundo ezizodwa abaneminyaka eyi-6 ukuya kweyi-15 engabhaliswanga kumaziko emfundo	204	[1800] 295	- 91
▶ PM402: Inani labafundi ababhalisiweyi kwiZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa	17 110	17 966	856
IProgram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubekayo			
▶ PM501: Inani labafundi be-NC(V) ababhalisileyo kwiikholeji ze-FET zikarhulumente	11 970	12 742	772
▶ PM502: Inani labafundi be-NC(V) ababhalisileyo kwiinkalo zobugcisa (inkalo zeSivili, ezeMekhenikhali, ezoYilo, iinkalo zezoMbane, ubuncinane enye yezi, akumelanga ukuba kubalwe ngokuphindwe kabini)	5 027	4 280	-747
▶ PM503: Inani labafundi abafakwe kwiinkqubo zokuqhelanisa ngezomsebenzi kwiikholeji ye-FET	6 500	4 196	-2 304
▶ PPM501: Inani leebhasari zokufudna ezanikwa abafundi kwiikholeji ze-FET	10 000	14 071	4 071
IProgram 6: IMfundo noQeqesho lweMfundo yaBadala			
▶ PM601: Inani labafundi beABET kweli phondo	42 500	38 053	-4 447
▶ PPM601: Inani labafundi beABET ababhalisileyo be-FET	21 845	19 159	-2 686
IProgram 7: IMfundo yaBantwana aBasaqalayo			
▶ PM701: Inani labafundi beBakala R abakwizikolo zikarhulumente	43 932	46 100	2 168
▶ PM702: Inani labantwana abaneminyaka emihlanu yobudala abakumaziko emfundo	I-PM entsha	55 357	Akukho thagethi isekiweyo
Isishwankathelo: seMilinganiselo yeNtsebenzo			
▶ PPM703: Inani labasebenzi ababhalisileyo kwiinkqubo zokuqhelanisa nezomsebenzi (isiqinisekiso semfundo esipheleleyo)	4 000	5 573	1 573
IProgram 8: IiNkonzo zoNcedo neeNkonzo eziNxumelene noko			
▶ PPM801: IZakhono zoBomi kunye neeProgram ngez—HIV: Ipesenteji yonyaka yamanqanaba okuxhaphaka kwe-HIV phakathi kolutsha oluneminyaka eyi-15-19 (ababene-8,7 iminyaka ngo-2003, yayiyi-7,2 ngo-2005)	4.7%	Azikhakhutshwa yiDoH	Azikhakhutshwa yiDoH
▶ PPM802: Inani lezikolo zikarhulumente ezinesibonelelo ubuncinane esinye sekhompyutha sokufunda nokufundisa	1 239	1 255	16

IMILINGANISELO YENTSEBENZO (2009/10)**Inkcazo-magama neefomyula ezishunqulelweyo njengoko kubonelelweyo liSebe leMfundo elisisiSeko****PM 001: Ipesenteji yabafundi abaneminyaka eyi-6 ukuya kweyi-15 abayayo ezikolweni****Inkcazo-magama**

Le yipesenteji yabantwana abakwiminyaka yobudala enyanzelekileyo ukuba baye esikolweni abakweli phondo besiya esikolweni. Lo mlinganiselo wentsebenzo ubonisa indlela amalungelo emfundo abantwana, njengoko evakalisiweyo kuMgaqo-siseko, afumana ukuphunyezwa ngayo, nomlinganiselo wemimiselo yoMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika yokuya kwabafundi esikolweni ngokunyanzelekileyo uyaphunyezwa

Ifomula

Le fomyula ilandelayo imele ukusetyenziswa ukubala le PM.

$$ASER_{6-15} = \frac{E_{6-15}}{P_{6-15}} * 100$$

Phi

$ASER_{6-15}$ yipesenteji yabantwana abaneminyaka eyi-6-15 abakwiphondo abayayo esikolweni.

E_{6-15} abafundi abaneminyaka yobudala eyi-6 ukuya kweyi-15 ababhalise kuso nasiphi isikolo (zonke izikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo, kubandakanywa izikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa).

P_{6-15} abafundi abaneminyaka yobudala eyi-6 ukuya kweyi-15.

Ubalo lwenziwe;

NgamaSebe eMfundo amaPhondo

Oovimba beDatha

- ISistim yoLawulo lweNgcaciso yeMfundo (*Education Information Management Information System (EMIS)*): ISaveyi yeZikolo yoNyaka (*Annual School Survey*) (ASS)
- IiNgqikelelo zaManani oLuntu zeSiqingatha soNyaka zeStatsSA (*StatsSA Mid year Production Estimates*)

Ukuxhaphaka kwendlela yokunika i ngxelo

Qho ngonyaka

PM 002: Ipesenteji yabafundi abaneminyaka yobudala eyi-16 ukuya kweyi-18 abaya kumaziko emfundo**Inkcazo-magama nenjongo**

Le yipesenteji yabafundi abakwiphondo abaneminyaka eyi-16 ukuya kwabaneminyaka eyi-18 abaya kwiziko lemfundo. Oku kubandakanya izikolo, iMfundo noQeqesho lweekholeji oluQhubekayo. Ibonisa indlela urhulumente nelizwe eliphumeleleyo ekuboneleleni ngesikolo kunye nenywe imfundo engaphezulu kwenqanaba lemfundo elisisiseko. UMGaqo-siseko unyanzelisa urhulumente ukwenza ukuba imfundo eqhubekayo efananeka ngokuncomekayo nangokufikelekayo kubafundi abaneminyaka yobudala eyi-16 - 18.

Ifomula

Le fomyula ilandelayo imele ukusetyenziswa ukubala le PM.

$$ASER_{16-18} = \frac{E_{16-18}}{P_{16-18}} * 100$$

phi

$ASER_{16-18}$ yipesenteji yabaneminyaka eli-16 ukuya kwabaneminyaka eli-18 kwiphondo abahamba isikolo kwiziko lemfundo elithile.

E_{16-18} ngabafundi abaneminyaka eyi-16 ukuya ku-18 ababhalise kulo nalo naliphi na iziko lemfundo.

P_{16-18} ngabafundi abaneminyaka yobudala eyi-16 ukuya kweyi-18

Ukubala kwenziwe ngu;

ISebe leMfundo elisisiseko

UVimba weDatha

Statistics South Africa, General Household Survey (GHS)

Ukubonelelwa kwedatha liSebe leMfundo likaZwelonke

Le datha kuya kubonelelwa ngayo kumaSebe amaPhondo iPED engagqithanga uNovemba 2009

Ukuphindaphindwa kokuNika iNgxelo

Qho ngonyaka

PM 003: Inkcitho kubantu abangengabo abasebenzi bakarhulumente eyenziwa kubafundi abayi-20% abakwizikolo zenqanaba 1 lobuhlwempu abangengabo abasebenzi bakarhulumente kubafundi abangahlwempuzekanga abayi-20% kwinqanaba 5 lamanqanaba okuhlwempuzeka ezikolweni

Inkcazo-magama neNjongo

Le yinkcitho karhulumente ejoliswe kwabona bafundi abasisinye kwisihlanu njengepesenteji yenkcitho karhulumente kwabona bafundi bangahlwempuzekanga kakhulu. Ngeminyaka yokugqibela yenkqubo yocalu-calulo, ipesenteji yayimalunga no-20%, ngamanye amazwi, nge-R1 nganye eyayichithwa kubafundi abahlwempuzekileyo yayiyi-R0.20. Yinjongo karhulumente ukwandisa le pesenteji ukuya kutsho ngaphezulu kwe-100% kuwo onke amaphondo. Zininzi izizathu zokunyusa le pesenteji inyuke iphinde ihle: Isibonelelo sezithuba esijoliswe kwabahlwempuzekileyo kunye nemigaqo-nkqubo yokwabiwa kwezikolo ngurhulumente; iiprogram zokwakha izikolo zikarhulumente (ziyayinyusa ipesenteji ibe phezulu); iingxaki ekutsaleni ootitshala baye kwiindawo ezisemaphandleni (ezi meko ziyayithoba ihle ipesenteji).

Lo mmiselo ubalwa lula kakhulu ukuba kusetyenziswa isibonelelo somfundi ngamnye. Ngoko ke, ukubala inkcitho eyenziwa kubantu abangengabo abasebenzi yabafundi abathagethiweyo, ulwabiwo lomfundi ngamnye ekubonelelwa ngalo liPhondo limele ukusetyenziswa.

Oku kuthetha ukuba lo mmiselo awusayi kubandakanya inkcitho yemali eyenziwa kubafundi abathagethiweyo kwaye ke ngoko ayikho ngolu hlobo ichazwa ngayo kwisihloko soMlinganiselo weNtsebenzo. Oku kunxaxha kwisihloko se-PM kuvumela ukubala okulula kwalo Mlinganiselo weNtsebenzo.

Ifomula

Le fomula ilandelayo imele ukusetyenziswa ukubala le PM.

Inkcth – Inkcitho kubantu abangengabo abasebenzi eyenziwa kwi-20% yabafundi abahlwempuzeka kakhulu abakwinqanaba 1 lokuhlwempuzeka Inkcitho kubantu abangengabo abasebenzi kwi-20% yabafundi abangahlwempuzekanga abakwinqanaba 5 lezikolo ezihlwempuzekileyo

Oko kukuthi:

$$EXP = \frac{NonPE_{20\%Q1}}{NonPE_{20\%Q5}} * 100$$

Ibalwa ngaba;

AmaSebe eMfundo amaPhondo

OoVimba beDatha

- ISabelo soMfundi ngamnye
- ULuhlu oluThagethe iziBonelelo zoNcedo (*Resource Targeting List*)
- Inkcazo-magama yeBhajethi yePhondo (*Provincial Budget Statement*)

UkuPhindaphinda kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 004: Ipesenteji yabantu abadala abagqibe ukwenza iBakala 9

Inkcazo-magama nenjongo

Lo mmiselo uzama ukuphonononga ukugqitywa kokufunda okunyanzelekileyo, kwiBakala 9. UMgaqo-siseko wethu uqinisekisa ilungelo lemfundo esisiseko yabantu bonke. Ngezizathu zamalungelo oluntu, kodwa kwakhona ngezizathu zophuhliso lwezozoqoqosho, lo ngummiselo obalulekileyo wentsebenzo karhulumente. Injongo yethu imele ukuba ibe kukuphunyezwa ko-100% kwimfundo esisiseko.

Ifomula

Le fomula ilandelayo imele ukusetyenziswa ukubala le PM.

$$PAAG9 = \frac{T}{N} * 100$$

Phi

PAAG 9 = Ipesenteji yabantu abadala abaphumelele iBakala 9 kubafundi abo.

T = Itotali yenani yabo bonke abantu abaneminyaka eyi-20 ubudala nabadadlana abapase iBakala 9 kubafundi.

N = Iqela labantu abaneminyaka eyi-20 nabadadlana apha elizweni

Ukubala kwenziwe ngu:

ISebe leMfundo esiSiseko

UVimba weDatha

Statistics South Africa, General Household Survey (GHS)

Ukubonelelwa ngedatha liSebe leMfundo likaZwelonke

Le datha iya kunikwa amaSebe eMfundo amaPhondo ii-PED ngoNovemba 2009

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 005: Ipesenteji yabantu abadala abagqibileyo ukwenza iBakala 12

Inkcazo-magama nenjongo

Njengoko uluntu lwethu luye luphucula ngokwasemfundweni, ixabiso lomlinganiselo wentsebenzo umele ukwanda. Simele ukulindela ukwanda ngokucothayo, njengoko kuthatha iminyaka emininzi ukufunda kunye neABET ukutshintsha amanqanaba apheleleyo emfundo kubafundi bephela abadala.

Ifomula

Le fomula ilandelayo imele ukusetyenziswa ekubaleni le PM.

$$PACG12 = \frac{T}{N} * 100$$

Phi

PACG 12 = Ipesenteji yabantu abadala abaye bapasa iBakala 12 kubafundi.

T = Itotali yenani labo bonke abantu abaneminyaka eyi-20 nabadadlana abaye bagqiba ukwenza iBakala 12 kubafundi.

N = Iqela labantu abaneminyaka eyi-20 nabadadlana abalapha elizweni

Ukubala kwenziwe ngaba:

ISebe leMfundo esisiSeko

UVimba weDatha

Statistics South Africa, General Household Survey (GHS)

Ukubonelelwa ngedatha liSebe leMfundo likaZwelonke

Le datha kuya kubonelelwa ngayo kumaSebe eMfundo amaPhondo ii-PED

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 006: Ireyithi yolwazi lokufunda nokubhala yabafundi abadala

Inkcazo-magama nenjongo

Le yipesenteji yabantu abadala abakwaziyo ukufunda nokubhala, ubuncinane kwinqanaba elisisiseko. UMgaqo-siseko uqinisekisa ngelungelo lemfundo esisisiseko kubo bonke abantu abadala. Ngezizathu zamalungelo oluntu, kodwa ngokunjalo nangezizathu zophuhliso lwezoqoqosho, lo ngumlinganiselo wentsebenzo obalulekileyo karhulumente. Injongo yethu imele ukuba kupaswe ngereyithi engu-100% kulwazi lokufunda nokubhala ngabafundi abadala.

Kwingxelo eyenziwe yiKomiti yoMphathiswa (*Ministerial Committee*) (DoE: 2006) ngezolwazi lokuFunda nokuBhala, umntu uchazwa njengokwaziyo ukufunda nokubhala kancinane (*functionally literate*) xa efikelele ubuncinane kwiminyaka esixhenxe yemfundo (o.kt. uyifunde wayigqiba imfundo yaseprayimari). Umntu uchazwa njengomntu ongafundanga ukuba wayeka esikolweni phambi kokuba agqibe ukwenza iBakala 7. Umntu uchazwa njengongafundanga ukuba akazange afumane mfundo kwaphela.

Ifomula

Le fomula ilandelayo imele ukusetyenziswa ekubaleni le PM.

$$LIT = \frac{T}{P} * 100$$

Phi

LIT yiReyithi yolwazi lokuFunda nokuBhala lwaBantu aBadala

T yitotali yenani labantu abaneminyaka eyi-20 ubudala nabadadlana abapase inqanaba leBakala 7 lemfundo ngokwedatha yeGHS yonyaka lowo uchaphazelekayo.

P yitotali yenani labantu abaneminyaka eyi-20 ubudala nabadadlana ngokwedatha yakutshanje ye-GHS

Ukubala kwenziwe ngaba:

ISebe leMfundo elisisiseko

UVimba weDatha

Statistics South Africa, General Household Survey (GHS)

Ukubonelelwa ngedatha liSebe leMfundo likaZwelonke

Le datha kuya kubonelelwa ngayo ngamaSebe eMfundo amaPhondo ii-PED

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

**PM 007: Inani labathathi-nxaxheba kwiphulo/kwiprogram yolwazi lokufunda nokubhala yeKha Ri Gude
Inkcazo-magama nenjongo**

Esi salathisi sithatha umlinganiselo wothatho-nxaxheba kwabantu abadala kwiprogram yolwazi lokufunda nokubhala yeKha Ri Gude. Ngokwamanani aseburhulumenteni avela kwaStatsSA, kukho abantu abayi-4.7 yezigidi eMzantsi Afrika abangakwaziyo ukufunda. Ngoko ke, lo mlinganiselo kumele ukuba kunikwe ingxelo ngawo ngokunxulumene nethagethi emiselweyo kuzwelonke.

Ingcaciso inikwe ngaba:

ISebe leMfundo likaZwelonke

UVimba weDatha

UMphathi weProgram (kuZwelonke)

Ukubonelelwa ngedatha:

ISebe leMfundo esisiSeko

Ukuphindaphindwa kokunikwa kweNgxelo

Qho ngekota

**PM 008: Inani labathathi-nxaxheba abakwiphulo/kwiprogram yezolwazi lokufunda nokubhala kwiPhondo
(ingafakwanga iKha Ri Gude)**

Inkcazo-magama nenjongo

Esi salathisi sithatha imlinganiselo yokuthatha inxaxheba kwabantu kwiprogram yezolwazi lokufunda nokubhala lwephondo, (lingafakwanga iphulo lezolwazi lokufunda nokubhala leKha Ri Gude). Kumele ukuba kunikwe ingxelo ngalo mlinganiselo ngokunxulumene neethagethi ezisekiweyo kweli phondo.

Ukubala kwenziwe ngaba:

AmaSebe eMfundo amaPhondo

UVimba weDatha

UMphathi weProgram wezoLwazi lokuFunda nokuBhala/weABET kwiPhondo (*Provincial Programme Manager for Literacy/ABET*)

Ukusekwa kwethagethi

Kwiinzame zokuseka iithagethi kwiSicwangciso seNtsebenzo soNyaka (*Annual Performance Plan*) (APP) salo mlinganiselo, amaSebe eMfundo amaPhondo (*Provincial Education Departments*) (PEDs) kufuneka baqwalasele ukuba, ziintoni ezisilelayo ngokuphathelele kwezolwazi lokufunda nokubhala. Sebenzisa amanani anikiweyo kwi-PM006 ukunceda ekuthatheni isigqibo malunga neethagethi.

Ukuphindaphindwa kokwenza iNgxelo

Qho ngekota

**PM 101: Inani lezikolo ezisebenzisa i-SA-SAMS ukubonelela ngedatha kwisistim yokulandelela inkqubela
yabafundi kuzwelonke ngethuba lokunika ingxelo**

Inkcazo-magama nenjongo

ISistim yezoLawulo nokuPhathwa kweZikolo zaseMzantsi Afrika (*The South African School Administration and Management System*) yisistim eyilwe kuzwelonke esebenza ngekhompyutha evumela izikolo zicwangcise kwaye zisebenzise izibonelelo zabafundi, ezootitshala kunye nengcaciso yezemali ngempumelelo. I-SA-SAMS iya kuphucula amandla okucwangcisa ezikolo nokusisiphumo soko okuyinkonzo engcono enokulindeleka kwezi zikolo.

Ukubala kwenziwe ngaba:

NgamaSebe eMfundo amaPhondo

UVimba weDatha

ISistim yokuLawula iNgcaciso yezeMfundo (*Education Management Information System*) (EMIS) - kwiPhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngekota

**PM 102: Inani lezikolo ezifumene ukuqeqeshwa ngokupheleleyo kwiimodyuli zobhaliso olungundoqo
kwiSistim yoLawulo nokuPhathwa kweZikolo ngethuba lokunika ingxelo**

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani lezikolo ezifumene uqeqesho kwiimodyuli ezingundoqo ze-SA-SAMS. Iimodyuli zobhaliso ezingundoqo ziimeko ezingundod ezisetyenziswayo ukufaka ingcaciso yeSikolo, yaBafundi nooTitshala. Ingcaciso ekwezi modyuli ibalulekile kwiSistim yeYunithi yokuRekhoda nokuLandelela iNkqubela yoMfundi (*Leaner Unit Record Performance and Tracking System*) (LURITS).

Kumalinge okuqinisekisa umgangatho wezolawulo nokuphathwa kwezikolo, iSebe leMfundo esisiSeko lenze iSouth African Schools Management and Administration System (SA-SAMS), eya kuphucula ukulawulwa nokuphathwa kwezikolo. Le sistim inamandla okufaka iindidi ezahlukeneyo zengcaciso malunga nabafundi, ootitshala kunye nebhajethi yesikolo.

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

Education Management Information System (EMIS) UMphathi weProgram - kwiPhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngekota

PM 103: Inani lezikolo ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (nge-imeyili) lisebe lemfundo

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani lezikolo ezikwaziyo ukufikelela kwii-imeyili. Ii-imeyili zinceda izikolo ekuqhagamshelaneni neSebe leMfundo xa kukho ingxaki iSebe leMfundo elifuna ukuyisombulula. Olu hlobo lonxibelelwano kwakhona luvumela iSebe leMfundo ukuba lugqithisele ngokukhawuleza nangexabiso eliphantsi ingcaciso emalunga nenguqu kumgaqo-nkqubo, iiprojekthi eziqhubekayo kwaneesetyhula ngokubanzi. Yinjongo karhulumente ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhamla ukunxibelelana ngekhompyutha (*e-connectivity*).

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

UMphathi weProgram (umz. we-IT) n

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngekota

PM 104: Ipesenteji yabafazi abasezi-ofisini kwiNkonzo yaBaphathi aBakhulu

Inkcazo-magama nenjongo

Lo mlinganiselo uzama ukuqwalasela inkqubo yobulungisa kwanokulungiswa kobugwenxa bexesha elidlulileyo (*equity and redress*) ngokuphathelele kwezengqesho ngokoMthetho woBulungisa kwezeNgqesho ka-1998 kunye noMthetho oSebenzayo wokuBonelela aBabevinjwe aMathuba kwiXesha eLidlulileyo kwiNkonzo kaRhulumente (*Employment Equity Act of 1998 and the White Paper on Affirmative Action in the Public Service*). Ezi zinto zigxininisa imfuneko yabafazi abaneziqinisekiso zemfundo ezifanelekileyo ekusafuneka ukuba baqeshwe kwizikhundla zokulawula zabaphezulu.

Kuba esi salathisi sigxila kwiprogram 1 yezolawulo, "isikhundla sokuphatha" (*"management position"*) sibhekiselela kwizikhundla zaBalawuli nakwizikhundla ezilingana nezo kwakhona nezikhundla zodidi oluphezulu. Abasebenzi abasebenza kumaziko abafakwanga kule PM. Le PM ibhekiselela kuphela kubasebenzi abasebenza ezi-ofisini.

Ifomula

$$WSMS = \frac{NWSM}{TSM} * 100$$

Phi:

WSMS yipesenteji yabafazi abasebenza ezi-ofisini abakwiiNkonzo zaBaphathi aBakhulu (*Senior Management Service*) kwiSebe leMfundo lePhondo

NWSM linani labafazi ababambe izikhundla zokuba ngabalawuli nabangaphezulu kwiSebe leMfundo lePhondo (abafakwanga abasebenzi abasezikolweni, kwiikholeji ze-FET nakumanye amaziko)

I-TSM yitotali yenani labo bonke abaqeshwa abasebenza e-ofisini kwizikhundla zeNkonzo yaBaphathi aBakhulu kwiSebe leMfundo lePhondo

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

IPESALI

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 105: Ipesenteji yabafazi abaziinqununu zezikolo

Inkcazo-magama nenjongo

Le yipesenteji yabafazi abakwizikhundla zeenqununu kwaye isisalathisi senkqubo yobulungisa kwezengqesho (*equity indicator*). Nangona inkqubo yobulungisa kwezengqesho ibandakanya iqela leenkalo, abafazi abakwizikhundla

eziphezulu babalulekile ekuqaqambiseni inkqubela ejolise kubulungisa ngokwezengqesho kumaSebe eMfundo amaPhondo.

Ifomula

$$WSP = \frac{NWSP}{TSP} * 100$$

Phi:

WSP yipesejeji yabafazi ababambe izikhundla zobunqununu kwiSebe leMfundo lePhondo

NWSP linani labafazi ababambe izikhundla zobunqununu kwiSebe leMfundo lePhondo

TSP yitotali yenani lazo zonke iinqununu zezikolo eziqeshwe liSebe leMfundo lePhondo

Ukubala kwenziwe ngaba

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

YIPESALI

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 106: Ipesenteji yenkcitho yalo nyaka-mali eya kwimiba engeyiyo eyabasebenzi ezikolweni

Inkcazo-magama nenjongo

Le yipesejeji yenkcitho yezemfundo kwiphondo kulo nyaka-mali eya kwimiba engeyiyo eyabasebenzi enjengeencwadi zokufunda (*textbooks*), izinto zokubhala kunye nezinto zokuthutha abafundi, njl. njl. Oku kunika imbono malunga nokuba ngaba ootitshala banazo na izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yabo.

Ifomula

$$NonPE_{curr} = \frac{Curr - PE}{Curr} * 100$$

Phi:

NonPE_{curr} yipesejeji yenkcitho yalo nyaka-mali ejoliswe kwimiba engeyoyabasebenzi

Curr yinkcitho yalo nyaka-mali esisabelo sawo

Inkcitho yalo Nyaka-mali yimbuyekezo eyenziwa kubaqeshwa kunye nenkcitho eyenziwa kwiimpahla neenkonzco (inkcitho kwizi

PE = yimbuyekezo efunyanwa ngabaqeshwa

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

BAS

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngekota

PM 201: Inani labafundi abaxhamlayo kwiprogram yesondlo yesikolo

Inkcazo-magama nenjongo

Oku kubhekiselele kwinani labafundi abaxhamla ubuncinane isidlo esinye ngemini ubuncinane beentsuku eziyi-156 kwiprogram yesondlo yesikolo kazwelonke.

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

UMphathi weProgram

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Ngekota

PM 202: Inani labafundi abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinemfundo eneemfuno ezizodwa

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani labafundi abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinemfundo eneemfuno ezizodwa. Lo mmiselo awubandakanyi abafundi abakwiimfundo eneemfuno ezizodwa Ngokwasembalini, abafundi abanjalo baye baneengxaki nokufikelela kwimfundo eneemfuno ezizodwa nangona, ngokomgaqo-nkqubo wemfundo karhulumente ebandakanya wonke umfundi (*government's inclusive education policy*), kumele ukuba kuthathwe amanyathelo okwenza ukufikeleleka kube yinto eyenzekayo kubafundi abaneemfundo eneemfuno ezizodwa.

“**Abafundi bemfundo eneemfuno ezizodwa**” ngabafundi abaqatshelwe ngokuskrinwa, ngenkqubo yokuqaphelwa ngokuphononongwa njengabaneemfuno zokunikwa inkxaso ezingaphezulu ebezinokufuna indawo efanelekileyo kunye neenkqubo zongenelelo ngoncedo zohlobo lwemfundo eneemfuno ezizodwa (DoE, 2008).”

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo leNtshona Koloni

UVimba weDatha

Education Management Information System (EMIS), Annual School Survey (ASS)

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

Ukuseka iithagethi

Ithagethi yalo mlinganiselo kufuneka isekwe kwi-PM401

PM 203: Inani lezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo kweli phondo

Inkcazo-magama nenjongo

Esi salathisi sithatha umlinganiselo wenani lezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo kweli phondo. Isikolo esibonelela ngenkonzo epheleleyo sichazwa njengesikolo sikarhulumente esiqhelekileyo, esixhotyiswe ngokukodwa saza salungiselelwa ngohlobo lokuba sikwazi ukujongana neendidi ngokupheleleyo zezithintelo ekufundeni kwimeko yemfundo ebandakanya bonke abafundi. Ezi zikolo zixhasa imfundo kubo bonke abafundi, kungakhaqwalaselwe ziyantlukwano, kwaye zibonelela ngendawo yokufunda ebandakanya bonke abafundi ngokunciphisa izithintelo ekufundeni ngokubhekiselele kwikharithulam, kwiindlela zokufundisa kunye nendawo leyo isikolo sikuyo.

Ukubala kwenziwe ngaba:

AmaSebe eMfundo amaPhondo

UVimba weDatha

ABaphathi beProgram yePhondo (beMfundo aBandakanya bonke aBafundi)

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kwengxelo

Qho ngonyaka

PM 204: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenaso isibonelelo samanzi

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenaso isibonelelo samanzi acocekileyo. Lo mlinganiselo ubandakanya zonke izikolo ezingenaso isibonelelo sokufikelela kuyo nayiphi enye yezi zilandelayo: Imingxuma engombiwanga ngumasipala okanye iisistim zokuqokelela amanzi emvula, izikolo ezinikwa inkxaso ngumasipala ngokuzibonelela ngoogqa-mpompo (*mobile tankers*), oophayiphi abazimeleyo ekwabelwana ngabo luluntu, okanye inkqubo yokuqokelela amanzi eyadini ngenjongo ethile.

Ngezizathu zempilo kunye nezinye, kubalulekile ukuba zonke izikolo zifanele ukuba nendlela yokufikelela emanzini acocekileyo kwimihlaba yazo.

Ukubala kwenziwe ngaba:

ISebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

ISistim yoLawulo lweZiseko zoPhuhliso zeMfundo kaZwelonke (*National Education Infrastructure Management System (NEISM)*)

Ukuphindaphindwa kokwenziwa iNgxelo

Qho ngonyaka

PM 205: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenawo umbane

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingenaso isibonelelo sombane. Oku kubandakanya izikolo ezingenaluhagamshelelwano lwantambo zombane okanye umbane ekubonelelwa ngawo, ijeneriyitha, amandla ombane, njl. njl. Umbane uyinto efunekayo ukwenzela ukuba kusetyenziswe iithekinoloji zale mihla ezinokuphucula ukulawula, ukufunda nokufundisa ezikolweni.

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

ISistim yoLawulo lweZiseko zoPhuhliso zeMfundo kaZwelonke (*National Education Infrastructure Management System (NEISM)*)

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 206: Inani lezikolo ezingenazithoyilethi zisebenzayo

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani lezikolo ezingenazithoyilethi zisebenzayo. Oku kubandakanya izikolo ezingenayo isistim yamaBhakethe, ezingenazo iithoyilethi ezombelwa umngxuma, Ngezizathu zempilo nokuhamba isikolo, kubalulekile kwisistim yesikolo ukusondela kulo mmiselo mncinane kuzo zonke izikolo.

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

ISistim yoLawulo lweZiseko zoPhuhliso zeMfundo kaZwelonke (*National Education Infrastructure Management System (NEISM)*)

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 207: Itotali yesibonelelo sebhajethi senkonzo karhulumente senkqubo yokulondoloza ecwangcisiweyo yexabiso leziseko zophuhliso zezikolo

Inkcazo-magama nenjongo

Oku kubonelela ngenkcazo yebhajethi echithwe kwinkqubo yokulondolozwa kwezakhiwo kunye nezixhobo ezikhoyo njengomlinganiselo wexabiso leziseko zophuhliso zezikolo. Kubalulekile ukuba izakhiwo nezixhobo ezikhoyo ezikolweni zigcinwe kakuhle, ukwenzela ukuba zisebenze ngokupheleleyo, kuncitshiswe ukutshintshwa kufakwe ezinye izinto. Umgao-nkqubo ukhankanya ukuba inkcitho yonyaka kulondolozo lwezibonelelo zimele ukuxabisa ukuya kutsho ubuncinane kwi-1.5% yetotali yexabiso lezo zibonelelo.

Ifomula

$$M \% = \frac{MExp}{CValue}$$

Phi

$M \%$ yinkcitho kwezokulondoloza njengepesenteji yexabiso leziseko zophuhliso lwezikolo

$MExp$ yinkcitho kwiinkqubo zokulondoloza Qho ngonyaka eluhlobo lweerandi

$CValue$ lixabiso leziseko zophuhliso zezikolo ezifunyanwa kwi-NEIMS

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

OoVimba beDatha

- Umphathi weProgram (weCandelo leZakhiwo zeZikolo) okanye i-BAS ICandelo leZakhiwo zeZikolo) okanye i-BAS
- ISistim yoLawulo lweZiseko zoPhuhliso zeMfundo kaZwelonke (*National Education Infrastructure Management System (NEISM)*)

Ukuphindwaphindwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 208: Inani lezikolo zikarhulumente eziziprayimari eziqhelekileyo ezinabafundi abangaphezulu kwabayi-40 kwiyunithi yeklasi nganye

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente eziziprayimari eziqhelekileyo ezinenani elingumndilili wabafundi abangaphezulu kwabayi-40 kwiyunithi yeklasi nganye. Iiklasi ezinkulu kakhulu ngokucacileyo azikulungela ukufunda nokufundisa, kwaye injongo kuzisa le pesenteji iyokutsho ezantsi kwinto engEyona kanye (0).

Inani elingumndilili labafundi abakwiyunithi yeklasi (isayizi yeklasi engumndilili) lisengabalwa ngokwahlula itotali yenani labafundi elisesikolweni ngenani leeyunithi zeklasi elisesikolweni.

Oko kukuthi:

Isayizi yeklasi – Yitotali yenani labafundi abasesikolweni

Inani leeyunithi zeklasi ezisesikolweni

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

ISistim yoLawulo lweZiseko zoPhuhliso zeMfundo kaZwelonke (*National Education Infrastructure Management System (NEISM)*)

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 209: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziziisekondari ezinomndili wabafundi abangaphezulu kwabafundi abayi-35 kwiyunithi yeklasi nganye

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziziisekondari ezinani labafundi abangaphezulu kwe-35 kwiyunithi yeklasi nganye. Iiklasi ezinkulu kakhulu ngokucacileyo azilunganga ekufundeni nasekufundiseni, kwaye injongo ikukwehlisa ipesenteji iye kwinto engEyona kanye (0). Lo mlinganiselo ubalwa njengalowo we-PM 208.

Isayizi yeklasi = Itotali yenani labafundi ababhalise esikolweni

Inani leeyunithi zeeklasi ezisesikolweni

Ukubala kwenziwa ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

ISistim yoLawulo lweZiseko zoPhuhliso zeMfundo kaZwelonke (*National Education Infrastructure Management System*)(NEISM)

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 210: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo elinazo zonke ii-LTSM kunye nezinye izinto zokuncedisa eziziswe ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo njengoko kucwangcisiwe

Inkcazo-magama nenjongo

Eli linani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezifumana iZincedisi zokuFunda nokuFundisa (*Learning and Teaching Support Material*) (LTSM) iZincedisi zokuFunda nokuFundisa (*Learning and Teaching Support Material*) (LTSM) lithathwa njengezona zixhobo zibaluleke kakhulu zokukhuthaza ubulungisa kwezengqesho (*equity*), ukulungiswa kobugwenxa bexesha elidlulileyo (*redress*) kunye nokufunda okusemgangathweni kwisistim yemfundo karhulumente.

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo lePhondo

UVimba weDatha

UMphathi weProgram wePhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 211: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala 3 abapase iziphumo ezamkelekayo kwizifundo zoLwazi lokuBala

Inkcazo-magama nenjongo

Esi salathisi sithatha umlinganiselo wokuba ngaba abafundi bayaliphumelela inqanaba elamkelekileyo lobuchule kwizifundo zoLwazi lokuBala kwiBakala 3. Abafundi bafumana ukuvavanywa ngeemvavanyo zikazwelonke ekubonelelwa ngazo liSebe leMfundo kwilizwe liphela ebekubhekiselelwe kulo kutshanje njengoVavanyo lukaZwelonke loNyaka (*Annual National Assessment*). Kubonakalisa ipesenteji yabo bonke abafundi beBakala 3 bona bathi, bekumndilili, bapase iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zoLwazi lokuBala. Isiphumo esamkelekileyo sifumaneka xa abafundi bepase ngo-50% okanye ngaphezulu kuVavanyo lukaZwelonke loNyaka

Ifomula

$$Gr3Min = \frac{L}{N} * 100$$

Phi:

Gr3Min yipesenteji yabafundi abapase iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zoLwazi lokuBala kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*)

L linani labafundi beBakala 3 abapase iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zoLwazi lokuBala kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*)

N yitotali yenani labafundi beBakala 3 ababefumene ukuvavanya kwizifundo zoLwazi lokuBala kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*).

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo esisiSeko

UVimba weDatha

DoE, Annual National Assessment (Systemic Evaluation Directorate)

Ukubonelelwa ngedatha kwenziwe liSebe leMfundo likaZwelonke

Le datha kuya kubonelelwa ngayo ngamaSebe eMfundo amaPhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 212: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala abapase iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zoLwazi lokuBala

Inkcazo-magama nenjongo

Le PM ibonisa ipesenteji yabo bonke abafundi beBakala 3 abaye bathi, ngokufumana amanqaku angumndilili, bapasa iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zoLwazi lokuFunda nokuBhala. Isiphumo esamkelekileyo sifumaneka xa abafundi bepasa nge-50% okanye ngaphezulu koVavanyo lukaZwelonke loNyaka (*Annual National Assessment*).

Ngenxa yeziphumo zolwazi lokufunda nokubhala ezimbi kweli lizwe, urhulumente uzinikele ekuphuculeni ulwazi lokufunda nokufubhala lwabafundi besikolo. Lo mlinganiselo wentsebenzo usekelwe kwiinzame zeSebe leMfundo esisiSeko zokuphucula iziphumo zezolwazi lokufunda nokubhala ezikolweni.

Ifomula

$$Gr3Min = \frac{L}{N} * 100$$

Phi:

Gr3Min yipesenteji yabafundi abapase iziphumo ezamkelekileyo kwezolwazi lokuFunda kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*).

L linani labafundi beBakala 3 abapase iziphumo ezamkelekileyo kwezolwazi lokuFunda nokuBhala kwiiMvavanyo zikaZwelonke (*Annual National Assessments*).

N yitotali yenani labafundi beBakala 3 abafumana ukuvavanywa ngeemviwo zezolwazi lokuFunda nokuBhala kwiiMvavanto zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*).

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo esisiSeko

UVimba weDatha

DoE, Annual National Assessment (Systemic Evaluation Directorate)

Ukubonelelwa ngedatha liSebe leMfundo likaZwelonke

Le datha kuya kubonelelwa ngayo ngaMasebe eMfundo amaPhondo

Ukuphindwaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 213: Ireshiyo yenkqubo yabafundi abayi-20% abakwinqanaba 1 labafundi abangabona bahlwempuzekileyo xa kuthelekiswa nabafundi abakwinqanaba 5 abangabona bangahlwempuzekanga abayi-20% kwiBakala 3

Inkcazo-magama nenjongo

Lo mlinganiselo uthlekisa inkqubo yabafundi abayi-20% abakwinqanaba 1 labafundi abangabona bahlwempuzekileyo xa kuthelekiswa nabafundi abakwinqanaba 5 abangabona bangahlwempuzekanga.

Akubalulekanga nje kuphela ukujongana nembali yenkqubo yocalu-calulo yenkcitho engalinganiyo kubafundi. Kubalulekile kwakhona ukuqinisekisa ukuba ukungalingani kubafundi kuyancitshiswa, ukwenzela ukuba abafundi bafumane ukuqala okulinganayo ngaphezulu ebomini.

Ifomula

Le fomula ilandelayo iya kusetyenziswa ukubala i-PM

$$PR3_{Q1/Q5} = \frac{Perf_{Q1}}{Perf_{Q5}}$$

Phi

PR3_{Q1/Q5} yiReshiyo yeNkqubo yabafundi abakwinqanaba 1 abayi-20% beBakala 3 ngokunxulumene ne-20% yabafundi abakwinqanaba 5 lobuhlwempu.

Perf_{Q1} ngumndilili wenkqubo yabafundi abakwinqanaba 1 labafundi beBakala 3 abahlwempuzeke kakhulu kwiphondo.

Oku kubalwa ngokulandelayo:

$$Perf_{Q1} = \left(\frac{\sum Lit}{N} + \frac{\sum Num}{N} \right) / 2$$

Kunye

$\sum Lit$	$\sum Lit$ Dibanisa onke amanqaku ezoLwazi lokuFunda nokuBhala zabafundi abakwinqanaba 1 abayi-20% abahlwempuzeke kakhulu ephondo elithile
$\sum Num$	Dibanisa onke amanqaku ezoLwazi lokuFunda nokuBhala zabafundi abakwinqanaba 1 abayi-20% abahlwempuzeke kakhulu ephondo elithile
N	Inani labafundi beBakala 3 abakwinqanaba 1 elivavanywe kusenokuba kwizifundo zoLwazi lokuBala okanye uLwazi lokuBala kwiphondo elithile.

$Perf_{Q5}$ $Perf_{Q5}$ ngamanqaku angumndilili obuncinane be-20% yabafundi beBakala 3 kwinqanaba 5 lokuhlwempuzeka kwiphondo. Oku kubalwa njengokuba kusenziwa njalo kubafundi abakwinqanaba 1 lobuhlwempu.

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo esiSiseko

UVimba weDatha

DoE, Annual National Assessment (Systemic Evaluation Directorate)

Ukubonelelwa ngedatha liSebe leMfundo esisiSeko

Le datha kuya kubonelelwa ngayo ngamaSebe eMfundo amaPhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 214: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala 6 abapase iziphumo ezamkelekileyo kuLwimi

Inkcazo-magama nenjongo

Lo mlinganiselo wenkqubo ubonisa ipesenteji yabo bonke abafundi beBakala abaye bathi, ngokomndilili, bapasa iziphumo ezamkelekileyo kuLwimi, oko kukuthi, abafundi abapasa i-50% nangaphezulu kuVavanyo lukaZwelonke loNyaka (*Annual National Assessment*).

UMgaqo-siseko uyavuma ukuba iyantlukwano yethu ngokwenkcubeko yinto enexabiso kuzwelonke kungenxa yoko imfundo inikwe umsebenzi wokuba ikhuthaze zonke iilwimi zaseburhulumenteni elizweni.

Ifomula

$$Gr6Lan = \frac{L}{N} * 100$$

Phi:

$Gr6Lan$ $Gr6Lan$ yipesenteji yabafundi abapase iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zeeLwimi kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*)

L L linani labafundi beBakala 6 abaye bapasa iziphumo ezamkelekileyo kwizifundo zeeLwimi kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*)

N linani labo bonke abafundi beBakala 6 abafumene ukuvavanywa kwizifundo zeeLwimi kwiphondo kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*)

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo esiSiseko

UVimba weDatha

DoE, Annual National Assessment (Systemic Evaluation Directorate)

Ukubonelelwa ngedatha liSebe leMfundo esisiSeko

Le datha kuya kubonelelwa ngayo ngamaSebe eMfundo amaPhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 215: Ipesenteji yabafundi abakwiBakala 6 abapase iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika

Inkcazo-magama nenjongo

Esi salathisi sithatha imilinganiselo yepesenteji yabo bonke abafundi abakwiBakala 6 abaye bathi, ngokomndilili, bapasa iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika, oko kukuthi, abafundi abapase ngo-50% nangaphezulu kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessment*).

Ngenxa yokunqongophala kwezakhono kumacandelo ezobugcisa, iSebe leMfundo libeka ugxininiso kwiMathematika. Ukongeza, abafundi baseMzantsi Afrika baqhuba kakubi kwiiMvavanyo zeMathematika zamazwe ngamazwe.

Ifomula

$$Gr6Mat = \frac{L}{N} * 100$$

Phi:

Gr6Mat *Gr6Mat* yipesenteji yabafundi abafumene iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*)

L *L* linani labafundi beBakala 6 abapase iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*)

N yitotali yenani labafundi beBakala 6 ababefumene ukuvavanya kwiMathematika kweli phondo kwiiMvavanyo zikaZwelonke zoNyaka (*Annual National Assessments*)

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo esiSiseko

UVimba weDatha

DoE, Annual National Assessment (Systemic Evaluation Directorate)

Ukubonelelwa kwedatha liSebe leMfundo esisiSeko

Le datha kuya kubonelelwa ngayo ngamaSebe eMfundo amaPhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 216: Ipesenteji yabafundi ababhalisela iMathematika kwiBakala 12

Inkcazo-magama nenjongo

Le yipesenteji yabafundi ababhinqileyo abaye babhalisa kwiMathematika kumaBakala 12. Ngokwembali, amantombazana afumene ukumelwa kancinane kwiMathematika, ke ngoko ukwanda kwentatho-nxaxheba kwiMathematika kungasisolathisi esibalulekileyo sokuqhubela phambili ukuya kufikelela kulungelelwaniso olungaphezulu lwezesini. Ngokunqwenelekayo le PM imele ukubalwa ngokuthi kuthathelwe ingqalelo inani labafundi abangamantombazana abafunda isifundo seMathematika kwiBakala 12. Onke amantombazana athi abhalisa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo afumana ukuqatshelwa le PM.

Ifomula

Ukubala ipesenteji yamantombazana abhalisela iMathematika kwiBakala 12, le fomyula ilandelayo imele ukusetyenziswa.

$$PGRMat = \frac{GRMat}{N} * 100$$

PGRMat yipesenteji yamantombazana abhalisela iMathematika kwiBakala 12 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kweli phondo.

GRMat yitotali yenani lamantombazana abhalisela iBakala 12 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kweli phondo.

N n

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo esiSiseko

UVimba weDatha

Iziko ledatha leeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (leeMviwo zeBakala 12)

Ukubonelelwa ngedatha liSebe leMfundo esisiSeko

Le datha kuya kubonelelwa ngayo ngamaSebe eMfundo amaPhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 217: Ipesenteji yabafundi abangamantombazana ababhalisela iFizikhali Sayensi kwiBakala 12

Inkcazo-magama nenjongo

Le yipesenteji yabafundi ababhinqileyo ababhalisele iFizikhali Sayensi kumaBakala 12. Ngokwembali, amantombazana afumene ukumelwa kancinane kwezi zifundo, ke ngoko ukuthatha inxaxheba okwandisiweyo kubo kungasisolathisi esibalulekileyo senyathelo elisingise kulungelelwaniso lwezesini ngaphezulu. Ngokunqwenelekayo i-PM imele ukubalwa ngokuthathela ingqalelo inani labafundi abangamantombazana abenza iFizikhali Sayensi kwiBakala 12. Onke amantombazana abhalise kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo afumana ukuqwalaselelwa le PM.

Ifomula

Ukubala ipesenteji yamantombazana abhalisela iFizikhali Sayensi kwiBakala 12, le fomyula ilandelayo imele ukusetyenziswa.

$$PGRPS = \frac{GRPS}{N} * 100$$

PGRPS yipeseleji yamantombazana abhalisela iFizikhali Sayensi kumaBakala 12 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kweli phondo.

GRPS linani lamantombazana abhalisela iFizikhali Sayensi kwiBakala 12 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kweli phondo.

N yitotali yenani lamantombazana abhalisela iBakala 12 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kweli phondo.

Ukubala kwenziwe ngaba:

LiSebe leMfundo esiSiseko

UVimba weDatha

Iziko ledatha leeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (iMviwo zeBakala 12)

Ukubonelelwa ngedatha liSebe leMfundo esisiSeko

Le datha kuya kubonelelwa ngayo ngamaSebe eMfundo amaPhondo

Ukuphindaphindwa kokwenziwa kweNgxelo

Qho ngonyaka

PM 218: Ireshiyo yabafundi abakwinqanaba 1 labafundi abayi-20% abakwizikolo ezizezona zihlwempuzeke kakhulu xa zithelekiswa nabafundi abayi-20% bezikolo ezingahlwempuzekanga ezikuminqanaba 5 ezinxulumene nereyithi yokupasa ibakala 12

Inkcazo-magama nenjongo

Le yipeseleji yamanqaku eSatifikethi seMatriki sikaZwelonke abafundi beBakala 12 abakwinqanaba 1 lezikolo ezihlwempuzekileyo ngokunxulumene nenqanaba 5 lezikolo ezihlwempuzekileyo. Ukubala lo mlinganiselo i-20% yabafundi abakwinqanaba 1 nakwi-20% yabafundi abangahlwempuzekanga kwinqanaba 5 kwenziwa isampula yabo.

Ifomula

Le fomula ilandelayo yayisetyenziswa ukubala i-PM:

$$PR12_{Q1/Q5} = \frac{Perf_{Q1}}{Perf_{Q5}}$$

Phi:

$PR12_{Q1/Q5}$ yiReshiyo yeNkqubo yabona bafundi bahlwempuzekileyo abayi-20% abakwinqanaba 1 ngokunxulumene nabafundi abayi-20% abangahlwempuzekanga abakwinqanaba 5 ngokuphathelele kwiBakala 12.

